## INTSHAYELELO.

Mzi wakowetû, ma-Tshawe, zinkosi, manene, namanenekazi omzi o-Ntsundu, nantso ke incwadana sinenzele, ukupinda ngokwesitâtû. Itêtâ ngokubalisa ngo-Xôsa isiqu sakê, nangokudibene nazo zonke ezinye izizwe ezi-Ntsundu zom-Zantsi Afrika ngokuzana nokuzalana kwazo. Kumana kutândwa xa kunokwenzeka, ukuza kuqôsha koku sikubonayo kule mihla nati se sikô ezweni. Kuyo le ncwadana siwangene sawatsho amabalana anandipisayo, nangokuvela nobuntu kwa nokutshona kuka-Xôsa. Sisusela kumanakani ase-Ntla endleleni epûma e-Jipete kwelomawokulu. Senje njalo ke sinibonisa ubunye bohlanga olu-Ntsundu. Yabe ke kodwa eyona ndawo imandla nengumongo iyintlalo awabe ehleli yona u-Ntsundu lo ngexesha lakê. Sitânda maxa wambi ukuya kutâtisela kwinqu ma-Xôsa ngokuzekelisa nokutâtisa ingqondo zabalesi. Ukwenje nje oku ke tina sivalela umbuzo oti, "Wabe epûma pina yena lo Xôsa nalo Ntsundu kubaliswa kangaka ngaye?"

Eli lizwi "*u-Hlanga*" sifundiswa libali ukuba lilizwe elingentla e-Mpumalanga pâkati kwe-Natal ne-Delagube. Lilizwe lamavaku-vaku akûla kunene ingcongolo. Ama-Xôsa naba-Têmbû kwa naba-Mbô nezinye izizwe, umntu utêtâ esiti, "Tina sapûma elu-Hlangeni." Abe umbâli wencwadi "Ukuvela kwama-Xôsa" u-Justus esihlahlela ukuti, "Aba bantu ba-Ntsundu ma babe babetêtâ ilizwe lengcongolo elinge-Ntla-Mpuma e-Natal, limelene nelama-Delagube; ekubeni *uhlanga* ililizwi lesi-Zulu elitêtâ ingcongolo nendiza nje ngasemasimini pâya xa kubûqiswayo ebusika. Kuqashwa ke ukuba izizwe zama-Xôsa (u-Ntsundu ke) ma zibe zavela kwelo cala ekuhleni zizisa neno.

Wowafumana apâ ke amasiko nezitêtê zasemanyangeni; ufumanane nento eyab' iyiyo imitêtô, izambâtô, imidlalo nemigcobo yasendaleni. Wotsho nawe uwanakane uwaqonde amandla ka-Ntsundu, nezona ndawo zazimenze wayintlalo nobukosi buka-Mnebese nobuyole kunene, nokonwaba, nokungabi nazitûkutêzi nje ngoku kwale mihla yenu namatyala evenkile zabe-

Lungu. Ewe singene sapèngulula intlondi-ntlondi nembi-ngembi, zimbi noko zingasekôyo namhla, kwa nezo zingaba zisekô ngegama nentsobi, naxeshikweni se zinto yimbi kula maxesha angoku. Kumanqanam onke siye sokulahla kuhlobo ese kululo kule mihla yakô. Sizamile ngokwetû ukuzilanda-landa kwa nokuzigoca-goca izimnandi zasemhlabeni apâ, nakubeni singelitshoyo elokuti sifezile, hayi. Kuba kambè le nto intlalo ngamaciki-ciki nocedu-cedu olungefane lutiwe nqa bani, agunyaze ngokuti akusalanga nomcinga lo.

Ngxatsho ke! Laye eli gama lika-Xôsa kule newadi liqondeni. Ukuqala liquka wonke umntu o-Ntsundu, ekanti ke kodwa lifike ngentsingiselo liye kopèla, maxa wambi, ku-Xôsa ngokwasema-Xôseni kwa-Pâlo ngendlela yokuzekelisa; sibe se singu-Xôsa sonke ke namhla kuba nanku o-Ntsundu etètâ lo ntetô yesi-Xôsa, epile ngala masiko.

Mna mbâli wale newadana andiwabuleli ngakuba ndiya wabulela la manene alandelayo. Ngoncedo lwawo amane ukunditûkulula, endiqinisa ngentumekelelo enkulu ndakuba ndinokutingaza kwindawa-ndawana zebali. Nditètâ la ke :— Umfi u-Nkosi u-Ntsimbâ Mdingi, umzukulwana ka-Kâwuta; otè kuba ebezelwe ngexesha leza nkosi zindala nezinkulu, waba nokwazana namavo kwa namabali onke akwa-Xôsa ngokuncamisileyo. Ukè wambona pi na lo mfo? Into ebibalisa ngobuciko obukûlu, ade xa limbi abetè utinini ngokungati ulesa enewadini, atsho ubetè udideke ungabi naxesha lokubâla. Oka-Sonjica u-Phillip, ummi wase-Tutura kwesika-Mapasa kwa-Gcaleka, wasema-Nzotwèni. Oka-Ntsikana Gabâ u-William wakwa-Lose (Rev. Ross) kwa-Hleke kwesasema-Hlatîni into yasema-Cireni iciko lenene. Oka-Mdodana u-Ntotoviyane wase-Tâleni e-Dutywa icûle lompâkati ku-Sigidi. Isazingazwe; oka-Soga u-Zaze kwa wase-Tutura pôfu ingumpâkati ka-Sandile, um-Jwara. Oka-Rubusana u-Walter Benson igqira nomfundisi odumileyo wase-Monti ingqondi yengqondi. Oka-Falati u-Nkohla ummi wasesi-Dutyini, ilulama nenene lasema-Mpingeni. Oka-Lose umfundisi u-Brownlee Ross, M.A., igora elingumfundisi kwa-Luzipô e-Tôleni, isazi sasema-Skotshini. Oka-Tyamzashe u-George Wayland, inkankatèla neqili lokusoma isi-Ngesi e-Qonce necûle lasema-Ngwevini. Oka-Mos, u-Irvine wasema-Zangweni kwa-

Gcaleka, itèmbà elisekósi kowabo. Oka-Soga um-Fundisi u-John Henderson nencwadi yakè i-*South Eastern Bantu* ne *Ama-Xosa Life and Customs*. Inkunzalala zencwadi kumntu wonke elizweni. Kwileta yakè ye-3/8/33 ebàla endipèndula ese-Miller Mission, Elliotdale utètè esití kum, "Ngokumalunga nezicapùlo ozicelayo, ewe zitàbatè wenze kodwa ingxelo apó uzicapùle kóna. Capùla ke ngokuzitàndela." Nanko kwa-Bomvana. Noka-Mqàyi Samuel Rune, nguye lowo sel' eyimbóngi ye sizwe kule minyaka. Incutshe yamanzi okuqala kwinto zesi-Xósa. Ma kayekwe. Nanko ngoku e-Ntabózuko e-Bàlini. Kwa nom-Fundisi u-Carl Nauhaus (Nohausi) wase-Cumakala ngoncedo lwakè olukùlu. Ode emva kokuyilesa le ncwadi kolu shicilelo, wandibàlela amazwi okundikùtàza ngoku nge-15 November, 1929 le akukóv' ukuyifunda esenje nje :—

"Rev. T. B. Soga,
Em-Gwali.

Mnumzana', ciko lasem-Gwali,

Camagu Mhle! Ndikubulisa ngovuyo namhla nje emveni kokuba ndigqibile ukuyifunda incwadi yakó ebetè yandiyoba ngobumnandi bayo. Ewe, mfoka-Soga mayishicilelwe msinyane side siyipàtè ngesandla sibafundele abantwana betù nosapó lonke luka-Ntu ukuze luzazi apó lwavela kóna. Uze utí mhlana udlula apà uncede uze kuyitàbatà le ncwadi yakó incasa inje ngobusi." Kutshiwo ngumfo ongumntan' okuzalwa kwelasema-Xóseni; ingqongqotó ekusazini, ekusitèteni, kwa nasekusibàleni isi-Xósa sakudala esimsulwa sona. Utsho umlibale mpela ukuba ungumntu om-Hlopè. Onke ke la ma-Tshawe namanene ako-wetù ndiwabulela kunene ngezincoko namacebo awo ekudibaneni nasekubàlelaneni kwetù amaxesha ngamaxesha. Ndimshiye ndimtl ni na um-Fundisi R. Godfrey, M.A., umpàti we-Blyths-wood ngamacebo akè ayipùmezileyo. Umnqweno wam mzi wakowetù weseluHlangeni kwa nomtàndazo wam ibihleli ingo-wokulenzela into nengakanani na ngobuncikane bayo uhlanga lwam. Nditè ndiseyinkwenkwana ndahlalwa nxàle leli bongo, kanti lose liba sisinama ndikunamatèle. Endide ndati ndiyile nase-mfundweni e-Blythswood ngo-1889-91, nase-Lovedale ngo-1892-

98, iminyaka esitòba iyonke kanti nasemveni kokuba se ndipùmile nakòna iya kusuka le ndawo kum apà ilangazeleleka ngapèzulu nangapezulu. Ndati ndinjalo ndaye ndikunqenile ukugxumeka kwisiseko senye indoda ukuba u-Tixo uya ndinceda. Namhla nje eli linga lineminyaka emininzi nditène-mbènde nalo. Sel' ede atshona aya e-Kàya amanye amadoda akànkanyiweyo kule ntshayelelo. Ekutè ngobuntloko bala asel' eba akànkanywe onke nangaba alibalekile mhlawumbi.

Kwesi siganga ndikuso namhla ndibulela ibali labambò, incwadi ka-Ayliff no-Whiteside Neka-Maclean, neka-Brownlee kwa nenkosi leya umfi u-Busobengwe. U-W. T. Brownlee ukwakò wena kwa lapà kwinqaku lomsengi nomngcamli. Ndaye ndingeze ndibabale ngabanye abahlobo bakowetù nabesiqu abandikùtàza ngokunditèngisela incwadana zam ze-Ntlalo ka-Xòsa. Ndinyanisile amagama abo angalizalisa ipèpà ndibabala ngabanye. Kodwa pàmbi kokudlula kule ngongoma, ma se ndivakalisa ngokutsha kubo (baya zazi ke bona) umbulelo osuka ebunzulwini nasebushushwini bompèfumlo wam ngakubo. Ndipinde kwa nawo lowo ndiwushwankatèle ngokuwunkwamla ngeqàlo lakowetù kumanyange lokuti, "Ningadinwa nangomso" lusapò luka-Bawo kokwetù kwam; nisazi nje ukuba nisaya kuvuzwa ngobulungisa benu, ukuba nizingisile anatyàfa. Lawo ke se ndiwaboleka kum-Qulu o-Ngcwele, ndange isandla ku-Tixo opèzulu ngawo, kuba bebulelwa bonke abancedileyo. Nditshonele ngokuti kule ntshayelelo, ze ningotùki kuba olu shicilelo lwangoku nje longezeleleke lwandiseka ngapèzulu kude lé kweziya zangapàmbili, zaye izihlomelo zilixabiso elikùlu kunene. Oku akubanga nakupètshwa; kuba kaloku umzamo wetù ngowokuvelisa into ngobunto bayo egameni lohlanga. Ngoko ke, ze ke, nje ngokwangapàmbili niyilinge nokubana ixabiso loba yinto ni na; hleze kanti anikulambàtà ukuba u-Qamata uya sivumela. Pòfu nalo alisokugabadela kangako.

Ndingowenu umkònzi,

T. B Soga.

# IZALATHISO.

## ISAHLUKO I.


Ukupuma kwaba-Mbo .. 7
Ama-Ngqika .. .. 14
Ezama-Ntinde .. .. 14
Ama-Ngqika .. .. 15
Ezama-Ntinde .. .. 15
Ama-Lawu naba-Twa .. 23


## ISAHLUKO II.


Unqulo .. .. .. 32
Omapûpâ .. .. 33
Abakwétâ abangabatwási 35
Ubusela .. .. .. 35
Ukuhlanjwa konyana nguyise 36
Ubuxoki .. .. 37
Ukufunga .. .. 38
Ukufexeza .. .. 39
Ukuhlonelana kwabantu 40
Imfundo .. .. 42
Ubunqenera .. .. 43
Ukukûtâla .. .. 44
Intonga .. .. .. 45
Ingqiti .. .. .. 45
Izambátô .. .. 46
Izihombô zamaxesha amzuzu 47


## ISAHLUKO III.


Ngamasiko nezitétè .. 49
Izitèmbû .. 50
Ungeno .. .. .. 56
Ama-Ndlu-ntsha .. 58
Ubukôboka e-East Africa .. 59
U-Nxele .. .. 60
Kwa-Cihoshe .. .. 62
Uhlanga lwabe-Lungu .. 63
Umlilo nedosha necwilika 63
Umdlezana nokuqaba .. 64
Intonjane .. .. 65
Upundlo .. .. 66
Uzeko .. .. .. 67
Ukuhlolela .. .. 71
Ukwenda kwenkosazana .. 72
Ukuqâwulwa komtshato .. 75
Ukulobolisa .. .. 77
Isihlomelo esibalulekileyo kumlesi—Ukwendisa nekázi 80
Umtshato wasesikolweni .. 81
Ukutèlekwa nokutwálwa .. 84
Isiko lokuyala .. .. 86
Intlombè .. .. 86
Amagqira .. .. 87
Umlambo namatola .. 91
Umhlahlo namagqwira .. 93
Amagqira nesolo .. 94
Abakwétâ .. .. 49
Imigidi .. .. .. 95
Ukufuya inkomo .. 95
Ukwanyiselela .. .. 99
Inkomo yesondlo .. 99
Umbuso womzi o-Ntsundu 100
Inyama yamahlwempu .. 107
Ukubonga .. .. 110
Umzi o-Ntsundu. Abantu abebegcinene kakûlu .. 111
Umsengi .. .. 114
Umsengi nesiko lakè lokuncámla .. .. 115
Imitshotsho yolutsha nemi-Gqibelo .. .. 116
Amacongwane .. .. 117
Ukulima .. .. 118
Umsebenzi wezandla nomanyano .. .. 120
Ukwambèsa .. .. 121
Ukufukutá .. .. 122
Inxaxèba .. .. 122
Ukuhlinza .. .. 124
Umswane .. .. 126
Igazi .. .. .. 126

Ukutshisa amatámbo .. 127
Ukuhlonipá .. 128
Inzilo yabasetyini .. 128
Ukubula .. .. 129
Ukuncwátywa komfi .. 129
Umbiko wompánga .. 131
Inkomo yezila .. .. 132
Izivivane .. .. 133
Izibulala mntu .. .. 135
Amagqwira .. .. 135
Amadini .. .. 137
Idini lofayo .. .. 138
Ukubingelela umntwana nempupú zesicakatl senkosi 139
Upéhlelelo losana lwenkosi 140
Idini lokushwama impi .. 141
Ukutiya umntwana igama nomfazi .. .. 141
Inkolo yamawele nemihlontlo .. .. .. 142
Izindlu .. .. .. 142
Izindlu nokuma kwazo .. 143
Isibozi .. .. .. 145
Amasi ngokucásene notywala 146
Inkomo yobulunga .. 147
Ukwenza i-will okanye umyolelo wokufa .. 148
Ukubetá kombane .. 149
Amatwála-ndwe .. 149
Izinxiba-mxáka .. 150
Imbeko enkulu enkosini .. 150
Amatánga .. .. 151
Amaleqe namaqegu .. 151
Isiko lokuxelelwa emntwini 152
Ubukosi .. .. 153
Izinto ebezisakutyiwa .. 154

## ISAHLUKO IV.

Nantsi eyamakwénkwe .. 157
Eyamantombázana nantsi 158
Eyabantu abakúlu .. 158
Isihewula .. .. 159
Ipúlo .. .. .. 159
Ingonyama .. .. 161
Ingwe .. .. .. 162
Indlovu .. .. .. 162
Inambá .. .. .. 163
Imofu nenyati .. .. 164
Ingoma, Ingoma, izicagoji nezicukujeje zayo 168

## ISAHLUKO V.

U-Nongqawuse .. .. 174

## ISAHLUKO VI.

Umfazi oludlolokazi .. 186
Umhlolokazi nabahlolokazi 187
Ingxuba-nzala yaba-Ntsundu Ilifa layo nabafazi abaninzi 187
Urexezo kwa-Juda njalonjalo .. .. .. 192
Ulwaliwo lomfazi .. 193
Abalusi nemihlambi yabo 197
Ukuhlonipá .. .. 200
Unina nosana .. .. 200
Ukutúmbúsa .. .. 201
Ibókwe emhlopé .. 202
Utándo nomtshato wesintu 204
Imidlalo yosapó .. 208
Abagulayo nabalupéleyo .. 208
Amatile-tile okondliwa nokuncwaba amawele .. 209
Uzilo ngomfi .. .. 210
Imidlalo enje ngeleqe lenkabi ezingamaqegu .. 210

Ukuzingela inyamakazi .. 212
Ukubelesa imitwâlo .. 213
Inkwenkwe nokusenga .. 213
Ukutshaya, ukugwada, nokuprompa icuba .. 215
Abasetyini nokukâ amanzi emlanjeni .. .. 219
Ukusila nokusela utywala 221
Ubunxila beli xesha langoku 222
Amaxesha atile emeko ezitile entweni .. .. 224
Umvubo wamasi nomxâxâ wetânga .. .. 225
Ukuquba emlanjeni .. 226
Amahasa ingesiso isancózi 228
Amagazi Ngamagazi .. 229
Umcuku notshongo .. 230
Ukutya amaqâshu ogcado 231
Ibali lesiko lokuqaba imbola nezipumo zalo .. 235
Ishishini lokwenza inqawa njalo-njalo .. .. 238
Uŕwebo notengiso kwaba-Ntsundu .. .. 239
Umbeko wabantwana .. 240

## ISAHLUKO I.

Uhlanga olu-Ntsundu lunye ngemvelo. U-Xôsa isipûmo nawab' ekukô. Ibala elintsundu ukusa nokususela e-Tiyopiya yase-Jipete.

Ekubeni umawokûlu wetû u-Adam wab' edalwe ngotûli lomhlaba ibala lakê ncam ngulo qashi-qashi emabalini. Wabe wona umkôndo wo-Ntsundu unokunakaneka kwinzala ka-Nowa, nakuyo kwicala lonyana wesibini ogama lingu u-Hamu uFudumele. U-Dafeti ufika ilizwe lase-Jipete alenze elika-Hamu (Indumiso 78; 51, 105; 23, 27, 106; 22). Lo Ham into ka-Nowa waqalekiswa nguyise mhlenikwezeni wasuk' akamfihla ebuzeni behlazo lakê, suka pôfu lona iqalekiso lawiswa pêzu konyana wakê wamatûmbû u-Kanana (Genesis 9: 25) kumazwi ati, "Ma kaqalekiswe u-Kanana abe ngumkônzi wabakônzi kubazalwana bakê." Onyana baka-Ham babe bane ingu-Kushe no-Mitsaime no-Puti nalo Kanana wawiselwa iqalekiso lobukônzi kwabanye (Genesis 10: 6; Kronike 1: 8). La madoda emabalini amadala sifika siwafumane ekô e-Tiyopiya ilizwe elisezantsi kwase-Jipete, ibe sisizwe sika-Ham nalapô isibizo. Laye eli gama litêtâ u-Kushe ngesi-Hebere, nobushushu obutshisayo ngesi-Grike (Genesis 2: 13) itêtâ lona eli lizwe libantu batshe suze ubuso obu bubushushu balo—oko kukuti yimidakasholo. Eli lizwe asingelicâni mida yalo, kodwa ma kwanele emntwini ukuti lilelase-Afrika apâ. Kwaye nasezi-Bâlweni igama lase-Tiyopiya limele ubu-Afrika belizwe nabantu. Emanyangeni lalimiwe ngama-Nigro. Aza ama-Nyubiya nama-Arabu nama-Abisiniya asoloko aba lumelwane njalo nama-Jipete kwa kunye nama-Tiyopiya la.

Luhlanga olunye lonke olu—imidakasholo. Ebalini siwafumana ama-Jipete ezekelana, esendiselana nama-Tiyopiya; ade ama-Tiyopiya kutiwe ayedlule nama-Jipete ngokuba mnyama, abalulwe umfazi wenkosi u-Amosis owayengum-Tiyopiyakazi. I-Tiyopiya le yabe ibubukumkani obupêleleyo kupete inkosi u-Shebeki no-Tolemi no-Sizari nezinye zininzi; bekô no-Kumkanikazi o-Kandase nabanye. I-Tempile nendumbâ



A

zamatye ezikûmbûzo zemifanekiso ezotyiweyo netyidiweyo kwa nemibàlo yama-Tshawe ase-Tiyopiya isekô ngoku nje. Kuba nakubeni ibipàntsi kwe-Jipete, zitê zahlala zikô zona inkosi zase-Tiyopiya zesizwe sakwa-Hamu esimasiko nezitêtê zifana nezi zomzi o-Ntsundu wonke kude kube sema-Xôseni apà. Kusemhlotsheni ke ukuba ubukumkani base-Tiyopiya buqûbe baqûba bumana buvukelana bodwa bade baqêkezana nje ngesiko lentlanga ezi-Ntsundu lokusukuzana ngobuntloko nobungqonyela. Le nyaniso siyiqinisekisile ngokuyipànda ebalini lama-Tiyopiya nama-Jipete, ema kabe no-Tshaka lo lufuzo oku kutshutshumbisa abanye libe lileqe. Impi yo-Kandase no-Shebeki nabanye imntu-mnye. Lo mndilili wohlanga tîna ubonakala untlantlu-ne iziqibi zawo:—

1. Olokuqala udidi lupôsa ku-Nowa nonyana bakê.
2. Olwesibini luti xàxe nge-Tiyopiya-Jipete elakwa-Hamu.
3. Olwesitàtû ludilikela kwa-Tshaka.
4. Olwesine luze kuwa kwa-Xôsa—kulo Xôsa wanamhla.

Kuya qondakala ukuba ngenxa yokôkô besizwe nomkôndo wonke o-Ntsundu, ukusuka ucànane nokuma kwilizwe elibushushu bufana ne-Jipete-Tiyopiya nelesazulu se-Afrika, ze kanti boti bemi apô nje bazekelane besendiselana; ibala labo liye liba ntsundu-mnyama lisuka ebubêlwini-bulusini. Sakuba silanda sifumana mhlopê ukuba okunene olu hlanga lu-Ntsundu lunye, ngendalo nemvelo kwa nentlalo yalo.

Xa kulapô kà walamanise eli bali nokulanda kuka-James McKay. Kuba wenje nje encwadini yakê:—" Ama-Zulu nama-Xôsa aya fana ngentetô yawo. Ulwazi luya kûla imihla le, siqûba ngalo kude kufike olugqitisileyo kolu. Akukô nto intsha pàntsi kwe-Zulu. Into sukuba intsha kuti apà. Ngoko ke ma sikôkelwe yimigaqo nemeko kunge ngamitêtô imisiweyo; kuba yona inokubuya iguquke ime ngandlela yimbî. Kunjalo ke kanye kwimeko zase-South Afrika. Kuba abantu bayo abanaxesha lidlulileyo baqûba ngalo bekô nje. Ukuze siyiqonde imvelo yabo sinokumana sitêlekisana nentetô kwa namasiko asemanyangeni nawamaxesha asukuba enganeno kwalawo, sikàngelela impembêlelo zeli lizwe kwa nezifike nabangeni. Ama-Zulu kutiwa ayengabalandeli bokumkani u-Nuto owayefana no-

Kumkani u-Solomoni ngabafazi abaninzi namashweshwe. U-Zulu wayengunyana wakê omkûlu ozalwa yinkosazana, waye u-Xôsa engowasekunene; lo Xôsa ke ubaliswa ukuba wemka nesizwe kowabo kwa-Zulu esasesizuzana negama lokuba ngama-Xôsa." Utsho ke mlesi u-Mckay ukubalisa.

Kwa kôna ubuya enje nje u-Rev. H. H. Dugmore kwelakê ibali, "Kuya kôleka ukuba ngokuzalana kwa nokufana kwamasikoobuhlanga—ama-Xôsa nama-Mfengu kwa nama-Tshwana apûma sinqeni sinye, naxa isinqe eso ngokwaso inguqashi-qashi kupêla ude umpâkati we-Afrika yase-Mpumalanga uhlolwe ngokuncincke ngapêzulu. Kwa kôna tyila kwi-Bali laba-Mbô lesi-Ngesi kwipepa 2 wofumana kusitiwa, "Aba-Mbô baya fana nama-Zulu, kwaye kutêlekelelwa ukuti manye esinqeni endaleni pâya." Nceda ke nawe mlesi umane ezi ndawo uzalamanisa kuba ziya vana

Uhlanga olu-Ntsundu olu lunye ngokuvela nangamasiko-siko entlalo kumandulo pâya. Kwaye ke kodwa wona ama-Nigro, imidakasholo leya, ewodwa noko ngobuhlanga enganeno kwintlanga ezi-Ntsundu. Pôfu ke noko sondwendwa sakuwalanda. Ngase-Jipete kufike kubonakale indibano nama-Arabu okanye ama-Juda emasikweni asentlalweni. Oku konke kubonakala ngokusemhlotsheni kwakulandwa kuncinwe. Yaye ivela ibe semhlotsheni nendawo yokuba olu hlanga silulo luhle lupûma ngase-Jipete kwelase-Mpumalanga. Oko ke kukuti umnombô wazo zonke izizwe ezi-Ntsundu ezi sizibonayo namhla nje utê gxume kwa-Tshaka ngokungena matândabuzo. Ama-Xôsa nama-Tshaka kwa nezinye izizwana ezi-Ntsundu zimntu mnye esinqeni pâya. Ziqêkeke kôna nje ngecawa ezi uzibonayo zaqêkeka e-Roma pâya, zizisa neno zonke kodwa ngamaxesha ngamaxesha, okanye zizi ntlantlu ngentlantlu ekuhleni kwazo yangu-Mntla, um-Pâkati nom-Zantsi.

Umntla utâbatê elingentla u-Sutû naba-Tembu nama-Vundle. Oma-Mpondo wona uhlalele u-Mzimvubu. Omke nolwandle olungezantsi ngulo ka-Xôsa, waye ke oko use zizizwe ezihlanu kudibene nenqu ka-Xôsa; ama-Bambâ, ama-Nzotô, ama-Kwêmte, ama-Ntakwenda kwa no-Xôsa. Kumhla wapûma ke u-Xôsa kwelakowabo wonke ewushiya ngasemva, kuba wabe elinqâwa elitânda kunene ukuzingela inyamakazi; indawo ke

leyo esoyingena kwa bunje kwesi sahluko. Hlala uqondile ke mlesi ukuba aba-Mbô no-Xôsa lo, ngendlela etile, ligazi linye emveleni nasebukósini basendaleni ngokubaliselwa kwetů. Kuqala kwacitâkala u-Xôsa kowabo, walandela u-Tshaka nge-Mfecane. Aba-Mbô bona bapûme kwicala elikûlu lasebukô-sini, suka ke kodwa baza kungena kwa-Xôsa ngeganyana lentsabo lobu-Mfengu; abe ama-Xôsa wona abesisinci kwa-Tshaka. Azuzana nobukôsi ngokusuka asabele ezweni elilodwa likude. Suka asamela u-Xôsa wasel' ebuliswa "A Xôsa!" kwapêla. Kumhlopê ke xasilapâ ukuba aba-Ntsundu bangumntu omnye kwapêla, into epikisekayo yi-Gospeli ka-Mfengu-Mxôsa nge-ngxolo kupêla kungekô zinyani.

Pôfu ke zohlala zihleli zona indawa-ndawana zomgca wegazi noludwe lobukôsi ezingalandeki gingei kamnandi zaye zinge-ni. Amanyange akowetû asibaliselayo aya pâmbâna, kube nzima ke ukugweba ngapândle kokusukela kwincwadi zababâli abam-Hlopê abazenzayo nabo bakufika kweli lizwe sihleli kulo.

Ngokwebali wenje nje u-Xôsa mhlenikweni, wapûma kwa-Tshaka; upûme kumayana engenzele kumka kâyeni lakê enka-ngelekweni, kuba epûme esinga epûlo neqelana labafazana abancinane, nelamakwênkwe kwa nelamadoda atile. Kufike ke kwakiwa kwamiwa lo minquba yasepûlo, kwazingelwa zafa inyamakazi, layola lancama ipûlo. Kuqaleke ekutini indoda yakubulala inzabele omnye kubafazana, kanti ke oko seyikuku-ngenwa kwabo ukuba se beba ngabafazi namakôsikazi. Oku kufun' ukuyelela kwesika-Lote wakudala kunye nentombi zakê. Suka ke mfo ndini kwaxêlwa kwa-Mpundu nase-Xûkwane, akwaba sacingwa nento le ngamakâya kwa-Tshaka pâya. Aqale apâ ke amanxowa akwa-Xôsa, zabe zona inyamakazi zimana ukushenxela ezantsi ngokusaba abantu, baye bona betêne-mbende nazo; kanti ke se kumkiwa impela kwa-Tshaka ngu-Xôsa kude kube namhla nje. Wenje nje ke u-Xôsa ukulipûma elako-wabo lakwa-Tshaka suka nqwa nalo nyana wayelibadu-badu wayengomnci kowabo uzekeliswa ezi-Bâlweni Ezingcwele.

Wenje nje umfundisi wase Bôfolo u-D. Malgas kwi-*Mvo* ka-16 January 1917 :— "U-Radebe uzala u-Zulu, ozala u-Mafu, endití mna ma kube u-Rev. T.B. Soga utetâ lo Mafu ozalwa ngu-Zulu—uMbô, i-Reledwane; abe ke ngoko u-Xôsa ngu-

Mbô. Tina ba-Mbô sitsho. Siti u-Xósa ngu-Josefu owandulela abakúluwa bakè baza bakônza kuye, baba baya sinda ezindlaleni." Itsho ke kanye "Intlalo ka-Xósa" itl uhlanga olu-Ntsundu lunye ngemvelo. Ukôlisile umzalwana u-Malgas asibalisele, ze kude kuze kucaca nakosenamapike ukuba u-Xóse lo nje ngo-Josefu lowo wapûma kowabo ezalwa e-Mbô. Kucace ngokwesibini ukuba lo Josefu (u-Xôsa) umzi wakowabo wase-Mbo ucitâkelele kuye. Ufika ngoku sel' eyinkosi wawucôla wawunika ubuntu nobukôsi. Ndimbulela kakúlu u-Mr. Malgas ngeli nqaku linje ukuba noncedo.

Páwula ke mlesi le ndawo ukuba kusemhlotsheni ukuba u-Xósa wayengapûmanga kowabo kwa-Tshaka, okukô ndlela ebenabukôsi ngayo. Lonke ibali lakwa-Zulu litsho mhlopè ukuba inkosi yayingu-Tshaka, ngoko u-Xôsa wayengenkosi. Kufana nokuba u-Tshawe lo umbona nje wayengenabukôsi kuba wayesisinci kwa-Xósa ingu-Cira inkulu nenkosi. Le ndawo ibaliswa ibe semhlotsheni kwa kwesi sahluko sisipètèyo. Se side sizindle nokuti fan' ukuba yiyo nale nto u-Xósa anyebeleze wenje nje ukumka kowabo ngale ndlela. Suka akapûtûnywa agoduswe nganto kuba waye engenkosi. Utè ke u-Xôsa ukuyilawula, "Emitini ze nigcine inzinziniba, umzane, umhlonyane nomnqayi. Ezintakeni ingqwangi apô iviwe ilila kona kuse kumiswa inxowa lakomkûlu. Kuze le miti yakwalanywa kuse koqondwa ukuba ngumhlaba ocûmayo emifunweni nasezilimeni nolinqatá empahleni." Itè ke le migqaliselo yahlala ihleli ikôkele ekubonweni kwenxowa.

Kwenje nje mhla u-Cira bamlahleka ubukôsi nokuze nje ama-Cira la se kusitiwa "Ngamabandla ka-Hlomla lidala." Kupûnywe ipúlo ngu-Cira no-Tshawe kunye nezimpi zabo. Akô ke ama-Rudulu la ati ukususela lo mini asel' etiwa neatshe ngegama lobu-Ngwevu, yabe ke ilihlazo elikúlu ongabulalanga. Alibulalanga ke icala lakwa-Cira (esakwa-Esawu no-Dyakopi). Itè kwa bunje le nkosi kwelinye icala eliya, "Ndihlomleleni." Yatsho lilinye ipûti elibuleweyo kwa-Tshawe. "Ndihlomleleni ndize nam ndinqand' intlantsi ngenyama yenyamakazi." U-Tshawe, "Hayi mkûluwa, ayizange ihlonyulwe inyamakazi engaka yinkosi enga ngawe kangaka." Omnye, "Ndihlomlele wena indala, ayinarola inempondo zomelele indala."

Unge akatshongo akaligqiba. Kwati xa kulapó kwa sekuhlutwana ngayo; ehla kel Yahlulelana yagagana zanqoza. Ama-Rudulu la ke agalele ngaku-Tshawe obetándwa kakúlu oko sisintu. Zatyaka-tyana ke ezi nkosi zombini, acitwa ama-Cira ýeka-Tshawe—isiganeko sokuze bube bubángile u-bukósi kwicala lika-Cira owayeyona nkosi kwa-Xosa. Kumhla ama-Rudulu afumana neli gama lobu-"Ngwevu" elinikwa yimpi ka-Cira ngokunukunezwa kuba oyisiwe awecala elikúlu yeka-Tshawe. Kwatiwa ku-Tshawe kusalatwá kumadoda asel' ekúlile asema-Rudulwini, "Wenziwe zezi ngwevana." Kanti ke yosel' iba ngama-Ngwevu kude kube namhla. Ama-Rudulu la ke ikwa ngumnombó wawo ama-Mpondomise la. Kukuze ama-Cira angenwe ligama lesiqúlo lokuba "Ngamabandla ka-Hlomla lidala, ka-Qánqolo, ka-Nyembezana. Kumhla ama-Ngwevu la azuzana negama nobupákati obupámbili ema-Tshaweni—anedisa inkosi mhla koyiswa enkulu u-Cira. Kuma-Xósa lisiko indwe ukulwelwa itátwé ngezikáli, ati onerola elikúlu afumane ubukósi. Kungenelele izizwe ngoku -Ama-Giqwa, ama-Qwambi, ama-Kwáne, ama-Jwara njalo-njalo. Kwaye be kusuka kubonwe ngomntu sel' egaleleka komkúlu apá evela le[1] elelo xwebetwána nebélwana, asel' esamkelwa elizwa anqonywe nenkomo. Liti elombuso, "Ningamlandi, wokúmbúla ikowabo nentsapó yaké. Mpéni nina adle nimgcine, ngumntu wenkosi lo." Zenjenje ke izizwana ukungena zibe kó. Libe lifika elo ibúxenge liti kátá komkúlu apá kwa-Xósa. Zavela ngale ndlela ke iziduko zabamnyama. No-Xósa wenje nje ukulawula kwaké kuba ewazi umzi wakowabo ubunye nokukótána kwawo kwa-Tshaka. Umzi ongazanga wamdlula oselusizini, nonentsikelelo yokuba ungazanga wamlahla ocitákeleyo nongenakáya, elaye lilisiko nesitété sasemanyangeni ukwamkela nokusiza indwayi. Qonda ngokuba wona ama-Jwara ekó kwicala lasema-Xóseni nje ngesizalo alunge kwa-Tshaka ema kabe amkelwa ngencitákalo zoyisekúlu uwabona ebantu basema-Xóseni nje namhla nje. Imhlopé le ndawo yala magama neziduko kuba e-Mbó páya elona laké abizwa ngalo umntu sisiduko saké ingelilo igama likayise nonina; ukuze kubenje ke iziduko obu bukumkani buka-Xósa bezinci nama-qadi.

Mayelana nokusekeka kobukumkani kufike kubonakale ukuzuka kwabo. Obu bukumkani buka-Xôsa bufumaneka isimiselo sabo nentlalo yabo buyelelene kakûlu nentlalo yakwa-Sirayeli kwa-Juda obabudla ngokufane buwe napêzu koyena nyana usisinci kowabo apâ ngokudalwa nokuzalwa.

## UKUPUMA KWABA-MBO.

Kwipêpâ le-*Mvo* 1917 ubalisa enje nje u-Rev. D. Malgas esikê samkânkanya :— "Incitâkalo yaba-Mbô, inyaniso esiyive ngamadoda acitâkala entla esel' enezindlu yile: Eyona mbângi yokucitâkala kwezizwe kukufa okanye kukubâdwa kuka-Mtimkûlu ngama-Ngwane. U-Mtimkûlu, inkosi yaba-Mbô, unyana wendlu enkulu ka-Bûngane, wesuka namapâkati akê watâbatâ uhambô pâkati kwesizwe, sisikûlu kunjalo nje, sikwa litêmbâ lezinye izizwe. Intaba ebimiwe ngama-Hlubi eyokuqala kuse-Busi, eyesibini kuse-Kupê, eyesitâtû kuse-Vungatyeni, eyesine kuse-Ndimeni, ize umlambô ibe li-Tângeni, ibe li-Lenjana, atâbatê amantla o-Tûkela kunye ne-Mpafana. Utê kanti sel' esemdeni wesizwe sama-Ngwane. Eva ama-Ngwane ukuba ukwalapâ u-Mtimkûlu otûka. Inkosi yama-Ngwane eyayilawula ngelo xesha ngu-Matiwane unyana ka-Masumpa. Asuka amtâbatâ nje ngentlola ama-Ngwane u-Mtimkûlu, amhlasela be kungabanga kô ngxabano ngapambili ngapândle kokusunduzana ngobukôsi nje kodwa. Uyotûka u-Mtimkûlu umzi akuwo sel' urawulwe ngama-Ngwane ngobusuku. Yenzakala ke inkosi kolo hlaselo. Afa kakûlu namapâkati ati naseleyo azindlazi kwakô kuwo intatâmbâ eziye kubika ku-Tshaka ka-Senzangakona. Ukufa kwale nkosi yaba-Mbô kufana nqwa nokwendlamafa kobukôsi base-Austria okutê kwacitâ izizwe kwehla indyikityâ ede yeza kucûkumisa nama-Zantsi e-Afrika.

Kwibali labe-Sutû kutiwa u-Bûngane wabulawa ngama-Ngwane kunye nonyana wakê u-Mtimkulu. Oku ke kusisipôsiso esingeze sitândatyuzwe ngaba-Mbô. U-Bûngane ufe pâmbi kwencitâkalo. Kucitakalwa se kulawula onyana bakê bobabini, u-Mtimkulu no-Mpangazitâ. Lo wokugqibela ukukunene kuka-Bûngane. Incwaba lika-Bûngane lise nokwalatwâ nanamhla nje ngama-Hlubi akwelo lase-Ntla. Umzi wase-Mbô ube sisiyaluyalu ngokufa kuka-Mtimkûlu, yasuka imikôsi yadubatêka, kuba

ibingazilungisele kupûma mkôsi iye kulwa nama-Ngwane. Kuliwe intsuku ezintlanu kusifa umtu acitwâ ama-Hlubi. U-Lutshaba uyise ka-Matomela lo ubepètê em-Gwalana, inkosi yasekunene kuba-Mbô oza ngomlibo ka-Radebe, ibalekele ku-Ngozi ka-Mkûbukeli um-Tèmbû wase-Qudeni egxotwâ lifutê lika-Matiwana. Ukufa kuka-Mtimkûlu kuhla engaseko u-Mpangazitâ ukunene kuka-Bûngane kunye nesizwe sakê eye kuzifunela umhlaba wokuma e-Lusutû apô watimbâ umhlaba wenkosana eziliqela zabe-Sutû wazicitâ. Sesi senzo ke esabangelayo ukuba aba-Mbô boyiswe ngama-Ngwane, isizwe ebe sisoyiswa ngama-Hlubi ngapâmbili. Kaloku inkosi yasekunene ayinakulawula kunye nenkosi enkulu yesizwe. Elo lisiko lezizwe ezi-Mnyama; neyexiba izifunela umhlaba wayo ukuze ilawule kuwo. Wenza lonto ke u-Mpangazita bo-Njobe. Kukô enye ingxelo endiyifumana kwi-Bali laba-Mbô elibâlwe ngu-Mfundisi u-Whiteside elicâsene neli ndilibâle ngentla kuba liti, 'U-Mpangazitâ uze e-Lusutû se kucitâkelwe ebaleka u-Matiwana." Eyam ingxelo ndiyifumana kuma-Hlubi ase-Lusutû. Le ndawo ke ma kayilungise ama-Hlubi ukuba isisipôsiso. Abantu abakûlu basema-Hlubini basekô, e-Ntla kwelobaba kwa-Zulu, e-Natal, e-Lusutû, e-Gqili, Pesheya kwe-Nciba, ema-Mpondweni. Ndibènela kuni ma-Hlubi amahle, ampundwana zinga zingangiwa, anzipô zimnyama kuqwayana. Ucitâkele umzi wase-Mbô wazimbâxa ezimbini. Opètwê ngu-Marwanqa epâtele u-Langalibalele indlamafa ka-Mtimkûlu wasinga e-Lusûtû usekondweni lika-Mpangazitâ. Esesibini isibâxa size kugaleleka e-Lutukela. Ama-Zizi abona utûli lumbôxo ati " Nantso ke imfecane" azidiba ngo-Tûkela luzele ngokuva isitônga samakâka omkôsi waba-Mbô ngokundululwa likâka lika-Mbilase. Ukuze ixegwana lasema-Zizini lityandusele ngokuti. "Yelowo nantsi banikeni leti nkomo basishiye lambona." Kude kwakâlima kwa aba-Mbô ukuze utôtê umzi wasema-Zizini lwawelwa se kudityenwe u-Tûkela kusatywa ifutê lika-Matiwana. Pe nditê u-Tshaka ubikelwe ema-Hlubini ukuba u-Mtimkulu ubadiwe ngama-Ngwane. Akabanga sadenda u-Tshaka uyifunze kuma-Ngwane wawacitâ. Weva u-Tshaka ukuba u-Lutshaba ubulewe ngu-Ngozi inkosi yase-Qûdeni wasel' eyifunzela kuba-Tèmbû, baba baya citâkala nabo." Wenje njalo ke zinkosi umnumzetû

oka-Malgas xa asibalisela imbàngi yokucitàkala kwaba-Mbò kwelakowabo ·lase-Ntla. Akangebi uhambà encèni ke kòna? Anditsho?

Incitàkalo yokupùma kwesizwe sivela e-Ntla kwelobawo betù ihle se kukudala emva kwale nkosi ingu-Tshawe, mayelana ekupeleni kombuso ka-Pàlo iminyaka engamawaka adlule ishumi efile u-Tshawe. Bagaleleke ema-Xòseni kanye ngexesha lokupàtà kuka-Hintsa, emi e-Gcuwa apà oko. Oku ke kusibonisa ukuba kwakuse kuminyaka-nyaka walipùmayo u-Xòsa elo lakowabo lase-Ntla. Kwasuka kwavukelana u-Tshaka no-Ngwane. Suka u-Ngwane akugxotwà ngu-Tshaka wavukela ama-Hlubi. Atè ke wona angenela ama-Bèle nama-Zizi, lase lisuka liba liduduma linye ke ukuza kuwa ekàya kwa-Faku ema-Mpondweni. Ibe ngumtyino wamnye wentsabo, wabekelela akayeka umntu yayilo mikòko. Pòfu inqu Tshaka yona isasele kwa sekàya emva kokundulula u-Ngwane. Eli bali alahluke kuyapi kwebe libaliswa ngu-Mr. Malgas kwa kwesi sahluko. Kupèla nje kwahluka ukubaliswa ngabantu ngabantu, ati lowo ibali alikùpè ngendlela yakè lilinye kodwa lona nokungqinelana lingqinelana.

Lomzi ulime iminyaka emine kwa-Faku wagaleleka u-Tshaka esalanda kwa la Ngwane babesusene emanxoweni esiza sel' eyimfecane namhla nje. Kuliwe kakùlu ke lo mini agxotwà ama-Mpondo. Nokuya agalelelwe yimpi yama-Ngwane egalelelwe ngama-Hlubi, ama-Bèle nama-Zizi ngapàndle kwama-Xòsa abantu abangayilwanga leyo. Kula maxa ke ama-Xòsa sel' eze kupàtèlela nganen' apà kwemi-Bàshe nemi-Tàtà ngokuma. Isuke ke yasondela yona intsapo (fanisa nesabakùluwa baka-Josefu besabela e-Jiputa mhla ngebomv' indlala le) yesapò lwase-Mbò. Uqondile u-Hintsa naye ukuba akanto ikòyo yile mfecane ingama-Ngwane ingu-Matiwana inkosi yawo. Ukuze nje aye awuhlabe ku-Ngquwa ukuba angenelele. Suka lo Ngquwa aye awuti-ntya ukuwuhlaba kuma-Ngesi. Ukuze nje kunyuke umkòsi wamajoni ukunye nowama-Ngqika nama-Gcaleka. Kulo mhla bamtyàlela emva u-Matiwana ngeDuli lase-Mbòlompò mnyakana we-1829 kulo ntaba isemantloko o-Mtata. Wenje nje u-Hintsa ukuba ngumkùseli waba bantu, no-Matiwana wasel' ehlela ezantsi ema-Xòseni. Utùmele u-Hintsa ngokubahlangabeza nokubamkela· Abatùnywa bababuza

imvela-pi. Suka bapendula ngeliti "Siya mfenguza." Oko ke kukuti siyintsapo, sizimbácu; opókopálala ke abo. Ukuze nje ukususela lo mini se kusitiwa ukubizwa kwaba bantu ngama-"Mfengu" igama lencitákalo lalahleka elona gama labo lobu-Mbó. (Fanisa nesala ma-Rudulu wona aba ngama-Ngwevu ukususela mini itile).

Esi sitónga semfecane sabetá nabafundisi bokuqala e-Old Lovedale e-Ncera bê xúngu. Bada nendlu zabo zokuqala lo mzi bazifanisa nenqaba ngokulumkela ukuti hlezeibafikelele nabo imfecane leyo. Oku ke kuhle pámbi ko-1829 oko kukuti yayise iqaliwe i-Sinala yase-Lovedale u-Matiwana engekabi se-Mtátá e-Mpólompo apó. Aba-Mbó ngeli xesha bafike ngalo ema-Xóseni ubukumkani basema-Xóseni babuse bubanzi kakúlu. Ka uqonde ngomhlaba owawupétwé ngu-Hintsa, upáwule imida yawo. Umda ka-Hintsa wawupúma eCwébeni lo-Mtátá ukweze i-Búwa, unyuse um-Báshe uye kumisa nge-Kówa. Ubuye apó uye kunyatela e-Dodolora livaleleke pákati lonke i-Tsomo. Uqúbele pámbili ubuye uliginye pákati lonke i-Komani uye kuti ngqu ngo-Mtómbó (Kei Road). Udlule apó uye kuti xáxé ngecweba le Kwelera, waye ke eyinkosi eyintloko yama-Ngqika nawo ngokwawo.

U-Hintsa, le nkosi ingaka, ubamkele bengamawaka-waka ebamkelela e-Gcuwa apá enxoweni la-Komkúlu. Wayebapútúme ngo-Sincindo um-Ntlane ukubahlangabeza besepésha ko-Mtátá páya. Wabe ke u-Nkosi u-Njokweni sel' egaleleke kade yena sel' ede wanibukwa nobukósi baké. U-Hintsa uqale ngokubambesa kuba abantu bebese behambá zê, wabakupéla nemihlaba yokuma nenkomo zokusenga. Ukuze nje namhla kubuye kudityanwe ngokutsha nama-Xósa. Kuba abantu bebanye kakade, kungasekóna naku-Xósa; koko kumawokulu u-Adam. Lo mfo ka-Káwuta uwumemile wonke umzi wasema-Xóseni watétá esingisa kwizidwesha namapákati wenje nje, "Púlapúlani mawaba namatwála-ndwe. Aba bantu ke intombi zabo zizekeni ukuze nibe banye nidibane, nokuze nabo bangemki bupéle ubumfengu. "Ma kuqale o-Mvanxeni aba," watsho esalatá into yasema-Ntakwendeni, "ukuzizeka." Lo mfo wasel' elitábatá i-Belekazi ukuze nje se zingenwa nangamapákati amakúlu zisenziwa abafazana abancikane ezokuqala ngomtétó wenkosi.

Utsho wati, "Musani ukubabona benje bagqubeke yindlela, inini ngomso abaya kwambàtà yona." Lentetó yafuza eka-Sigoxo itola elalidume kunene. Uqùbile umntan' omhle wati, "Ma kutiwe ngaba-Tèmbù kuba namhla befikile ekàyeni labo. Mna andingesengelwe ngu-Matomela (umsengi wakè welo xesha) umtan' enkosi. Ma kapùmele ngapàndle ekusengeni eme ubukósi bakè nimbulise niti, A! Matomela! Ma ziveliswe zonke inkosi zaziwe kaloku (kuba zazifihliwe kuba beba bona zosuka zibulawe kanti akukó netikizo lento enjalo) zifumane ukubuliswa kwazo." U-Matomela lowo kutètwà ngaye nguye lo uyinkosi yama-Reledwane e-Mgwalana. Onkosi Mabandla no-Mhlambiso Mtìmkùlu no-Msutù uso-Zulu lo use-Tsojana ngoku bavelele lo mini. Uqonde ke mlesi ukuba aba bantu ukuza kungena ema-Xóseni apà se kusukwa kwa-Faku ema-Mpondweni e-Mzimkulu nase-Mzimvubu. Kube nje ke aba-Mbo bafumanana nokuhlala, nobunto, nokwanda kude kube yile mini base beba ngama-Xósa kwa nje ngokuba nama-Xósa ngokwawo emntu mnye no-Tshaka.

Kutè ke xa kulapó zaba zidudume zadlula ezemfecane nentsabó yokulipùma elasekàya e-Mbó. Kwaba namhla kuhlaliwa eli lasema-Xóseni, bonke se bengama-Xósa ngokufanayo. Ka upinde mnumzetù upùlapùle ubunqina buka-Mr. Malgas ngoku-yelelene neli nqanam lika "Senziwa amakóboka ema-Xóseni" ngabula zazi lenye zezi mini. Wenje nje u-Rev. Malgas, "Bati aba-Mbó sifike sakónza ema-Xóseni asibanga makóboka. Sasebenzela inkomo, sarweba ngamacuba nangokutya esiku-fumana ngokulima. Omakùlu u-Jingose no-Mtshiselwa babe-kónze kwa-Hintsa e-Gcuwa banikwa ngu-Hintsa amatókazi alishumi, akùtshwa nenkunzi yawo yati inkosi umzi wakowetu ma uye kuma e-Qwaninga elwandle kunye nezo nkomo. Ifike imfazwe ka-Hintsa se zilikùlu ezo nkomo. Umzi wase-Mbó ubulewe zezinye izizwe wafumana ukukónziswa kwa-Gcaleka kwi-Siroro so-Nobutó, udwangudwangu olu-ngubo inengqotó, umqokeleli wabantu bempàlala." Baya kude bavele nini na ke abanolwazi bapikise lo mfo ka-Malgas i-Hlubi lokuzalwa nom-Gcaleka ekungekó nkohliso kuye?

Xa kulapó ma ke silandele ibali lika-George Theal ngama-Xósa—o-Kafile elokutùkwa. Wenje nje :— "Aba bantu ama-

Xôsa sibafumana kwa kulo mhlaba bemelene nama-Koloni. Babizwa ngaba-Mhlopê ngegama lesitûko lokuba ngo-Kafile lingelilo labo, bengenakô bona nokulibiza kuba u-"r" enzima nasentetweni yabo. Nganeno kwe-Natal kufumaneka kumi ama-Mpondomise nama-Mpondo, aba-Têmbû nama-Xósa, izintlanga ngezintlanga nje ngama-French nama-Taliyane lawa. Pofû isondelelene yona intetô yabo, ipântse yanye ngokufuzana, pôfu bahlukile noko ngobukôsi. Kufumaneka wona ama-Xósa eze kutînta nge-Koloni, yangabona bantu bokumana besukuzana no-Rulumente wama-Ngesi. Kuba ama-Mfengu (aba-Mbô) wona ebeluhlanga olufikayo. I-Nciba iwahlule pâkati nama-Xôsa la, ama-Rârâbe angapêsheya, aye wona ama-Gcaleka engase-Mpumalanga, ekubeni aba-Tembû bona bebemi pâkatî kom-Bashe no-Mtâtâ." Lo mfo uwucaza awumise nje ngoko umbuso waba-Ntsundu, inkosi namapâkatî, nesigqeba samatyala Komkûlu, eyicânile nendlela yokudalwa kwenkosikazi eyozala inkosi. Izindlu ngongqupântsi bencâ, apô lo ndlu yoba liqêle-qêle ngumle ngokuhlala ibaswa. Inkomo ziya fuywa zaye zitândwa kakûlu. Kulinywa kakûlu amazimbâ esilwa kakûlu utywala. Kunqulwa iminyanya nemishologu etî yakulambâ itôbe amashwa nengozi. Endaleni abangenkosi bebelahlwa ebugameni pâya bakuba befile ukuba badliwe zintaka nama-ramnewa. Kodwa wona amapâkatî nenkosi bezincwâtywa kakuhle nangentlonelo nembêko enkulu. Amadini okunxênxêza iminyanya ebemaninzi wona eqûtywa zintloko zemizi. Ubu-gqwira bebutlyiwe kakûlu, kodwa yena otwâsileyo ebekôlelwe kakûlu kuma-Xôsa—into ebinxiba amayoko-yoko neziδlokolo nentsiba ezibalulekileyo. Bonukwa le mihla badliwe inkomo zabo ngemihlabo yamagqira. Wofika imfumba zamakûbalo zigaxelwe entanyeni apâ. Bebekôlwa ekubizweni komntu ngu-mlambô nokuba wokûtshelwa pândle kwakuxêlwa inkomo yedini etândwa emlanjeni pâya." Ubalisa kakuhle lo mfo ngolwaluko, izitêmbû, nencibi zezikâli njalo-njalo.

Ibali lamanyange lama-Xôsa asikuko nokuba liya pâmbâna, kanti ke kodwa linabo ubunyaniso. Uqûba enje nje u-Theal:—"Pâmbî ko-Nkosiyamntu inkosi yona ibivumelekile ukuba izeke nabangapî na abafazi, abe mnye unyana wayo oyekwa apile abanye bonke babulawe besezintsana. U-Nkosiyamntu ungenise

indlu yase-Kunene, baqala bababini onyana abakûlu namhla. Yangu-Cira omkûlu no-Jwara ukunene. Uko owesitâtû owayebonakala ukuba woduma ngapêzu kwabakûluwa bakê bobabini, koko wabalekela kulonina kuba-Mbô engoweshweshwe lendlu enkulu. Uvelele apô ke u-Tshawe kwa inkwenkwe ka-Nkosiyamntu lowo. Inkosi imnike iqela labantu u-Tshawe (ngesiko) baye benenkomo kakûlu. Suka nanko ehlela ngezantsi kwa se-Mbô ikowabo wahlangatyezwa ngabantu abaninzi benezixôbo namabûnguza. Suka wafika sel' efile yena uyise u-Nkosiyamntu, nabakûluwa bake u-Cira no-Jwara bahlanganisa izimpi zabo ukuba bamtintele. Kwaliwa lo mini kwamdaka. Yagxotwâ eyabakûluwa licala lika-Tshawe otê kanti le mpi yakê indala yona seyinemikônto izixôbo ebezisaqalwa. Kumhla wavelela ke u-Tshawe kubukumkani bama-Xôsa, wabetâ wasel' etelelwa nayimpi kayise u-Nkosiyamntu imbusa. Pôfu ke yena esampâkamise ubukulu u-Cira. U-Jwara udabalele ngasentla neqela labalandeli. Kulapô wafela kon' apô. Ma se siwungena umnombô wenkosi zama-Xôsa nezelasema-Xôseni, ze ke nawo siwutsho ezintleko, saye ma siqalele apô siye sê ngqu kona ekulandeni kwetû sisingise ngase-Jeputa kwa kule nqûkuva sikuyo ye-Afrika ngentla ngase-Mpumalanga pâya. Uludwe nentloko zobukôsi beli lasema-Xôseni lwenje nje:—

Xôsa
Malangana
Nkosiyamntu

| Cira | Jwara | Tshawe |
|---|---|---|
| | | Ncwângu |
| | | Sikômo |
| | | Togu |
| | | Ngconde |
| | | Tshiwo |
| | | Pâlo |

Pâlo:

| Gcaleka | Rarabe |
|---|---|
| Kâwuta | Mlawu |
| Hintsa | Ngqika |
| Sarili | Sandile |

| | | | |
|---|---|---|---|
| | | Sigcawu | Gonya |
| | | Gwebinkumbi | Faku |
| | | Ngangomhlaba | Archie Velile |
| | | Zwelidumile | |
| | Gcalcka | | |
| Kåwuta | Velelo | Nqoko | Lutshaba |
| Hintsa no-Buru | | | |

U-Velelo uzala u-Gxaba no-Dalasile kwicala elikûlu; no-Mcambå u-Ngxito no-Seya kwelase-Kunene. U-Nqoko uzala u-Mguntu no-Sigidi, u-Sigidi azale u-Matûmbu no-Dinizulu, aze u-Lutshaba yena azale u-Ngxitô, u-Ngxitô yena azale u-Mgwebi. U-Hintsa uzala u-Sarili inkulu, no-Ncapåyi ukunene. Kumgca ka-Ncapåyi kupûma U-Dumalisile, Dwayi, Mtiřařa, Lindinxowa, Tyelinzima no-Ndima. Koka Sarili inkulù, kupûma u-Sigcawu, Gwebinkumbi no-Ngangomhlaba no-Xélinkunzi ukunene kuka-Sigcawu. Ze ukunene kuka-Sarili ibe ngu-Mcotåma nonyana wakê u-Razukile. Ku-Buru ukunene kuka-Kåwuta kupûma u-Måpasa kuze u-Xôxô unyana ka-Mapasa lowo, ze ku-Xôxô kupûme u-Gwebibango. Kuze ukunene kuka Buru kube ngo-Xôseni ozala u-Kiva igora, aze u-Kiva lowo azale u-Gebengana.

*Ama-Ngqika.*

U-Ngqika uzala u-Sandile inkulu, no-Maqoma no-Tyåli no-Ntimbô. Ze yena u-Sandile azale u-Gonya, u-Gonya azale u-Faku, u-Faku yena azale u-Velile (Archie). Ekubeni u-Sandile ezele u-Matånzima no-Beseti, no-Gumna. Kwaza kwicala lika-Maqoma kwapûma u-Tini, Yapi, no-Mapolisa. Kwelika-Tyåli kwavela u-Feni, Ngubezulu, Ronyani, Sibini. Kwelikûlu ekunene yangu-Oba ozala u-Nombånjana, kwabe kwelakulo-Ntimbô kupûme u-Anta, Bôbôzayo, Velapi.

*Ezama-Ntinde.*

Ngu-Ntinde, Getani, Bange, Cika no-Dyan Tshatshu ezinkulu. Kwa-Tshatshu ngu-Cebo, u-Mdushane, u-Siwani no-Siyolo ezinkulu, ekunene ibe ngu-Ndlambe no-Mqåyi no-Mhala.

Ekubeni ke sikwenzele olu ludwe lwezecala lasema-Xôseni, ma sikwenje njalo nakwamanye amahlelo asel' ekwa ngumba-ndela ka-Xôsa. Ezakwa-Zulu ngu-Senzangakôna, Tshaka,

Matiwana, Dingana, Cetywayo, Dinizulu. Ezama-Hlubi ngo-Ntsele, Bùngane, Mtimkulu, Monakali, Langalibalele, Mhlambiso, Mehlomakùlu, Joel.

U-Velelo uzala u-Gxaba no-Dalasile kwicala elikùlu; no-Mcambà, u-Ngxitò no-Seya kwelase-Kunene. U-Nqoko uzala u-Mguntu no-Sigidi, u-Sigidi azale u-Matùmbu, no-Dinizulu, aze u-Lutshaba yena azale u-Ngxitò, u-Ngxitò yena azale u-Mgwebi. U-Hintsa uzala u-Sarili inkulu, no-Ncapàyi ukunene. Kumgca ka-Ncapàyi kupùma u-Dumalisile, Dwayi, Mtirara, Lindinxowa, Tyelinzima no-Ndima. Koka-Sarili inkulu kupùma u-Sigcawu, Gwebinkumbi no-Ngangomhlaba no-Xeli-nkunzi ukunene kuka-Sigcawu. Ze ukunene kuka-Sarili ibe ngu-Mcotàma nonyana wakė u-Razukile. Ku-Buru ukunene kuka-Kàwuta kupùma u-Mapàsa kuze u-Xòxò unyana ka-Mapasa lowo, ze ku-Xòxò kupùme u-Gwebibango. Kuze ukunene kuka Buru kube ngo-Xòseni ozala u-Kiva igora, aze u-Kiva lowo azale u-Gebengana njengoko senditshilo.

*Ama-Ngqika.*

U-Ngqika uzala u-Sandile inkulu, no-Maqoma no-Tyàli no-Ntimbò. Ze yena u-Sandile azale u-Gonya, u-Gonya azale u-Faku, u-Faku yena azale u-Velile (Archie). Ekubeni u-Sandile ezele u-Matànzima no-Beseti, no-Gumna. Kwaza kwicala lika-Maqoma kwapùma u-Tini, Yapi, no-Mapolisa. Kwelika-Tyàli kwavela u-Feni, Ngubezulu, Ronyani, Sibini. Kwelikùlu ekunene yangu-Oba ozala u-Nombàjana, kwabe kwelakulo-Ntimbò kupùme u-Anta, Bòbòzayo, Velapi.

*Ezama-Ntinde.*

Ezasema-Bèleni ngo-Mabandla no-Mbòvane. Ezama-Zizi ngo-Zità, Xàbadiya, no-Mkuli. Ezama-Hleke ngo-Gwali, Hleke, Dange, Mtshiza Mangxa, Xhili, Vazi, Bini, Badulo, Jwara, Zalambi, Siyali. Ezama-Kwayi ngo-Togu, Ngconde, Jama, Gando, Pàzima, Gciniswa, Noyi, Makàpela, Mgawuli, no-Havi. Kwelinye icala lama-Kwayi ngo-Ntaba, Pùtise, Ncamashe, Xuba, Koti, Matshikwe, Nale, Tsame, Dubu, Faba, Phillip, Ebenezer, Mangindi, Pòkolo, Joni, Tame, ne-Gaveni.

Xa senje njalo sihlaba ezintloko kupèla. Kuba ukuqà-gamshela ibali lomnombo (nomtondo) wobukòsi asindlwana

iya netà kuti mzi u-Ntsundu. Kuba kaloku kulandwa amabali abantu ababengazibàli incwadi, koko bona babezibàla ezintloko. Yonke into imana ukucengcelezwa ngokunjalo ngamanyange elo xesha. Akuba efile ke apèla kusele kulimuleshe. Labe ibali nakwabasekóyo liti be lisaqúba kakuhle kwisitúba esitile kungcne ukupàmbàna nokupikisana kwa kulo apà; iqale ke ihle inkinge. Kwicala lasema-Xóseni icaciswa libali elibaliswe ngobucúle obukúlu ngu-Menziwa Balfour wakwa-Centane inkulu yasekunene kuma-Kwayi into yokuba ama-Kwayi la zinkosi zemvelo ngokwenene kuba ezalana nama-Tshawe la. Nawe wowubona umnombó woludwe lwawo, póju ke uludwe olu sinike nje intloko singena gama sikè salinyula ngokubalisa ngalo ngapàndle kuka-Noyi kuba wayebalulekile yena kumawabo ngendlela yakè. Le nje nje ke ibali: "Ama-Kwayi la apúma ngale ndlela kuma-Tshawe. Apúma ngexesha lokulawula kuka-Gando owayesisivela-tanci icala elikúulu lingekabi nanyana ekukunene. Yaza yazala ke inkosikazi yazala u-Tshiwo, otè akukúla lo Tshiwo ati amapàkati kumfana ma katàbatè ubukósi bakè póju esengumfana omncinane. Kutè ngamhlanazana utile kwambèswa. Kwati xa kwabiwa isifuba ati amapàkati kumfana ma kaye kukà amanzi ngetúnga kusitshiwo ngamapàkati akulo-Tshiwo. Suka atàbatà uvalo (isabelo senkosi) alufaka etúngeni, alunyula alubeka pàmbi ko-Tshiwo ukuba alutye esiti, "Intliziyo yakó injalo ukubanda kwayo." Walila u-Tshiwo lwaqèkeka ke udiwu. Kwaliwa idabikazi elikúlu ama-Kwayi aya kubandezelwa ngc-Nxuba ingapèsheya eka-Gando. Yawadibanisa amakàka eka-Tshiwo ingabinzi kubinza eka-Gando yodwa. Zapèla izikàli. Yati ke eka-Tshiwo, "Wagwazeni lama-Kwayi." Kumhla ke acitàkala amabandla ka-Gando nokuze ambàtwè ligama lobu-Kwayi kude kube namhla nje.

Ma silinyule lodwa ibali lokugqobóka kuka-Noyi. Lenje nje: "Kwafika u-Dyan Tshatshu e-Ngqushunqèya wafika ku-Mfundisi u-Veldyam ekwa-Sihota. Waza weva u-Noyi ukuba u-Dyan Tshatshu ufikile wasel' etàbatà u-Majacu no-Mxako ukuba bamkàpè. Bafike bambona okunene, waza u-Dyan Tshatshu wayala esiti, "Mnta' kabawo gqoboka." Baza balala, ekutè kwakusa kwenziwa icawa ngumfundisi. Atè

akuhlabela umhlabeli kwangena into yakutsho endlebeni gqobo, yaya kuti xoro entliziyweni ka-Noyi, qwaka wawa isitûlu walila. Atè akuba evukile ebèkisa kumfundisi "Uya yazi na lento ndinayo?" Omnye "Ewe, Ungenwe lilizwi lika-Tixo." Baza bakuba begodukile balala nje, kwasa edlula esiya kwa-Ngqika u-Noyi esiya kuxelela umnta' kayise into ayibonileyo. Utè u-Ngqika, "U-Ntsikana sel' ekô wafika apà evela kwa-Nontlutô. Uyishumayele lento watsho wati, "Mnta' kabawo, nam le nto ndiya yiva ndaye ndikôlwa kakûlu yiyo." Utsho wasuka namakôsikazi akè nanko esiya kwa-Ntsikana eya kumxelela ukuba uyivile le nto ngomnta' kayise, ke kaloku uyakôlwa." Bafikile apô baxelelwa, exela u-Ngqika ukugqobôka kwakè. Atè amapàkti akuyiva le nto yokuba inkosi igqobôkile atètà elokuti, "Siya kukulahla tina siye kwezinye inkosi." Suka u-Ngqika walahla ngenxa yalo nto; ukuze ke u-Noyi asel' efuduka efudukela kula ndawo ibedeshayo kwa-Ntsikana kwa-Nontlutô. Walandelwa ngumzi ka-Pingelo nowama-Rwexu ka-Pûtise noka-Matshaya noka-Hogu uyise ka-Tabalaza ozala u-Bishe wasema-Sukwinini. Bahlala ke. Eli xa ke kusemva kwemfazwe yama-Lindi. Kwaye ke bekutè xa ashunyayezwayo u-Ngqika ngu-Noyi wati u-Nodawuse xa abona ukulila kuka-Ngqika, "Ma ze unditàndazele nam mnta'ka'bawo. Ndiya yifuna le nto yakô." Kutshiwo liqadi lakulo-Anta ke elo. Kwaza ke kwafudukwa ngabo bonke kwa-Nontlutô kwaziwa e-Twàtwà. U-Ntsikana ke uya gula koko umana esiti ubulawa yimilenze ukubalalanisa. Suka kwamkûlela kôna ukufa akufika e-Twàtwà. Uvuke ngantsasa itile watàbatà la madoda e-Lizwi esiti, "Ndifuna ukuya kunibonisa apô nondincwàba kôna." Kusuke u-Ncamashe uyisekazi ka-Koti, nanko esiya kugawula umhlunguti wawuxôla ukwenza ityeya yokuncwàba. Suka lo Ntsikana ndini (igqobôka into ekukàlipà kusimanga) amane ukuzilinganisa esahleli kweli ncwàba nakulo mkôba. Wati u-Matshaya, "Kaloku u-Mkristu yena akanje ngama-Xôsa. Akazange afele ngapàndle kwendlu. Ngoko ke masimtàbatè sigoduke naye." Utè akufika ekàya, u-Ntsikana, "Ingubo yam eli kûshu ma ze ibe no-Kobe lo. Nize ke nina nibe *yimbûmbhà yamanyama*. Ze ningahlukani, ze niye e-Gwali apô ili-Zwi lika-Tixo liya kwabelwa kôna." Akukôv' ukutsho wapûma



B

umpèfumlo wakè eluxolweni olukùlu. Yaza ke le remente yakè yamncwàba kushumayela u-Noyi encwàbeni lakè. Ekubeni bemncwàbile ke banduluka yekoko ukusinga e-Gwali. Ngetàmsanqa bafike kunye nomfundisi u-Buluneli (Brownlee) eliqela la madoda avela kwa-Nobutò epètwè ugu-Noyi, ingu-Matshaya, no-Pingelo, no-Tyòda um-Cira no-Velem. Wamana enqoza efika no-Ngqika apà e-Gwali wada wenzelwa indlu kunye namakòsikazi akè, ebonisa ukulinonelela kwakè i-Lizwi koko esoyika amapàkati. Umana ebuza u-Buluneli lo ukuba ngubani na ikumkani yama-Xòsa? Bati bona ngu-Hintsa. Utè ke, "Hambàni siye kulishumayela eli-Lizwi kuye." Kwaza kwahambà u-Noyi no-Matshaya namanye amadoda bekwèle emaqegwini, umfundisi yena ekwèle ehasheni; waye u-Hintsa oko esekungeneni kwe-Ntlambe e-Gcuwa. Nabo ke beya kuwela kwela-Nyati, abatè ukuba bawele kwelika-Rarabe zaliva inkabi zika-Hintsa ivumbà lebulukwe, zeza zibaleka ngamacalana onke. Base besihla emaqegwini betàtà ihashe lomfundisi bengena nalo etyòlweni. Zitè zakufika kulo zabetà labùqeka tu ityòlo, baye ke se beyibona imizi yakomkùlu. Itè kanti inkosi iya bona yati, "Kà nipùtùme kwela tyòlo. Eza nkabi zinento eziyibonayo kwela tyòlo." Apùtùma ke amapàkati epètè izirweqe. Baqala abantu nyalulu ukupùma etyòlweni benomfundisi. Otùka amadoda akomkùlu abanye bati, "Ngumfundisi umntu wapèsheyakolwandle. Uyapi? Uhambà eshumayela i-Lizwi lika-Tixo." Base bebatàtà begoduka nabo. Bafika ke bakwèlelwa indlu baxèlelwa. Kwati ebusuku umfundisi walunywa yinyoka esandleni. Wati u-Hintsa, "Ma kafunelwe umntu anyangwe." Bati bona, "Hayi siza kumtàndazela." Batsho batàndaza wapila washumayela etolikelwa ngu-Mgcume. Bati bakugqiba bagoduka. Batè bakufika e-Gwali, kwatiwa u-Noyi ma kase u-Buluneli nenkosikazi yakè e-Kapa. Waza wati u-Buluneli akufika kubafundisi e-Kapa, "Ndifike le ndoda igqobòkile kade." Kwatiwa ma ikè ishumayele siyive ukuba igqobòke ku-Tixo opilileyo na. Washumayela umfo ka-Gcinaswa bamvuma besiti, "Hayi ugqoboke ngenene." Wapèhlelelwa ke ngumfundisi u-John Back watiywa igama lokuba ngu-Balfour. Bajika babuya bafika e-Gwali. Labiwa ke i-Lizwi lika-Tixo kuba se beliqela ngoku

abafundisi kusabiwa ngu-Ngqika. Utè ukwaba kwakè, "Omnye ma kaye kwa-Ntinde, kwaza kwaya u-Buluneli. Uya libona ke eli nxowa lise-Gqubeni e-Qonce pàya (Brownlee Station). Kwatiwa u-Bene (Bennie) ma kabe se-Ncera ahambè no-Noyi sel' engu-Balfour ke ngoku, ukuze kuqaleke i-Sinala yase-Lovedale. Iqalele e-Ncera apò njenge-Old Lovedale. Kwatiwa u-Lose (Ross) ma kaye ku-Maqoma. Ukuze kuhlale kuyileke le mizi uyibonayo ema-Pirie (um-Gqakwèbe ka-Lose) nemi-Kùbiso (Burnshill) njalo-njalo. Ndingabala nditini na, ze ndibe ngowanyaka wupina? Kwatiwa u-Thomson ma kaye e-Twàtwà abe no-Mjambà no-Hanise ingqongqotèla zetoliki ebe zidume ngokutolika ngo-Moya." Usukile u-Bene beno-Noyi beza kushicilela i-Testamente entsha yesi-Xòsa e-Somaseti. Lafa ke ilizwe ngeka-Hintsa, ukuze emva kwayo aye kuma e-Dikeni se ku-kò no-Fiti no-Nomtsheke. Waye esiti u-Bene bafuna umlambò onamanzi kuba kuza kwakiwa i-Sinala. Yakiwa ke. Itè yakugqitywa kwafika u-Gaveni (Rev. Govan) ahlanganiswa ke amakwènkwe awabe-Lungu nawama-Xòsa ukuba eze e-Sinala, ukuze ke namhla kuqale kuvele ititshal ezifundisa usapò o-Jacob Bokwe no-John Back Balfour. Lafa ngeye Zembe, kwati ngenxola-zwe kwakò ezinye ititshala ezingo-Tshetshe no-Kleinfelt unyana ka-Mgcuwe no-Robertson Balfour, no-Nyoka Mtyingili, no-Pèla, no-Pepe, no-Niven no-Ntabeni, Apò ke wabùbèla kòna u-Noyi kuse-Lujilo ngo-1873 wancwàtywa ngumfundisi u-Davidson." Lipèla apò ke ibali lokuvela kwama-Kwayi nelokudaleka koburemente bokuqala ema-Xòseni ngo-kuvela kuka-Ntsikana etwètyulwengu-Tixo, ukuze ashiye iqaqobana la-Makristu epètwè linyange elingu-Noyi, abaseka bapèmbèla kulo nabafundisi bokuqala kumhlaba wase-Gwali, oludumo lungenga ngani kwibali lobu-Kristu balo lonke eli lase-ma-Xòseni. Abukalibaleki nanamhla nje oku ubu-Moya nobushushu kwa nokunyaniseka kwama-gqobòka okuqala ehlumelo lase-Gwali nenzalo yawo. Nana-mhla oku isengumgca ogcinwe libali elingadimaliyo loyise noyise-kulu abayinzala yokòlo lwase-Gwali. Hlala uhleli vutà wedwa wena Tixo ka-Ntsikana. Pèmbà umlilo wokutànda Kwako wena Tixo wase-Gwali! ! Lipela apo ke zinkosi ibali lama-Kwayi ngokuba akwayayo ngokufana nama-Cira ama-Bèle nama-Hlubi.

Pàmbí kokuba sidlule kumcimbí wokwalamana nokuzalana kwezizwe ngezizwe, ma singalishiyi inqaku ngokumayelana nama-Bèle, nama-Hlubi. Uya sibalisela u-Mr. Malgas kwi-*Mvo* ka-January 1917 esití, "Ama-Bèle la ngabantu banye nama-Hlubi. U-Hlubi i-Bèle wendisela intombí yakè kwinkosi yaba-Mbó kwase kusitíwa inzala yale ntombí ngama-Hlubi apûma ku-Bèle inkosi yaba-Mbó ezala u-Lufelelwenja, ezala u-Sidwaba-senkomo, ozala u-Siqânyana, ozala u-Mowu ozala u-Muhuhu, ozala u-Mhlanga, ozala u-Msi, ozala u-Mzimkûlu, ozala u-Maseko, ozala u-Ndlovu, ozala u-Malunga, ozala u-Dlamini, ozala u-Mtímkûlu ozala u-Ncôbo kwindlu enkulu, azale u-Radebe kweyase-Kunene. U-Ncôbo ozala u-Dlomo, ozala u-Mashiyi, ozala u-Ntsele, ozala u-Bûngane, ozala u-Mtímkulu lo wabulawa ngama-Ngwane ukuze kucítàkalwe e-Ntla." Eli nqaku linamandla kakûlu xa lipûma kumfundisi oli-Hlubi no-Mbó ngokwakè ngokuzalwa. Mna nje ngombàli we-"Ntlalo ka-Xósa" nanje ngomntu otânda ukuzicûkusha ukuzilanda ingcambû zobuhlanga buka-Ntsundu, be ndihleli ndiqonda ukuba aba-Mbó, ama-Bèle nama-Hlubi amelwe kukuzalana. Pófu ke nditi ndinjalo nam, ndihlale ndinqatyelwe kukuyiqâgamshela lo ndibano. Namhla ke undiwezile u-Mr. Malgas, ndimbulela ngokukûlu ngeli nqaku kuba be lindikàtáza.

Sinani na ke sakuvumelana sonke tína mzi u-Ntsundu ngento yokuba kutè kanti akukó nto ingama-Hlubi enyanisweni. Kuba la ma-Hlubi sití tína ngawo, itè kanti ikwa ngama-Bèle. Awu! Hayi kambè ibali bafo ndini!

Ma kè sityeke kancikane, sibe ngokwenje njalo oko sisenzela ukuze senze abembalwa ngaba-Twà nama-Mpondomise kwa nabazalwana babo, ukuze kube mhlopè kuwe xa silapá. Aba-Twà aba wena lwaluhleli lulumelwane nezihlobo zetû mzi u-Ntsundu kwanini. Ekubalandeleni sibafumana benendibano etile yokuzalana nama-Mpondomise la, kuba ebehleli ezekelana, esendiselana nawo. Pófu ke noko akulula ukulanda isimo nentlalo yabantu ekungatíwa ngabeminquba, namatânga, namapûlo ukuxelwa. Kanti ke nakubeni kwa kunje sifumene mhlopè ukuba aba-Twà aba nabo, yayingabantu benenkosi zabo. Pàwulani balesi ukuba kuba-Twà inkosazana engu-Nohanisi yapàtà ubukósi nje ngomhlekazi nomfikazi olungileyo u-Queen

Victoria wasema-Ngesini. Pofu ke noko zimbalwa inkosi esiziqinisekisileyo ekulandeleni kwetù, nakubeni kunqabe kunene ukulanda ukuzalwa nomlibo wazo. Isizatù sikwa kule nto yentlanga zase-South Africa ukuwatyàfela kwazo ukuwabàla amabali azo. Sifumene ezi nkosi kuba-Twà, u-Nohanisi, u-Mzimbà no-Luhayi. Saza safumana kwakòna ukuba bobabini u-Nohanisi, no-Luhayi bazeke amadoda angama-Mpondomise. Lenje nje ibali lalo mzi :—" Aba-Twà aba babesakuma e-Mhlwazi, e-Ngqaka, nase-Nxu, apo imantyi zibenze kona abantu bokude barafe naku-Rulumente. Babaluleke ngokutshaya umya, benentolo ezinobuhlungu obubukàli kunene—inyembè ngegama, ekulweni nasekuzingeleni inyamakazi. Benamagqira amakùlu emvula benazo kwa nezitèmbù zabafazi. Kodwa ke ngenxa yokunqaba kwentetó yabo nokutànda kwabo ukuhlala emahlatini, nasemaweni, nasemiqolombèni, benokubandwebela abezinye intlanga, kunqabe kakùlu ukufikelela ekuwazini uwaqonde amasiko nenkonde kwa nezitètè zaseba-Twèni. Bebedume ngobugcali bokucàna ekutoleni. Umfo wom-Twà nditètà wozilandelisa zide zibe ntatù nanê intolo zipùma; oluya lokuqala lungekafiki apó lusiwa kòna. Ngumfo owotola ebànaneni isefwada alushiye apó olo tolo entsimini yomntu, kanti sel' ilupàwu olo. Woyipùtùma aze kuyitya sel' ivutiwe. Aba-Twà abakàtàlele manzi nakuhlambà. Amadoda abinqa iqiya esinqeni apà, umntu ahambè nje ekubeni abafazi bona besambàtà amagqabi emiti kupèla. Ngapàya kwezapètà nentolo zabo, banomkòntwana apà omfutshane wokubulala into; pofu bengasebenzisi makakà nje ngezinye intlanga. Babulala nendlovu le ngezintolo zabo. Kuba boqala ngokuyitola emehlweni apà bayityàpàze ingaboni, kanti se beyixakile. Banobucùle obukùlu nasekuloheni intlanzi emlanjeni pàya bengenahukwe yakuqàkula, kupèla babopèlela ilungwana lenyama encamini yentambó pàya, ize ke yona intlanzi le nantso ibimbiliza iginya, kanti kupèlile izuzekile. Bazitànda kakùlu ibànana, pófu bengazilimi. Bowunewasa njalo umzi onazo. Bezibonile bokwèla njalo bazikè abazifunayo. Ehle ke umnumzana, ze ke abopèlele emtini apà inyama yenyamakazi ekuvelwa nayo epùlo ukuhlawula umnini-ntsimi. Zintlalo zaba-Twà ke ezi." Batsho ababalisi.

Mayela nobudla-bantu ama-Lawu naba-Twà abazeki ukuba

bebemtya umntu ukanti zona izizwe ezi-Ntsundu ezingase-Zantsi be zibatya. Kutândwe ukuti xa kubulewe umntu obalulekileyo elutshabeni kutyiwe (kufukutwê rwada) intliziyo yakê (ipâpû) ngokunqula iminyanya, kwaye kusitiwa kwakuzuzwana namandla nobugořa bakê ngokwenjenj-lo. Be kuzindlwa kwa nokuti bebebangwa nalipângo emva kokusukelana nokubambâna notshaba ezi mini. Kuqondekile ukuba kulo maxesha zikô intlanga nezizwe ezi-Ntsundu ebeziyitya inyama izidumbû zabantu ezilwe nabo emadulini zaza zababulala. Kutiwa zinto ebe zisiti xa kudliwa le nyama ubone ngemincili yazo, kunge kutyiwa eyenkomo ingeyo yabantu.

Le nqubo kulula nati beli xesha ukuba siyikôlelwe ukuti yayinokwenzeka kumzi o-Ntsundu. Kuba abantu aba-Ntsundu akufumaneki bunqina bokuba bebebanewâba abantu abasakuba bebulewe ezimfazweni pâya, koko bebeba zizisulu zokutyiwa ngalo mařamnewa asendle. Bambi bafe lipângo nangamanxeba, kuba bengenabongi nje ngakule mihla yenqubela. Oko ke kukuti be kusifa nababe nge besindile mhlaumbi, baye okunene mababe bebe batya okuya nje amagqiřa ebeewila indawo ezitile enze ngazo amayeza atile obuqili bawo. Xa le mikôndo yala mahali iyinyaniso, umntu ke ube tyiwa ngale ndlela. Nentsomi zaba-Ntsundu zamagongqongqo nezidla-bantu zalatâ kwa lo nto. Uya bulawa umntu entsomini apêkwe, axôxwe adliwe.

Ukwalamana kwabo (ba-Twâ) kubonakala ngokuti u-Nchwini eyona nkosi indala yom-Mpondomise yazekayo ishweshwe um-Twâkazi (umfaz' obele-nye) ozele u-Ciřa, ekubene u-Dosini engunyana omkûlu wale nkosi ozalwa ngum-Qwatikazi. Kwa nje ngesika-Ciřa ema-Xôseni, lo Ciřa wasema-Mpondomiseni, engunyana weshweshwekazi nje, wapûmelela ekubeni ibi nguye eyona nkosi ema-Mpondomiseni ngokumoyisa u-Dosini bebesilwa. U-Ciřa lo ubesakuma e-Lotâna ngase-Ngcolosi. Nanzi ke intloko zombuso wasema-Mpondomiseni:—Inkosi oko kutsho ngu-Mpondomise, no-Ntose, no-Newini. Lo Newini uzele u-Doşini, no-Nqabashe, no-Ngqukatâ kwindlu enkulu. Ekunene yangu-Ciřa; no-Mtê, no-Majola, no-Ngwanya, no-Pâhlo, no-Hlontsi Ku-Hlontso apâ kwindlu enkulu kupûme u-Mngcambi, no-Myeki, no-Matiwane, no-Mhlontlo. Ekunene yangu-Mgabiso, no-Velelo, no-Diko, no-Mditshwa, no-Mtshazi.

*Ama-Lawu naba-Twa.*

Wenje nje umbalisi u-George Theal ukusibaliscla ngama-Lawu naba-Twa:—"Ama-Lawu ebezifuyile inkomo negusha ezitânda nokuzitânda kakûlu. Ezi mpahla be ziqeqeshelwa imicimbi yemisebenzi etile; inja yaluse igusha. Ubisi lwenkomo namasi azo asikukô nokuba ebetândwa. Inkabi ibingafumane ixêlwe lihlwempu ngapândle kwaxa ingumcimbi wesiganeko esikûlu. Ezi nkomo be zibuncinane noko ngesibili nesitômo, negusha ezi zahlukile zingafani nezasema-Ngesini e-Yuropu. Ama-Lawu la ebesitya amasi nenyama yenyamakazi ebezizingelwa ngokusukelwa zibulawe. Ebesitya inyama yempahla emfutshane nefuyiweyo kwa kunye nenkumbi nengcambû zemiti yasendle etyiwayo ebifumaneka ezindle nasemahlatini. Abasezinxwemeni zolwandle bebesitya intaka nenyamazana ezininzi kunene kwa nengulube zaselwandle, kude kube yiminenga ekûtshwe pândle lulwandle seyifile. Akukô nto ibinokutyiwa yimfene nalixâlanga bebepôsana nayo. Bebesitya xa befumene into etyiwayo kungamiseleke maxesha. Ebeyitya ngokuyipêka, pôfu neŕwada maxa wambi. Ukuncôla kwawo emzimbêni nobuŕwambû-ŕwambû bawo abunakubaliswa mntu emhlabeni apâ. Yinyongo yodwa abebeyilahla empahleni, kuba lona igazi nombilini ibiyeyona nto. Ebengazi nto wona ngolimo lomhlaba, enyaniswени kodwa ebengezidla-bantu. Bebesenza uytwala ngobusi, kuba bebubabuninzi kakûlu ehlotyeni, buvutyelwa ngomgubo apâ wengcambû etile esilwayo. Utywala bolu hlobo ke, be bufunyanwa xa elo emnyakeni, kuba xa se benziwe bohlala usuku nambini bupêle. Ebetshaya umya into apâ ebenxila yiyo umntu lo apântse ukufa pê. Elibe lise liyingedle be lisuke life nemilenze le ibe yilonto; umzimbâ lo ube yinyoka. Kwanceda ukuba engakwazanga ukuwulima nge atshabalala kwapêla ama-Lawu la."

Ma sitâtê aba-Twâ kaloku. Ngaba-Twâ uhambisa enje nje umbalisi u-Theal: "Aba-Twâ bebehlala emiqolombêni pâya, bebanzana ngokwanda kunama-Lawu, kuba bona bebefunyanwa bexubene nama-Xôsa, ama-Mpondomise kwa nama-Tshaka em-Pâkatini pâya. Pôfu um-Twâ nokuba umfumana pi na akahlukile kumawabo ngentlalo nemikwâ kwa namasiko akê. Umfo waseba-Twêni akakufunyanwa engenwe yincubeko yale mihla, nohleli entlango pâya usafumaneka esanamatêle kunene.

kwinkonde nezitėtė zonina-kůlu kwimicimbi enamandla. Ekufikeni kwama-Ngesi afumene aba-Twȧ bepȧngana nempahla le yama-Lawu; baye aba-Twȧ besiti le ntiywano indala pȧkati kwabo nama-Lawu. Pȯfu be kumelwana noko kuhlalelwane nakwezo meko. Aba-Twȧ zinqupėpȧna apȧ ngezitȯmo, ingabantu ababi kunene kuzo zonke intlanga zase-Africa. Bazibalula ngamehlo abukȧli nakȧnyayo ebona bukȧli kunene. Zimfaqala nenqovu-nqovu ezi mini ngendlala ufike sijinga sodwa eso sikůmbȧ. Kanti ma batye inyama inyanga ibenye, babetė batyebe ungabazi ibe zimpuluswa ezi. Umqolombȧ uvalwa ngamasetyana emiti emnyango apȧ, umhlawumbi umpȧkati wetyȯlo elinameva utiwa jikelele ngemfele zenyamakazi kanti yindlu nekȧya ke elo. Kungenjalo ma kumbiwe umngxuma buřombȯnca emhlabeni kubekwe amanqwanqwa nokuba ngamatye ngasemnyango, kutiwe hatya isikůmbȧ ngapėzulu kopȧhla lwendlu. Maxa wambi kokůswa ngokůko kweli cala livela umoya (intlengetwȧ) kube kupėlile ke kusekȧya apȧ. Kobekwa ncana yandlalwe uti wena yindlu yenciniba, kanti kuza kulalwa apȧ nosapȯ yonke lonto ifumbȧlale apȯ. Kuba-Twȧ ke iqȧyiya lomfo nomkakė ngendlu yakė alinga nganto.

"Kutyiwa imifuno, ingcambů, imiti yasendle, intubu nembȯvane; inkumbi, nenyoka namabululu entlobo zonke, amasele nenyamakazi zasendle kwa nempahla le yasemakȧya ngokubiwa. Yopėkwa lo nyama-ngwa eziko. Aba-Twȧ banokuhlala ixesha elide belambȧ bengatyi. Kodwa baxėlele inyama, abakwahlukana nayo ingapelanga. Abanangomso lanto, ma bahlutė ngoku (asimfuza yama-Xȯsa na le mlesi?). Befumene ixȯba loxėlwa lipėkwe qole kubetė kuhlutė nenja nexȧlanga, nentaka ixwitȧ kwa lapȧ. Boximfana nayo njalo ide ipėle; lo pėla sonwabe ukuze Aba-Twȧ banqenwe zizo zonke ezinye intlanga nje. Ngabafo ababedume ngentolo nezapėtȧ ezenziwe ngomtȧna omhlana otȧmbileyo zatȧndwa ngosinga lwenkomo. Intolo ezi izezengcongolo, igcwilika le iycyetȧmbȯ eliloliweyo. Incam yotolo notȧndo oluya lutyikilwe ngetyėfu ebukȧli bubodwa; ze nenxetyana lingepi nje kanti yoselwe wena. Bebesazana nentlobo-ntlobo zobuti (ityėfu) beyifumana kwingcanjana ezitile nohlobo olutile lweqonya kwa nenyoka. Aba-Twȧ amazingela amakůlu ebesimbȧ imihadi yokubambȧ inyamakazi,

busika ehleli ebukwêni; kupêla ezingelela uso-mfazi, imbêko nentlonelo enkulu ke leyo-umntan' onesimilo imbâli. Baya pêpâna nomkwêkazi abatêti bobabini, abe ekwa njalo umolokazana lo kuyise-zala (okufana nokwasesi-Xôseni kanye). Aba-Twâ asibantu ububele kubamelwane. Kopêkwa lo mifuno nengcambû ezirara kunene. Oko aya kutya apîle umntu kuhle. Koququzelwa kupûlwe kubekwe apâ ntimfa. Ngonqulo bebenembâli ngomntan' ezulu benenkolelo etile, kanti batândaza elangeni, enyangeni, nasezinkwenkwezini. Bebekôlelwe kumagqira emvula, amagqwira, izilo zasemanyangeni, nezipôselo ekubeni benentsomi ngokuvela kwenyanga. Yaye le nto iyinyamakazi ikôlelwe ngum-Twâ ukuba inengqondo nangapêzu komntu ngokwakê. Kwizizwe ezise-Afrika ezi-Ntsundu nezigwangqa kuya mangalisa ukufumana aba-Twâ nama-Lawu asendaleni efana kangaka ngemikwâ namasiko entlalo; kude kuye kwinkolo-nkolo zawo nje ngabantu. Ezi ntlanga zombîni zibonakala ukuba zibângiswe msinya kakúlu yinto yokulahlekana zinganamatêli ezinkosini nje ngezinye intlanga ezi-Ntsundu. Siya shenxa ke ngoku kuma-Lawu naba-Twâ sipîndela kwa kuma-Mpondomise.

Lipâwule igama lika-Cira kweli bali, kuba likô nje apâ ema-Mpodomiseni sinalo ema-Xôseni, apô ama-Cira apûlukwa bubukôsi ngokuhlomla ipûti. Akubanga njalo kôna kulo Cira wasemaMpondomiseni. Kuba utê yena ekunene kowabo kwa-Ncwîni engoweshweshwekazi, suka wavelela wayikumkani yalo lonke elasema-Mpondomiseni. Eli gama lika-Cira lifumaneka kweli ziko libonisa ubumelwane nokuzalana kwama-Xôsa nama-Mpondomise. Kwezakwa-Cwera inkosi igama lika-Mlawu leliya likôyo nakwezasema-Xôseni; nelika-Lutôli lelase-Lusutu. Kuze kutî xa kubaliswa pâmbili ngapâya kuka-Ncwîni lo elika-Sikômo nelika-Malangana avelele, kuba ingawenkosi ezindala zasema-Xôseni. Amanyange asema-Mpondomiseni atî apûma ku-Mhlaba, ku-Ntu, ku-Sikômo, ku-Njanye, ku-Zangwa, ku-Malangana, ku-Mse. Ku-Mse apâ sisahlukano sala ma-Mpondomise akwa-Mtwâkazi; kuba wona ibubukumkani ingebubo, kuba ibobeshweshwekazi. Amasiko esitêmbû, nongeno, nopûndlo, namanye anjalo akô ema-Mpondomiseni; zaye inkosi nezizwe ezizalana nama-Mpondomise la ingama-Çwera, nama-

Mpinga, nama-Mpondo. Inkosi ezipâmbili zama-Cwera nanzi:—Njembû, Mlawu, Mbeki, Siyoyo, Rotoli. Ezama-Mpinga:—Majali, Ntswele, Ngoni, Mdedele. Ezama-Xesibe:—Jojo, Makaweni. Ezama-Mpondo: Ngqungqushe, Faku, Mqikela, Mpondombini (Sigcawu). Ezaba-Têmbû:—Malandela, Mguti, Bomoyi, Ntande, Nxegwa, Dlomo, Hala, Madiba, Tâtô, Zondwa. Kulo Zondwa ngu-Ngubencûka no-Mtirara. Kwindlu enkulu ibe ngu-Jumbâ no-Mgudlwa ekunene. Ku-Mtirara ngu-Ngangelizwe no-Dalindyebo, no-Jongilizwe kwindlu enkulu; ibe ngu-Mâtanzima no-Mafu ekunene. Ze ku-Mgudlwa kupûme u-Langa no-Aleki kwenkulu; ibe ngu-Falo no-Matsolo ekunene. Ezama-Gqunukwêbe ngu-Gqunukwêbe, Kwâne, Cûngwa. Ze ku-Cûngwa kupûme u-Pâtô, Dilima, Nambâ, no-Mnyatêlikwi ndlu enkulu' Ekunene ibengu-Kama azale u-Mani no-Ngangelizwe kwindlu enkulu no-Xânti ekunene.

Oku kwaneka kwetû nokudwelisa amagama enkosi nenkosana ezipâmbili ze sakubona ukuba senje njalo singawalanda-landi ngokubalisa ngawo ngamanye ma kungakupitizelisi wena mlesi wale ncwadi. Ayisafuneki nganto lo nto kuba wonke ngu-Ntsundu mnye. La kupêla ngamaziko-ziko kubukumkani obunye, ebe buzekelana busendiselana kwanini. Asinagama sikê salinyula ebukósini salibalisa ngalinye ngapândle kwesiganeko. Nemfazwe zonke sizishiya zihleli nalo mabali azo makûlu emnandi kananjalo; sazimisela kupêla ukuhlalela ezona ntloko zipâmbili Ishiyiwe iminxilo, kuba ukucazulula into nganye ngumzamo nomsebenzi oyaneleyo incwadi nganye nokubana ikwa nga ngale.

Amanxowa enkosi ase-Mpumalanga apô kwehliwa kupûnywa kôna, kuhanjwa kusukwa kuhlalwa, ayilo miřozo izisa neno. Wohambâ uwabetâ ukutâbatêla e-Mzimvubu, emi-Tâtâ, emi-Bâshe, ude uze nawo koma-Gcuwa, kozi-Nciba, koma-Bôlo, koma-Qonce, koma-Tyûme noma-Gwali. Wowatyûtyâ ke wenje njalo, ude uye uwapôse nase-Mnyameni nakozi-Nxuba pâya. Ezi ke zezinye zendawo ebe zingamanxowa namancwâba enkosi zasema-Xôseni; saye nawo singa kude siwalande onke, aze nalawo siwafumeneyo siwanxulumanise namagama abalele kuwo ngengqiniseko maxesha onke, ema se sizitômakalalisa koko sinakô Elika-Tshiwo nalo e-Ngcwanguba nganeno ko-Mtâtâ, elika-

Sikómo lise-Ntumbánkulu pésheya ko-Mzimkúlu. U-Togu ufele ema-Mpondweni kulo mimandla yase-Mzimkúlu. U-Pálo uncwátyelwe e-Tóleni e-Tóngwane apó isemiyo nanamhla nje oku imiti awayeyityalile kóna. U-Rarabe lise-Ntabengxoki e-Xuka. U-Gcaleka uncwátyelwe e-Msuze e-Kwelera kufupi ne-Nciba. U-Káwuta uncwátyelwe e-Mnyameni kwa-Centane. U-Hintsa lise-Nqabara nganeno ko-Mbashe. U-Rili lise-Sholora e-Mngazana pésha ko-Mbashe. U-Ngqika nalo e-Mkúbiso kwa-Lanki (Rev. J. Laing). U-Sandile likwa-Hoho ehlatini enkontyweni yalo. U-Maqoma lise-Mtóntsi. U-Mapása lise-Tútúra kwa-Buru. U-Xóxó likwase-Tútúra e-Tsonyana. U-Sigidi lise-Cizela e-Dutywa. U-Buru lise-Kóbonqaba kwa-Centane. Elika-Anta lise-Ntsikizini; nelika-Bóbózayo likwakóna nganeno kwe-Katikati. Elika-Feni lise-Qólora kwa-Centane. Elika-Oba nalo e-Gxwetera ngase-Dikeni. Elika-Kona Maqoma lise-Gqunqe kwa-Centane. Elika-Gonya lise-Qombólo kunye nelika-Noposi komkúlu kwa-Sandile kanye. Elika-Faku lise-Xesi kwa-Kama. Elika-Matánzima lise-Qonce. Elika-Gumna lise-Johannesburg (wafela kóna ehambéle). Elika-Sigcawu lipesha ko-Mbáshe e-Mngazana. Elika-Lindinxowa lise-Ntlabane kwa-Gatyana. Elika-Ngxitó Ncambá lipésheya ebubanjweni. Elika-Sitata lise-Qwaningae-Dadambá; laye elika-Hamlana Anta lise-Wili pákati kwe-Nxaxó ne-Ngqusi.

Amancwába namanye amanxowa ecala lase-Mbó angahambá efumaneka ema-Mpondweni kwa-Faku. Angati ukutátela apó atáté kwa lo mkóndo uhlayo wala asema-Xóseni kuma-Tshawe. Le ndawo yokwenje nje komkóndo wamanxowa isibonisa mhlopé ukuba aba bantu behle bevela ngase-M pumalanga, kuba namagama emilambó akwa yityila lo nto. I-Tóle eli lingena e-Nciba libe negama elitsha mhlenikwezeni ama-Xósa acitá aba-Twá bemi kóna. Batí kuse-Tóleni betíya ngelinye i-Tóle elikufupi ne-Tina apo ayemi kóna ngapámbili. U-Mcucu lo ungase-Mtónjeni watíywa ngalo mcucu ungase-Gwadana; yaye i-Kei Road (u-Mtómbo) ususela e-Mtonjeni lo usemazantsi e-Gcuwa. I-Kóbonqaba (Adelaide) lisukela kweli likwa-Centane. U-Mgwali wakwa-Ngqika usukela kulo waseba-Ténjini. U-Qoboqobo e-Koloni entla kwe-Rabula páya ufuzisa lo Qoboqobo ukwisiqingatá sakwa-Centane. I-Cegcuwana pésha kwe-Gcuwa

lisuka kwi-Cegcuwana lapèsha ko-Mbâshe. I-Bâlasi lase-Qonce litâtèla kweliya lakwa-Qumbû. I-Rode e-Qonce ngase-Tamara lisuka kwela Rode lapèsha ko-Mzimvubu ema-Xesibeni. I-Nxuba ne-Nciba kuyelelene kakûlu ngokunjalo kwa ne-Nqweba. Likwanjalo i-Bôlo ne-Bôlwana, ne-Bôlotwâ. Ama-Bèle akô emantla o-Mgwali ka-Ngqika, aya fana nala ase-Mabèle (Railway Junction). I-Nyityaba ku-Mcotâma ka-Rili kwa-Centane incntsobi ne-Tyityaba ngase-Qumra. I-Qombôlo likô kwa-Centane nase-Tsomo ngakwa-Cofimvaba. Niti ke nina yinto eyakâ yakô na ukuzalana abantu bengabemi balo mhlaba kanti se kuza kuzalana nalo utyala intselwa umhlaba? Bubunye begazi nomhlaba obakuze bahlulwe yini na obunje? Aba bantu ke wena bahambâ beyitiya le milambô ekuhleni kwabo, bepâtâ kutyala nemiti yabo yamayeza (amaxwèle akudala ke wena). Imihlonyane, igqwaka, iqwili, indawa, inyongwane, itshongwe, umtômbôti, inzinziniba, umhlabelo, umkwènkwe, njalo-njalo. Babemana ukushiya amanxowa ngokwesiko labo kude kube namhla nje. Ngumkôndo mnye ke lo ukuvela ngase-Mpumalanga.

Ukwenje nje oku kukuti ma ubone awabekukô u-Ntsundu lo kwa nentlalo zakè uzinakane. Saye kanjalo sijonge ekumlandeni siya silahla kwinto ayiyo namhla. Wonke ke lo mhlaba ude waya kuti xâ e-Mnyameni pâya wabe ungowasema-Xôseni ngokumiwa nangokulawulwa. Bubone ke nawe oko babunjalo ubukûlu bobukumkani buka-Ntsundu ukûmbûle ukuba bungasento ikôyo. Ngokwamanyange u-Xôsa lo wapûma ku-Dali bekunye nom-Lungu. U-Xôsa yena utânde wanamatèla enkomeni apâ kwasendalweni, wapûma nazo ke. Usele yena um-Lungu kuba engatè-ni nazinkomo elindele ubulumko (esika-Solomon wakudala) ade wabunikwa wabufumana bonke. Yintsomi yasemanyangeni ke le esingcde siliqavise elokuti ayinabunyaniso banto. Kôna ke kodwa ukudalwa komawokulu betû o-Adam no-Efa ngotûli lomhlaba bapèfunyulelwe ngu-Tixo ematâtèni apâ benziwa ngewele bebekwe kulo myezo wase-Edeni bawela kuwo esonweni njalalo-njalo. Yeyona ntsomi kantsomi leyo kumanyange siku- tyela tina.

Siyingene kade ke imvelo ka-Xôsa nakô konke okwabe kungu-Ntsundu sakunqikela pândle sitshayelela xa kulapâ.

Ke ma siwungene siwuhlele owona mongo we-"Ntlalo ka-Xosa." Ugama lo sibe sisapêndulana nombuzo otî, wayengubani na, emi pî na, ezalwe pî na, ezalana nabani na yena lo Xôsa kutêtwâ ngaye?

# ISAHLUKO II.

Esi sahluko sipêtê imitêtô ka-Xôsa. Sibalisa ngonqulo, imfundo, ubunqenera, ukukûtâla nezambâtô zasema-Ngesini. Intlalo le yinto yemitêtô. Yabe iminінzi eka-Xosa imihle kunene. Ngokumalunga nexesha lokuzalwa nelokwaluka kwa nelokufa kwenkosi zakwa-Xôsa, zikô afumanekileyo amaxesha la okanye ngokusondeleyo.

| | *Wazalwa malunga* | *waluka malunga* | *wafa malunga* |
|---|---|---|---|
| Xôsa | | 1535 | |
| Malangana | | 1560 | |
| Nkosiyamntu | | 1585 | |
| Tshawe | | 1610 | |
| Ncwângu | | 1635 | |
| Sikômo | | 1650 | |
| Togu | | | 1687 |
| Ngconde | | | 1690 |
| Tshiwo | | | 1702 |
| Palô | 1702 | 1720 | 1777 |
| Gcaleka | 1730 | 1750 | 1795 |
| Kâwuta | 1760 | | 1817 |
| Hintsa | 1787 | 1807 | 1837 |
| Sarili | 1820 | 1836 | 1892 |
| Sigcawu | 1843 | 1860 | 1921 |
| Gwebinkumbi | 1877 | 1895 | 1925 |
| Ngangomhlaba | 1902 | 1922 | 1933 |
| *Ekunene* | | | |
| Rarabe | 1722 | | 1787 |
| Mlawu | 1753 | | 1786 |
| Ngqika | 1779 | | 1829 |
| Sandile | 1820 | 1840 | 1878 |
| Gonya | 1846 | | 1909 |
| Faku | 1873 | | |
| Archie Velile | 1905 | 1925 | usekô |
| Ndlambê | 1755 | | 1828 |

Yabe imininzi imitêtô ka-Xôsa imihle kunene. Kananjalo ikô pôfu nemanyumnyezi ngokukodwa kula maxesha okânyo. Kodwa yabe ifike yamangalisa kunene ngokusuke ifuzise le mitêtô ili-Shumi yo-Somandla isesi-Bâlweni Esingcwele, kwesamanci omabini kweye-Kesedosi. Ubusela, ukuxoka, ukuřexeza, ukukônza tixo bambi ingengabo abamiselwe ukuba bakônzwe. Ofunyenwe eyapûla le mitêtô ubesetyenziswa ngokwasemtêtwêni wasezilawulini ema-Tshaweni. Wonke umntu lo be kufuneka ebahlonele wababeka abangabazali bakê. Bonke abantu abakûlu kunaye; oko kutsho abangentanga yakê. Yada ke le nto yalisiko elazekayo esintwini sonke. Be kunjalo kanga ngokuba ongumntwana ubenokutûnywa ngumntu wonke ahlangana naye nokuba kupi na. Kufana nokuba ungowomntu wonke ehambâ nje. Pêzu koku ubenyanzelekile ukuba ma katôbele ngokutûmekelela okanye enokohlwaywa ngulowo asukuba emalela akumtûma. Noyise ke bayiva into enjalo wok' eve ukutywatyushwa lo mntwana wonakalisa igama lobunumzana babo. Yabe yonke ke into eyinkohlakalo yab' itiyiwe ngumtêtô ka-Xôsa.

*Unqulo.*

Mayelana nonqulo be kukônzwa omisologu, kunqulwa iminyanya; izinto apâ ebe kutiwa kuya dityanwa nazo zabe (ngabula bona) zinamandla okubabulala abanganyanisekileyo kwa nawokutâmsanqelisa abasukuba bekôlekile ekunquleni kwabo otixo baselu-Hlangeni. Lo Tixo wenyaniso utêtwâ ngamakôlwa, lo Menzi wenkwenkwezi nozilimela (ngabula Mprofeti u-Ntsikana) ubesaziwa ukwaziwa oko kodwa; inge nkosi noko be kungade kugotywe kuqutyudwe kuyo kusitiwa, " Bawo wetû osezulwini." Kwakungekô nanto yabe ifana nolu suku lwe-Sabatâ ye-Nkosi; umhla wokuyipûmlela yonke imisebenzi yetû yemihla ngemihla; kungaziwa nandalo ka-Tixo yantsuku ntandatû, alupûmlele olwesi-Xênxe. Be kusuka kunqunyanywe emisebenzini yemihla ngemihla ngokuzilela ofileyo elapâ, mhlawumbi ngokubikelwa ngumntu ohambâ ngenyawo ukuba akakwêle qegwini lakê. Kuba kaloku iposi le izalise ilizwe ngolu hlobo lwangoku yabe ingento ikôyo. U-Tixo lo kwakutiwa ukubizwa kwakê ngu-Dali—u-Qamata. Atê

esaziwa ngale ndlela pôfu, suka nanko kukônzwa omilambô, inyoka, ohili, ingwenya, intaka, izivivane, impundulu, imishologu ngemishologu esingeyiti nqa, Umntu lo nexego elimbâla ebengena kufa kanti akabulawa nto ; ema kafe ke nalowo ufumaneka ebagqiba ukubabulala abantu benkosi. Be kunjalo.

*Omapûpâ.*

Ema-Xóseni le nto ilipûpâ asikukô nokuba ibinxulumene nenkolo-nkolo zasemanyangeni, naxa be lilodwa noko ipûpâ nje, likô geqe nelasemagqireni lokutwâsa, umntu abenesilo apâ apikelene nokumana esipûpâ le mihla akulala ; ize kanti ke wosel' etwâsa ngaso. Emveni kwezi ntlobo zimbini zamapûpâ, kube kukô ukuti " umntu unepûpâ "—upûpâ izulu, upûpâ umlambô, upûpâ inyoka ; kube ke kutêtwâ impundulu ; eli zulu, u-Hili, nokuba li-Cânti (u-Mamlambô) lo mlambô, nenyoka ke. Olu hlobo lwepûpâ lolona lunzulu ngobuqili, kuba kutêtwâ indoda engu-Hili ehlala emlanjeni ezingcongolweni, nendoda eyimpundulu ehlala emafini. Eyesitâtû ke yindoda eyinyoka ekôlisa ukuhlala nasemseleni apâ, nakwezinye ke indawo nje ngasemlanjeni nasemtônjeni pâya. Bubuqili obebudla ngokuhambâ nobulawu apâ abebufunjatiswa ngunina umntu owendayo kutiwe le nto ke yifihle, wotândwa ube nesidima emzin' akô. Womana ehlambâ ngayo ke wena lenyewetambisa la mafutâ, suka exesheni apûpê irwanqa lomfo omlom' obomvu uyelele kowentaka pôf' ingumntu. Kutêtâ kokubini kwa sepûpêni apâ, kanti sekoda kutândanwe ; esomntu nesoka wena waziyo. Ngokukwanjalo ku-Hili nenyoka. Emzuzwini kopêla kôna ukupûpâ, suka la maqabane impundulu, nenyoka, no-Hili abonakale nje ngoko anjalo kumkawo apô, ambalele ngokuzana kwawo. Lenje nje ke ibali laye linzima ukukôlelwa kanti ke noko liyinene lona, kuba umzi o-Ntsundu lo wazi pântsi napêzulu. Kufana namhla u-Efa watêtâ nenyoka imhenda, suka akotûka wonwaba ekutêtêni kwakê nalo mhlobo. La magama ezi zilo nenunu sizibalisa kwesi siqendu amele izinto ezizizambûku. Nakubeni kungenakuqondeka. Kumhlopê ukudaleka kobuqabane pâkati komntu nentaka-mntu (impundulu) nesilo-mntu (u-Hili) kwa nenyoka edalelwe ukumlwa umntu. Kodwa ke ma kuti kunjalo sikûmbûle ngobuqôkolo benyoka yase-Eden

nangezitixo-tixo zasezindimonini emanzini pântsi komhlaba. Kunje ke wena kuhleliwe nje mayelana namapûpâ ahambâ nobulawu ngokukodwa kule mpi yasetyini, yaye isenamandla nanamhla oku. Hayi intsula-buso! Inene apô kuko utândo ihleli iko nendlela. Pôfu ke namadoda anabo o-Hili no-Mamlambô ngokwebali. Kutiwa u-Mamlambô endodeni yinto eyenza indoda ibe nenkomo. Zize zande ibe sisivundi nasekutyeni. Be kunje kumanyange; kukôloswe ngamadini nemibingelelo, kusitîwa zizinto zokupila emntwini nezinika amendu, kuba ibingamazingela nabapûmi-mikôsi. Be bukôlelwe busoyikwa ubuti. Omacânti, ozimfene, ozikôva, nomafubesi yabe ingamanye amaramncwa abekânkanyeka ebugqwireni kwizibulala mntu. Ke oko kutshô, ababulalayo (ngokunukwa) bebeti behambâ nje kanti bambêtwê ligama elibi lobugqwira. Ngazwinye be kunqulwa iminyanya. Be kukô nento ekutiwa umfo kasibanibani ukwêla imfene kwakuhlwa; ekube kunqaba kakûlu ukuyalama le ntlondi, kanti nje ngezinye yohlala ikôlelwe ngalowo mnumzana utyôlwe ngolo hlobo ibe kwa nayo ibisondele ekutîni ubani lowo unqulela ukwanda kwenkomo kowabo. Bufikile bona ubu-Kristu, yaba lunqulo olutsha mpela kunento ebifuda iqêliwe ngabasesi-Xôseni nasezweni e-Ntla. Itê ke kodwa le meko entsha yabanga ukuba buye buncipâ ubungqingqwa benkonzo yonqulo lwasesi-Xôseni kumanyange wona, kwavelela entsha le yakwa-Tshawe loxolo, um-Sindisi wetû. Se kupântse ukuba namhla nje (ngokuxubileyo kodwa) kwa nokutîwa ama-Xôsa ngama-Kristu ngonqulo nje ngelo qela lizizikolo eziluvumayo (ngokucengceleza) uvumo lwabapostile basezi-Bâlweni. Kodwa lusahleli luzitê nca lona unqulo lwakudala. Pêzu kokuba bengaka ubuninzi abangamakôlwa isezizigidi abasaqûba amadini ebôkwe nenkabi zenkomo njalo-njalo e-South Africa ngokuya kwakudala, besasukelana nemibingelelo yabo, intsimbi emqaleni kwa nentambô eqaqelwe itshoba lenkomo, izacôlo zobuhlalu bobulawu engalweni, intsimbi zokôtso, imiliza esinqeni, ukuvumisa kumagqira nokuhlatywa kwabatâkati njalo-njalo. Inkolo zakudala zendele ngapâya kuma-Afrika wona; nga ngokuba zisekô ngentshiyekela nakwaba basesikolweni elixa bangama-Kristu azeleyo. Kusamana kuqûma umsi ukuxela ngomlilo ongapântsi.

*Abakwêtâ abangabatwâsi.*

Yenye inkolo-nkolo le yobutwâsi. Kuba aba bakwêtâ bolu hlobo banto yimbi kwaba bakwêtâ bangamakwênkwe asukuba enze isiko lokwaluka. Bona bapântsi kwenkolelo yokuba, baza kutwêtyulwa batwâse, nje ngokuba benale mizimbâ ibuhlungu zezi demoni bapântsi kwazo. Olu lolunye ke uhlobo lwabapûpi. Babekwa ngokwesiko pântsi kwegqira elidala nelinamava libaqeqeshe pântsi kweshologu nokutwâsa bade bapûmelele nabo ebugqireni.

*Ubusela.*

Eli ke labe ilelinye lamasiko abengafunwa, abetê nolisela akatândwa mntu, koko ke be kungacingelwa ukuba busisono ngale ndlela yangoku. Isela kuma-Xôsa ibingumntu oba pâkati komzi, okanye ukuba oku sitî tina kukô ibikukutimbâ ukututa ukomelela endodeni, yaye nalo nto ibangwa bubudenge nobumnyama ebantwini. Ode wasityebi kukuba engazange abanjwe kodwa ubetêtwâ ngamawabo kutiwe, " yeyona ndoda." Kanti ke mhla abanjiweyo kovakala eliti " utê kanti kuhleliwe nje akandoda yanto." Ubesolwa ke siya bona, esolelwa ukusuk' abanjwe oku. Ubusela obu kulo maxesha bebulityala wakubanjwa. Kubonakala ukuba esona sono ibe ikukumatâ. Ubesiwa komkûlu obanjiweyo, amangalelwe ngobelweyo litêtwê ke ityala lakê andul' ukuba agwetyelwe ukudliwa. Wokâ eve ke ukuhlawuliswa akanto ikôyo sel' ekomkûlu nje. Ubede agxotwê yinkosi enkulu yesizwe, aze ke abâce akude abe sela-dala ; pôfu engenakude abulawe ngobusela obu kwa nje ngasema-Ngesini apô afakwa etilongweni, apûme efeze ixesha elitile abetiwe-nka lona ; waba ke ngoko ulifezile ixesha lesohlwayo—umsulwa. Yabe iyindlela yokumiwa komhlaba oko neyokuzuza inkomo, igama, ubuntu kwa nobuncwane bomhlaba ka-Xôsa. Nonguyise ubede amhlambê umntwana wakê ngale ntlondi yobusela ammangalele komkûlu, suka nenkosi imgwebele lo mzali. Isuke iti, " Namhla ke umsulwa emisebenzini yalo mntwana." Babeke baya hlukana namhla uyise nomntwana.

Fanisa nesi sala matyala anamhla okuqâwulwa kwemitshato nokuhlahlelana amafa. Amasela akudala ahluke ngokuba wona ebesiba inkomo, isambûku sobutyebi balo maxesha. Namhla

sihlalelene nom-Lungu nje, zininzi kakûlu izinto zokubiwa zohlobo lobutyebi bangoku. Izinto zokubiwa ke ngoko ngamadoda kwamanye amadoda. Kwaye kulo Xôsa wangoku kokôna kubiwayo, pôfu ingu-Xôsa nabamelwane bakê akutûmani manzi. Namhla nje umntu akasabi natyala pâmbi komtêtô ngesenzo esilityala sonyana wakê osel' esexabisweni lokuzimela nje ngendoda. Yiyo nale nto zandileyo izibôngobiyana ezihambâ zisonakalisa umhlaba. Kulapô umtêtô ka-Xôsa ufika uwanyele uwugqwese lo wasem-Lungwini. Ngesi-Xôsa unyana okanye umntana umzele nje akakuze abe mntu-mkûlu yena usapila wena; woda ufe umlawula, ungumtêtô kuye. Um-Xôsa wasem-Lungwini kungasuka kutiwe ufuzile yena endaweni, yokuba. Kulapô umntu e-ba nokoko lwesonka olumbâla, kuba ufike kwabambêzake kwam-Lungu. Woda e-be nomzikiziki wepeni ebomvu.

*Ukuhlanjwa konyana nguyise.*

Mhla kuza kuhlanjwa unyana nguyise be kuhlanganiswana amalowo apêlele onke namgama. Babekô ke nabamelwane ekây' apâ kupicotwê, kutêtwê le nto yalo mntwana, kuqwalaselwe kwa nezizatû zokuhlanjwa kwakê, kuba ziya kufika zanekwe zicânciswe nakomkûlu pâya, yakuba le nto ide yasiwa kôna ukuba iqatselwe kal'oku. Ayinakungasiwa komkûlu apô amabango aya kusinga kôna xa lo uhlanjiweyo abangisa uyise, okanye lo umiselweyo esikûndleni sakê. Komkûlu pâya ke koqala inkosi zimgwebele umzali ogama lidyojiweyo ngunyana wakê nje ngoko se sitshilo Zisiti, " Lo mntwana ke namhla nje uhlanjiwe nguyise. Uyise akasenatyala ngemisebenzi yakê." Wombona ke umfana wakutsho umtêtô, loqala ibala lakê life mnyama ebusweni kutshiwo komkûlu nje nguGamakûlu. Inene uya kumbâtsha abe nyembêzana. Womka ke lo mini emzini kayise elolo xwebetwâna, engenakâya. Pôfu ke angahlala koyisekazi azitândekise, bamgcine bamondle bona, de bamzekele nokumzekela bambi. Wotî ke naye azipûmelelele ngokuzibusela komkûlu pâya, kuba lona lisahleli lilelakê. Woda mhlawumbi abonakale eda abuye esakêka, ade abe yindoda enomzi wayo ukuba akazilahlanga mpela ngokwakê. Ngeli siko kwakugcinwe imizi yabantu. Onyana bebeqeqeshelwa ukuhlala benyanzele-

kile ukuhlonela nokutôbela abazali (oyise)—unyana engazanga wanazwi lakulawula uyise esapila. Ubuya kumva kwa ngentètó epûma emlonyeni apâ umntwana welo xesha ufike etètâ " ngomzi wakowabo," "nenkomo zakowabo," nokuti "kowetû," ehlala yena engenanto nankomo yakè isiqu nje ngale mihla azigwagwisayo umntu atètè ngokuti " zinkomo zam ezi. Ndazisebenza emgodini ngezi zandla zam." Atsho azancke pâmbi kwakô. Kaloku ngoku usegunyeni lokuzipâtâ oko afike kwiminyaka emashumi mabini anamnye nje ngokwasem-Lungwini kupèlile. Isiko lakudala be lisilondoloza isimilo esizukileyo sabantwana abangonyana ngakoyise, bakuhlonela bakoyika ukupâtâ imizi ngokuzingca nokugonyamela. Abantwana basebuhlanti balo maxa bahluke kude le kwabangoku. Into owofika unyana ingekukô nokumbeka uyise, abetè noyise ukumtânda oku unyana kube yincamisa le. Kuba kaloku umntu otôbileyo akanakuba angatândwa ngumzali nabantu bonke abakûlu ngesimilo sakè esihle.

*Ubuxoki.*

Noxokayo ubekwatiyiwe kwa-Xôsa. Ubengatândwa mntu inene. Ubetiwa qa ngeganyana lokutlwa " unolwimi " nguveveza, nguntaminani, lipôlo-pôlo. Into ke eqondisa ukuba ubengatândwa ngokuhambâ etètâ okungenene. Lo mpltizelisi wesintu ubede akabi nakutènjwa namhla asenyaniswcni ngenxa yale ntlondi asuke waziqèlanisa nayo. Ubecatshukelwa ngokungapâya ngamanono, zidwangube, yimilondekâya nendwalutô —abantu ke abo abebentliziyo-ntle eluhlangeni. Komkûlu olixoki ubengangeniswa embusweni kusoyikelwa ukuti; hleze awucitè umbuso wasezinkosini. Kanti ke noko kunjalo bebuqûtywa kakûlu kôna ematyaleni, ezinkundleni komkûlu kwa nasezimbûtwèni bada banga buvunyelwe. Ubede nomfo azincome mhla apûmelele ematyaleni ngokuxoka, namakowabo ambonge amtyaluselc kunene ngobulumko nobudoda bakè. Kodwa ke nakubeni kwakunjalo, ngenene nenyaniso, ma kuhlale kusazeka, kungasitèle kuwe mlesi ukuba yabe ingamaxesha obudenge nobumnyama. Kwaye ke kôna ngenyaniso le nto ubuxoki yabe ingento itândwayo entlalweni yasema-Xôseni ngetyèneba abebanalo oxokayo nje ngentlondi. Namhla bude

bunge bude badlulisa nangokwanda ebantwini, nakukubangelwa nakukungena komtėtó wokányo. Uti umpostile u-Paulusi, " Apó kukóyo umtėtó, kulapó sandayo isono."

Kwinkundla zasem-Lungwini zamatyala umntu uya fungiswa ade angiswe ne-Báyibile Engcwele kwa-Mantyi, kanti lo nto ayipėlisanga kuxoka emntwini. Maxa wambí inkundla yasem-Lungwini iya pinda umntu imbeke ityala immangalele ngokutsha ngelokufunga ubuxoki, letėtwė agwetywe. Adliwe umntu ngokutsha. Kanti emva kwakó konke, alikafunyanwa lona iyeza lokupėlisa ubuxoki. Awada no-Tixo ngokwakė wabeka umtėtó otí, " Akuyi kunqina ubunqína bobuxoki," kanti akancedanga nto ngobuxoki obusehlabatíni apá kumntu wonke nobala linjani ngokufanayo. Bumnandi bunencasa engenakuxelwa bona ubuxoki mntwana ndini. Uyeva!

*Ukufunga.*

Entlalweni yo-Ntsundu ukufunga oku kuhleli kukó, kuqėlekile ukubonisa komntu inyaniso yakė etė sululu nje ngokuba kunjalo kuma-Arabu nezinye intlanga. Wolala pántsi umfo o-Ntsundu efunga—" Ndifung' ubawo, Menyezwa, dad' etú, (ukuba ndingelali naye), Búngane, Mtímkulu, Njokweni, Bufu, Hintsa, Sandile njalo-njalo. Ubefungwa uyihlo, nonyoko, nodade, nenkosi, nentombí enkulu kulo ndlu (umafungwashe) nabanye. Kutė kwakungena ukugqoboka neli xesha litsha lemfundo nale ncubeko ndini uve umntu sel' ekámuluka esití, " Inene, *istru*, ndingatsha kwesibomvu (isihogo)! Ndingayanga i-Báyibíle, verile njalo-njalo. Endaleni intombi zomzi be zifunga umnakwazo oyinkulu kwa ngokunjalo amadodana namakwėnkwe efunga ngodade wabo omkúlu nongumafungwashe. Umntu onelizwi ekáya apá noko engewasebuhlanti nje. Ekanti ke noko tina umntu lo ebengafungiswa komkúlu xa aza kutėtá ityala nje ngoku sikubonayo em-Lungwini. Be kusuka ke kutėnjelwe ekutíni inyaniso yona yosuka izivelele. Isiko lokufunga lihambá ncsimo abasukuba bekuso ngelo xa. Liba nobuhle kwa nobubi nje ngesimo abakuso abantu. Ngamanye amaxesha abantu bakuqaqadeka gqitá, baya kwazi nokufunga ngo-Tíxo. Ufike umntu sel' emana esití, " *By Jove*! Ndifung' u-Tíxo, u-Yesu endifele! U-Tixo onamandla Yehova O-

ngcwele njalo-njalo. Ngapândle kokucinga nokukâtâzeka, into esuka xa uyipûlapûlayo inyaniso ibetê kuhambê umzimbâ unge ungatî " vuleka mhlaba ndingene." Uya kuwufumana lo monakalo unzulu kanye kubantwana abalusapô olufundisiweyo lwasesikolweni. Inkankatêla apâ ezilukânda lulodwa ehlabatini abatê ukupêlelwa kukulihlonela igama lika-Tîxo bazintshatsheli ngokuncamekileyo. Bapêlelwe konke kukukûmbûla ukuba yinyaniso yokugqibela ukuba " Akuyi kufumane ulibize (ngokudlala) lona i-Gama lika-Yehova u-Tîxo wakô ; kuba . . . . . . ." Kwaye kumaxesha akudala abantu bada bahlonipâ, ukuhlonipâ kwema kwayimitêtô ngokoyika ukusa nokudlalela kumagama amakûlu azukileyo kangaka. Ngamanye amaxesha oku kwenziwa yindibano nokuhlalelana (nje ngoko izicaka zinjalo) nabe-Lungu bolu didi lurwada olusatânda ukusebenzisa intetô epântsi ezidolopîni nasemisebenzini pâya ngokukodwa. Aze abe umntu o-Mnyama esinguye tîna igugu lakê lokulinganisa nokuxelisa um-Lungu lingekukô nokuba liya mlahlekisa. Kum-Lungu ulinganisa konke okubi, akushiye angakulinganisi okuhle—isimanga somhlola. Sitsho pôfu nasezidolopini apô, kusekô kakûlu ukuzihlonela ebantwini nesimilo esihle side ngamanye amaxesha singe siya pulushwa yidolopû kunangapândle. Eyona nkatâzo uyifumana kubangeni edolopini, kuba aba bayingena bengayazi konke. Wanga u-Tîxo angasihlangula kwesi sizukulwana sigwenxa, asihlangule ngeecebo lakê elimandla, koku kuqaqadeka kunje ukuhlasimlisa! !

*Ukuřexeza.*

Lwalukô uřexezo ngalo maxesha amanyange ilunyikilo ngegama, iyinto yabafazi abakûlu. Umakatyiwe yonk' inkonyana yakê obanjwe ekuřexezeni. Itê ke ngoko yayinto yabanenkomo zokumana zimka le mihla nabanamatyala. Kutê kuba oko le nto inkomo be kungekukô nokuba be zininzi, lwanda okunye lwakungenwa ngabanenkomo—izikûlu nezityebi. Nanamhla oku lusekô lusaqûbeka uřexezo nakuba noko izinto zingaseMnta' ka-Ngqika. Singatî luya ncipâ nasebubomvini, kube sezikolweni apô singacâniyo kamnandi. Naxa ke ibe ibubusela kakade kona lungavumelekile eli-Zwini lika-Tîxo. Pôfu ke kusekô kakûlu kôna ukuhlala kumana kusikwa abantu

abangamalungu etyalike ngale ntlondi eziseshoneni. Oku kubonisa ukuba le ntlondi ifuna abantu abazelwe ngokutsha ngokunyanisekileyo. Yintlondi ebiqûbeka kudala. Ukanti ke kwa ngoko ibingekude ebuseleni. Be kusisono ukurexeza oku kwa kulo maxesha ngokwasemtêtwêni wakomkûlu, adliwe abutshuliswe umntu, zimlahleke inkonyana zakê. Abe amahlawulo ibingawendoda yomfazi, pôfu ke iyihlawule yona imisila yakomkûlu.

*Ukuhlonelana kwabantu.*

Le nto intlonelo nembêko ibikô, abantwana bebahlonela kakûlu abazali. Umntwana engenalizwi ntweni, nokuya sel' ede wangumntu omkûlu usabetwâ ngabakûlu kunaye. Suka yena abaleke angalwi, ebonisa imbekô ngokwenje njalo. Ubengafumane azeke unyana uyise engatândi nokuba sel' eyindoda eqinile. Naye wosel' eman' ukuti ukutêtâ, " Ndisengumntwana mna. " Andingegcini mfazi." Oyintombi ubebekwe ngento eyodwa ekâya apâ—umnti osenkundleni yalo mzi, isitya nesihombô samanantsi. Yabetâ lo nto yazigcina ngokuzihlonela nayo ngokwayo ngokuti ihlonele bonke abakûlu kunayo. Ongumfazi ubekângelwe nje ngomntwana ozalwa apâ, ingelulo usana kodwa, ngokwendela. Yamenza lo nto ukuba ahlonele abakûlu nabangamadoda. Kanti ke kukuza kubekwa kwakê endaweni yakê yobunikazi-mzi kwa nokuba atândwe ngumntu wonke. Umfazi lo ubekwa sihombô neratshi emzin' akê, waza ke wangumntu okubekwa kukodwa kubo bonke abanye. Le nto imana itêtwâ yokupâtwâ kakubi komfazi nobukôboka njalonjalo ibingekô esi-Xôseni nakumzi o-Ntsundu. Mnye umntu obenokubetâ emfazini, naye ngokumohlwaya pôfu umfazi nangokumlinda kwamanye (utândo ke olo) yindoda yakê. Kanti nayo ibibasemtêtwêni ukuba ayiyekanga se kuvele umntu omkûlu. Amadoda alo mzi oshumi ebelindelekile ukuba amkûsele umfazi abe engasenakupâtwâ nangabanakwabo, kuba yinkosikazi Unonantsi igama lakê lokwenda elifana neli langoku elingu-Mrs. Bani. Umakambêswe kude kuxêlwe inkomo, yokuze azuze isikâka angahambi ze, koko abenakô nokuhombâ mhla ngentonga ezisuseni nasezimbûtwêni zasendaleni. Into yomonakalo wosapô ibingekô, ifike kutsha nje.

Oko ebede abengumntu esengumntwana lô lô lô ngengcinga nengqondo. Waye ebezigcine msulwa. Ngoko ke akwaba kô mitêtô ibâliweyo yokuzigcina kolutsha—umlisela kwa nomtinjana. Kaloku siti lwaluzigcinile lona ngokwalo ngengqondo yemvelo nangokoyikela nokuhlonela, umntu lo, igama elihle lakowabo. Nento yokubonwa kwentombi nayo ngokwayo yeyamva nje. Kukô umahluko omkúlu pâkati komntwana wasesikolweni nowasebu-Xôseni. Waye ubangelwa lifutê nempembêlelo yemeko elulawulo lokumendisa. Kupele usiya kusa namhla endodeni yakô, kwangena ukuba umntwana azitândele elona soka ma kasiwe kulo, umqondiso kanye wokupêla kobuntu. Ivunyiwe le meko, pôfu kwabanjelelwa kôna ekâzini lomtshato wakudala ukuba lingemki. Kupêliswe ukuhlolelwa elo siko lihle kunene lingebi sono nasesikolweni apâ, kwavunywa le meko yokuba intombi ihlale ilinde elona soka loda liyize. Yalupâle ke mfo ndini ibe yilo nto iyilo nkonkwane.

Kutê kulapâ wati kanti umtêtô womtshato wetû namhla, intombi (umntwana engenamava ngokwenda nokuzeka nje) unegunya lokuzendisa akufikelela kubudala obutile ngeminyaka. Inkohla-mntu ngesiko ke tina leyo. Oko ke kukuti ngazwi-nye lonke igunya lokwenda namhla lisemntwaneni oyintombâzana laye lingamnyanzeli ukuba agqalisele ikâzi ; kuba kaloku lona lilunge ngokwanamhla kula mtshato wasendaleni. Isafuna ukukângelwa kanzulu noko le ndawo. Nali ke elona fôba lomonakalo kulutsha lomzi o-Ntsundu upêla. Kukuti isizwe esisezintsana ngokuqonda emfundweni, empucukweni kwa naseli-Zwini lika-Tîxo senzakaliswe ngokusicênge ngala malungelo nemeko yamasiko asemzini. Alungele aba-Mhlopê nje ngabantu abakade beqêlene nezinto bona, ngesoyikiso sokugwetywa kwamasiko aba-Ntsundu ngaba-Mhlopê abangabangeni e-Afrika ngapândle kokucalulwa kwamabi kwalungileyo. Ekubonakala ukuba ukuze kulunge, ma kutshintsheke yonke into ka-Ntsundu, ade umntu atshintshwe negama lakê awalitîywa nguyise nonina anikwe elikûmshayo. Yabe inje ke yona imfundiso yasemanyangeni elusatsheni. Oko abantwana bebesafundiswa ubuntu, imvo, nentobeko ngokungabi nafatshi nandelo ebantwini bonke, umntu lo esalitîyile ihlazo. Le mo asikukô nokuba yabe intle nangokulunga ingafani nanto, koko ke

sel' idlule kungoku, yaye ingabonakali ukuba isenokubuyiswa. Imke kunye nentlalo yenene ka-Xôsa kusemiwe. Mhla le nto umntu yab' isenokubekwa kwindawo eyifaneleyo, iseyimbêkwano ahlala usibani-bani kwiwonga nogaga lwakê embusweni xa kuse-Bôtwe nasesigqebeni. Kube kwa yilo nto ezimbutwêni nasezisuseni pàkati kwaba mnyama. Ulowo umelwe lugaga lukayise. Namhla oko konke kudlule. Ukuhlonelana nembêkwano azisento zaziwayo. Silahlekelwe sisimo kwa nesimilo esinqabe kunene, nesingasokufumana sipinde sibonwe sesi sihlabane nesi sizukulwana sale mihla yegesi. Ufan' upika wena. Usa kuze uti ndanditshilo. Kuba wona umzi o-Ntsundu lo awazi nganto ukuba apô usingisa kôna. Akulele nto kangako.

*Imfundo.*

Ikomkûlu eli labe liyindawo yemfundo, yokufunda le nto ingumtêtô wohlanga. Liyindawo apô be kufundwa kôna le nto ibubuciko nengqondo ezintweni apà. Amakabe ebekakomkûlu amadoda anokukûtshelwa ukuba asingatê imicimbi enamandla kwesi sizwe neli komkûlu (wena wazana nekomiti zemicimbi enamandla kule mihla ye-Juri.) Be kufundiswa ukukànda intsimbi, izikàli, amazembê, inqwemesha, izacôlo, iwatsha, amakàka okulwa imixàka yobunumzana, ukutûnga iminweba, nayo yonke ke imisebenzi yezinwe kubantu balo maxesha. Ubetyeba angawoti onobungcibi zinkomo zabantu abasebenzalayo. Nanamhla ezamazembê okupàla nezezikàli, ezenqwemesha nezacôlo, iwatsha nemixàka ziseкô ; noko zingasezininzi nje ngasendaleni pàya. Ngamakàka angasekôyo. Emke ukwenziwa nokupêla kwemfazwe. Ngokunjalo incibi zezikali zipêlile ngokuxola kwelizwe labantu. Nezamazembê zincipê kakûlu ngokungena kwevenkile namazembê esi-Lungu. Kukwanjalo kubatûngi beminweba bapêliswe ngumhlaba ukutàtwà ngu-Rulumente ze azinqabise ukuzingelwa kubulawe inyamakazi pêzu kokuba se kungene izabàlala, incàwa neblankete zapêsheya. La mashishini onke ebefundelwa ngamadoda, namadodana, kwa namakwênkwe. Kwaye be kubonakala apà ke ubuvila nokukûtàla emntwini buqondwe. Kungekukô ukuba umntu ahlale agcakamele ilanga ngasebuhlanti pàya, nje ngokulàhleka kwabangeni, hayi.

*Ubunqencra.*

Ngokutétå kwangoku ubunqencŕa yabe iyinto eyandileyo ebantwini aba-Ntsundu Ma kê Siyibonise ukulahlekisa kwale ntetó nobuyatå bale nkangelo. Umfo tina ubehlala ngaselutå-ngweni, ewe egcakamele ilanga, emana ukutshaya ngalo nqawa yakê intle nendc yobunene. Womana ewusula ewupůlula lo mxåka wakê lo mfo wonwabe kunene. Nankuya umfazi okanye abafazi besinda-sindeka bodwa ngulo msebenzi walo mzi wabo. Waye xa enje nje lo mfo ubengenqencŕa wena ; koko ehleli apô nasekupóleni ecinga indlela namaqinga okuzuzwa kwenkomo. Ibanka yalo maxesha. Wombona esuka esiya kubusa ngamanye amaxesha, mhlawumbi nanko esiya kuhlolela enye yezi ntombi zakowabo, nokuba uya kuvukelisa kumawabo ngokucela izikåli namalizo na. Ngumsebenzi wendoda ke lo ema-Xóseni wenzuzo yezi nkomo. Kuba oko indoda le yabe iyindoda ngenkomo ezi. Wa wena ulesayo ! Yozamela inkomo. Yozibiyela ilunqabise itsho ngengqutů utång' olu. Yozalusa izigcine zande. Ongumfazi ubemelwe naye zimfanelo zakê zekåya, kukupêka, atéze, alime ngezandla lo mazinjana obangenxowa yebôkwe, alingane isitůbi nenkobe zamadoda asekåya apå, enze ke neminye imisetyenzana sikutyele tina. Ewe ke kóna ubebonakala elidangala nomatileyo ; kungengaba ubehlala elangeni ngaselutångweni (impilo leyo kubantu abazindlu zingangeni langa ngokungabi namaŕoba ngokoyikisela intshaba zabo) kuba ngasebuhlanti påya, ukude engxolweni yosapô, kusesitadi somnini-mzi atåndana naso yonke imini le ema-Xóseni. Kodwa olidangala nomatileyo ubeqondakala ngokuti akutåbatå umnqayi wakê esuka estadini sakê påya, suka abuye ze empulaza mhla abuyayo. Kodwa ati umfo omka eze eqůba yena le mihla anconywe ubudoda nokukůtåla. Kunjalo indoda ibingamelwe yimisetyenzana yasekåya yodwa, kuba owona wayo ibubujoni, ihleli ilalele umkósi ohlatywayo utiwe ntya. Kube kuhleli kulindeleke ukuba into eyindoda isukele pêzulu xa kuwe umtétô oti " Ibambêne ngazo ekutini." Uwabone ke nawe ukuwa kwawo eziŕweqeni nasemakóhlombêni, yeka ! Zitini na namhla intshaba ngomsebenzi womkósi waba-Mnyama onconywa ngama-Yuropu no-Kumkani u-Joji e-France ? Kusatshiwo na ukuti umntu o-Ntsundu lidangala negwala ? napåkade !

*Ukukûtâla.*

Ukukûtâla be kukwakô kum-Xôsa ngokukodwa komkûlu apô ibe izimbûsheshe nengqukele ukukûtâla oku, kusetyenzwa kuhanjwa ze. Umfo lo nokuba yinkwenkwe be kuhanjwa ze emvuleni pâya nangamaxesha engqele. Ukwambâtâ ingubo emini yabe ikukudangala nelona hlazo, ekoda kutiwe ukutêtâ ngowenze lo nto " lityûtyâ ledangala." Libe libakô noko lona idangala, nje ngokuba abantu bengede se bebazikûtâli bonke. Kodwa uhlobo lwemisebenzi yabasetyini (yokutwâla entloko) ibide yanga, xa uyiqwalaseleyo ngokukodwa kumfiki, batwêswa obona bunzima yile mpi yasebuhlanti ; kanti hayi. Utê ke yena umfo o-Mhlopê akubona le ndlela, elawulwa yinkangelo yengqondo yakowabo pêsheya wati, " Baya bulawa ababutâtâka. " Watsho pôfu engazi nto ngentlalo ka-Xôsa no-Ntsundu. Utê efika wabe sel' elindele ingongolotêla yenqubo efana neyasem-Lungwini. Kûmbûla mlesi ukuba intlalo yase-Afrika yahluke kwanini kweyase-Yuropu. Ngoko ke imisebenzi esetyenzwa ngamadoda ayifani neyamadoda konke. Woqonda ngesitêmbû esi ukuba kuso ibikô nento yokulungiselela abantwana bokukusebenzela kwa neyokuvelisa amadoda omkôsi msinya. Sinyanisile wena xa siti kôna ukukutâla oku yinto yalapâ. Ukê wabafumana pi na wena abantu abanokupila yinyama yenyamakazi imihla le ? Nditêtâ lo mihla inyamakazi yayisabulawa ngokutânda ! Kanti nangoku nje ngokuba um-Lungu sel' ekô nje, umfo o-Ntsundu bamvumile ngokukûtâla ezindleleni zololiwe, elwandle, emabitsini, ezikwatini, nasemigodini, nakwimisebenzi yebloro nemitântatô, ezikêpêni komatilose baya mazi. Anditêti ezifama kube-Lungu kwalusa yena uya balimela, ubatûtêla ubisi neposi. Uya bapêkela abakolobêle, abanasele: Tina amadangala be siya kuti ngabe-Lungu aba; kuba bona baqâyisa ngokusebenza ngemali le isetyenzelwa siti kubo, izandla zabo ngalo mayafele. Ungafika amadoda nabafazi babo kudlalwa le Tenisi kuhlekwa owona msebenzi wabo. Ngapâya koko kuya tyiwa, ukuba akuwakwa. Aba-Ntsundu aba nangoku nje banemizi yabo nemfuyo yabo eninzi. Baya lima zivundi de bafundise abantwana babo ngalo ntsebenzo yezandla zabo. Abazanga basetyenzelwa m-Lungu. Nguye um-Lungu obele-

kwe ngo-Ntsundu ngokumsebenzela. Utêtà ngolwahlulo ngebala, utêtà ngantoni!

*Intonga.*

Intonga kusemiwe be zizindidi ngendidi. Kuba ubukô umnqayi iyintongana yamatàmsanqa nenzuzo apàtà yona umntu ekuhambà-hambêni pàkati kohlanga. Ze kuti xa kusemdudweni bapàtê iminqayi bonke. Xa sukuba kusiyiwa kwendiswa, indoda ibipàtà umnqayi wayo. Nokubana baya kuvumisa ibikwa ngumnqayi intonga epàtwayo. Kuba induku le yona yintonga yasenqina xa kuzingelwa inyamakazi kupêla. Isigweba, intongana emfutshane, ibiyeyokugibisela nokugalela intaka. Xa sukuba kusiyiwa emagqirêni ibiba yiminqayana emnyamana nemihlana epêtwéyo, ingeminqayi mikúlu. Namhla se kupàtwà ezi wokstiki zasem-Lungwini kuba nentonga eligqudu etàndwa sisikwênkwe ngokukodwa ebuqabeni pàya se ipónongiwe ngu-Rulumente. Yinto ekukuti ni na kodwa ukuti uhlanga atê u-Rulumente akuloyisa waluhlutà imipu nemikónto, uhlanga olungaqeqeshelwa kupàtà nazintonga zasem-Lungwini nje ngamadoda onke, olungafaliswayo ludrilwe, ukuwenza ahlale eyicinga imfazwe nokuba ayisokuze ipinde ibekó, kanti lwakugqityelwa ngokuhlutwà nentonga ezi zimbàla. Ndaza ndabona!

*Ingqiti*

Ingqiti le lisiko elalingawutàtê wonke umzi o-Ntsundu. Kufumaneka ukuba abanye baya lenza, ekanti abanye abanqumli ngqiti. Inkolelo yalo lisiko elingati linyanga ukudangala nokumatà emntwini. Mhlawumbi abenokugula okutile, kwa nokumana ewisa izitya nendebe, zityobeka zisapúka le mihla. Kutiwe ke ma kakê enziwe isiko lakulonina. Esenjiwa nje nje nguye ugqiba ingqayi nenkambà ngokuzapúla. Uqatselwa ukuba intonga xa sukuba eyipêtê ukuba ngowasebuhlanti, nokuba kusekulweni nasekudlaleni, ingaman' ukupúluka isiwa abe sicenge kwabanye. Be kunqunyulwa ilungu lokuqala kucikicane nakumnwe wesibini mhlawumbi ngengadla yincibi. Kugalelwe umgubo wengqatà zempuku usiliwe iyeza elindoqo ekutinteleni ukopà. Lisiko elibabeka ebunzimeni abenziwe lona ebuqabeni bakuba se begqobókile kaloku. Kuba ngokwenqubo baza kubuya batshate ngokutsha namhla. Waye umsesane wotshato

ufakwa kanye kulo mnwe wesibini, lo ke kanye udla ngokuba nale ngqiti. Ngamanye amaxesha ingqiti le ibide ihlatywe nangamagqira sel' emdala umntu. Itânde ukunxulunyaniswa nemfuneko yentambô yenkomo yakê yobulunga. Yinto enenkolelo ezininzi nezinzulu kubantu bayo. Ayilandeki icâneke isiqalo sayo nakwezo zizwe. Pôfu ingazeki nokubana yoza iyekwe mnyakana kutêni na nangabo basanamatêle kuyo kubantu abasatya ngendebe endala. Into ecacileyo yile yokuyekwa kwayo ingqiti le ukunqunyulwa zizizwe ezimnyama zabagqobôkileyo bamkela ubu-Kristu. Naxa pôfu kungavakalanga zintshumayelo eli-Zwini zicâsene nokunqunyulwa kwayo. Yabe ingqiti nje ngesiko łokumopisa umntu, kwa nje ngomvambô kuma-Xôsa, ukucâza ubuso kuma-Bâca nama-Hlubi nabe-Sutu kwa nokwaluka, opiswe ngexesha elitile emva kokuba ezelwe, kulungelelene nokukûtâza impilo emntwini. Kulungile na ukulisusa isiko elisisitêtê ebantwini ze kungabekwa nto esikûndleni salo entlalweni nasegazini ? Ibûkuqu lokulahla onke amasiko ka-Ntu lihambâ nelishwa lokude kulahlwe namsulwa engenasizatû sibi sakungalungi nasebu-Kristwini ngokwabo. Kule micimbi yolu hlobo, uhlanga olu-Ntsundu lunga lungabek' izitô lungagxanyazi ukunyatêla, hleze ekupêleni luzifumane ukuba " lulahle imbô yalo ngopôyiyana."

*Izambâtô.*

Nentlanga ezisahleli ebumnyameni ziba 'nezambâtô zazo. No-Xôsa no-Ntsundu lo wabe enezakê ekuhlaleni; nakubeni bebebantu bakôliswayo kukuhambâ-ze ngamaxesha asemini ngokukodwa kwimisebenzi yokusenga, nakuyo ngesitêtê sasemanyangeni sokuba umsengi ahambê ze xa asengayo naxa apêtê amaselwa namasi. Be kusambâtwâ iminweba yenyamakazi ngabanumzana, zidwangube nenkosi. Amakosikazi wona abesambâtâ izikâka, nezibâca nengubo zenkomo, esambêswa emizini yawo. Inkwenkwe ibisambâtâ ugaga lwetôle, naxa wona awenkosi nezityebi ebezenzelwa zifane nezoyise, nezentombi zamanene nezityebi zifaniselane nonina. Qonda ke ukuba amapûti nezingwe, nengonyama, newula ezidabaneni yabe izinyamakazi zamanene nenkosi zaseluhlangeni. Ingwe ibide yadlula nengonyama ngokutândwa kwayo. Namhla ezi ngubo

zezi nyamakazi azisatúngwa bani ; zaye nezo zenkomo eziseköyo zizintwana apá ezixwebe kunene. Se kungenclele ngoku amabayi asem-Lungwini, neqiya kwa nentwana ezizimbi ezitèngwa kubarwebi. No-Xósa wanamhla ongu-Ntsundu epèla, sel' eyokózelisa ngezivató nengubo zasem-Lungwini—ubuqèleqèle nobunewunewu ba-Pèsheya. Owanamhla akabonanga nto engasibonanga isipákatl nenkosi xa se kuvetwé. Ehla! Amacacambèsha amakúlu! Ilapá imixáka, izingwe, amahlosi, kuyiminweba kuyilo nto! Amakósikazi eté ře uludwe lwawo, etsho ngezikáka zenkomo. U-Ntsundu lo wena wabe enezivató zaké zobunumzana nobunene kwa nobunenekazi.

*Izihombó zamaxesha amzuzu.*

Iwatsha—kwizihombó zalo maxesha asekudeni be kukó nentsimbi yewatsha ebinxitywa ifakwe engalweni yomntu apá yincibi yazo. Ibitáté aba bantu basetyini ikakúlu. Pófu namadoda kwa nabafana beyifaka abasukuba beyitándile. Kwintlanga zase-Lusutú, ngokukodwa aba-Púti inxitywa naseziqulubeni apá nje ngesihombó sokudlisela ngokwentetó yeli xesha legesi.

Umvambó—lelinye lamasiko angasenakulandeka ngenxeni yobudala bawo, be lilisiko elinamandla kulutsha, umtinjana nomlisela. Isisihombó ebesisenzelwa ukuze sifaniselane nentlombé kwa nomdudo kwa kunye nomtshilo wabakwétá. Umvambó be kugotywa isilanda kumana kuhlatywa kusenziwa amanqakwana apá emzimbèni (esifubeni) kumana kusikwa ngale ngadla ke, kulungeleliswa ngento entle eté ře-e-e-e kakuhle. Xa kwenjiwa nje kwenzelwa ukuze umzimbá ukángeleke noko ungasuke ube ngumguxa. Be zikó-ke kwa nezinye izinxibo nezihombó zomzimbá, kuba nendlebe ezi be zigqojozwa iminxúnyana yokufaka nokunxiba amajikazi. Kwaye entla páya kwelakowetú e-Mbó, lo mngxuma wendlebe ubugqojozwa, undindwe ubenokungena amaqósha apá ekutlwa ngamatshaza ngegama. Kuba ebesisihombó esikúlu kwa-Báca nakwa-Zulu. Ekubeni ulutsha abafana nentombi (intsizwa namaguda ngabula bona) ubuso be bucazwa buqalulwe, kusitiwa wopiswa ukuba acace intlahla umntu, ngokupúngulwa kwegazi lobuntwana kulungiselelwa imihla yomsindo (izisusa ngabula bona). Oku kucázwa ke umntu lo umana ukupindwa-pindwa le minyaka

ukwenzela ukuba intlanga zicace zide se zihlala ziyilo midondosholo xa uzikàngelcyo. Abe ama-Hlubi wona se kufumane kuqatshulwe lo matùpàsi—intlangana ezimbini ngamacalana omabini ezandundwini zamantombàzana ngokukodwa. Ezingalweni be zikwanxitywa izacòlo nezekopolo kwa nemiliza—into ebikê yayinto kumaxesha ayo. Be kungekô bùlukwe yimbi kulo maxesha ngapàndle kwale imlenze mnye, ibisenziwa ngentliziyo yegusha—inqotyi ngegama mhlawumbi ingxiba. Yosukwa ke wena itàmbê ukuze ifanelane nolo ndyilo lwayo luqaqelwe kakuhle ngentsinjana entlana. Esinqeni somfo omkùlu zinqwemesha. Entanyeni pàya yintsimbi yesidanga. Gqibi ke.

# ISAHLUKO III.

*Ngamasiko nezitêtê.*

Esi sahluko sibalisa ngamasiko nezitêtê neziyalo zasemanyangeni. Kuba amasiko ayemaninzi ngokukodwa xa kudibene nezitêtê zasemanyangeni. Abengawo la :—

Isitêmbû, nesitêmbû nopêhlelelo lobu-Kristu. Upêhlelelo losana lwenkosi ezweni. Ungeno. Ukufana nokuyelelana. Uzeko nemitshato yama-Xôsa kwa neyexesha lama-Juda. Ukucitwâ komtshato. Intonjane, upûndlo, ukuhlolela, ukwenda kwenkosazana, inkomo yenqakwe, ukwendisa noduli, umsitô, inxaxêba ukulobolisa, ukutêleka, ukutwâla, intlombê, amagqira, ukukâfula, umlambô namatola, ukucela imvula kwesibini, amagqira nesolo, abakwêtâ (abatwâsi) amakwênkwe alukileyo, ukutiya umntwana igama, ukuyala, imigidi, inkomo, inkabi zenkomo zobukôsi, umzi o-Ntsundu osimo sizukileyo, inkomo zamatile-tile omzi, inkomo yenqutû, ukufuya inkomo, umsengi, ukwanyiselela, umbuso, izizi, imihlahlo, amatyala esigqebeni komkûlu, ndimangele, amahlawulo nemisila, awezibêno, (inkundla yasema-Xôseni iqûba pêzu kwamatyala amadala,) ityala lokubetâ, elokuzuma, elokuqômfa, elokonakalisana, elokwenzakalisa impahla yomntu, elokûba, elomkônto, ukukubela amafusi, ukukûtâza kombuso okanye kokusetyenzelwa kwenkomo ngokutiya ubuhlwempu—umvubo, igxoji, intamo inyama yamahlwempu, ubukôboka abukô abaziwa kwa-Xôsa, aba-Ntsundu, ukubonga, ukulima, amacongwane, imitshotsho yolutsha, umbuso omtsha wanamhla, imisebenzi yezandla ukwambêsa, ukufukutâ, ukuhlonipâ, ukuzila nokuqaba komdlezana, ukuqaba imbôla, ukuncwâtywa komfi, ukutshiswa kwezindlu, inkomo zencwâba nomzi wasencwâbeni, inkomo zesitsununu, umbiko wompânga, inkomo yezila, izivivane, amagqwira, abatâkati, amadini, ukubingelela umntwana nempupû zesicakati, ukubûla, amawele, izindlu nokuma kwazo, umtshato waba-Ntsundu ka-Rulumente, umtshato wabo wase-Tyalikeni nasezi-Ofisini, inkomo zemvaba nezeselwa, inkomo yesondlo, impahla yendlu, into ebezisakutyiwa ema-Xôseni, amazimbâ, umbôna, amatânga

imbótyi, imfe nenongwe namagontsi, inqoba, inyama, inyama efileyo, isibozi, inkomo yobulunga, ukwenza i-Wili—umyolelo welifa, inzilo, inzilo yabasetyini nokubetà kombane, amatwâlandwe, izinxiba-mxâka, imbèko enkulu enkosini njalo-njalo. Aye ke inkoliso yala masiko ebeyinkolelo enkulu ekwa lunqulo ebantwini.

*Izitêmbû.*

Izitêmbû labe ilisiko lasemanyangeni. Umfo wasema-Nantsini ongu-Sibani-bani ubevunyelwa ngumtêtó walo maxa ukuzeka nabangapi na abafazi. Ukuma kwezindlu be kunje, (1) Indlu enkulu (2) Ukunene. Zombini be ziba namaqadi alunge kuzo kanga ngoko anenkomo zokulobola—ingeji nomsesane walo maxesha nje ngaku-Mosisi. Bebeti ke babamisele emawongeni obukûlu babo, ze ke bahlalelane ngotândo nembêkwano enkulu kule ndod' abo, bayilulamele boshumi bayigcine ingalambi, yonwabe. Yoti ke nayo ibabalele bonke ngotândo. Qonda ke ukubala endodeni kujikelezisa izindlu zayo, ukuze ibazalise abafazi bayo. Ibingento ikôyo indoda engenzwana enkazaneni, emayisiwe nokuba kukubani na, engokabani na, le ntombi nenkazana, ekuboneni nasekutândeni kwabazali bayo, kukângelelwa ezi nkomo, nesimo nohlobo lomzi. Mayipâwulwe esitênjini apâ ukuba indawo yokuba umfazi wase-Kunene uqale kwinkosi engu-Pâlo nje ngoko se sikê sabalisa ngapâmbili asiyo nyaniso konke. Sakuba le ndawo siyilande ngapêzulu sifumana eyona ngqiniseko yale nto. Into yona engaba yayikô ngexesha lika-Pâlo kungasuke kube kwakuqâwuke intambô yebali. Le ntambô yeSitêmbû no-Kunene indala. Ma kube amaxêgo okubalisa ayepêlile kukufa ukuze nje kupûtûnywe u-Majeke kude kangaka. Unje wona umcimbi wokuvela kokunene. Ngumcimbi obanga ingxumbû-ngxumbû ebalini esililandileyo salicoselela ngoku. Abanye bati ukunene kuqale ngo-Ngconde, abanye ku-Tshiwo ; baze abanye nje ngombalisi u-Sam. R. Mqayi im-Bôngi yeSizwe babeke ku-Pâlo ngokwentetô ayifake ku-*Mtêtêli* ipêpâ lase-Johannesburg nge-18 August 1928. Ze bambi ngokulahla amagxulusha nje kodwa uve se befana besitî, " Le nto zindaba zabumini nje." Kubalandi abakôyo kwezi mini akubonakali, eluveni lwetû, akuko ulande

ngocoselelo olukúlu lokupéngulula le ndawo ngenyameko enoku-gqitá u-Mfundisi u-J. H. Soga wase-Miller, Elliotdale. Ma salatė kubalesi bale ncwadi ukuti asinanjongo kuyo yokuhambå ngento engalandwanga ipåndwe ngokunzulu. Wenje nje ke umfundisi ukusibalisela ngale ngongoma yase-Kunene. "Isizwe sama-Xósa sihleli sisesona sipåmbili kwezabantu base-Mpuma-langa ekuwacwangciseni nasekuwalandeni amasiko nentlalo yabantu. Ngoko ke, sikutyele tina, into yewonga nokuma kwabafazi benkosi ibingekė ingaqwalaselwa ekuhlaleni, kwaye ke kwaba njalo kwa ngapåmbili kuka-Pålo ngabula Mqáyi. Kube nangapåya koko, eli siko lokuxabisa izindlu be libanzi kuzo zonke izizwe ezi-Ntsundu zonxweme lwe-Mpuma kwa kuma-xesha asekuqaleni. Kutåtele kwa kumandulo ukuti abafazi benkosi le ibe zintombi zamakomkúlu zenkosi nezidwangube. Ezi ntombi ekwendeni kwazo be zizuzana nesidima sazo kutėtwė kusitiwa " Kaloku yinkosazana yintombi yenkosi le." Ngoko ke akucingeki nganto ukuba ezi ntokazi be zingavumelana noku-nyåshela påntsi iwonga lazo xa zendayo nangayipi na indlela. Yaye nenkosi ngokwayo ibe iya kunyanzeleka ukuyilungisa into yewonga lamakósikazi ayo, ukuze babe nokuhlala ngoxolo bangasoloko begxeleshene ngobukósikazi.

Kucacile mhlopė ukuba ukunene be kukó ngapåmbili kakúlu kweli xesha lika-Pålo. U-Nkosiyamntu wabe ekó ezweni mayela no-1585, waza u-Pålo wazalwa nyakana kwafa uyise u-Tshiwo nge-1702. Inkulu ka-Nkosiyamntu eyindla-lifa oko kutsho ngu-Cira, u-Jwara kukunene. Aze u-Tshawe lo umbo-nayo wena abe liqadi. La mabali sikuwo afunyanwa ngabapå-ndi bawo kumanyange asema-Xóseni mayelana ko-1845. Enda-leni ngabenzi mabali abanje ngo-Kamnteni (Captain) John Maclean no-Theal, ilandela, obebaliselwa zinkosi ezindala zasema-Xóseni ezingasenakulavuza namapåkati akólekileyo wona. Into ezome qoko impondo zona. Encwadini yakė (i-South Africa 1691-1795, ipėpå le-213) u-Makeleni lo uti ngu-Nkosiyamntu lo owavelisa (seka) isiko lendlu yasekunene ukuvela konyana ababini enkosini. Kuba ngesiko lasebantwini, isitėtė påmbi kweli xesha lika-Nkosiyamntu lo, be kuyekwa nyana mnye enkosini abone igala. Tyila kulo ncwadi ixelwayo, kwipėpå lama-213. Póꜰu ke asizingeni okwa ngoku izizatů zale

nyaniso. Ibali lisityela ukuti u-Mdange lo wayekukunene kuka-Ngconde, u-Ntinde elikôhlo, u-Ziko (ama-Kwayi) iliqadi, u-Ngwema nama-Hleke ikwa ngamaqadi. Sipinda sixelelwa ukuba u-Gwali yabe ikukunene kuka-Tshiwo, u-Tiso iliqadi. Into ebonisa ukuba isiko lokuhlelwa kwezindlu lalise likô engekabikô ezweni yena u-Pâlo lo.

Ukubonisa ukuba into yokunene akusiko lika-Xôsa yedwa lingelilo nelilibele lalinda u-Pâlo lo ka-1702-1770, woqonda into yokuba ama-Radebe la azibiza ngelokuba wona akukunene, ayindlu yasekunene kuma-Hlubi, u-Hlubi uso-Radebe, u-Mtimkulu I owayekô mayela ko-1850 inkulu yakê ingu-Ncobo, u-Radebe yena ekukunene. Lo maxa ke akakabi kô u-Pâlo lo. Kwa lo Radebe ubenokunene kwakê u-Reledwane lo. Ukutyebisa le ndawo siyipêtâyo ka utâtê u-Têmbû lo mayela no-1654. Wofumana ukuba u-Ntande wabe enonyana wakê wasekunene ongu-Maya—unozala wama-Maya la. Yiya kuma-Mpondomise —nanku u-Ncwini ka-Ntose ka-Mpondomise enokunene kwakê u-Nxotwê lo. U-Ncwini lo ke wayekô ezweni apâ mayelana kumakûlu amatâtû eminyaka edlulileyo (1629)."

Wenje nje ke ukubalisa u-Rev. J. H. Soga ngendlu yasekunene atsho esaleka ukuti, uyekelela esenakô ukuvelisa ezinye izibakala zobukô bale ndlu yasekunene kunezi, ukubonisa kumlesi ukuba yindlu evele kudala pâmbi kwexesha lika-Pâlo, yaye se inje ngesiko elisisitêtê kumanyange. Amabali ewe akô kwa-Xôsa ekutiwa ngawamhla kwaqala ukuvela ukunene; ade wambi abonakale ngokuti anobunyaniso apâ obutile obunomtsalane, kude maxa wambi kungeniswe kuwo amagama adumileyo nje ngelenyange elingu-Majeke isazi-mbâli selo xesha ngokucengceleza ngentloko kusenziwa namafuniselo kungekô sibâlo sivela kumaxesha akumandulo. Kunyanzelekile kade kwimeko ezinjalo ukuba kuhanjwe ngebali lika-Majeke lowo, kuba akukô ndlela yimbi. Akukalandwa kupândwe ngapâya kunoko. Kufuneka sipândile ke kakûdlwana sadlulisa kwinto yama-Xôsa akudala ebenqakula nezomoya namahambâ-nandlela. La mabali exesha lenkosi ezinje ngo-Pâlo lo ma kasondezwe ekukânyeni kwamabali asendaleni wona. Kutyâlwe kusingiswe pâmbili ekudeni, hleze kuti kanti be kusafinizwa kwa sesapâ hleli nje.

Ma kusingiswe kula maxesha aycsel' cnencwadi czibáliwcyo wona, kuze kutélekiswa kwalanyaniswc izinto ezikwincwadi zaba-Mhlopé. Kuba babe se bekô kwa kulo mihla kulo mhlaba sikuwo nati. Yoqala ke ifumaneke inyaniso emsulwa engenakupikwa nengenampiti yokuba ukunene oku kanti yinkonde yakudala, zingekabikô nezo ntsomi zamaxesha aba Pálo. " Ekwa nanje ngokuba amaxesha endiwamiselayo " utsho u-Mr. Soga enokupikwa ngotândayo. Ma ndaleke umsundulo ukwaneka nokucacisa. Ababalisi aba wena bonke, xa badwelisa umlibo (umtôndo) wenkosi kubantu aba benza ngokwenza, besenzela ukuze balicâne ixesha elisondeleyo lenkosi nganye ngokutê ndinde ngokufanayo. Kutíwa ixesha lenkosi nganye ma kutiwe sizukulwana sipéla eso (uqingqo). Abanye isizukulwana solu hlobo sipíwa amanci amashumi mabini eva ngesihlanu (25); bambi amashumi matâtû (30). Wobona ke nawe kovela ubunyaniso nomtântatô omilileyo ngale ndlela. Ma kê sitâtê u-Togu lo inkosi yakwa-Xôsa eyavela ngo-1686 nyakana kwaqêkeka la mkômbê kwakutiwa yi-*Stavenise* igama. Silivile ibali ngempunde ezapûmelela zasinda kolo ntywiliselo zaya kungena kwelakwa-Togu, zityakatya zona ngezika-Tshiwo zisingisa ngase-Kapa. Ngeli xesha ma kabe u-Togu lo ubesel' alupéle. Xa ke siqalela kule nkosi yetû yangoku ingu-Ngangomhlaba. Ku-Ngangomhlaba sinika ama-25 eminyaka.

| | | | |
|---|---|---|---|
| Ukusuka | ku-Gwebinkumbi | sise ku-Sigcawu | sinika ama-25 eminyaka. |
| Ukusuka | ku-Sigcawu | „ „ Rili | „ „ „ „ |
| „ | „ Rili | „ „ Hintsa | „ „ „ „ |
| „ | „ Hintsa | „ „ Kâwuta | „ „ „ „ |
| „ | „ Kâwuta | „ „ Gcaleka | „ „ „ „ |
| „ | „ Gcaleka | „ „ Pálo | „ „ „ „ |
| „ | „ Pálo | „ „ Tshiwo | „ „ „ „ |
| „ | „ Tshiwo | „ „ Ngconde | „ „ „ „ |
| „ | „ Ngconde | „ „ Togu | „ „ „ „ |

Ukusuka páya ku-Ngangomhlaba sizise ku-Togu apá, ishumi lonke lenkosi ezinkulu senze 250 iminyaka kwizizukulwana ezilishumi. Tábatá ke la makûlu mabini anamashumi amahlanu (250) kule minyaka sikuyo ngoku ye-1929 kusale kanye i-1679 ixa lokupéla kokupâtá kuka-Togu. Ekuti wakutábatá ixesha esilinikwa yimpi eyasinda kwi-Stavenise (1686) kweli letû langoku sikulo i-1929 kusale 243 emele eza zizukulwana

zenkosi zilishumi, oko kukuti zipôsane nge-7 kupêla ukuya kudibanisa kwi-250 yetû. Uya bona ke nawe mlesi ukuba kumcimbi onje ngalo, ukwahlukana ngesixênxe iminyaka kupêla yimfeketô. Ibe lama-250 afunyenwe ngokubala ngalo mlinganiso wama-25 iminyaka esizukulwana ngasinye. Woyibona ke nawe ingento iyantlukwano yale minyakana esondele kangaka kwigqaři elimiswe ngentelekelelo. Kucacile ukuba lo mgaqo usinika ixesha elitê funda kwinkosi nganye. Amaxesha anikiweyo ezinkosini o-Nkosiyamntu 1585, u-Mtimkulu I i-1650, u-Ntande i-1654, no-Ncwini 1629 afunyenwe kanye ngalo mqikelelo walo mgaqo abe ke engatenxanga kangako. Sipântse ukundabela ngalo mcimbi wasekunene no-Pâlo. Umlesi ma kangapâzamiseki nganto. Asikashenxi sisepêzu kwesitêmbû noko. Waye wakululanda olu hlanga lu-Ntsundu uya kusifumana isitêmbû sasibangelwa ikakûlu kukuba umntu esebenzela abantwana bakê ilifa lezandla namandla akê akufa ngokubopêkileyo. Ngoko ke abantwana bakê abavela kwezi zindlu zakê ma bamsebenzele nabo nje ngezicaka zakê ngokwakâ eli kâya labo likupêla kwempilo yabo. Kwakôna sasikûtâzwa nayimfuneko enkulu yamadoda omkôsi kumaxesha entonga naxa sukuba kubangiswana ngomhlaba nobukôsi ngesiko. Kuba isitêmbû lingatêtwâ elokuti bubukumkani bobutshaba, amakwêle, nembâmbâno ezibe zipêliswa zigqitywe ngeziřweqe ezindlwini nasekuhlaleni elizweni kuba sifundiswa ukuba "okuhlaba ngeřele, nawe mgwaze kwa ngeřele." Kwaye ngesi-Xôsa kwigama labantwana kuqukwa nabatshana, iziza-nanina kwa nabezisu ekugqibeleni. Kuya fumaneka nanamhla ukuba zisekô izitêmbû noko zincipâyo ngokupêla kwenkomo zizifo nazimbâlela nakukuhambâ kweliZwi lika-Tixo nemfundo pâkati kohlanga. Mhlawumbi nento yokupêla komhlaba waba-Ntsundu wamadlelo ngokukodwa ikwa yenye yembângeli. I-Testamente endala isibalisela ngezitêmbû zalo maxa ezifana nezitêmbû zonke ukusekelwa pêzu kwenkanuko yenyama. Kulo Xôsa wanamhla wasemfundweni nasezikolweni asinto ikôyo ivumelekileyo isitêmbû. Kuba imitêtô yerafu neyalo mtshato mtsha wasesikolweni ivumela umfazi omnye kupêla endodeni. Luti uninzi olu ukuba lukô lubalelwe emashweshweni. Ukususela ekungeneni kweli-Zwi lika-Tixo kuma-Xôsa naba-Ntsundu bonke, kunye nolawulo

luka-Rulumente wasema-Ngesini, ngumfazi omkúlu yedwa—omkúlu ngokuzekwa kuqala kunge ngasiko lesi-Ntu owamkelwayo erementeni. Abanye aba, owasekunene namaqadi babalelwa pàntsi kwamashweshwe nabar̃exezikazi ngenkangelo yase-Yuropu. Le njongo nenqubo asikukò nokuba iluncólisile kanzulu uhlanga olu-Ntsundu lupéla, yaye ipàmbéne ngokulusizi nesiko lesi-Ntu. Amashweshwe nabar̃exezikazi zinto ezahlukileyo ebafazini enyaniswéni. Zahluke nje ngelanga enyangeni. Le njongo iqale yeza nabafundisi bokuqala bevela pésheya bengamahlelo ngamahlelo. Bonke pófu bepúma kuhlanga olu-Mhlopé olumfazi mnye ngesiko nesitété, bengene kolu-Ntsundu ngokusebenza i-Vangeli Engcwele bengazani nganto nesitémbú. Xa kulapó ke basigwebile isitémbú bati " sisono ema sicitwé " silahlwe, kwahlukwane naso ngosukuba efuna ukulandela um-Sindisi waboni ongu-Yesu. Saye kwa isono esi siyinto eyahlukileyo kule ixelwayo kum-Afrika ngokwaké ; engenakó ngokwaké ukusibalela ezonweni isitémbú konke nokubana se kuté-ni. Umfo o-Ntsundu yena usele enxoweni páya esazi ukur̃exeza okusisono, wabe yena ebesitétisa esohlwaya ngomtétó waké wobuzwe, kuhlawulwe inkomo ngaboni. Ma kukúnjulwe ukuba xa senje nje, sitétà kupéla ngomzi ofikelwa li-Zwi lika-Tíxo se usezitenjini wodwa. Lo mcimbi ube nzima kunene kuma-Bandla ngama-Bandla emvaba ngemvaba kwaba-Ntsundu. Abafazana abancinane baqale abamkelwa bengayilahlanga bemke endodeni yabo kwamanye amahlelo. Kuté kupàkati amanye amahlelo abamkela ngopéhlelelo lodwa, bangatyiswa mténdeleko kodwa. Kwamkelwe umfazi omkúlu okanye wokuqala, ize indoda nokuba igqobokile ingaze yamkelwe isanamatéle kweso sitémbú sayo. Yoda ibancame ibalahle xa ifuna ukwamkelwa. Akwazi mntu apó woda upélele kona lo mcimbi unzima kunene. Kuba i-Bandla lika-Kristu linkontele kokwalo ukubona, abe owesitémbú ekwa namatéle kokwaké ukuqonda ; elifumana ili-Zwi lika-Tíxo lingumciti endaweni yomaki, lingumpàmbànisi endaweni yomxolelanisi. Into esimanga yeyokuti kwa i-Bandla lisamkele sona isiqàmo sesitémbú, inzala engabantwana besono ngokwemfundiso yabo yobu-Ngesi. Siti, kanene kuké kukiwe idiliya emitàneni enameva yini na ? Lité ke lakuhambà ngale ndlela ili-Zwi lika-Tíxo

laqala lawuxaka umzi o-Ntsundu e-South Africa. Kuba amapákatí nenkosi ezi-Ntsundu exakwe yinto yokulahla intsapô, aqêkeze izindlu zawo azipíwe ngu-Tíxo owayolela ngokutí, " Cumani nande." Kwaye kungaxelwa nalapô le ntsapô igxotwáyo lili-Zwi eli iza kusiwa ukuba iye kuhlala kôna ukuze ibe nokugcinakala. Bonke mlesi abazana ncam nezitêtê zakwa-Ntu kunge ngakuyiqobola into ngentloko ukutâmbá, baya kuhlala bevelana kakûlu nomzi o-Ntsundu ngoku kupâtêka kwawo kunje kumcimbí omkûlu wolu hlobo wokugeniswa kweli-Zwi lika-Tíxo kuwo. Nangoku yeyona mbângeli le yobuku-mkani basema-Xôseni ukuba bube abukalamkeli bulingene iziqu iliZwi lokûlulo. Kwakuhle kwaqondakala ngokungamke-lwa kwabafazana abancinane (ingabafazi). Lo nto yangenisa isipítí-pítí esingesincinane emcimbíni. Saye isitêmbû esi sizida-lele eli siko libi longeno.

*Ungeno.*

Ungeno lisiko elifumaneka ukuba lalikô ngexesha lika-Mosisi kwi-Testamente endala. Kuya mangalisa ukutí kubekô abafuze umzi o-Ntsundu kumanyange eli xesha lakudala olu hlobo. Kwesi sitûba nomtshato lo wakowetû kwa nongeno olu singakê siwulande; sihambê siwalamanisa nentlanga ezindala zakwa-Yuda ezibonakala zinemfuza kowetû ngamasiko nenkonde. Kusuka kube ngokukodwa kule micimbí ka-Ntsundu nom-Yuda akufumaneki mahluko wakulanda. Kwa-Yuda umhlolokazi okanye umfazi ofelwe yindoda yakê engazalanga ubevumelekile ukuba umkûluwa nokuba ngumninawa wendoda yakê amngene amvusele inzala umntakwabo. Tyila kwese-Genesis, 38. 8 Duteronomi 25. 5-6, Rute 4. 10; kuba kuma-Hebere kwaku-ngekô lishwa lifana nobudlolo Genesis 16. 4. Ungaqonda ngokutí kanti no-Dafeti lo kokwabo kupûme u-Yesu um-Sindisi wetû u-Kristu, wayengowaselungenweni. Eli siko latí lakwanda langena nakuma-Mowabi, ama-Persiya, ama-Indiya nama-Arabu. Aba-Ntsundu base-South Africa bafuze ezi ntlanga ke ngongeno olu. Eli siko lisekô nangoku kweli xesha letû, laye linazo indawo zokulunga kwalo kwa nokungalungi kwalo ngokukodwa kula maxesha okânyo nobu-Kristu. Lalilungile kumandulo ngokwandisa inzala, nokupônonga umonakalo wobuhenyu

ku-Mateyu 22. 25-28, Maraki 12. 19-23, Luka 20. 28-33 sifumana umtêtô wongeno ucâzwa ngokuzeleyo, kuba wawuqubeka ngexesha le-Nkosi yetû u-Yesu Kristu. Ezi ziqendu zalatâ into eyayifanelekile kulo maxesha—umfo ukungena umhlolokazi womntakwabo akububa amvusele inzala. Pôfu baqala banempikiswano ngale ndawo ukuze nje babênele ku-Kristu. Kuqale kweli xesha ukutí umntu abe nokumala ekuhleni ozibuzelayo (ngokupímisa); ukuze umhlolokazi kwa-Yuda abe nokwendela nakubani na. Kula masiko ama-Yuda e-Testamente Endala ne-Ntsha asikukô nokuba siwafumene efana-twa nama-Afrika a-Ntsundu. Inene kuma-Yuda umtshato, uzeko, ukwendisa nokuzekelana ngumcepê ucandiwe nama-Afrika. Ungeno lisiko lasendaleni kwa-Xósa nase-Mbô kusemiwe. Bebesitî abafazi beso sitêmbû bakuba befelwe yindoda yabo, bangenwe ngumkûluwa wabo, ibe ngabakê ke abondle, abagcine ngazo zonke indlela. Xa bangasenamkûluwa sel' efile, okanye babe bona ngokwabo ingabomkûluwa, ma bangenwe ngumninawa okanye ngomkûlu kubaninawa. Botí ke kodwa ukuba umfo waye eyedwa kowabo apâ emadodeni zihlanganiswe zipêlele izizalwana zomfi ukuba abafazi bomfi bazinyulele abamtândayo ukuba abangene. Le ntlanganiso yenzelwa ukuze bangabi nakubangisana aba bazalwana ngexôba eli. Ngeli siko lokwenje nje be kutíwa " uvuselwa inzala umfi." Fanisa nesakwa-Mosisi sokumvusela inzala umfi kumiselwa umnombô wendlu yakowabo. Eli siko alisekô ema-Xôseni; laye nangeli cala lase-Mbô nasema-Hlubini se liqaliwe ukuliwa nokubulawa li-Zwi lika-Tixo. Lalikô ngexesha lika-Mosisi osizwe simasiko ayelele kakûlu kwawasema-Xôseni. Kusemhlotsheni ukuba lona eli siko limelwe kukufa lipêle kunamhla nje nje. Zonke imeko zeli xesha sikulo zicâsene nalo ngokugqitíleyo.

La ngamanqaku ambalwa esitêmbû namanye amandlu-ntsha. Ubukôboka e-East Africa, u-Nxele, u-Cihoshe, uhlanga lwabe-Lungu, umlilo nedosha, ndiwafuntsule kwincwadi edumileyo ka-J. H. Soga i-*South Eastern Bantu* ndawapisela kule yam ye-" Ntlalo ka-Xôsa " ukwenzela ukuxâsa nokucacisa ngokutsha esekufakiwe kwi-Ntlalo ka-Xôsa leyo ukunika ubunzima. U-Rev. J. H. Soga ke ngoko, nje ngombalisi ovele sel' etwêle intshinga, izindwe, nezidlokolo ndimbulela ngokutsha ngapêzulu

nangapézulu. Ndaye ndiyizuze tanci nemvume yakė u-Songcangcashe lowo.

" Isitėmbú esi wena " (ndenza inguqulo ekúlulekileyo esi-Ngcsini sakė) sisoloko sibubulala sibupėpėtė ubunye bohlanga. Ngesiko inkosi be zizeka isitėmbú sabafazi abaninzi, into epåkamisa uhlanga ngokwenkangelo zelo xesha. Abafazi bebesakupúma kwintombi zenkosi nezikúlu, ngoko ke bebe ngenakuhlala singacalulwanga isidima sobukósikazi babo ngokuti zilawulwe izindlu zabo namaqadi azo, ihlale icacile indlu enkulu neyase-Kunene ekuhlaleni zahlukile kumaqadi. Amakwėle nempambåno kwa nempikiswano nemfazwe ezininzi kusilwelwa ubukúlu bavela kuso isitėmbu esi. Kutė emva kwemfazwe ezininzi, zisukelana ngokubulalana nokucitåna izizwe ezi-Ntsundu kwafumaneka ukuba igama labantu lilo kupėla elinokuwudibanisa liwubandakanye umzi o-Mnyama wase-Afrika ube yinto enye ngesibizo. Ekubeni ubukumkani besi-tėmbu ingumzi wolawulo lomkónto nesinkempe ; ukubulalana nokububisana kwapåndle kwenceba netaru.

*Ama-Ndlu-ntsha.*

Usibalisele umfo ka-Soga umbalisi ngokuba u-Tshiwo lo wayeneqela labafazi belingana nemizi yabo. Ibe iyindlu enkulu neyasekunene zombini zinamaqadi azo ; kwada kwakó neyekohlo. Uzeke umfazi ongu-Noqazo ekugqibeleni, indlu entsha engati-ywanga gama limbi litėtiweyo ngapåndle kokutiwa kukwa-Ndlu-ntsha. U-Noqazo lo ke akazalanga nkwenkwe, ekutė kunjalo akafakelwa mntana wasebuhlanti ngesiko ; koko wabekwa nje ngenkosi ngokwayo. Suka ke izizwe ezipåleleyo nezicitwė zezinye zase ziwomela kuye kuvela ubukósi babantu ekutiwa " ngama-Ndlu-ntsha " isibizo. Izizwe ezipåmbili kuma-Ndluntsha la ngama-Cira, ama-Bambå, ama-Nkabane nezinye. Kutė emva kokufa kuka-Noqazo ezi zizwe zayigcina inkundla yobukósi bazo bobu-Ndlu-ntsha. Nanko kubizwa imbizo ligosa elitile lekomkúlu elisesikúndleni senkosi engumfikazi. Kwaza ke kwanyulwa intsika endlwini ibinqiswe amanqashela eqiya, nencebeta zibelapå nesikåka sokubinqa ngokwenkosikazi kakade. Atėtė umntu aqavise esiti, " Inkosi le inibizile, inibi-zele ukuti nokuti." Nanamhla oku eli siko lisaqútywa emva

kokuba se kudlule ikûlu leminyaka. Ama-Ndlu-ntsha ngoku aqêkezelene aziqendu zibini, sa-eso sapântsi kompâkatl otlle. Esinye isiqendu sipêtwê ngu-Bôza wasema-Bambêni. Esinye naso kwa-Bomvana pântsi ko-Msasa ka-Mpangashe um-Nkabane e-Mgazana.

*Ubukôboka e-East Africa.*

Esinye isizatû sokudilika kwa-Bantu besuka e-Ntla-Mpuma sesobukôboka. Ngo-1860 u-David Lvingstone umfundisi nomhloli-zwe, walama obona boyikekayo ubukôboka—ukutinjwa kwabantu baŕolwe bebotshelelwe ngamaqamesi. Beqanyangelwe ngamakamandela nezinkankela zedyokwe balayishwe ezinqanaweni zokubasa kwelase-Indiya nase-Yuropu; beya kutêngiswa nokwananiswa ngenŕwebo yemipêfumlo nemizimbâ yabo. Lo msebenzi ayewuqûba ama-Arabu nama-Pûtûkezi ngobugadangu obupêleleyo; labetâ ilizwe lakûkuzeka langumqwebedu, layintlango. Wobabona bobenza umtyino omde oxokonyelelwe ngamatyatânga, intamo yomntu ngamnye ifakwe yankankelwa edyokweni eqanyangelwe yaqina ngokungena kutiwa ni nto ngezikônkwane ukwenzela ukuba ingabi nakupûncula nokuba se kutê ni ingabi nakushukuma kanjalo. Ze kutl kunjalo umntu lo atwâliswe omnye umtwâlo entloko awungcekelele ube ungumtwâlo onzima. Bohambâ njalo ke; ehambâ umntu sel' elincamile ikâya. Indlela ezi zabetâ zazala ngamatâmbo abadutyulwe bafela apô akudinwa kuhambâ nokulambâ. Abanye behlatywe bafa ngencula, bambi bafa kuŕwitshwa nokwapûlwa. Balahlwe pâya ngababambi nabatimbi babo. Enyaniswenl be kunokunyamezeleka kwaba bafele ezindleleni kule mijazo kunaba basindileyo. Ababanjwa aba bebelibona lipûma ilanga, balibone litshona bengasatsho. Imeko zabenza kwalibala ukufa se befuna kona kunokupila olu hlobo. Ngomtândazo ka-Livingstone i-Englani yawupêlisa ngemikôsi yawo lo monakalo weli shishini lobukôboka ngelahleko enkulu yencitô mali nemipêfumlo. Isenzo esidale umbulelo omkûlu kubantu. Imipêfumlo yasema-Ngesini namhla nantso ilele emancwâbeni ase-Afrika ngokuba yazincamela ukukûlula aba-Mnyama ebukônxweni. Bunje ke bona ubukôboka indlela zabo sinityele.

Ma kê sifanekise ukuba ama-Mfengu la ayengamakôboka na

kwa-Hintsa. Ama-Mfengu amkelwa ngu-Mhlekazi lo, anikwa imihlaba, inkomo, nobukŏsi kwa-Gcaleka pântsi kwenkosi zawo isibonakaliso sokuba asenobuntu obuzimeleyo. Ngalo maxesha abafundisi nabar̂webi aba-Mhlopê bebese bekô ema-Xŏseni, kanti akukô namnye ukê wanqîna bukŏboka. U-Theal (umbalisi) yena unqîne ukuba be kusenzeka ukuba ama-Mfengu apâtwê kakubi maxa wambi, kanti be bungekô bona ubukŏboka. O-Mr. Pŏswa e-Ncehana pâya ngama-Hlubi anikwa ubukŏsi ngu-Hintsa akabunqini, engazani nabukŏboka kwa-Xŏsa; bengawalandelanga namanye ukusinga e-Ngqushwa. Ikŏboka eli ngumntu ongenankululeko yabuntu bakê olawulwa ngomnye umntu. Ama-Mfengu la ayehleli ngenkululeko kwa-Gcaleka, umntu ezihambêla kwanotânda ezifunela nemisebenzi ngokutânda kwakê. Ikŏboka alinamfuyo yampahla (inkomo) lingatî zezalo; kuba lona linokutêngiswa nanini na ngumnini-lo, laye lingenakuzibuzela nanganto ni na emtêtwêni. Ama-Mfengu akazani mpela nampatêko ilolu hlobo kwa-Gcaleka. Ngelinye icala ayefike ingabantu abazimbâcu banikwa inkonzo nenr̂webo baxumeka kanga ngokuba mhla afudukela e-Ngqushwa abangamawaka omabini ngapândle kwabafazi nabantwana, bapûma namawaka amashumi omabini eva ngesibini (22000) inkomo ukubonakalalisa ukucûma nokwanda kwawo kule minyaka isixênxe ebeyihleli kwelika-Hintsa. Kunjalo nje amanye kuwo ar̂wiqiliza nezama-Xŏsa inkomo ebe zikuwo emka nazo—intswela-mbulelo leyo. Aba bantu ke babefike bengenayo nenkuku le imbâla. Kwafika amahlwempu kodwa kwemka izityebi zenkomo, ukuba bubukŏboka baluhlobo luni na olu? Kanga ngokuba abamaninzi awasalayo akavuma konke wona ukuya kulo Ngqushwa yegugu. Kwakutê ni na ukuba bale ukuhambâ lakufika itûba, kanti babengahleli ngakunyanzelwa mntu? Bubukŏboka ngenene na obu zinkosi? Bebengatî ni na kŏna abantu ukuzisa ngokwabo ebukŏbokeni, ze bangavumî kwa ngokwabo ukupûma kubo bakufikelwa litûba lenkululeko? Izipûmo zeli bali ziya nqinelana nezelobukŏboka bama-Sirayeli e-Jeputa. Ubukŏboka benene bona obo? Nakanye!

*U-Nxele.*

Emva kwemfazwe ka-Ngqika no-Gcaleka e-Malinde nge-1818

kuvele u-Nxele ogama limbi lingu-Makanda ka-Bálala wavela ngokukwézelela umoya wemfazwe. Wabe engum-Ndlambé emi e-Qágqiwa kufupi nolwandle ngase-Tinaŕa. Sasilapô isikolo sama-Lawu sika-Nyengana (Dr. Vanderkemp) owayehlabe u-Nxele lo ngentshumayelo yaké yovuko lwabafileyo. Waqonda u-Nxele ukuba ngayo unokwenza inŕwebo nenzuzo enkulu kumawabo libalasele negama laké ngayo ngokubakóhlisa abantu. Uté kwa bunje wabuya ngase-Tinaŕa páya, nanko epindela kwa kwa-Ndlambé ukuze kwa oko azibize ngegama lokuba ungunyana ka-Tixo otûnyelwe ku-Ndlambé ukuza kumtyela ukuba uza kuvusa abantu abafileyo ngalusukwazana lutile. Esi sisimanga esingazanga saká salanywa, singazanga siké siviwe nangelivo kwa-Ndlambé ke eso. Kóna kwa-Xósa into enje yabe iké yaviwa na kóna emabalini mntu ndini! Kuti emva kwesi sanga, suka nanko u-Rili emilisela pézu kwala mampunge iziprofitesho zika-Nongqawuse no-Mhlakaza. Kwati kulapá oka-Bálala umntwana wazibona sel' esisityebi ngalanga-nye yena. Kuba zaqokoza azayeka inkomo ziziswa kuye, ukuza kuténgela abantu kuye le ntsikelelo yokuvuswa kwabafi babo ekufeni behleli belilelwa ngenkumbûlo le. U-Nxele umise usuku olutile wonke umntu wambizela kwa-Gompo. Waza ekufikeni kwabantu kóna wabayalela ukuba ze benze uncile-ncile ngamlenze mnye—umntu emana esiti, "Tayi, Tayi! Usebenze akema ndawo ukudala eli vuso ebantwini ukusa kusuku lovuko. Zaye zingongoza izifuba namehlo sel' ezinto ezibomvu ebantwini kukujonga kula ndawo. Kûmbûla ngeqalo lesi-Xósa eliti "Akukô cûle lingazikótá mhlana." Kumhla kwahlw' emini, yayinkinge yenkohla-mntu kuba balile bona abafileyo ukuvuka befile nje. Waba kusuka sel' ekupélelisela konke okungamaqingana namangwengwe aké u-Nxele yaqin' inqawa. Lajikela lenyuka ngomendo walo lona ilanga, sel' eqikilekile ekwáza kutixo waké esiti, "Tayi!" Laya latshona lona nje ngelemihla lapél' itémbá. Bagoduka abantu bapûk' iminqonqo; nxokotô kuyilo nto.

Kuté kulapá qapú kwavela u-Ntsikana ka-Gaba kwa-Ngqika owab' etétá ngendlela emangalisayo, wayicása ngokumandla le ntshumayelo ka-Nxele kuba esiti ixókonxa imfazwe. Kukô ababali aba-Mhlopé abapikele ukuti, "U-Nxele lo wayevuselela

ama-Xósa ukuba alwe naba-Mhlopé baye kubayelisela elwandle apó babevele kóna kakade." Kanti wona ama-Xósa akatsho. Koko esiti wona, " Hayi u-Nxele yena wayevuselela ama-Ndlambé ukuba atshabalalise ama-Ngqika. Ingqondo yemfazwe naba-Mhlopé yafika ezinkumbúlweni zabo ma-Ndlambé emva kokoyiswa ngu-Ngqika sel' encediswa ngaba-Mhlopé kusiliwa nguye no-Ndlambé. U-Ntsikana lo wayeligqobóka lika-Veldyam (Rev. Williams); waza wenza konke ukutíntela imfazwe yokuba ama-Ngqika angaké alwe nama-Ndlambé. Wada u-Ntsikana watúmela u-Ncamashe ku-Ngqika emyala esiti, " Ngqika, yilahle konke ingcinga yokulwa no-Ndlambé, kuba uya kuzitóbela intlekele embi kunene nendingenakuyicáza. Ndaye ndizibona (intshinga) intloko zama-Ngqika zityiwa zimbúzane." Uté enqanda njalo u-Ntsikana umcimbi wabúkuqwa ngu-Manxóyi oté, " Akukó nto ingaviwa ngo-Ntsikana igogo." Kumhla bawavutúlula ngokwamagqabi emiti amagoṙa akwa-Ngqika, acambálala efile kwelo tafa ulibonayo lama-Linde. Umzi wama-Ngqika wahlelwa lilishwakazi elingalibalekiyo emhlabeni apá. Kuba kwezinye izindlu afa kwê mû amadoda. Kuté ukuṙola komkósi ka-Maqoma ekutshoneni kwelanga bazincinitá njalo inxweleṙa besiti bapélisa iṙatshi nala mabóngo angaka ka-Ngqika. Kumhla isililo sabafazi bakwa-Ngqika asatéteka; safuza esika-Raṙeli ehlahlambá elilela abantwana baké engenakutútúzeleka kuba bengasekó. Awu! Hayi kamb' u-Nxele! Kumhla kwavela eli qálo lesi-Xósa liti, " Kukuza kuka-Nxele." Kutétwá into esukuba ingamampunge obuxoki.

*Kwa-Cihoshe.*

Esi siziba sesi watwásela kuso u-Ngqanga ukuze abe ligqiṙa. Naso e-Nxuba ekungeneni kwayo elwandle. Be kusakuti kaloku ekutwáseni komntu isiziba emlanjeni páya sibaluleke, kuba otwása ngaso wosuk' antywile kuso ê tshoni tshabalala angabonakali kuhambé intsuku, nqanu avele sel' eligqiṙa elipéleleyo. Ubesiti ongumṙazi akulinga ukuwela e-Nxuba engacamagushanga kweli zibuko, minxi! Amanzi ambambé nkwanku ahlale naye. Kube kufuneka ati nawupi na umntu owalame umfazi ekwesi simo asel' ekáwuleza enxénxéza ku-Cihoshe utixo wesiziba esiti, " Camagu mhlekazi lo mfazi wonile ngumka-

Bani ka-Bani. Mkûlule umyeke ahambê, ndiya kutândaza." Suka upêndulwe lo mtândazo akûlulwe umfazi ayekwe ahambê. Le ntsomi isanamatêle ngokunjalo ebantwini abaninzi abasekula makâmandela. Utê u-Ngqanga akufa ingubo yakê yawela ku-Bômela isalamane sakê pôfu engu-Mnywabe; ekutiwa ama-Nywabe lawo akwazalana nama-Ngqosini la. Kwavela iqâlo lesi-Xôsa eliti, " Kukwa-Cihoshe." Kutêtwâ ukuti into etshone kôna ayipûmeli; koko yeyela, itshone undotshona."

*Uhlanga lwabe-Lungu.*

Ngaxesha litile ema-Mpondweni kwaqêkeka sikêpê sitile singaziwayo, kutiwa kodwa kwakukufupi ne-Lwambâzo kulo ndawo, eliti ibali kolu qêkeko-sikêpê ndini amadoda amatâtû nentombâzana eselula akûtshelwa elunxwemeni lolwandle esapilile. Itê le ntwazana yatiywa ngokuba ngu-Gquma kuba ipûme kumaza eqguma yafakelwa kwenye yezindlu zenkosi. Abanye bati yazekwa ngu-Xwebisa indlalifa ka-Tshomane yakukûla. Baye bambi besiti yazekwa ngu-Sango. U-Dudumayo le nkosi yangoku yama-Tshomane wati yena upûma ku-Xwebisa indoda ka-Gquma. Kula madoda matâtû ebali enye yatâtwâ yinqanawa etile eyasondela kufupi elunxwemeni apâ, kodwa wona amabini atiywa ngokuba ngu-Jekwa no-Hatu ngama-Mpondo asala, ahlala kuma-Mpondo, azeka abafazi, avelisa inzala yabe-Lungu eluhlangeni ehlala ngoku kuma-Bomvana kwelakwa-Bomvana. Utê u-Gquma lo wangumfazi omkûlu mhla indoda yangena kubukôsi baMatshomane. Uzele into zontatû intombi yanye. Unyana omkûlu oyindlamafa yangu-Gela, owesibini yangu-Mlawu, owesitâtû yangu-Mdepâ, intombi yangu-Bessie. Lwavela ngale ndlela ke uhlanga lwama Mpondo angabe-Lungu kuma-Tshomane.

Ngokufanayo nokuba kwindlu enkulu ka-Soga, ka-Jotelo wasema-Jwareni ku-Tiyo umfundisi, emncinane pôfu kuyo, kupûme ama-Xôsa angabe-Lungu ngokuzeka kwakê atshate intombi engum-Skotshikazi ayitshatele e-Sikotilani lo mfundisi wokuqala kuma-Rařabe.

*Umlilo nedosha necwilika.*

Kumaxesha amanyange ezizwe ezi-Mnyama zeli lase-Safasifika umlilo lo be zinawo ngokugcina iviti necwilika yokuqwitâ iqwi-

tèla edosheni intlantsana zokulumeka umlilo wakunya (pûma). Be kuhlala kufuneka ukuba le mpahla igcinwe endaweni eyomileyo ukuze iviti litshe ngokukâwuleza. Ngamanye amaxesha be kulondolozwa umlilo opèhlwa ngomti wozwati, kukŏ namatye atile kula angobendlela aziwayo ukuba anomlilo asel' egcinwa kwalapâ kulunyukelwe into engekehli. Wahlala ukò ke ngoko umlilo ngendlela elula nengenandleko mntwini. Kodwa ngoku mlesi, zonke ezi ndlela zipèlisiwe zivenkile zabe-Lungu abeze nematshisi zokuqwitâ umlilo ngebókisana zayo. Pófu yimatshisi etèngwa tshipû, kuba izuzwa nangepeni le nokuba yihalufa. Kanti kutshipu njalo umzi wakwa-Ntu sowudleke izigidi zeponti ngomlilo wasemzini, ekwafumane kwatshitshiswa umlilo wasekâya kungekó sipóso santo emlilweni ka-Ntu. Hayi kambè abantu bakowetû ingqondo zabo !

*Umdlezana nokuqaba.*

Kwaba-Ntsundu umfazi ozeleyo ubefihlwa ahlaliswe emkûsaneni okwexesha elitile. Kumana kutètwâ kusitiwa " ufukamile " Ekoku kufukama nje uyondliwa ngokutyiswa kakuhle (uya naswa ngokwangoku) ukomelezwa nokuti kuze kuqina amatâmbô namandla ngokutsha. Akavunyelwe nokuba abonwa ngamadoda nabantu bemizi emininzi kusitiwa wopûma intlahla. Koda emzuzwini kuxèlelwe umntwana eyombingelelo, aqale ke umdlezana apiwe intsimbi yamaso ukumbâsela. Ayinxitywe emqaleni le ntsimbi ibe sisivató sodumo kuye. Kungenwe ke ngoku kwitile-tile lokumqaba imbóla kula maxesha embóla ukuba angaxwebi. Woqatywa ke abe yilo nto, bamtâmbise nyibi nangamafutâ. Bonke abantu se besazi ukuba eli siko laba-Ntsundu lokuqaba imbóla asilo lakudala. Abakudala aba-Ntsundu siyazi ukuba bona babesambâtâ iminweba yengubo zenyamakazi nezenkomo ngokuka-Adam beno-Efa. Zaye zizizambâtó ezingavani nambóla ke ezo. Aye nala mabâyi neblankete zevenkile be zingekô kulo maxesha. Kulandwa kusitiwa eli siko lokuqala aba-Ntsundu ma babe balibonela kuma-Lawu naba-Twâ ababeqaba intungo zodwa bona pófu be nqanamfu ngamadolo. Kutiwa aba-Ntsundu ngokukodwa ama-Xósa ma babe ngokutânda la mazimbâ abomvu baqale bayiqaba ezintloko kuqala ; kwase kutâtèla aba-Tèmbû, ama-

Bâca, ama-Bomvana nama-Hlubi njalo-njalo. Nangayi pi na indlela akubonakali kunokuba yinyaniso kôna ukuba imbôla le kwavelwa nayo kwa semvelweni. Kuba into yokuqala kumntu akuvela kukuhambâ ze ngokuka-Adam umawokûlu.

*Intonjane.*

Eli siko lentonjane lalingentwana nje kumanyange, koko ibisisinqulo esikûlu. Umntwana anikelwe kumankazana asel' ekûlile ukumkunga. Ezintombini yinto ebifana nolwaluko kumakwenkwe. Nditi ngumcimbi obukûtshelwa abantu abakûlu nabanamava. Yonke into kude kuse kwinkomo yokuxéla ibisemandleni abo. Ewe lobakô nolunye usapô olu lukûngileyo ekutiwa " lijaka " ngegama. Zaye zonke intombi zakwa-Ntonjane kunye nayo ngokwayo zingenakutya masi nalubisi nje ngesitêtê samankazana a-Ntsundu xa asemaxesheni awo esifo senyanga. Amadoda wona anokudibana nazo ngokulala nazo zisakwabiwa ebusuku. Pôfu oyimitisileyo lityala, akakô kukuhlawula ngenkomo zakê. Ngesiko zipûma zonke intombi zesixeko ziye kutêzela intonjane inkuni, ziye kutyabeka nendlu ziyandlale incâna etâmbileyo ekutiwa yinkwandla-nkwandlane igama layo. Koqala ngokuvunywa ingonyana etile ngabafazi xa litshonayo ilanga nakusasa ekupûmeni kwalo; kanti ke iya ngeniswa. Angene axele ke umnini-yo. Yohlala iqela lentsuku ipûme okokuqala emva kokuxêlwa kwenkomo yomdudo wentonjane. Kule mihla kungenelele uqokelelo lwemali kubantu namadoda ahambâ kwa-Ntonjane kusenzelwa uyise womntwana. Iya kude ingeniswe okwesibini ukuze ibe igqibile ukutônjiswa. Kuba kaloku mhla kungalunganga ngokuti kuqûbeke kakubi enzaleni yayo, amagqiřa aya kuhlaba ukungatônjiswa agqitywe umntwana, kuqale ke kufuneke bukâli ukuba iye kulungiswa lo nto. Suka ke anqandwe ngokutsha aye kufezwa ukutônjiswa nokuba umntu sel' enořobololo lwabantwana. Endaleni be kumiswa amankazana okugcina nokuhlola amantombâzana ekungeneni nasekupûmeni kwa-Ntonjane. Asikâwulezise ke isonakalo ukusivisa oyise. Nje ngoko se sitshilo intombi zakwa-Ntonjane be zisabiwa ziditywe namadoda " ezidlala " okwendoda nomfazi, kujongwe ukwenda kokôlisiweyo yiyo ngesoya. Kube kuhlawuliswa inkomo akuyonakalisa omnye. Amasiko alelu



E

hlobo asikukô nokuba angamanyumnyezi ahambisa umzimbà. Abangazaniyo no-Ntsundu bangapûma kwelokuti " Um-Afrika yinqambi." Ze kodwa wakumtèlekisa nezinye intlanga zamany' amabala namazwe ufumane engeyedwa koko efuze enye inzala ka-Adam. Akuboni na abe-Lungu benezindlu zodumo olubi nje ezinamankazana am-Hlopè aquba ishishini lokuřweba ngokulala namadoda ngombulo ?

Kule minyaka sinayo umlesi ma kapàwule ukuba ukuncipà nokufa kwenkomo zizifo zemofu, olindipasi, omanz' abomvu nezomdlutà kuwatilizile kakûlu amandla namagunya akwa-Ntonjane. Umlesi ma kapàwule ukuba ngokutônjiswa kwentombi be kusitiwa kwenzelwa ukuze ifumane inzala yakwenda. Ibikukuzaliswa kwayo ebuntombini ukuze ikulungele ngoku ukwenda, ibe ngunina wosapô olungabikwa nto. Ibitômbà ishumi lentsuku, kuxèlwe ngolwesixènxe kududwe; abe ke wona amajaka etyana nale nyama. Yakuba ke ipûmile sel' ilungele ukwenda nani ni na nakubani na otàndiweyo waza naye walitànda ikowayo. Eli siko laye lilelimandla emipèfumlweni yabantu belo xesha. Nanamhla oku kusatônjiswa emaqabeni koko se upèlile wona umhlaba wokonwaba komntu. Ezikolweni se kusenziwa ishoba ngokwenzela abantwana imigcobo ekutiwa " zipati " nemihla yokuzalwa. Suka kufun' ukuyelela kwakôna. Fanel' ukuba lelona siko liya kufa kade eli, kuba impi e-Bomvu ayifeketi kulo nje ngesinqulo, laye linxulumene kakûlu nelopûndlo.

*Upundlo.*

Eli labe ilisiko lakudala ekudeni ebe liqûbeka kwa-Ntonjane limanyumnyezi kaloku ngobuntlondi. Ibe isiti inkosi ngokwayo ipûme nombutô wayo iye kuhlala kumzi omganyana kulo unendlu ye-Ntonjane. Yoti ke ilapô ikûpè iqela lamadoda aze kuziguqula zonke ezi ntombi zisentonjaneni aye azinyanzele kula ndlu ilalise kuyo inkosi neřola layo. Lisiko elidala ke eli nje ngoko se silicàzile. Kutè ngexesha lika-Sandile no-Sařili kwangena into entsha le yokuba amadoda ma kazingenele entonjaneni entangeni yejaka pàya. Apô ke ziya sondezwa zilalwe kusitiwa "lisiko ziya dlalwa" kanti ke enye yosel' izuzana nokwenda kwakôna.

Woqonda nawe mlesi ukuba eli siko lalisekelwe pêzu kokuŕweba inkomo ngentombi. Isizekabani sale nto ikukuzuzwa kwenkomo kwa-Pálo. Lisiko ke elisaqûbeka ngamandla endaweni ezisesebumnyameni. Kuba kaloku liya kûtâzwa kakûlu nayinkanuko yenyama nayinzuzo yezi nkomo.

*Uzeko.*

Ukwendiselana kwama-Juda nekâzi ma sikuqwalasele pântsi kweziqendu ezine ngokutêlekisa nenqubo yama-Afrika a-Ntsundu. Esokuqala isiqendu pâmbi kwexesha lomtêtô ka-Mosisi. Ngeli xesha ibingabazali ababenyula intombi zokuzekwa ngonyana zibe ngomolokazana kubo. Tyila ku-Genesis 24 : 3; 38 : 6. Kunyule umhlolokazi ongunina womfana maxa wambi; tyila ku-Genesis 21 : 21. Ewe kodwa uyise ebeeebisana nonyana wakê; kanti noko kuya kuma ngelikayise kuzekwa nje. Tyila ku-Genesis 34 : 4, 8. Ubehlazeka nonyana xa angalihlonelanga ilizwi likayise kulo mcimbi wenyewe yomzi. Tyila ku-Genesis 26 : 35. Noso-soka ubekwa nalo ilungelo lokuzinyulela ngapândle kwentombi zabantu abakûlu. Kwaba ke be kulungela uso-ntombi kaloku. Tyila kweye-Kesedosi 2 : 21. Kuti emva koko kusingiswe kubanakwayo benze elabo. Tyila ku-Genesis 24 : 51; 34 : 11-12. Ube ke uqôshiwe umcimbi wokwendiselana nokuzekelana apô kungasingiswanga nelimdaka entombâzaneni ngokomzi o-Ntsundu esikwaziyo tina. Be kungenwa ekâzini lihlahlwe Gen. 24 : 12 kude kufuneke umyeni ekûpê isinyaniso kumkakê (Genesis 31 : 15; 34 : 12). Kube kusiti kulo maxesha isinyaniso sibe zinkamela, inkomo zesibunu, inkunzi kwa namahashe. Ndikushiya ukuti umyeni amane ukuyivava impi yasebukwêni (Gen. 24 : 53; 34 : 12). Esi sinyaniso ke sikuxelele tina ibilixabiso lokuhlawula ingqesho yezicaka eziza kuqeshwa namhla ekâya apâ isimka nje le ntombâzana; kudityaniswa nezokufundiswa kwayo ekuqeqeshweni, imfanelo yodwa ke leyo engapikwe bani emhlabeni apâ. Ubeti umfana ongumpâ ongenankozo kulindeleke ukuba aye kulisebenza ngokwakê ebukwêni pâya eli xabiso (Genesis 29 : 20; Kesodusi 2 : 21 nese 3 : 1). Ngala maxesha ibe ikô nento esekôyo nanamhla oku; into yokupikisana kwabafo belobola intombi. Lahlala ke ixabiso lekâzi ingumcimbi ongenasimiselo

samda. Loti ke kodwa elona soka layo lipûmeleleyo emva kwawo onke la matile-tile libe senkululekweni yokuya kumtâtâ umkalo bamqôle ngokumsikelela (umngcamo ke lowo) bemnikela kuye abakowayo ngendili ezukileyo nje ngesiko lesi-Xôsa lokungcamisa intombi eyendayo. Umtshakazi kwa-Juda ubedla ngokuba nempelesi kanye nje ngoko waziyo nawe mlesi isiko lakowenu. Ngokwa kwa-Juda umsthato ubuzenza intsuku ezisixenxe (Gen. 20 : 22-27). Ze ngomhla wokupêla komtshato akûtshwe umntwenyana egqutyutêlwe ngenabulele wonke umzimbâ ungabonakali, ejongwe ngumntu wonke nje ngoko kubanjalo kowenu mhla kubonwa intombi ipûma emkûsaneni ukuba itshate.

Eli xa u-Tixo yena wadala indoda nomfazi omnye, sibaliselwa kwi-Testamente endala ngezitêmbû zelo xesha nenzala yazo. Emzini ka-Abraham inyange lona, nankuya u-Sara esiti u-Abraham ma kangene ku-Hagari bavumelane (Gen. 16 : 1-4). Lo mkôndo usibonisa ukuba ngexesha lo-Abraham isitêmbû sasikô.

Siqêlekile nanje ngendlela yaso ke ukuba ibengumfazi omkûlu olawula ukuba indoda izeke. Hayi ama-Juda ukufana nabantu! Ukususela kwa ku-Adam napâmbi komtêtô ka-Mosisi uzeko olu yaba yinto yenkululeko emntwini. Nabo onyana baka-Adam bezeka odade wabo (esa-Besutû). Ekwaba njalo nako-Abraham, Isake, no-Yakobi. La manyange ango-Abraham nentanga zakê abayincedanga into ababengahambi nayo yokuti onyana babo bazeke intombi zabentlanga. Lwasuka lona utândo lwatyôbozela kwintombi zama-Hiti, ama-Midiyane, ama-Samariya kwa nama-Jipêtê kwa nini. Suka kwaxananaza abatshana macalan' onke nje ngoko kube njalo ku-Mfengu, Xôsa, Zulu, Sutu, Mlungu njalo-njalo lutyôbozile lona utândo lwabantu ababini.

Isiqendu sesibini. Ukususela kumtêtô ka-Mosisi kuse ebukônxweni e-Bayibiloni. Ngeli xesha uso-soka ubesenegunya lokukêtâ ekwendiseni intombi yakê. Nanko u-Kalebi enika intombi yakê owobulala u-Kirjath-sepher; no-Sawuli enika ngeyakê kumntu onokubulala ikûlu lama-Filistiya (I Sam. 17 : 25; 18 : 25-27). Isitêmbû seli xesha siya fana neselangapâmblli

kwa-Juda. Abagwebi abadumileyo o-Gidiyoni, o-Sawuli, nokumkani bokuqala babenento eninzi yabafazi. Fanekisa nokuba ukumkani u-Solomoni babeliwaka abakè (I Kumkani XI : 3) sanda ngala mandla isitèmbù kanye ngexesha umntu abebulawa okanye axulutywe ngamatye akuzeka isalamane sakè.

Isiqendu sesitàtù. Ngeli xesha ubeti umfana xa alishumi linantatù nentombi ilishumi linambini ubudala bavunyelwe ngabazali ukuba bazekane. Ze bati kodwa bakuba ngabantu baqale bazinyulele ngentando yabo. Ubungazibonayo nawe lowo zitsho ngamaweza ezimhlopè mini kutshatwayo zitsholoza zisiti " Mfana xòma amehlo uyikàngele oza kuyinyula. Ungemki nobuhle bomntu kodwa kètà umzi nengqobòko; kuba ubunzwakazi yinkohliso, ubuhle lilize, kanti intokazi eyoyika u-Tixo yeyokubongwa." Kwa-Juda liqale kweli xesha ukunyanzelwa ikazi. Laqala lasayinwa emapèpèni mini yomtshato; saye isitèmbù sona senze into yanye. Kuwo onke la maxesha, uzeko nokwendiselana kwakukunye nongeno kufuzene nenqubo yezizwe ezi-Ntsundu. Eli xesha sikulo ngoku kwesi siqendu lelencitàkalo yama-Juda.

Isiqendu sesine. Into yakwa-Juda yozeko oluqùtywa nguyise ati, " Ndifuna intombi kabani " incamisile ukufana neyaziwa siti Ntsundu. Ekubeni ibe inje inqubo kuya mangalisa ukuqina nokuxola kwa nokonwaba kwezo zindlu zasemanyangeni kunalo dapù-dapù wezi zexesha letù (1936) apò amadodana azinyulelayo nentombi zetù zizitàndele. Kumangalisa kakùlu ukuqàwulwa kwemitshato lemihla kwinkundla zezibeno neze-*High Court* (inkundla zokupèla); elixa abafazi bamanyange besafela emaxègwini abo. Akutànga kupèla ibe nguyise onyula intombi kabani; koko ubemlobola ngenkomo zakè yedwa umfazi ongumolokazana wakè wokuqala; kanti nomntwana wamazibulo uya kuba ngowakè ngendlela zonke. Unyana wozinyulela azilobolele abakè abafazi. Uzeko kulo maxesha ibiyinto yabantu abakùlu, intombàzana le ingaxelelwa nto, kutètwàne kugqitywe kanti into eludumo lwayo kukutòbela abazali bayo ngokuya kwendela kwisoka elikètwè nguyise. Nangoku ama-Juda mlesi ebelobolisa elempahla eqùtywayo ikazi; kunikwe umzali isondlo nesonka ngomntwana wakè, umsitò wawo ubetè intsuku. Pòfu ke lona ungeno silufumene

umkôndo walo cace kwizizwe zakowetû zama-Hlubi nama-Bâca, na-Besutu, nama-Zulu. Icala lama-Xôsa litânde lona ukuti umhlolokazi azaliswe ngamanye amadoda usapô ekutiwa yimigqakwe, luze olo sapô lube lilifa likanina nomzi wakê. Isekô nangoku imigqakwe, kuba namashweshwe asekô nenzala yawo; singasatêti ke ngawo amarexe. Kulapô ke ma siqwalasele kôna umtshato nje ngoko sinawo pântsi kwalo Rulumente wetû wangoku 1936. Kuba umtshato lo yinto enkulu kunene kubantu, amaqaba namagqobôka ngokufanayo. Unjalo kwilizwe elilulawulo luli-Roma ne-Bulu. Aba-Ntsundu bakôlise ukuti xa batshatayo bakwenze oko ngomgaqo wobudlelana-magazi; ekuti endodeni nasemfazini into yelifa lomnye abe nelungelo kuyo omnye ngokuzeleyo nangapâmbi nasemva komtshato. Le ntlalo inokupêliswa kukufa, kukwalana okanye bahlulwe ngokwasemtêtwêni. Ilungelo lokutshata nge-*Ante-nuptial Contract* (umgaqo wakwa-bambêzakê) ukwakô. Kodwa awufumaneki usamkeleka kwaba-Ntsundu ngokubanzi. Kuba o-Ntsundu isifo sakê sisisa. Akayazi into yokutya omnye umntu ejongile nje ngem-Yuropu. Nangapândle kokwalamana naye, engumntu nje, nokubana kumhla ambonayo engamazi negama nemvela-pi. Lo mgaqo wokugqibela uya mkûlula umntu ekuhlawuleni amatyala nezikweliti zomnye. Ubuninzi bale mitshato itshatiswa ngabafundisi beli-Zwi lika-Tixo ezityalikeni emva kokubiza amagama esidlangalaleni. Isenokutshatiswa nokubana libizwe lagqitywa igama kwe xingi yinto xa kungekapêli inyanga ezinntatû; kutshatwe ukususela ku-8 wakusasa kuse ku-4 emalanga. Waye umhlolo nomhlolokazi benokupinda batshate ngepêpâ lemvume yemantyi okanye i-*Master* xa batê babahlulela isabelo sabo abantwana bendlu kamfi umhlawumbi umfikazi. Xa batshata okwesibini libe ilifa lomtshato wokuqala lingahlahlwanga, kakade umtshatisi usicênge samatyala. Abanye baya kutshatiswa kwa-Mantyi ngokupêpâ indleko; ibe nemantyi leyo iya kulipapasha ixesha igama lixônywe endaweni esekuhleni kwa nje ngomfundisi. Ndlela yimbi nenqumlayo kukutshata nge-*Special Licence.* Abatshati kulo bafunga ku-Mantyi ukuba bawafezile ama 21 eminyaka ubudala nangapêzulu. Kuba oyilo minyaka unelungelo lokuzitshatela kaloku ngapândle kwemvume yomzali. Boyihlawula i-£5 yalo *Special Licence.* Yoti ke

imantyi ibanike imvume yokuba batshate nokuba kukuyo, nokuba kusegqwetêni, nokuba kukumfundisi ngokutânda kwabo. Umtshato wakwa-Mantyi kubalekelwa kuwo xa kukô isizatû sokulotyoliswa abantu se bepêlelwe okanye bengenazo inkomo. Mhlawumbi isoka liyaliwa ngabazali nabantu bakulo ntombi betândana beseyeliselana bona abantu ababini abangenakwahlulwa nto. Abantu aba-Ntsundu batânda ukuba abahlolokazi bahlale apâ emizini yabo nentsapô, kuba ngabantu bamasiko akowabo emntwini nasemntwaneni, ngakumbi ngamaxesha atile. Le ntloko yiyo eyenza ukuba umhlolokazi azalele apâ emzin' akê ngokumitiswa. Ngokobuzwe kuliwonga kwintombi ka-bani ukuzalela emzini wayo; ide ifele kuwo kwindawo eyayapûlwe ibele kôna, ngabula bona.

*Ukuhlolela.*

Ukuhlolela be kuqûbeka ngale ndlela. Pâmbi kokuba kutêtwê ngomsitô, uso-ntombi ubekângela umfo nokuba ngumfana amtândayo amtûmele umkônto—indlela yokupimisa ke leyo. Womangalwa ukutâtyatwâ xa aliwayo ubuyiselwe kwa kuye yena mnini-wo; abe yena ewubaleka enga angavunywa kulo mzi wasemanantsini. Isiboniso sokuba uvunyiwe ibe isesokuba wamkelwe, aqonde ke ukuba uya tândwa. Namhla ke uya yisa intombi yakê ngoduli lwayo ulandele ke umsitô wenene. Esaliwa nje mhlawumbi umzi wakê awaziwa mntu—awunagama lihle; mhlawumbi uhletywa ngokutâkatâ. Xa aliweyo kulo mzi la mkônto wakê angaya kufunisa ngawo kweminye imizi anokutânda ukwalamana nayo. Intombi zamanene namapâkati be zihlolelwa kumanene nasezipâkatini kupêla. Namhla nje kupêlile ukuhlolelwa se kukwintombi zenkosi kupêla. Yabe ilisiko elihle kunene eli kuba umntwana ubengade aswele kwenda, lanceedisa nokuba lusinde usapô ekonakaleni; kwaye kulo maxesha kungekô nto ikukupêla kotândo. E-Mbô kôna kuyiwa kuganwa yintombi inabapêleki, ipêtê umkônto upâwu. Ukuvunywa yofika ixêlelwe; igxotwê kodwa xa yaliwayo, kodwa ke iqûtywe nenkomo zokuyihlambâ. Kusenjalo kôna nanamhla noko kungasafani nangapâmbili ngokungena kweli-Zwi. Emveni kokuba kuhlolelwe okanye kungenenwe be kulandela incômbôlo namatile-tile omsitô.

*Ukwenda kwenkosazana.*

Kusenda inkosazana nje nezitya, nembiza, izembê, nebêkile njalo-njalo kofumane kube yilo nto. Ibingahlolelwa koko isiwa konyuliweyo ngokutândwa kuba be kungaliwa kufe abantu bahlutwê nezo nkonyana zabo; ikê yabuyiswa kutiwa yaliwe. Umdudo ke wohlatywa untuntwe banzi nga ngoko kunakô. Ma kuqondwe ngumlesi ukuba le nkomo yobulunga sisixâso esibe sisisabelo sentombi eyendileyo esingenakucûkunyiswa bani nje ngomgca kumtshato opântsi kwe-*Ante-nuptial contract* ema-Ngesini. Eludulini ma kube kô amadodana okubetâ izinja, okutûnywa amalahle, ahlinze, akê amanzi njalo-njalo; kuba owamadoda asel' eqinile alapâ ngowokwendisa alobolise. Emva komsitô bohlalela ikâzi lide lipûme lonke ngobungako balo, bagoduke beqûba. Kumandulo uduli lube luba lunye lulolwentombi leyo yendela ekâya apâ lokuyizisa lutwêle impahla nentsimbi zokwendisa.

Kule mihla yomtshato wasesikolweni induli zimbini; lulodwa olwakulosoka olupûtûme umkalo, lulandelwa lolwakulontombi olukûpâ umtshakazi lumsa emzini wakê. Olu duli lwakulosoka ke alusikweni, zinto zala maxesha emitopo yokwandisa indleko namafofoloti angasuki ntweni. Kwakôna akumtêtô kungelilo nasiko kumfo kabani ukuya kududela ebukwêni anxibe izidabane zakê kôna, kwaye nakumtwenyana kungekôna ndleleni ukutshatela kowabo ihleli inkundla yomzi wakê. Ezi zinto zonke zezalo mtshato wala maxesha azimtêtwêni, azinamfuneko. Abafundisi bafanele kukuwulwa bade bawupêlise wonke lo monakalo nencitô. Koqala emva komsitô adalwe umfazi wenkosi anikwe indawo yakê. Abafazi benkosi bomana besukuzana ngobukûlu bobukôsi boyise bamane begungxulana njalo. Kuya kude kuti ke ekugqibeleni apûmelele, avele oyena mkûlu wozala inkosi emva kwamacedu-cedu sikuxelele. Ikâzi lalo mfazi uyinkosikazi nokuba se lilininzi kangakanani na lopûma esizweni sipêla. Ukuqondisisa abalesi abangabangeni ma singalibali ukubalisa ngeleqe lenkabi zenkomo ngemini yomsitô ugqatso olushenxiswe ngumkwêlo nomdyaŕo wamahashe kule mihla. Lo mini kovela amahombâ namahombâkazi kukûtshiswane ngobuhle nokufaneleka, ubunzwana nobunzwakazi. Andisatêti ngamasi otshona, ayakutûlulwa abe ngamatyântyâ enkundleni apâ. Ze

kukútshiswane ngobukúlu nobuhle bezitya namaqegu kwa nemazi ezinxakamayo. Inkabi ebalekayo kwa nemazi enxakamayo yoduma ibalasele lo mini. Umlesi wobona apȧ ukuba umtshato lo kwaba-Ntsundu indleko zawo be zitwȧlwa luluntu ngokukodwa ngexesha lomsitó. Ibe ingeyiyo le mihla bafuna ukutyiswa ngo-sontombi noso-soka. Lo mzi wakowetú wasesikolweni uya dlulwa ngowasebumnyameni ukuba ungayiqwalaseli uyilungise le ndawo.

Se sitshilo ukuti ukwenda kwenkosazana akuhlolelwa kusuka kubúngwe ekȧya apȧ inkosi ema yisiwe kuyo, kungenwe ixótyiswe impahla nemali zokuyendisa. Kungenwe ebuhlanti apȧ kukútshwe inkomo yempotúlo neyinqakwe ibe yeyesibunu. Iqúbe ke ihambė nolo duli lwayo: amadoda, amankazana, nentombi, lube nentloko zalo ekutiwa ngabanini-ndlela. Kugalelekiwe kohlalwa ekuhleni nokuba kusentla komzi, kusuke abantu baye kuncwina imvela-pi. Baza kukȧnyela baxele ndawo zimbi. Sihlwelwe sicela indawo kuba sinomnt' ofayo. Bode bayipiwe beŕanelwa njalo. Bosuka ke bona ukuza kokusa bacotė bayixėle la nkabi yabo yempotúlo, elinye icala lisale ebuhlanti nesikúmbȧ. Zoqala zikútshwe izitúnywa zeli komkúlu ziye kubuza apó bavela kȯna. Baqale ke bayicokise ihambó yabo. Ibe ke iyenda kuba ingento ibikė yaliwe inkosazana bobunye ubukósi. Ukuba beviwe beseza baya kutúndiswa babetwė, kuliwe kucitwȧne, kodwa abangamankazana bona abanakucúkunyiswa. Boti ke xa se besekȧya apȧ baŕole izinto abatúnda zona. Ukuba baqondwe se belapȧ ekȧya bomana bengenelwa bebetwȧ ukutúndiswa kwabo bamane beŕola izinto ngezinto, bahlale ke. Ibikwe ke ezizweni zakulolenkosi ukuba kuze kubuzwa aba bantu apó bavela kȯna. Zingxabe ke izizwe zeli komkúlu zisiza apȧ kolu ndwendwe. Lubuzwe ke, lucacise nalo ngoku lusiti " Size kufuna inkonzo."

Koqalwa ngokulandwa ubukósi bale nkosazana imiselwe ebukósini ekoti ukuba se kukó inkosikazi ese idaliwe kwalanyaniswe ubukósi ukugqitȧ-gqitȧna. Ide maxa wambi ikúlulwe leyo ibiseyikó, kutiwe eyona nkosikazi yile ifikayo eyozal' inkosi. Ize ke ilotyolwe sisizwe kusitiwa, " Namhla inkosi iya zeka."

Mhla ke kupėle lo mdudo ma zipėlele inkosi zalo mzi—le nkosikazi iza kunikwa ubukósikazi batėtwė bonke abafazi

benkosi, kodwa ebunikiwe ubukósikazi yona. Mhla ngomdudó emveni kokubonwa kwentombi, zopúma intombi endlwini yoduli páya zize zikúsiwe zide zibe senkundleni apá, zidedelwe ke zibe zibinqe izidabane zazo zamawula. Yoti qabavu umkónto ewupétéyo iwubinze exántini lasekunene, iti gqwiqi tshoni kwa kwezinye ise igqunywa kubuyelwa kwa kula ndlu yoduli. Zofika ke inkabi zeleqe, zinqandwe inkabi ukuba kuxélwe eyomdudo. Zoti zakungena ebuhlanti páya kumenyezwe kusitiwa "Zatsh' inkomo nomazaku-zaku!" Bagaleleke bem' apá ixélwa nje ikútshwa nezi nxaxéba; idliwe ke ipéle. Lipéla apá ke ibali lomdudo wenkosazana eyendisiweyo. Yeyenkosi yodwa ema ibe nale nqakwe nenkomo yobulunga. Eyomntu omnyama inganayo eyobulunga ngokuhlatywa ngamagqira, okanye iyicele kowayo. Yintombi epámbili ebukósini ema yendele kobunye ubukósi. Ezincinane nezinganeno zingasiwa kumaduna anenkomo; kube sesikweni oko.

Umsitó yabe ikukwendiswa kwentombi kusitiwa, "Namhla siyisa endodeni yayo. Ukuba emveni kokuba uduli lufikile lwenzelwe umtúla-ntabeni—ukutúndiswa ukuba lutsheke lwand' ukuxélelwa. Bebeyalwa ngamazwi abuhlungu abamanyanayo namhla. Kongumntwenyana kutiwe, "Namhla ke sikusa kule ndoda yodwa; uze ungarexezi, uzole, ungaxoki, utánde le ndoda yakó nabantu bonke. Nondlane nahlulwe kukufa." Koyindoda kutiwa, "Namhla sikunika ubuntu obukúlu. Akusemntwana. Lo mntwana nomnqiwu wasemanantsini ungafumane umbeté udlale ngaye. Sisitya esihle kunene. Umgcine kuzo zonke intswelo, umondle angalambi, umbusele komkúlu, nitándane nide nife." Into yokuqala kuxélwa inkomo ukulungiselela olu duli, kulandele ukubonwa kwentombi; xa kaloku yocumbúluka ipúme ineqelana lentombi eziyikúngileyo. Yopúma yonde ngqo ngobuhlanti obuya, amadoda nabayeni eté-tánde ngapákati. Yofika iguqe besayikúsile—ihlutywe ke kuqale lo mzimbá ungasentla kulandele imilenze. Ekubeni beyibonile ke abanumzana, yobuya yambátiswe benke nayo ke abakápi bayo. Kwa bunje emveni koku koxélwa eyokubonwa kwentombi uhlatywe ke kaloku umhla womdudo esizweni sonke. Amaqegu alitiza lipéla. Lo mini ke kumhla wowabona amaqela ngamaqela abantu benamaqegu akwélweyo, wambi kutwélwe

ngawo imvaba ezisiwa emsitwéni páya. Ezinye zotúlelwa eludulini, ezinye ekáya apá.

La masi ke otúlulelwa kumaqutú ezitya kube ke ngala masi nala maqegu, nezi zitya se kukútshiswana ngobukúlu obufudumeleyo ematúngeni, nobuhle emaqegwini kwa nasezityeni. Uyeva na kodwa ? Imaz' ezinxakamayo nenkabi ezibalekayo zilapá emnyadaleni. Mhla upélayo umdudo lo ezizinkabi zogqatswa kukútshiswane impela ke namhla, adume umnumzana onkabi izishiyileyo. Eziya zizimazi se zinxakame emsitwéni páya, de zapúmela ezona ntloko zikunye nababongiseli bazo. Yoduma indoda emazi izikúpé zonke ngokunxakama. Wopúma atshate umntwenyana ngolu suku lokupéla ; lungene ke kaloku uduli lulobolise. Eloda ke lumke mhla kugqityiwe okwa namhla, lawiswa nelizwi lokuzicengela kwamalowo. Ube ke kodwa wona umsitó uqale ukuchitakala emva kokugqwesana kwenkabi zeleqe. Nanamhla icala lakulosoka liya kúpisana nelakulo ntombi ngengoma, ngamahashe, nemvumi zododana nentombi njalo. Koda kuye nasezivatwéni zabayeni nabantwenyana, izonka zomtshato, ubuhle babatshati, njalo-njalo. Wowava nawe ke amapike emva komtsható ; ekoda maxa wambi kuliwe nokuliwa, kuba be kungamiswanga mgwebi mnye. Kunamhla nje utshabalele umsitó onesidima nesihomo wasemanyangeni, se kuligama eli lodwa. Se kutyiwa lo nyama, kuselwe obo tywala kule mihla yomtáyi, kube kuya péla apó. Se kufuna ukufudumala kwa owasesikolweni lo ubaluleke ngemidyusho nonomtatsi nodokolwana, osokalidanile, nemiqukumbélo njalo-njalo. Ke pófu nawo unegxeke nesikwásilima ngendawo yokusuka ubatye owasesi-Xóseni ngekázi eli. Le nto isibonisa ukuba nzima kokuti " Wa m-Xósa guquka ube ngum-Lungu." Usuka yena guququ ngeliti, Nawe mlungu guquka ube ngum-Xósa."

*Ukuqáwulwa komtshato.*

Kuma-Juda nakwaba-Ntsundu umtshato, oko kukuti indlu ibiqáwulwa akurexeza umfazi okanye ancokolisane nenye indoda se imtétisile indoda yaké. Ubuqáwulwa naxa indoda ihliwe sisifo esibi esoyikekayo nje ngesilepere ; okanye umfazi eté wahambá ngentloko wagqiba ilali ehambá ehakaza encokola ehleka nabafana okanye xa umfazi atúke uyisezala pámbi kwe-

ndoda (aconiziswe). Okanye xa umfazi ayale unyaka wonke indoda ingafumani sondo, nje ngokwambàtisana indoda nomkayo. Okanye xa itê indoda yangena ishishini eli okanye yadlala ngaye umfazi, okanye yangena emankazaneni ngokungapàya ingamondli umfazi. Ezi zizatù kwa-Juda be zisenza ukuba kuqàuwlwe umtshato nendlu yababini. Twa nomzi o-Ntsundu ama-Juda bafo ndini!

Nakubeni kumzi o-Ntsundu indoda ibihleli inelungelo lokumala umkayo yakutânda nangapândle kwesizatù esixelwayo, wofumana noko kunjalo ukuqàwulwa kwemitshato be kungaxike kangako. Kuba kaloku umfo owenje njalo elahlekwa zinkomo zakê, zingambuyeli, koko zibe nje ngezimke namanzi. Esona sohlwayo be siba buhlungu ke emfazini, ibikukusuka indoda le yakê izeke omnye umfazi, isenzela ihlati lokubalekela kwakuba kuxatyenwe. Umfazi naye pôfu ubengaliwa maxa onke akuba eřexezile. Kuba ngamanye amaxesha ubengenisa inkomo ngalo ntlondi ngokukodwa akuřexeza nezikùlu namanene nezinânâ; ingeyiyo le mfeketô yezi nkunzana nezapùselana ezondliwe ngemipùnzisa namagontsi ezi mbàlela. Eli nqanam lifumaneka be lixakile noko eluhlangeni esilulo, kuba naku be kusohlwaywa indoda yodwa, ayekwe angahlawuliswa yena umfazi ngelakê icala eli xa ařexeze nendoda yomnye umfazi angelehlawula kuye. Endaleni kôna umfazi nendoda beřexezile, bebebulawa bobabini bafel' apô ngemfanelo. Kwa nomfazi ngokwakê unokuyala indoda yakuřexeza kodwa ke ayikêtêle inkomo zayo kowabo; xa angazalanga masu okanye abantwana abanga ngekàzi elo. Ngesiko umfazi uzekelwa ukuzalela umzi wakê, ati xa azaliswe engalotyolwanga babe ngabantwana besiqu sakê abo (besisu) anokumka nabo aye napi na nje ngehenyukazi. Ubuqàwulwa kwezi meko ke umtshato kumanyange. Namhla indoda nokuba ngumfazi inokulucela uqàwulo kulo Rulumente sikuye wasema-Ngesini aluzuze. Mayela nolwendiso (ukutshatisa). Ma kungalibaleki ukuba indlu yomtshakazi ibisakiwa, ityatyekwa, igudulwe lulo (uduli) indlu yomtshakazi emzin' akê pàya ela xa baye kumendisa. Baya kumtêzela inkuni, batsho ngegoqo, bahlakule intsimi yakê, band' ukumka bagoduke. Le njongo intle kangaka yapêliswa yinto ni na kanene? Ukumlungisela ikàya lakê elitsha umntwana kona ni na?

*Ukulobolisa.*

Ukulobolisa yimvelo ekuvelwe ikô kwa semanyanngeni. Umakamfolele inkomo umfo ukuz' umfazi amzuze ibe ngowakė ngegunya nesiko. Nomfazi lo ubenesidima kukuti abe ulotyolwe ema-Xôseni. Le nto ibimnika isidima emzin' akė negunya emabangweni amafa; imenze abe nokuya kuzibika nakowabo bamambėse. Ati kodwa akuba engalotyolwanga libe likâtshukâtshu elingananzwe bani ekây' apâ; nabantwana bakė baxatyiswe kunene kulonina; kuba unina watyelwa into. Xeshikweni afelwe yindoda unokugodukela kowabo amkeleke nje ngomntwana wabo, bamgcine, bamondle ade asuke abuye ende ukuba akasukanga afe, mhlawumbi adungudele. Ngale ndlela banokumdlela into okwesibini, waye ukuba uhleli emzin' akė sel' ifile indoda yakė ngokungafuni ukushiya inkedama ezingabantwana bakė; xa atė wamitâ ekôna amahlawulo onke ngawasemzini wakė. Ummitisi amfumane umntwana wakė ngokufola isondlo. Xa endileyo esemzini wakė, zoba zezonyana bakė ezo nkomo bazekelwe ngazo. Ukuba akananyana zezomzi wakė, laye lingabonwayo necala lasebukôzini kowabo ngokukodwa xa kukô imvisiswano.

Abasukuba bedle ikâzi lentombi bamelwe kukuhlala beyigcinile ngokuyambėsa, bayikûsele nasempatwėni embi yendoda. Ngoko ke ikâzi eli belililungelo entombini ngokwayo. Belingumnqopiso ati uso-ntombi ekunye namawabo, " Namhla sikusa kule ndoda yodwa." Bebesitsho ngokucâsa ukufexeza, nasendodeni yale ntombi belikwa lilungelo, iya kumdla nje esukuba imbambė kumkayo apâ, incedakale nayo ekuzekeni abanye. Ngazwi-nye ikâzi be lingumsesane womdudo wasemanyangeni. Ibe ikukuti endodeni " Wowalahla onke amany' amankazana. Emfazini, " Wowancama onke amanye amadoda. Nihlalelane ngoxolo nide nife." Nditsho be kufexezwa kona; kodwa ibubusela. Akuboni na ebedliwa nje osukuba etiwego wabanjwa kulo ntlondi ? Nase-Testamenteni endala be likô ikâzi; ilelempahla nenkonzo. Emvelweni ibingento imiseleke ndaweni-nye. Amanantsi ebezilandulela ngokuzililela kwawo kumanantsi ngalo minwe awele yona afeze, kuviwane ke. Emzuzwini uso-ntombi ungene walimisa inani lenkomo afuna

lona ngalo mntwana wakė; awosel' emana ukumtėleka lide lipůme lipėlele lonke. Be zisabiwa zisabelwa izizalwana zoso-ntombi maxa wambi yena angasali nayo nanye. Kutiwe ke kuye, " Wena wodla umva." Oko kukuti le nto ikȧzi asinto ipėlayo. " Wena womana upinda-pinda ukulobolisa, zibe zezakó wedwa ezo." Be kulisiko ukulobolisa nokubana le ntombi izele yazala yada yafa kulotyoliswa endodeni apȧ; ekoda kulande intloko nendla-mafa zenzala kanina, kude kuye kwinzala-kanzala yakė, ukuba umntu ma kalobole unina nokuba ngunina-kůlu. Komana kusitiwa " Le nto ukwalamana yinzulu yonapȧ-kade."

Se sitshilo mlesi ukuti eli siko lokulobolisa lidala nga ngokuba linqabe ukulandeka kutiwe lwaqala nini kwakutė ni. Kuma-Afrika ibiluzuko newonga emfazini ngokwakė, abe likȧpů-kȧpů osukuba engalotyolwanga ngokufanayo kowabo nasemzini wakė. Yabe ibilishweshwe tina into ebingalotyolwa. Ngeza nkomo umntu uya kondliwa kowabo akufelwa yindoda abe ngumhlolokazi kunye nezi nkedama, kuba kaloku zinekȧya kulonina. Yinzulu yobuhlobo ke le epȧtėlele kubatshana. Baya kondliwa balizwe, bade maxa wambi bazekelwe kulonina pȧya nokufundiswa (ngala maxesha okufunda) bafundiswe kulo-nina. Intyunkula yesisele sohlobo lwekȧzi kwaba-Ntsundu asisazi ntlangeni zimbi, kuba kulotyoliswa kumyeni nonyana ngentombi yabo eseyifile. Abangeni abavela e-Yuropu—ama-Ngesi ke lawo wona afika ati yintengiso ukulobolisa. Ukuba kanti ukutėngisa oku kė kutėngiswe okanye kutėngwe into ngonapȧkade na? Okanye batengisa betenga nto ni na abatsha-na aba ngokuya kucela amalizo kulonina? Kwaba-Ntsundu, ngokukodwa kuma-Xósa, le nto umtshana (umntwana wentombi ekȧy' apȧ) akazange emke elila kulonina, ncama; ngokukodwa kóna xa angasekóyo unina sel' efile kuxa utȧndo lokwalamana lutȧtė ngapȧya. Pófu naxa unina asekóyo kukwanjalo. Inzulu yesisele solu hlobo yakȧ yabonwa na emhlabeni apȧ intlanga zikó nje? Ukulobolisa oku wena asililo nesiko ukuba labetȧ umzi o-Ntsundu lo waluhlanga olumanyene uqilimbȧ. Yiyo nale nto intlanga zimana ukulunyelisa ngokuti yintengiso, bukóboka kwati ni. Kuba kaloku kuzo kubȧngiswa ubu-Ntsundu bakwa-Ntu benziwa amapónyela nenkambůca zama-

Lawu. Yeha mzi ndini uleleyo! Zona intombi ezende ngokulotyolwa nemizi yazo ezuze inkomo zobulunga njalo-njalo kunye nabatshana nenzala yabo ndiya funga ngokupelelisileyo, wa mlesi, akusokuze umalame namnye onokungakuzukisi ukulobolisa eluhlangeni. Kwaye kuya kuba njalo; kude kudlule izulu nomhlaba. Kutiwa ma singalobolisi ukuze sibe yinto ni na ngobuhlanga? Kunjalo nje ubutyeneba bale nto bobugqitileyo, kuba kupuma kubantu abawapumele ipulo amasiko asesi-Xoseni ngokwenqina yenyamakazi zona zinqolotywa zibulawe nganye. Ukulobolisa kususiwe wena usala ulikamte. Kwaye kungasayi kuze kubekwe nto ibetele esikundleni sako. Ukulotyoliswa kona be kusaqubeka kakuhle ebubomvini nasesikolweni ngokufanayo, kupange kwatshabala la inkomo zizifo nembalela ezi. Kuba nalo mtshato wasesikolweni ubungekakulahli ukulobolisa ngomntwana wako. Lo nto ibonisa mhlope ukuba um-Afrika yena ukĉtâ owakowabo umtshato kunowasemzini. Le nto ite yazuka kwabacingayo ngokukodwa kumtshato onesizinzo ngolu hlobo ngokwase-Bayibileni. Mhla ama-Afrika alahle isiko lawo elidala lokulobolisa koza kube kupelile agqityiwe ngabe-Lungu. Ukulobolisa ezikolweni kuncitshiswa nakuhambâ kweli-Zwi, ukunika amatandabuzo amakulu kwamanye amakolwa ngokungati uza kwenza isono ngokulobolisa, umntu esenza into engemkeleki kubafundisi bonke. Kwaye kulula nokukutshwa komntu e-Rementeni ngezi mini ngokungati ubegqoboke emntwini. Kanti ukulobolisa kunxulumene nomsito wakudala ozanywe ukubulawa nawo ngokwenziwa abantu batshate owasesikolweni eli xa ili-Zwi libafikele bebetshate isi-Xosa sakudala, into engesono leyo. Abangeni bazame ngako konke ukuncolisa abantu ngesono sokushweshwa nokurexeza; namhla bebekude kwinto enjalo. Ngokunjalo ke namhla esikolweni sisuke sanomtshato apâ onxa zombini ngokwezibâmbatiso namadinga awo. Nditsho ngale nto yokulobolisa ufuna inkomo. Kanti kwa wena ubuye ufuna umtshato wasesikolweni wabafundisi nasezimantyini ominqopiso iyodwa emsitwêni wakudala. Laye namhla nje eli kazi lingenelwe lutêleko; kuba kaloku kungxanyelwe ezi nkomo. Unje ke namhla umtshato wetu ma-Xosa—yingxovu; enye into ebonisa ukuba ufile yena u-Xosa se kusele igama kambê.

*Isihlomelo esibalulekileyo kumlesi.—Ukwendisa nekázi.*

Kulo mcimbi izizwe zaba-Sutú nezama-Hlubi zikólisa ukuba nezahlukano enqubeni yomzi o-Ntsundu upéla. Ezi zahlukwano zoti nakuba ngati azingako kube luncedo olukúlu ukwalatwá kwazo ngelungelo kubalesi. Kwezi zizwe umntu ma kapáwule ukuba umfo ozekayo (umyeni) umiselwa inani elitile amakalobole afeze lona ukuze kube kupélile ugqibile ukulobola umkaké akukuze kuti ni nokuba na ngamashumi omabini anesihlanu (25) nokuba linani linina. Akugqiba ukulobola ngemvumelwano leyo ke, ama-Hlubi aza kumnika inkomo ezintlanu olisoka ziye kunxibisa, ngabula wona, kwambésa ngokwesi-Xósa umzi wakowabo ongabakózi njalo-njalo; aqale ke amnikwe ke nomkaké ngezinwe. Kananjalo xa kulapá uza kuxélelwa inkomo, kukángelwe enegazi nokwenza. Ukuze elinye icala okanye izitó zisiwe kowabo. Kutyiwe ke lo mipéko macalana onke nezo ndywala kwa nezinye iziselo, kubeté kube yilo minyikizo iziselo konwatywe. Abantu behluti ezinemvanya bonke ekáy' apá ngesihombó nesihomo esikúlu esidumisa ngondabamlonyeni usuku lamhla kwalobola umfo ka-bani kusenda intombi ka-bani engu-bani igama. Ngale ndlela ama-Hlubi nabe-Sutu abahambi nesiqélo sama-Xósa naba-Mbó (Mfengu) naba-Témbú njalo-njalo, sokumana zilotyolwa nganye, ngambini nangantatú inkomo. Zincóziswa ngalo mncélele zonke kube kusamkelwa kutyiswa abayeni ngendleko le mihla. Zona ezi zizwe ngezizatú ezihle nezinemfundiso kwezinye kumiselwa lusuku lunye, kwenziwe ibúkuqu lokulobola adume ngalanga linye umfo ka-kutileshe libe leloncomelo. Kwaye kóna kube-Sutú onina-lume bentombi esukuba isenda bepámbili kwicala labazali abangoso-ntombi. Páwula mlesi ukuba kaloku lo nina-lume wayo uqalele ukwenza izinwe kwamhla intombázana yabulutsa (ukutómbá ngokwesi-Xósa) wayingenisa ngokuyixélela inkabi yenkomo, wenza nehlala layo lokutámbisa ngamafutá ayo okutámbisa ngenkabi yegusha awona atándeka ngokutámbá kunawebókwe, etándeka nje ngesisukulo kuma-Báca nama-Tshaka (Zulu) njalo-njalo, kumatile-tile olu hlobo. Emva kwale nqubo ke, unina-lume sel' esazi ukuba uya ngxusha mini yendayo. Kuba lo mini uya kuxélelwa ebazisiwe kwa mhla yabonwa ngamasoka. Suka atí ilotyolwa nje nanku apá sel'

engqendeve wabetà wasisicicibala. Ekushenxeni koduli olungamasoka egqiba ukulobola, uza kungena ebuhlanti umduna aziketele ezibuhlungu inkomo, nokuba zintlanu zingapi na. Ezi nkomo ke kutlwa zizitswa. Akanalungelo naye kuzo, engaqalanga naye apumelele azifeze imfanelo zake ezibalisiweyo kule migca. Ngale ndlela yokwalamana nokufeketisana onina-lume banokudla amakàzi entombi zodade wabo kuzo zonke, amaxesha onke, xa banengqondo yokwalamana kwa nezinwe zobuntu. Ndibaliselwe ngabanumzana Stephen Silwane no-Mateyisi Kutwana base-Mapfontein, amacule ezi nqubo zokwendisa kwabe-Sutu nama-Hlubi, baya sazi kakulu isisutu ngokutè ncam, nje ngabantu abakùlele kubo, nakubeni bengama-Hlubi bona ngesiduko.

*Umtshato wasesikolweni.*

Ukususela ekungeneni kwabafundisi aba-Mhlopé bokuqala kweli lase-South Africa nelasema-Xôseni ngokukodwa, umcimbi wamatile-tile omtshato waba-Ntsundu wangeniselwa isixovuxovu esibi kunene; otè kôna wakuqùtywa pàntsi kwemigaqo, imimiselo, namagunya ka-Rulumente wafuduka okunye kwinto owawusaziwa uyiyo. Umtshato wesi-Xôsa awusenakwazeka eyona nto wawuyiyo, se kusele igama lodwa. Ngokwesi-Xôsa ikàzi elilotyolweyo nomdudo zinto ebezigqiba ukumenza umfazi ozekiweyo agqibelele kulo mzi wasekàya apà emanantsini, alitiywe negama lake lobukôsikazi lokuba ngu-nobani kumfanele emva kokuyalwa kwabo.

Kula maxesha angoku into epàmbili kukutshatiswa ngabafundisi etyalikeni, ngamapêpà akwa-Rulumente okutshatisa, awona asisigunyaziso abati abatshati banikwe ngumfundisi isiqiniselo sokutshata kwabo. Kucace ke ngoku ukungati inkomo zekàzi zonke kwa neyesivumo azitèti nento le kulo mtshato weli xesha waba-Ntsundu ngokwenkangelo ezintsha. Le nto ke inje isusela ekubeni abafundisi bokuqala aba-Mhlopé bafike baligweba ikàzi eli bati lisisono ma lilahlwe. Lalahlwa ke ngamagqobôka abo okuqala a-Ntsundu. Kutè kupipipi umntu akuzola aqwalasele entweni elisiko lesi-Xôsa ekàngela into engaba ibekiwe esikùndleni sesusiweyo afumane kungabekwanga nto isisananiso. Walibuyela kwa ikàzi ngokungaboni nto igqità lona

kumtshato wesi-Xôsa onyashwayo. Namhla kuya lotyoliswa ngumzi o-Ntsundu nje ngesiko lawo kakade, akutwêtwiswa nto. Asingetêtî ngodidi olupâmbili emfundweni nasempucukweni apô azenzela ngengqondo nembôno notândo lwakê umntu, sitêtâ umzi o-Ntsundu tina ngokubanzi.

Kwa kôna kulo mcimbî wozeko, umlesi ma kapâwule kakuhle ukuba umzi o-Ntsundu ngokubanzi awusayi kuze wavumelana nengqondo yomzi o-Mhlopê etî ukulobolisa sisono, kukutêngisa, bubukôboka. Kuba usazi wona mhlopê ukuba ukulobolisa lisiko elidala laba-Ntsundu e-South Africa. Ngokungapêzulu kubulawa isiko eliyimpilo yentlalo ka-Ntu epêla, kungabekwa nanto esikûndleni—eyona nto ikukucitâ ubuntu nobuzwe ke leyo, lipêzu kwamava engqondo zakudala nokwenza. Kwakôna umgaqo ongeniswe kwa ngabafundisi wokutshatisela kulontombî etyalikeni yakowayo, benqîna ubuřemente bayo kodwa bona enyanisweni ubangele induli ezimbini ngolwakulosoka olupûtûma umfazi ngenqwelo yalo, ze lulandelwe yinqwelo yakulontombî noduli lwayo kwakukôv' ukutshatwa. Kupindwe ngoku kuyiwe kutshatwa kulosoka, eli xa be kutshatwa kwa wona lo mtshato kulontombî izolo. Kubetê imitshato ibe mibini kwa nje ngenduli ukuba zimbini ngesoka nentombî kanye etshatayo. Indleko yalo mnyikizo nenyilikityâwe ayinakulinganiselwa nanto ezintweni apâ, ingenakô nokuxelwa nje ngentshabalaliso eyiyo emzini o-Ntsundu. Abatshatisi ngokukodwa icala lakulontombî lisala kumatyala anzulu nayingozi. Le meko ikûtâza abazali abaninzi bancamele ekuvumeleni isoka lakugqiba ukulobola litwâle intombî kunokuba baye kuzintywilisela kwindlekokazi eyoyikekayo yalo mtshato wasesikolweni. Ubetâ umntu azitêngise zonke ezo nkonyana zeqâyiya lekâzi lentombî yakê esendisa kwa yona. Oko kukutî ngamanye amazwi ukuzeka kwala maxêsha ngokulobola inkomo umntu oyintombî wenzela indlela yokuzitshatisa kwa yena. Inye into engenziwayo, iyipônonge kakûlu le ndleko ingaka kukuvumelana kwabo bonke abafundisi ukuba ma kutshatelwe kwityalike yakulosoka, kupêlîswe oku kududela komfo ebukwêni kungesikweni. Kubuyelwe kwa sesikweni lasendaleni lokuba umfo azinxibele kowabo izidabane zakê, adudele umkakê kowabo. Xa kunjalo intombi ngesiko elidala, iya kutshatela enkundleni yasemzini wayo

kupêla lo nkundla iza kuyihlonipâ. Le mvumelwano ke ingawubuyisela umtshato esidalweni sawo soduli olunye olwa kulontombi kupêla. Ingapônongeka le ndleko ingaka itwâlwa nguso-ntombi umntu ongazeki mfazi. Umntu lo akanatyala ngokuzalela izizwe inzwakazi yentombi. Be kumanele ukondla afundise elungiselela wena. Kwakôna akulo siko kwa-Ntu ukuba uso-ntombi lo atêngele intombi yakê yonke imphahla yayo yendlu. Zimbalwa ngokwesi-Xôsa izinto ezilungelwe kukupûma kuye. Yingubo nokûko, yibêkile enkulu, yimbiza nedosha, neviti, ndiwashiya amabâyi nembôla kwa nentsimbi zokwendisa. Laye ikâzi lentombi ma lityiwe nguyise nezizalwana zakê, lingatyiwa kwa ngamasoka nabakôzi nonomazakuzaku nje ngoko kunjalo ngoku. Enye into emangalisayo kulo mtshato wasesikolweni kukutshatela etyalikeni kwentombi engu-Mkristu itshata nesoka elingumhedeni ongakôlwayo. Okanye kutshate isoka elingu-Mkristu nentombi engakôlwayo, kanti kufunwa umtshato woxolo nemvisiswano kule ndlu yaba bantu babini. Ibôkwe yakâ yabandakanywa na negusha? Ukanti elona lishwa lidlula onke kulo mtshato wasesikolweni leli lokuwenza ube pântsi ko-Rulumente wasema-Ngesini. Kuba lo nto imjikile um-Xôsa yamenza um-Lungu lo umpumlo itsolo ngesipâtô ngasemfazini, nomfazi ngokunjalo ngasendodeni ngokupâtelele elifeni lomzi wabo, endaweni yokuba ilifa labo lipâtwê ngokwesi-Xôsa, lakuhambâ ngokwesiko lasema-Ngesini (omnye umzi ke lowo). Kube yinkinge kôna mhla indoda ifelwe ngumfazi ifuna ukutshata okwesibini, mhlawumbi ngumhlolokazi ufuna ukutshata. Yena ke uya kude ajamelane nento yokupûlukwa lelo lifa. Xa kunje kuqale kuvele indleko zamagqwetâ aza kulungiselela ukunyobulula la maqamesi omtshato wesi-Lungu obungafuneki nganto entlalweni yom-Afrika. Onke ke la manqipû-nqipû akakô kumdudo wesi-Xôsa. Kuba ezindlini zabafazi besitêmbû, yileyo ihleli ilungiselelwe impawu namafa ayo ngokutê geqe nokungenakubangiswa nto. Le nkatâzo yo-Mkristu okanye umntu ongumhlolo nokuba ngumhlolokazi xa kufuneka atshate okwesibini ilahlekise abantu abaninzi. Kuba beti kanti abaqiqi ukuba ngalo mtshato wasesikolweni se bezenze abe-Lungu ekupâtwêni kwemizi namafa abo. Zotsho ke indleko zamaqwetâ ezinyanzelekileyo, kumntu

ofuneka elobole ngokutsha, atsho umntu ancame yonke into abe pêzu kwayo neyobu-Kristu neyokuti ni, asuke nanko eya kutwâla umfazi ngokwesi-Xôsa sake esidala (umaf' evuka). Abafundisi abangenisa umzi kolu daka bahleli pi na xa kunje? Abantu aba-Mhlopê bona abatê ni nasiko la-Bantu nokuba se bepûcukile, abazidibanisi nezinye intlanga, bafuna ukuba msulwa ngegazi, izitêtê njalo-njalo. Isekô nakubo imitshontshi yezinqulo zakudala. Ihelesi nesihlangu esidala zifuna nto ni na mini kutshatwayo.? Esi sihlangu senqina lentsimbi yehashe besijingisa pêzu komgubasi sise yinto ni na? Batê kule mfazwe inkulu yayiko imikôsi yabo yakôkelwa zibôkwe nenyamakazi esingaziqondiyo safun' ukuxakwa, kwayela kowetû. Ngalinye asinto yakâ yakô amafa olunye uhlanga ukujolwa lolunye uhlanga ngakuba noyisiwe. Ama-Ngesi wona akasayi kuze ayingene wona lo nto nokuba se kunjani. Elokugqibela kulo mcimbi ulusizi kunene mlesi, ma sikûmbûze ama-Afrika ka-Ntu ukuba le nkomo kwa kusatiwa yinkomo yobulunga ngegama ibinikwa umntwana osukuba esendiswa nguyise, ayikagwetywa nto nakulo Rulumente usipêtêyo. Ngoko ke intombi isenda le nkomo ma iyizuze, iyiqûbe ngesidima esidala. Akukô tyala nasigqwati emntwini akupâ umntan' akê isonka ukongeza ukuba ahlonelwe nangapêzulu emzin' akê pâya.

*Ukutêlekwa nokutwâlwa.*

Eli siko lokutêleka yindlelana yokutsitsisa inkomo ngoku-fwebesha abayeni ukuba bafole inkomo zekâzi ebe zisasalele ngokusuka kumangalwe nomkakô ebukwêni xa ebesahambêle kowabo. Woba ngapûtûnywa kubuywe ze kwaliwe naye. Abe ngaquqa ebuyelela angamzuzi; ade ancamele ekuloboleni inkomo, ukuze amnikwe, agoduke naye. Kweli lika-kutêlekwa kunxulume isiko lokutwâla; naxa ilisikwana lale mihla yangoku. Intombâzana iqutyulwa itwâlwe liqela lamadodana ahambâ okanye aye kuncedisa isoka layo, likô nalo okanye kwa nonoma-zakuzaku. Ibanjwe ngamandla iqweqwediswe, itsalwe, nanko kusiyiwa nayo isisiwa emzini wayo apô. Itwâlwa ibifihlelwe yona, isuke iqutyulwe maxa wambi, maxa wambi ngemvume yomzali; abe ke amasoka eyitwâla nje kukupêlelwa zinkomo zokulobola. Ze kuti kunjalo kuvakale into yamanye amasoka

azityebi zenkomo wona akwayigxameleyo se beyitwâla ke, kuba esaziwa uso-ntombi ukuba yena wowavulela inkundla akûpisane ngokulobola inzwakazi yakê, kude kusale elidlule ngobuninzi benkomo. Le nqubo ke atê ama-Ngesi koku kutêngisa ke mntu ndini, saye tina singekayi boni nemarike okanye ifandesi ekubambâna amadoda amabini kupêla. Ekanti nakolu pikiswano ngolobolo livamhla asisiqêlo esi sokwenda kwesintu. Olu twâlo lwentombi ikakûlu lubangwa kukuswela inkomo kumasoka, lukwa yimbângeli yolu tshato kwa-mantyi ngobulukûni boso-ntombi ekuloboliseni. Nabo bafanele kuba umfana weli xesha uti elobole zambini kupêla alilisele ngalo nto, abetê amankazana akowabo ampâtê kakubi uso-ntombi ngomtshato womntwana wakê. Yaye yonke le nkatâzo ibangwa zimeko ezintsha zeli xesha legesi lenze ukuba abafana bangazilinganiseli imeko, ingqeqesho kwa nentsiba zabo, koko nje bapikele ukugagamela ngale ngqondo yokuba etândwa yintombâzana, kulapô akusekô njongo zakâzi nanto ni. Kodwa ke ma sibaqondise kôna ukuba akusokuze kube lisiko ukuzeka ngokutwâla oku. Akulungi nakumzi o-Bomvu nokowasesikolweni, kuba intsikelelo yona apô imi bûxe kôna kukwimvume yabazali bomntwana. Abantu aba-Ntsundu kule nto yokuzeka ma bapâtûme isiko lakudala lokuzekelana ngendidi zobuntu, ubukôsi, nobutyebi. Kwa-Xôsa umntu be kusendiselwa kuye nje be kubangwa ligama likayise. Kusaziwa ukuba lo mntwana akazizo ezi ndlavini zipâla emimangweni apâ zinxib' amanqashela zihambâ zisonakalisa abantwana babantu ngokusa. Ngenxa yomzi wakowabo onexabiso eluhlangeni ubeba nexabiso naye. Indlavini ma zizekelane zodwa kuya kulunga. Ama-Sikolo ngokunjalo azekelane odwa kwakulunga. Ze abafundileyo olu didi se lukwi-B.A. ezi bazekelane bodwa. Uya kubona kwakulunga. Intwana eziisileyo zala maxesha ezi zigasa ngenkomo ukubaninzi zirwada ma zilotyoliswe gqitâ, zize kufunda ukuzilinda nokuzilumkela, zingahambê zizigxama kwimiti emide kunazo. Zezi ntwana ezi zitwâla abantwana babantu namhla nje, zibalahle ngomso zibalekele ema-Rawutini ziye kushweshwa apô. Kodwa umntu akazixeli ukuba ushiya umfazi ngasemva ngesimilo sakê esidala sokusa. Abantu ma bakuyeke ukuziqâyisa ngenkomo, koko ma baqwebe isimilo sokuzitêtelela ngesimilo. Kuba

isimilo esihle sona somntwana ofundisiweyo engu-Mkristu sidlula amawaka obutyebi nenkomo, ukuba umntu unaso.

Alisekô ke kanye lona eli siko lokutêleka. Kuba lo mtshato wasesikolweni kunye namagunya awo awuvumelani nakancikane nemfeketô zolu hlobo. Ukutwâla kona kusekô kusaqûbeka nasesikolweni apâ kumasoka aswele into zokulobola. Kukô oku kugcagca kolutsha lwezi mini, kuhanjwa kutshatwa emagqwetêni naseziofisini. Lo monakalo mkûlu ngokugqitileyo pêzu kulutsha lweli xesha, nga ngokuba sikôhlwe nalicebo lokuzama ukuwubotôza.

*Isiko lokuyala.*

Eli siko lingummiso kumzi o-Ntsundu upêla. Uya yalwa umntwana xa angeniswa kwinqanam lobuntu obukûlu nje ngenkwenkwe eyalukileyo ekûtshwa ebukwêtêni ingeniswa ebudodeni (irwala) nentombi eyendayo nomfana ozekayo uya yalwa. Kunyulwe amadoda nabantu abakûlu abahlonelekileyo nabanamava koyise nemizalwana bamyale ukumalatîsa indlela yokuzipâtâ ngokuzindila nokuhambâ ngokufanelekileyo nangesonti nesimilo ngakwabanye abantu nabamelwane. Kwabanye uya yalwa nomntwana osukuba esiwa e-Simnareni nasemsebenzini (imfanelo) ukuze angahilizi okanye alidyobe igama lakowabo akuba eshenxile kumehlo abazali nekâya. Lo mtshato wasesikolweni uncsiyalo sawo esihle kunene esibâliweyo.

*Intlombê.*

Intlombê yabe ikukombêla kuxêntswe kube kuhonjwe kunene ngamanene namanenekazi ezovelela lo mini inzwana nenzwakazi nemvumi zasema-Xôseni zidume lo mini. Be kukûtshwa isitûnywa siye siyihlabe esizweni sonke, siwuxela umzi ekuwo nosuku lwayo. Yabe iyinto ehlatyelwa nokonwabisa indwendwe. nokombêlela amagqira ngelinye ixesha ibe yintlombê nje kodwa. Woziva apô ke ingoma zika-Xôsa ezinkulu nezinamandla. Intlombê yabe ibubumnandi nobuyolo bentlalo ka-Xôsa yasemvelini sakuba siyilanda. Isemi intlombê nanamhla e-Mbôleni pâya, noko iya ipêliswa ngamaxesha angoku, nangumhlaba wenkosi zetû kuba ungaseko. Sitê intlombê be kukô nokubizelwa amagqira.

*Amagqiřa.*

Ngabantu aba ababefunde amayeza, imiciza yokunyanga izifo ngezifo ebantwini. Ebezindidi ngendidi; kodwa ke onke engosiyazi ekubekwe kuwo intonga luluntu olu. Kwaye kungekó kufa nasexégwini ngapándle kokubulawa. Umntu ubetwása apúpé amapúpá, kube kula mapúpá kumana kusalanywa imibono yamařamncwa asendle amakúlu nawoyikekayo. Ozingwe, ozingonyama, nozinyoka kunikwane le miti yala mayeza kule mibono. Wovakala omnye isaci engotwáse ngengwe, omnye ngengonyama njalo-njalo. Lo mntu ke koké kuqale kutiwe uya fa, afunelwe amagqiřa nje ngoko afayo. Ofika ati ke wona " Hayi, unenkatázo." Pútúmani igqiřa elingubani ka-bani. Ode la ampúmeze uve se kusitiwa, " Namhla upúmelele." Kuba kaloku upúma ekupéhlelelweni ngamagqiřa amakúlu angamaqili wona. Amagqiřa la ke ummo wawo ngaqubulayo, amanye embúlula ubuti, kuhlatywe abatákatáyo, banikelwe ezandleni nasezintanjeni zabatshutshisi ebe kutiwa ukubizwa kwabo " ngabambéli." Amanye ebenganika amayeza ehlanzisa ukukúpá amadliso ebantwini. Abe ntlobo zisixénxe :—

(1) Elokuvumisa (2) Elentlombé (3) Eliqubulayo (4) Ixwéle (5) Itola (6) Elemvula (7) Idořo.. Elokuvumisa be livumisa ze ke lihlabe. Yinto ebivakala se ililisela endlwini apá ngeliti " Vumani." Bampéndule ngokuqwába besiti, " Siya vuma." Abe sel' eman' ukugoqulula okutileshe nofani ngofani esenza lo qashi-qashi waké ngokubul' esela, etshula amakóbo. Esenje nje nje umf' omkúlu likwamkókela ihlombé lezandla eli xa bati " Siya vuma." Lo nto iya mqondisa xa aqashe kufupi apó bajonge kóna kuba botsho kunye ngamxélo mnye ukuti, " Siya vuma." Nje ngokungati bati, " Silapó ke kanye." Baye bekwavakala xa banganandipisekiyo ngokuwa ngokuwa kwezandla. Longxola lisiti, " Intlombé niya yona. Niya ndilahla." Lo mfo ke ngumfo ehlala kakúlu empundulwini naku-hili, nenyoka; awotsho bemke benkontele ezihlabeni zaké. Eli be kusitiwa liboniswa kukuti bavumise ngokulombélela besiti, " Siya vuma." Ze ke lona lihlabe lakuxelelwa yimihlola yalo.

Elentlombé isanuse ngegama be lisenzelwa intlombé, lixéntse landul' ukuba lihlabe eliti " Baya bulala." Be lindululwa lifuté

nentlombé nengoma yokulombélela. Mhlaumbi kukó notywalana obukóyo bokulungisa imihlola nezimvo zalo. Libone kakuhle kungekó lungqu nankungu emehlweni apá. Botsho lixéntse lidabalale. Umfo axibilikise umxakató kuba esemzini waké, lingenwe ngunyanya. Wova ke nawe kaloku. Abanye bomka kwalapá se bengamaya-kayaka, libanuke labanakanisa. Kubeté kube zidubantini ebantwini ngala matyala; babe aba banukiweyo ingabantu abasoloko bengabaxokwayo ligqiřa.

Eliqubulayo libe lisenza ngobulongo obusemanzi ngokumana libufaka emlonyeni, libuye libukúpé ekubeni belimana limqubula ngokutsala ngokubizela ngalo mlomo umumeté ubulongo emzimbéni womntu lo libukúpé kwa bunje se libona bona zintwana liti lona zidlanga ebe zimbúlala umntu. Alapá amagqatyana emiti nemifuno eluhlaza, namaxolo emiti. Zilapá neziziba zengubo ezindala, nali nehlwili lale nkomo nokuba yibókwe ebixélelwe lona. Ngumfo opátáyo nangezandla ezi ebona-bona, esalatá-latá okanye nangomnwe lo. Nasi ke nasi ke! Utsho etétá isidlanga. Suka gqi nenkuba-bulongo, namahlwili abe kwa lapá, nezihlunwana zenyama eřwada; bakólwe ke abantu, nakubeni bengaboni nxeba sikútshwe kulo. Konga ke kuté gogololo emveni kokuba umntu lo ebekade edukudwa ngulo ququqũ. Lovakala sel' isiti, " Upilile ngoku ma ndihlawulwe okutile nokutile." Lihlawulwe ke. Nalo litshakaza limka, limkile asale egula yena umntu lo. Eli ke yindoda elilisela ngedliso nesidlanga emntwini, asimfo wohlaba atyanduselе ngokuti " ngubani " kupéla yindoda encotúla isidlanga isiti řutyu tya pándle, ibe ke enkolweni yabantu ikúpéla pándle oko kufa kumbulalayo. Fanisa nale cimbi yosapó apó kufakwa inkozo emlonyeni, zintlanu, kukólelwe ukuba ezintatú zonqenqeza apá engalweni, zipúmele kwesokunene, ze kuguqulwe zipúmele zimbini ngoku kwesi sokunene isandla. Uti manga ngulo mhlola!

Ixwéle eli ibilelamayeza—umfo ohambá nalo nxówa yaké izele ngala mayeza le miti anyanga ngayo. Abantu bebede banenkolo yokuba amaxwéle la anokulilawula izulu alitúmele libeté nokuba kuntweni ni na. Ixwéle yindoda ebizwa ngento kwandul' ukuřolwa ulugxa nebókwe yokuxélwa, kanti ke umkónto wona useza. Koti ke kodwa kwakukúla kona ukufa, azimele

emke umf' omkûlu. Påwula le ndawo ke mlesi, amagqiřa la ummo wawo ngabantu benyama, ekudla ngokunukwa abanenkomo, nakôna betåndana nokusebenza amatile-tile abo ngebôkwe esiyifanisa nala bôkwe yesizi ibikûkuliselwa entlango kusitiwa kwa-Juda izitwêle yemka nazo izigqitô zabo ňamashwa omsindo ka-Tixo. Enkolweni yasema-Xôseni kubonakala mhlopê ukuba igazi lebôkwe liya yikônza iminyanya, ligxotê ukufa nababulawo ekây' apå. Oku kuyelele kokwasemanyangeni kwa-Juda.

Itola eli be lilodwa kunamanye; kuba lona labe ilelenkosi emfazweni nanini na, lada ke langa se liwadlule onke. Xa lisaxolileyo påmbi kolibo be kuhlanganiswana amadoda odwa nanko kusiyiwa emzini wetola kupêtwê intwana zokwindla ezofika zipêkwe kudityaniswe nemitâna eluhlaza yasendle. Wonke ke lo mkôsi womana uluma ukwitså kulo mpêko. Omana etåmbå amadoda exôbe tu nje ngokungati kuyiwa empini. Xa andulukayo ekåya apå onxitywa amakûbalo onke. Avulelwe ke namhla ngale ndlela ukuba abutye ukwindla. Kanti ke etoleni isengumsetyenzana lo, kuba owona mkûlu kulo kumhla lifayo ilizwe, kuba kaloku ingumpåti nomtêtêli madoda emkôsini. Loqala ngokutåtyatêlwa komkûlu apô lowaqapûl' amadoda ezintliziyweni, ze ke onke liwanike amakûbalo okukwitså emfazweni—into apå enika amendu nenqanda ingozi. Namhla ke loyahlula-hlula imisizi yomgqabo wesizwe sale nkosi, ibe ke idibana ngomso. Eli yeza ke asimsizana nje—yinqobo yendoqo.

Itola eli ngumfo onentongana yokwalatå umkôsi (impi). Umpåti ngamnye empini limnika intonga enje. Ngumtåndazo omkûlu ke lo. Lovakala liwalawula lisiti, "Ze ningababinzi nibenze nto bade baniqale." Awunakwapûlwa ke umtêtô wetola, kuba ililishwa eloyikekayo elo. Abadiniweyo nabangxweleřiweyo ma basiwe emzini wetola libanyange ngemiti yobulumko balo. Libabona benje lokå libênce liqondisise kunene amakûbalo abo ukuba azi bebemana beluma nakuwo bakuti gaga nayo naxa umntu asancatåmileyo. Kuba kaloku ukwenje nje etåndaza ukuba imishologu ibakûsele, boyise, benamendu okuza ekåya nalo ixôba. Itola ke lofika awamagwala sel' ezintongana ezimfutshane (fanisa nese-Chapleni, nenasi,

nogqirira empini ka-Rulumente). Mhla itola lihlambá umkósi liya kwenje nje. Lowasa esizibeni amadoda likánde iyeza, lilenze lide lilunge. Lowenz' ahlambé onke kusitiwa ke, " Namhla itola liyelapá." Liwagodusile longena endlwini, limise amadoda amabini namane ukuze kulungelelwane xa komana kungcnelwa ukumunya ela yeza. Ukwenje nje oku ke kukukálipisa amadoda, ukuba kaloku azimisele ukulwa afel' inkosi yawo. Itola eli kwa-Xósa asimfo inyaniso ezintweni asakuba ezitétile emibonweni yaké yedwa. Le ndawo ma ké siyilanda-lande, ibe mhlopé ngebalana letola elalingu-Sigoxo. Woqonda ke nawe u-Sigoxo lo wabe elitola lo-Káwuta no-Hintsa. Ngumfo owaká watsho ukutétá okunamandla mimi itile. Ibali liti, " u-Gcaleka uzele u-Káwuta, u-Velelo no-Nqoko no-Lutshaba. Suka nanko u-Lutshaba esinga kulonina ema-Mpondweni eya kufun' ubugqi. Eyifumene ke le ntonga unikwe u-Sigoxo, i-Mpondomise ukuze apátć le ntonga xa kuliwayo. Yaza yakángelwa ke ukuba yoba namatámsanqa na. Iliwe Eyengqungqutéla ngu-Lutshaba noyisekazi u-Ngqika, u-Sigoxo wabinzwa amanxeba alishumi, wafa ke. Yaba ke iya gxotwá eyakowabo. Ubúye lo Sigoxo wavuka ebusuku lo mini hlambúlulu ukuze asel' eba litola. Utábaté intonga yobugqi nentshuntshe wahambá waya ekáya se ukóna umkósi emveni kokuba utyáliwe yeka-Ngqika. Upúpile ke u-Sigoxo waxel' izinto. Wati ku-Hintsa, " Umzi ma ungenyuki uye e-Rode, akuyi kulunga." Wapika u-Hintsa, emi yena u-Sigoxo kweli alitétáyo lokuba umzi wakomkúlu ma ugcinane nolwandle olu nje ngesiko lawo kwa pámbili ; yoba yincitákalo ukuba uke wanyukela ezintabeni. Usuke ke u-Hintsa wasel' efudukela e-Tsomo. Ubuya kwa lo Sigoxo aze kubizelwa ukulungisa amadoda xa kuza kuliwa naba-Témbú. Ayiliwa-nga leyo kukusuka kupánge kungene eyom-Lungu no-Hintsa (1835-6). Mhla u-Hintsa wafa wazaliseka ke umlomo ka-Sigoxo. Kwa yena u-Sigoxo lo ubuye wabizwa ngu-Sarili ukuba ma kanyuke. Uté ke elaké, " Namhla ndibizwa nje ndiya hambá, ndaye ndingayi kubuya." Ehambile ke ufike watétá ku-Rili wati, " Ndibon' incitákalo eyohlal' ihlale ibe kó kulo mzi. Uté akukóv' ukuwulungisa umzi wafa ; kwafa elona tola kuw' onke amatola asema-Xóseni. Mayelana namatola la

ma singazishiyi mlesi ezi ndawana mbini. (1) Inkomo yentonga (2) Amatola nomlambò. Inkomo yentonga yinto enkulu kwa-Xôsa. Ibiba kô emzini wetola, iyinkomo yokuti xa lifayo kubuzwe kuyo ukuba kusatywe na ? Ukubapèndula yosuka isinge endlwini yezikàli, nentonga, namakàka izenze ukuba zikûtshelwe pàndle ngokubonakalisa ngamanqina. Gqi ilalatè ngohlobo efundiswe ngalo necala eyovela ngakulo, ilitsho necala ezosatyiselwa ngakulo inkomo. Komkûlu ke kuze kubuzwe etoleni ukuba itini na inkomo yobu bukôsi ? Loti ke lona kwesi sitûnywa, " Hambà uye kulala kula mzi wobuya ngomso." Lisa zakulala ke lona ubutôngo, ilixelele ke lona inkomo le nokuba na boyigxotà na nokuba hayi. Le nkomo ke lelona tèmbà lobukumkani ekungenakwenziwa nto ngapàndle komlomo wale nkomo. Lisoko lalo mzi. Ekofanelana inkosi ifile kuvel' elinye itola lale nkosi intsha lenenkomo yalo yobutola. Yakufa inkosi liya fa netola layo kwa kunye nenkomo yalo leyo noko lisahleliyo lifelwe ngunina wobutola balo. U-Sigoxo wasema-Mpondomiseni no-Gocini i-Hlubi lasema-Dladleni yabe ingamatola ka-Hintsa lawo. Efile u-Hintsa kuvelele u-Rili ebukôsini wanawakè amatola akwa mabini, u-Ngxitô ka-Ncambà Velelo, umzukulwana ka-Gcaleka enenkabi yakè iwaba elimnyama ; no-Bômela into ka-Sotûku obetwàse ngonomyayi bemxelela zonke izinto ezi emapûpèni. Omabini sel' efile afe kwa pàmbi kuka-Rili, wabe ke yena u-Sigcawu engekabi natola livakalayo ukude afe.

*Umlambo namatola.*

U-Gcaleka lo wabizwa emlanjeni eyinkwenkwana apô e-Kwènxura, igama lalo mlanjana yi-Ngxingxolo. Kusiwe inkomo zamiswa pèzu komlambô, suke nanko ekûtshelwa ngapàndle komlambô sel' eqatywe ngemiqabo emhlopè. Yavela ke le nkomo itàndwayo emlanjeni, yafika kwezinye yacàma yanya ubulongo. Wati ke u-Pàlo, " Ama-Ntakwenda ma kayixèle ifakwe apà yonke inyama yayo, kushiywe intsonyama yomkôno wokunene." Senje nje ke esi siziba sase-Ngxingxolo (yimfulana nantso ingena kwa se-Kwènxura apô) ukuze nje se sihlala silisoko lika-Gcaleka. Kutè kwakubetwà imihlahlo kwahlatywa ukuti umntwana wenkosi uya twàsa, suka ke qwenge umzi

wacitàkala usiti, " Namhla singabantu abayinto ni na, kutwàsa inkosi nje? Eli gqiřa 'liya kuhlaba lingahlonele mntu! " Utè ke u-Rařabe, nam andinto yanto kuba ndiya kunukwa, kuba nam ndinje ngomntu omnyama. Watsho wazindila yekoko ukuya kuwela ngelenyati wakutsho e-Gcuwa kwelo zibuko lolwalwa ukuze se kuba selulwalwcni luka-Rarabe nje. Wema kanye kulo ntaba yeTòboshane owakomkùlu wona wapèzu kwe-Gcuwa. Utè ke akuba efile u-Pàlo no-Gcaleka, no-Kàwuta, no-Hintsa, no-Sarili kwabingelelwa amadini kwesi siziba emayihlinzwe ngum-Ntakwenda nokuba na bangapi na. Wofunwa aputunywe nokuba sel' epi kuba netola loti lakubuzwa " Ma ihlinzwe ngama-Ntakwenda." Bada aba bantu bafana nama-Levi kuma-Juda, libe lona itola lifana no-Samuweli umboni wemfihlakalo. Nawe ke mlesi woliqonda itola eli ukuba labe ilelona gqiřa likùlu kuba ibilelenkosi ngexa lemfazwe nencitàkalo; ngamaxesha oxolo nawokonwaba. Akaseko ke wena namhla. Azi siyinto ni na?

Elemvula eli be lifunwa yinkosi, lifunelwa isizwe sipèla, laye be linegunya lokubiza intlawulo yenkomo nangapi na ngokusebenza kwalo, lizinikwe ilindelwe ke imvula. Lozama ke ngamayeza eliti ngawemvula, ekohambà kuhambè ide izinele ngenyanga zayo kade. Kuse kusitiwa, " Yabonani ke, liyinisile." Maxa wambi be libaleka liwele ne-Nciba le yakungani lisoyika nkusikwa kusitiwa " liyitintele " kungatshiwo ukuti linqatyelwe ukuyinisa. Le ndawo asikukò nokuba ibikòlelwe kakùlu. Apèle kwa kude wona la emvula. Kodwa ke pàwula le nto yokuba onke la magqiřa ebefana ngento enye le yokuba mhla ukufa kukowalo lingazitèmbi, nanko kuyiwa kuwambi nokuba akude kangakanani na. Nokuba ngumkalo nomntwana walo se lixolile nokuba aqàwuke engafumanagana yeza. Kube kodwa kòna xa sel' efile akunakuba kungayiwa kumagqiřa kuviwe le nto abulewe yiyo lo mntu, kuze ke kumangalelwane kudliwane.

Idořo eli yabe iligqiřa elinyanga nabupi na ubuhlungu ebantwini, lililo nexwèle, netola. Ibingawona be kubekwe kuwo intonga. Amanye ala matùtù asekò nanamhla nje, koko se izinto apà ezinyangaza ebusuku zihambà ematùnzini ngokoyika u-Rulumente wasem-Lungwini. Be kunje ke wena kwa-Xòsa sikutyele tina ngenkolo-nkolo zasemagqiřeni. Etyebe engawoti

zinkomo zabantu nezimpahla zabantu emka nazo le mihla. Namhla kunamhla! Asatwåsa wona kodwa noko singaziyo. Kuba nezilo inyamakazi namařamncwa abetwåsa ngazo zingasekô, abe amagqiřa la ebelawula nomhlahlo.

*Umhlahlo namagqwiřa.*

Yabe ikukubikwa kogulayo kubamelwane nezalamene kwa nenkosi enkulu yeso sizwe. Yona ke yokupa amagqiřa nabambèli bokutshutshisa nokutûtûmbisa abonukelwa ukutåkatå lo uleleyo. Ukuba umhlahlo ngowenkosi nokubana yinkosana, inkosi enkulu yoya ngokwayo ekufeni påya, ingabi sabi bantu ke namhla! Angabi mbalwa namagqiřa. Kwaye kunamhla nje nje ohlala kubafo abanenkomo, azume kumahlwempu apå. Amadoda atile akè ahlangana nawo ngasese kwavisiswana ngabazakunukwa. Abanukiweyo baya kutûtûnjeliswa kunene ngezapômpolo nangemililo ngokupèlana kwabo, abe ke kodwa yena obehle wabumbûlula engasindayo ekumbèlweni. Kodwa ke noko, umakadliwe zonke inkomo zakè. Kuyelele ebaxômini nasebakatsini apå ema-Ngesini. Amaxôba amakûlu ngawenkosi enkulu. Abakulonkosana igulayo bangabonwa kwawemizana emincinane. Ukwenje nje oku be kusitiwa koyikiswa amaqgwiřa ukuba amyeke ofayo. Abantu bonke ngabenkosi, ogulayo ma kabikwe komkûlu ; kuze kufunwe igqiřa lokumnyanga ema kuqûtywe nengxelo yalo xa kubikwa komkûlu. Ulandele ke lo mhlahlo ube ulawulwa ngamagqiřa akûtshwe yinkosi. Woncwåtywa akuba efile. Ze ukuba yinkosi, ngesiko, amiselwe umzi wasencwåbeni. Namhla nje umhlahlo awusekô, kunge ngakuba kupèle izikûhlane ebantwini kuba zohlala zihleli zona. Kutshone inkomo nombuso ebe kusukelwana nokuzibusela kula maxôba. Akwaba saba kô ndawo imiyo ke ngoko yakubik' umntu ogulayo, kuba namhla simiselwe ngumbuso omtsha wetû, ukubika ofileyo kupèla ; ityala elikûlu ke elo kumanyange ukungambiki umntu wenkosi akûtshelwe umhlahlo nabambèli. Namhla se kusuke kupûtûnywe kwelom-Lungu limsebenze. Ze ke akuba efiile kuye kubikelwa u-Mantyi abålwe ezincwadini zabafileyo ke umntu wenkosi u-Joji wesi-Hlanu. Kungene kulo ncwadi nengxelo yela gqiřa be limsebenza nelimhlinzileyo. Se kukôlelwa esifeni ngoku bungebubo oba buti be bunukelwa abantu besikwa ngabatûtûmbisi bakomkûlu.

*Amagqira nesolo.*

Isolo eli be kuqunyiswa imitána yamayeza ligqira nabantu balo ndaweni itile ifike yabiyelwa ngamahlahlana ukuba inganyatélwa zimpahla. Lo mlilo ke womana ukukwézelwa, uhlaziywa lakuba izulu lizisa. Ukwenje njalo kutiwa liya nqandwa ukuba lingenzi monakalo nasesizweni.

*Abakwétá.*

Amakwénkwe la abesaluswa kusitiwa namhla angeniswa ebudodeni. Labe ke ilelinye lamasiko ayimvelo kwa-Xôsa no-Ntsundu ekude kumnqabele nokuba alilande. Ebede amakwénkwe la abe nendevu kusalindelwe umnyaka omhle nolungileyo emasimini; ekoti ke isutû libe lelenkwenkwe yenkosi, ize xa kungekô yenkosi yalukileyo kulo nyaka libe lelenkwenkwe yepákati elikúlu, okanye isikúlu esitile esalusayo ngolawulo. Ibiliqáyiya endodeni inkosi eyaluke nayo, lo nto kutátélwa kuyo ukubalwa iminyaka yomntu, ishiywa eyobuntwana. Abantwana abazelweyo lonyaka baziwe ngalo nkosi yaluka lo nyaka. Se kumana kusitiwa, " Umntwana wazalwa nyakana kwaluka u-bani no-bani." Amakwénkwe la oba nomzana wawo bucala endle páya ekunye nekánkatá lawo elowafundisa nokutshila. Otshiliswa ke emizini yakomawawo apá, ade aye kupôsa kumnyaka omtsha. Omana ukukûpisana ngokudityaniswa nawamanye amacala namahlelo, abe ke amanye epiwa nezikáli kule mijikelo yawo ngobuntshili bawo. Woda ugaleleke wona umhla wokupûma kwawo esutwini, agqatswe ekuyeni kwawo emlanjeni ezibukweni elitile kwa ngedeke-deke. Idume ewashiyileyo, nevalileyo ibe yintlekisa. Kulapá nje sel' elungiswa amagcabe nemilawuti yokuwangenisa kwabo ebudodeni. Ukusuka emlanjeni apô obuyiselwa kwa semzini wawo páya, apô okûtshwa asingiswe kulomnini-sutû páya sel' eyalwe kade ukungaké akángele ngasemva ekutshisweni komzi wawo wasendle. Ofika ê tánde enkundleni apá ngento entle ; bangene bawayale kaloku bepátá kuwasoka kuyilo nto. Kogidwa ibe yimivuyo namhla. Isihombô nesihomô esikúlu esi. Utshisiwe ke la mzi wawo wasendle, eza nkomo ebesengelwa zona zililifa lekánkatá ngokwasendaleni. Kodwa kungoku zibuya zigoduselwe kwa semakáya nokuya ziyinqambi namhla. Na-

mhla ke ngamadoda isibizo yabe ke yonke indoda le oko ibingundiyalwa emfazweni eyona ndawo imandla ke le endodeni ipilile. Ukwaluka (ukunqumla ijwabu ngomdlanga umkônto) nesutû, nengqeqesho zasemakânkatêni ibikukwenzela ukuba inkwenkwe ibe ngundiyalwa namhla egameni lenkosi yayo; lo nkosi yaluke nayo. Ibikukuyifundisa ukunyamezela intlungu, ize ibe yindoda eqinileyo enge-etê-etê ngomhla wentonga. Silapâ ke isidalo nemvelo yeli siko lokwaluka. Kwaye ukwaluka oku ikukunqumla ijwabu ngomkônto, kumana kubotshwa kukûluliswa ngezigqutsu ide ipôle. Nanamhla kusaluswa ngokutwêtwisa noko kungoku, ngama-Qaba asenomhlatyana. Nakuma-Gqoboka kuya ncipâ, abe ke wona abe sapûla umtêtô kakade nakwa-Juda asisiko labe ilelona limandla, koko ngommiso be kusaluswa imvenene zentsana ezibomvu ngokwesitêtê sika-Abram uyise-kûlu. Abakwêtâ kutê kôna mva nje benzelwa kakûlu imigidi yendywala ekupûmeni kwabo.

*Imigidi.*

Imigidi le wena zinto zakutsha nje, zindywala ezisilelwa abakwêtâ nentonjane maxa wambi xa kupûnywayo. Nge kuba kukôna imigidi ikôyo, koko umhlaba wenkosi zetû wangenelwa zinto into zokubalela kwamalanga nendlala ezitsho yapêla tu imihlali, zafa nezo ziyolo. Umsitô wase-Kana yase-Galili ufun' ukufana kakûlu nomgidi wasesi-Xôseni.

*Ukufuya inkomo.*

Kuma-Xôsa, aba-Mbô nezinye intlanga nezizwe ezi-Ntsundu akukô nto ibaluleke nje ngokufuya inkomo ngokwesiko lamanyange. Ukubulela inkomo be kusangiwa isandla kwa kunye nonyawo kwabanye ngamanye amaxesha kuboniswa ubukûlu nobunzima bale nto iyinkomo emntwini embulelo ungahlangatyezwayo ngamazwi omlomo ompashu-mpashu. Inkomo itândwe kanga ngokuba kudaleke intsomi eti, " Umntu lo wadalwa kunye nenkomo le," ngesizatû sokuba umntu lo ebefunyanwa ngenkomo le ukuze abekô. Onina abazala inkosi, nezibonda kwa namapâkati, oma nobawo betû babakô ngale ndlela. Yabetâ lo nto alatêtêka ixabiso lenkomo ebalini lom-Afrika. Kaloku namadini la axômekeke enkomeni, ubom bomntu ke obo, abesiti umfo ka-bani nokuba na ungxatû unjani

ña aguqulеke zimenže eyoña nžwana inkomo zakê endiselwe apô atânda kona. Soti nesifombô nokuba sisiqwâla sikândeke sibe ngumntu nakomkûlu pâya, kuba sinenkomo. Enenkomo nje asikukô nokuhlonelwa lo mfo. Izindlu ezi nentango ekâya apâ zitwêle isidima newonga zinkomo zawo. Ebe sisiti isityebi silindele ke ilizwi lengqondo nasenkundleni nobuciko iliyilo into emfamfatâyo nendindiza ngokwenja enezisini, kuba unenkomo kaloku. Kaloku uxatyisiwe uya banqoma abantu, baye belima ngaye ukuze bazuze ukutya. Kutê ke olu dumo lwenyuka okunye kwixesha lokungena kwenqwelo pâkati kwabantu, yasisihombô ngokuti isityebi sibonwe ngokutênga inqwelo (ibôkuva) inenkabi zayo ezilishumi elinesibozo. Bomncoma umfo akuza ekâya eqûba inkomo atwâle intshinga. Bebesiti bona abapâna inkomo bagcinane ngokukûlu. Libe liba libali elo. Kaloku badlelana amagazi se bengabazalanayo. Oko kukuti kwaba-Ntsundu ubuhlobo be busekwa busakiwa ngenkomo le. Ibe yendele lo nto nga ngokuba babelane ngayo amaqasho nezabelo bonke abale mizi yobumelwane nobuhlobo, ekanti amadoda wona yinyama yawo onke intloko, nesifuba, nenqweme lemizi, neswili kwa namanqina, enkomeni nganye. Amakwênkwe anamacongwane, abafazi ulusu necandelo lesibindi nesixânti namatûmbû, intombi zinenjeke. Inkomo isezwa kuba isifa, umhlawumbi yeyele, okanye zisimka namasela namanyangaza kwa namatutu. Amadoda esizwe apûma onke ukuya kulwa nokuhlangula inkomo engozini naselutshabeni; kuxôtywe amakâka intonga, izikâli, nemipu, amadoda aye kufela inkomo—umnye wendoda. Be busakêka bugcineke ubuhlobo kulo maxesha, umntu onobutyebi engaziqoqoshele yedwa, koko esondla abanye ukuzidumisa ubunene nobuntu. Ukutânda impahla ke yimfuza e-Afrika apâ. Wofumana nakule mihla yekâla nemfundo, nempucuko amadodana nolutsha esazitânda nzulu inkomo. Abafundisi, abavangeli, ititshala, itoliki, onobâla, nabanye wobafumana besazitênga bezitânda inkomo egazini. Utêngo fama nezindlu, neziza ezidolopini kwa nogcino mali ezibankini kusembalwa kunolutsha lwaba-Ntsundu abasanamatêle nzulu enkomeni pâya. Kuya vuyisa kakûlu oku, kuba kum-Afrika inkomo nguyise nonina—ngumhlaba ngokwawo. Enyanisweni yibanki ka-Ntu inkomo. Imfundo ngo-

kwayo iya libaziseka xa kufuneka azitèngisele yona. Igusha namahashe wona uwatèngisa lula xa aza kufundisa usapô. Inkomo yona ngumpéfumlo wakê ngokwawo. Sel' efile engenayo. Yindoda epêleleyo zikô nje. Linye ixesha aziqûba esekucwâyitêni kuxa azilobolayo azise kumzi ka-bani atânde intombi yawo. Ucapûle le migquba ayimanye, kuba kuya lanyanwa kade. Liratshi lodumo ke eli. Kuya zekwa, luti utândo lwenkomo lwanaawe ngotândo lomntu. Olu tândo lotyûtyâ lunkwamle nabatshana abantwana bale ntombi bohlala belizwa kwa ngokupiwa inkomo kulonina apâ; kuba unina wayelotyolwe kwa ngenkomo. Batya inkomo zikayise zihleli zililifa labo ngonapâkade. Aba bantwana basapiwa inkomo ngonina osel' efile. Engqondweni yetû tina yimfihlakalo yemfundiso yobomi obungunapâkade le pêzu kwenkomo. Bunje ke ubunzulu benkomo ku-Bantu utândo lwayo aluti zizifo zenkomo. Udodana lwezi mini ma lukê lukûmbûle ngento enzulu nezukileyo yokutândwa kwale nto iyinkomo ngoyise. Bona be zide zatândwa ngokukodwa inkomo ezindala zasekâya apâ, yada inkomo le yalinqulo neyona ndlela yokupila emntwini. Onke amatyala omntu agwetyelwe ukuwahlawula ebefezwa akûlulwe yinkomo ekupêla kwemali nentlawulo yalo maxesha. Inkomo ke ubehlanjwa nasetyaleni zizo umnumzana nasesonweni, zimenze msulwa. Aye amasi azo ebekokona kutya kupâmbili kubo. Kungoko singacingiyo tina ukuba kufanelekile ukuba kufeketwê ngenkomo le; into ebukûlu buyinkonde ezuke kangakanana. Kungoko silucelayo ulutsha lwezi mini ukukê luqiqe ukuba kufanelekile na ukuba luzilahle inkomo. Akubonakali tina ukuba kungapilwa kakuhle kuhleliwe ngapândle kwazo. Nakubangeni aba-Mhlopê base-Ntshonalanga akubonakala benokuhlala barwebe bacûme kakuhle ngapândle kwazo inkomo. Bona inyama yayo ityiwa isentsha isatyebile, okanye ityetyiswe itâmbê ifakwe nasezinkonxeni nasetyuweni igcinelwe amaxesha anzima namabi. Izihlangu nembâdada zenziwe ngesikûmbâ sayo, impondo zenza imela, incaza nefolokwe zokuncûla kwa inyama yazo etafileni. Amatâmbô nomgquba nomswane yindyebo yomgquba emasimini. Amafutâ ebôtolo ngubani na ongawaziyo esonkeni? Abafundisi nabarwebi, namafama a-Mhlopê abanakupila ngapândle kwenkomo ingebantu abapû-

cuke kudala kakûlu. Ngendlela ezininzi asinakwahlukana nenkomo isonka somawokulu betú. Naxa ke ma` sizamele ezobisi zokudliswa ezitalini ngokupêla kwamadlelo asendaleni. Nina ke lusapó luka-Ntu inkomo kuni ngumpêfumlo, ligazi lokuzalana ngokwalo, yimpilo nokufa, yinkolelo notixo. Um-Afrika upûma enkomeni yaye inkomo ikôlo umnini-yo—yingubo yakê wambatâ yona—nguyise, ngunina mlesi. Ingalahlwa na inkomo le, ze apile na yena umntu elahle umhlobo-kamhlobo? Ukufuya inkomo yabe ibubunumzana negama kwa nobona buntu kwaba-Ntsundu, umakabe nazo ke wonke oyindoda, engenazo akazelwa budoda bani. Itê ke le nto yabangela ukuba wonke abenenkomo. Nongenazo zimpûluke ngokumala ezifuna yena nqi. Be zizuzwa embusweni, ekwendeni, nase-kwendiseni intombi nakuzipiwa zihlobo nezalamane zabe be zidliwa inyama namasi, zibuye zambêse ukwambâtisa usapô olu. Ezizinkabi be zisihombó, into abezitânda aziqutê ezixonxa ingalo umfo wasemanantsini, kube ngumkitâ kobonelayo xa kusenkundleni, entlombêni nasemdudweni. Abe ke yena ukubila oku sel' ejukutyeka sel' elicebencu eli. Kubonakale sel' enqatyelwe zizango nezimbô zokuxela amabala azo nokwahlula-hlula ezesibunu emaduneni. Yinto ke le ebidala umsindo we-nene, kuba kusitîwa, "Kusemsindweni nasezintongeni namhla." Babile babe zinyidilili. Inkabi ezi be ziba ngamaqcgu, nama-leqe, namadini, nemisitô ngokukodwa kumandulo. Zazingazani nedyokwe le, nje ngoko wena waziyo. Ezizimazi be zinxakama xa kuza kusengwa komawazo pâya, nokuba kusezizweni emsi-twêni kubongiselwa ngabasengi ngento entle. Iyindili enkulu kwa nesidima. Zazibubukumkani nokumiwa komhlaba kwaba-Ntsundu. Be bulapâ ke ubuntu, umnumzana ehlala ngasebuhla-nti, emana epûlula lo mxâka wakê. Umfo onentlahla nengxeba, olusapô lunegazi. Umfo omzimbâ uyimpuluswa. Awu! Ihombâ lenene! Ipi na imicepê yamasi yobunene? Umfo onesitôzela no-kutêtâna kuncinane, pôfu umntu lo ezele bubele notândo kwa nesisa esikûlu. Api na amaxesha okonwaba nentlutâ, into nenja embâla ebiba likiyo-kiyo ukuhlutâ yinyama nobisi. Inkomo nanzo ezindle pâya, amaramncwa asendle omana ezibambâ ezibulala ngokuzidla, kube se kufunwana nawo ukuba abulawe ezingelwa. Zimbi nanzo ematânga nabafana namakwênkwe.

Kuhleliwe konwatyiwe sisizwe. Nanamhla inkomo zisatândwa kunene koko zabulawa zagqitywa ngolindipasi, imofu, ositwayi, nomanzabomvu ekubeni be kungene no-Nongqause nemfazwe zasema-Xôseni zatyikitya okwazo njalo-njalo. Wakubona ukuba nomhlaba lo se ungowom-Lungu kaloku nje. Asekô kambê amaqelana namagqizana, ewe nalo maqcgwana ngamanye, zaye ke ngalinye inkomo zipêlelwe ngumhlaba wazo. Wopâwula mlesi ukuba inkomo ezi nezinja, kuvelwe zikô luninzi lwetû kwa nebôkwe be zikô pâmbili—izimbûzi ngcgama. Igusha ezi be zikwakô izizimvu ezi zimisila mikûlu. Ihangu namahashe, ikati nenkuku zinto zanamhla kweli lizwe.

*Ukwanyiselela.*

Ukwanyiselela oku wena lisiko elaliqûtywa zintlanga ezimnyama ezingamafuya nakumanyange xa sukuba kufe inkonyana yenkomo nokuba kufe unina kube kwanjalo. Ukwanyiselela kotâtyatwâ inkonyana yenye inkomo yanyiselelwe kule ngokusengelwa okanye ivinjwe amasi kanina ukuqêliselwa kule. Kozanyanwa nayo kupâtwâ kwambâtiswa ngolwa gaga be lubetêlwe lwenkonyana okanye itôle elifileyo ; ipâtwâ kudyojwa ngasemva apâ ngobuvumbâ obu bukiwa endle pâya nangombangandlela abanye, ize ke imazi le yenkomo iqale ukususela ngokukôtâ eli vumbâ leyeza kanti se ikukwehlisa kwayo oko se kukôtêne nje. Kurazulwa nesiziba elufeleni oluya lwenkonyana se luvundile lube kwa lapâ. Nenkonyana efelwe ngunina ibisanyiselelwa kwa ngokunjalo kwenye inkomo ; ide le iyivume iyitânde. Ubone ngankomo apâ se isanyisa matôle mabini ibingazele mawele pôfu. Ukwanyiselela oku be kunyanyekelwe ikakûlu ngamatânda nkomo namasi, kuba inkomo yona ibiya kusuka yome, yapûse ifelwe yinkonyana nje. Be linjalo ke wena isiko lokwanyiselela kumafuya, laye liseké nangoku kuwo wona.

*Inkomo yesondlo.*

Kubantu aba-Ntsundu be kulisiko elidala nelazekayo umntwana ukukûlela kulonina pâya asiwe emncinane, ayekwe ondliwe kona ze ke kurolwe inkomo yesondlo ukubuyisela le ndleko yokondla nenkatâzo yakulonina. Nokuba ngumntwana wesisu xa sesihlawulwe ngumnini-so, waza ke umntwana yena

wayekwa wakûlela kulonina ube nokuzekwa ngokuhlawulwa kwenkomo yesondlo. Kuyelelene noku kwasem-Lungwini kutiwa kummitisi ma kondle umntwana wabantu amenje njalo ngokuncencezisa imali zonke ezi veki zokuba ezele esanyisa. Kanti ngokwesi-Lungu umntwana yena ngokanina. Eli siko lingumninawa wokulobolisa ngentombi, laye kwakôna likwazalana nokutêleka ngelinye icala. Ikâzi lona alinawo umlinganiselo kuba iyinto engapêle ndawo. Le nkomo yesondlo yona iṙolwa kube kanye kube kugqityiwe. Ma kamnikwe umntwana wakê nokuba na uhleli ixesha elingakanani na apô kulonina. Le nkomo yesondlo ke, size kuyekâ, ayibonakali kucâseka nganto ke nakula maxesha angoku enqubela atândana nokubangulana nezono emasikweni, kunjalo nje ke ngawona adlulisileyo ngendleko yokondliwa komntwana ebifanelwe ukuṙolwa ngumntu kungekô siṙoṙo sakuti ni. Kuti ke pôfu umntu esazi eqonda ngokwemfanelo yesiko lasekâya ade ange akaqondi zindleko ezininzi zinzima zentlalo yeli xesha. Eziti se zinjalo ukusisindasindekisa, abe umntu wasembusweni esongeza ngokongeza.

*Umbuso womzi o-Ntsundu.*

Umbuso ibilikomkûlu enkundleni yentlobo zonke zamatyala atêtwâ yinkosi nesigqeba samapâkati ahleli ezingageni enkundleni. Le mihla ke bafikela apâ ondimangele, ndimangele, ndimangele ndimangalel' u-bani ! Ekufezweni kwetyala iya pûma imisila, yaye iya kuhlawulwa ngundimangele ngokwakê ehlawulweni pâya ebe liba zinkomo lonke ixesha—isigwebo senkundla. Umntu ebengazanga agwetyelwe kuba abulawe afe kwaba-Ntsundu, ngamagqwiṙa odwa abebulawa ngokunxitywa umntu ilitye entanyeni atôtywe eliweni okanye antywiliselwe emlanjeni akuba ebenukwe ngamagqiṙa ngokutâkatâ abafayo. Lonke ityala—obulele umntu nokuba lusana, abalwileyo babetâna okanye babinzana ngezikâli, amasela nabaṙexezi bebegwetywa ngokuhlawuliswa inkomo ngokunjalo amadabi nokulwa kwamakâya. Pôfu kumandulo abenze umbulo bebebulawa bahlahlwe bafele kwa lapô. Bobabini undimangele nommangalelwa bebenelungelo lokubênela kwinkosi enkulu yesizwe, beya kubalapô ke abameli benkundla engapântsi ukukûsela isigwebo sayo. Be kudla ngokuti le nkundla inkulu esigwebeni

sayo iqinise kwa isigwebo saleya ingapântsi nendleko zongezwe, zandiswe nangenxa yemisila. Ukanti be lisiti ukuba ityala licitwê ngokugwetyelwa akûlulwe umbêni kupêle apô, kungabi saba kô zindleko zanto macal' omabini. Namhla kungene umbuso wasem-Lungwini opêtwê zimantyi, abamangali nabamangalelwa se besa amatyala abo kwa mantyi. Se begxilelana ngamagqwetâ. Ezona zitêti zawo se zingabatyi bezizi namaroma kudibene nemantyi egameni Jika-Rulumente. Akô pôfu amatyalana amancinane ezivunyelweyo ukuwatêtâ inkosi nezibonda, kodwa noko zingenakude zigqibe nto ngokupêleleyo. Ababênayo emantyini banakô ukubênela kwimantyi enkulu nenkundla yezibeno. Wofika kwezi nkundla amagqwetâ nemantyi 'se kutêtwâ namatyala ami pêzu kwesiko le-Sixôsa, awamakâzi, umtshato, uzeko nolwendiso, intonjane, ilifa, amadini, ubukôsi njalo-njalo, amagqwetâ engazani kuya pi pôfu nesi-Xôsa esinobunkonde obukûlu. Yile nto ke eyona ibangele ukuba inkosi eziNtsundu zilahlekane nobukôsi bazo ebantwini nasekuhlaleni. Zibuhlutwê ngu-Rulumente. Bonke bayazi ukuba inkosi ibiduma ngokupâ inkomo abantu ebezisiza nezizi zala matyala ondimangele bazalise le nkundla le mihla. Zaye be zipûma kula mahlawulo. Ekutê ngokupêliswa kwale ntunja, zaqala azabi nto inkosi zomzi o-Ntsundu. Kutê kunje u-Rulumente wangenisa isiko lokumisa izibonda zokupolisa nobuntaminani, into ke leyo ebugqibeleyo ukubunyasha ubuntu nobukôsi buka-Ntu, kuba alukô uhlanga olungahlumayo lupê twê ngamapolisa, kuba wona akananto yimbi ayilangazelelayo ngapândle kokuba koniwe ukuze kube kuxêlwe e-Xûkwane kwalunga. Kudala amapâkati enkosi amakûlu azizandla zekomkûlu ebekê aqale ngokuwacweya amatyala emimandla yawo eze kwenza ingxelo yawo komkûlu apô kogqitywa kôna. Lisaya kutâtwâ pântsi nasemva kodwa lona ityala xa se litêtwâ enkundleni. Litêtwâ libuziswa nje ipûlapûlisile inkosi noko yomana itê tyindyilili wena. Pâmbi kokuba ligwetywe abamangali nabamangalelwa boshenxiswa inkundla ibe yodwa xa isompa isigwebo nemihlaba yaso. Emva koku kobizwa abetyala, iqale inkosi ibawisele isigwebo sale nkundla yeli komkûlu ngeliqavileyo, abêne ke obenayo. Ityala eli ke ligwetywa ngokuzekanisa nafana nalo angapâmbili kwa nezigwebo zawo. Agciniwe

ngentloko ezi wena ngamadoda amakúlu anamavo ombuso akanakulityalwa. Wofika umntu ewakúbula ngamanye kunye nezigwebo zawo. Umbuso wakwa-Ntsundu wawahlukile kowasem-Lungwini kuba wona wawuhlawulisa inkomo zodwa ngamatyala onke, kungekó hlawulo lamali, latilongo, lakatsi, lanto ni, kupêla zezi nkomo. Pófu bona abanukiweyo bebegwetyelwa ukubulawa kwa oko yinkosi, obulalayo ma kabulawe naye. Amatyala omkóndo wona ungene esixekweni ma ihlahle yonke imizi yeso sixeko. Ngokwasesi-Ntsundwini ingundimangele no-mmangalelwa, umtêtó umkángela msulwa ummangalelwa, kanti ngokwasem-Lungwini 'ngundimangele okángelwa msulwa lide ligwetywe ityala, ibe eyasemanyangeni inkundla ingayazi into yetyala lokufunga ubuxoki, kungekó nanto yakufungiswa kwabatêtl tyala namanqina abo nje ngoku sikubonayo em-Lungwini apá. Kuma-Afrika (ama-Xósa) umntu ubesebenzisa amaqinga nenkohliso namaqókolo akê nga ngokuba asinde etyaleni apá, abe undimangele enokuza namanqina nokuba mangapi na libuzwe ityala lipinda-pindwe nokuba ngubani na olapá enkundleni. Amapákati nenkosana be zingenakude ziwagwebe amatyala ezisukuba zikê zawavavanya eziqingatêni zazo páya. Onke agwetywa kupêla enkundleni komkúlu, inkundla ekupêla kwenokuwisa inyanzelise isigwebo nentlawulo. Amapákati amakúlu ngokukodwa ebenelungelo lokwaba nokushinta kwinkomo zamahlawulo akomkúlu ekwakó pófu nasekwabiweni kwazo enkundleni nasebuhlanti komkúlu páya. Inkosi ewe ibinokuyenza imitêtó yayo eyongezayo, kanti emidala evelele kuyo nayo ibingenakuyisusa, nto ibimbi kulo mitêtó kukuba ibingabálwanga ndawo kupêla ibikúnjulwa ngokugcinwa ngentloko. Le nto ibangele ukuba eminye imihle ilungile nje itánde ukulibaleka nokuguzuka kwa nokugwenxeka kwesona simo sayo samhla mnene. Ekanti ke kuyo yonke le meko awubanga nakulahleka ushenxe wona umongo womtêtó nesipátó sasebukósini basendaleni. Akutándabuzeki kóna ukuti imitêtó nemigaqo yojkukónzwa nokunqulwa kweminyanya yasemanyangeni ibiyisingela pántsi ngokomoya nentlalo elisweni lokányo nobu-Kristu. Ibingelungi ke ngalo nxa kwisizukulwana sala maxesha encubeko. Be kufanelekile ukuhlelwa kulahlwe amakóba nenkambi, nomququ kulondolozwe inkozo kwa

nomongo wento. Kuya kufumaneka kwakôna pântsi kombuso omdala ukuba izizwe ezi-Ntsundu zinemitêtwâna nencukacâna zamasikwana okwahluka-hlukana, ekanti koti kunjalo kwa zona ezo ndawo zihlala ziya ngokudibanisa emndililini wamasiko ohlanga lupêla. Amatyala komkûlu pâya ebezintlobo ngentlobo, awokubulala, ukudlwengula, ukuqômfa, ukûba, awomkôndo, awokulwa, nezinye ke indidi zawo ; aye ke onke eyakugwetyelwa ngokuhlawuliselwa inkomo. Woqonda ke wonke umntu ukuba le nto iyinkomo ibizuzwa komkûlu pâya ngapêzulu kude lê kwinkomo ezinokusetyenzwa kule mihla emigodini nasem-Lungwini. Namhla nje 1936 akusekô zityebi zankomo kwaba-Ntsundu nga ngezityebi zakudala, apô imeko zomhlaba nama-dlelo yayizezinye, zingekô nezirâfu zika-Rulumente, namatyala evenkile enkinqa, nendleko zamagqira nezifo ebantwini, ezi-ndlwini nasezintsatsheni ; nenxwaleko ezininzi zokufa kwabantu nempahla efuyiweyo. Ezi meko zolu hlobo ziwuguqule wanto yimbi wonke ke umbuso womzi o-Ntsundu kwa nentlalo yabantu. Umfo wase-Afrika uqale walahla ingubo zakê zenkomo, iminweba, nemigqwetô yenyamakazi, nezegusha wasukela ezasem-Lungwini. Wenza kwa eso entweni ezityiwayo nezise-lwayo nanko eleqeka emva kom-Lungu nezonka nezise lo zakê. Izinxibo zomtinjana nomlisela o-Ntsundu kulo mnyaka we1936. ma singenzi nelimdaka labantwana abahambêla abantu-ze kubonwa aba-Mhlopê. Into esingasuka siyalatê kule nqubo yabo yokulinganisa um-Lungu bengasokuze babe nguye yeyo-kulila sisiti, " Hayi ukutshabalala komntu o-Mnyama into engenasingqi ! " Wenje njalo lo mfo wakowetû nakumasiko akê, kwafuneka ewalahle onke walahla tya-pâya. Uyinto ni na ke namhla emva koko kuwalahla ? Akalingantutu na ? Akali-pônyela na ? Wena ulahla imbô yako ngopôyiyana !

Se sicacisile ngombuso ukuti komkûlu amatyala ebezintlobo-ntlobo satsho nazo sazicâncisa nga ngokuba belilodwa ityala lentombi emitiyo ikânyelwa ngummitisi lowo wayo. La matyala onke ngawomntu ongundimangele ukuti entlawulweni amelwe kukuvuz' imisila yasematyaleni. Amanye ibingawezizi oko kukuti ema-Xôseni obulele omnye ebengapindi abulawe naye, koko ebesuka adliwe zonke inkomo zakê kutiwe ke sisizi ke esi. Le ntlawulo ngegazi nobomi bomntu yaye ibibayeyalo

nkosi yalo mfi lo ntlawulelo kunye nelo komkûlu. La matyala ebengayi komkûlu xenikweni umntu obanjiweyo avumileyo akutiwa-go waza wahlawula. Ikwa sisizi ukulwa kwamakâya, ize kuviwe komkûlu se ingama iwu! iwu! Ibulelene eyamanantsi, ekose kupûnywa komkûlu kuya kuhlawuliswa badliwe ngegunya lesitshantshatela kungengamisila. Ikwa sisizi ukufa komnumzana. Emva kwexeshana inkosi yopûma inebutô layo fobololo, iye igaleleke kumzi womfi. Yoba yingqungqa ke isipâkati silapâ exôbeni. Koqala kuxêlwe eyokukûza umzi, ize ke inkosi ingene ibakûze ibangxengxeza baqin' imixêlo. Ityapê ke kulapâ ukucel' umkônto isiti, "Ma ndigqibelise namhla nje ukudla into ngalo mntu kabawo." Wosel' eqetshulelwa iqela elimnandi lenkomo ezokêtwâ zibentle zonke kumntu osityebi. Le nto ke kutiwa "kukubutâ ilifa" okuhleli kunemigqaliselo yako. Kufuneka igosa eliyintloko kule ndlu yomfi ibelilo elikânkanya ukubutwâ kwelo lifa, ekoti kuvunyelenwe nenkosi, libutwê ke. Lo ke uyintloko kule ndlu maxa wambi iya mgunyazisa inkosi ukuba aye kulibutâ, anqôngwe ke ngabakângeleyo nabo kwelo xôba. Ma uqonde le nto anokukûtshwa yinkosi ukuba alibutê kungenxa yokuba yena enokuluvela alubone olwa sapô ayinkosi yalo. Kotiwa xa se kutêtwâ, "Kwati kwati mhla ngelifa lika-kutileshe ka-sibani-bani." Eziseleyo ke zona zezonyana omkûlu, pôfu ke kuye kodibana nezodade kwa nezodade boyise. Ilifa eli ke ukubutwâ lapêliswa ngu-Sandile ngokutândazwa ngama-Kristu ekubeni lifikile ili-Zwi lika-Tixo. Kwa-Gcaleka life kunye neNgqawule. Abesenje nje ke amatyala kunye nezizi zawo. Ekubeni amanye ebepêlela ebantwini pâya, ebekwakô nawasenkundleni komkûlu apô undimangele nompêleki okanye abapêleki bakê epêtê olo gibijo lomnqayi wakê. Wovakala esemgama egongqoza ngeliti "ndimangele!" ndimangele! Kutiwe ke ngosenkundleni nobêlwana lwakomkulu, "Umangele yini na?" Wotsho ad' aze kuhlala pântsi koludwe lwamatyala engenakulibala ukubulisa ngokukâhlela enkosini ngokuti, A, "Bani" (qa ngegama layo lokubuliswa) and' ukuba asingise esigqebeni. Akuba ehleli pântsi boqala bamlanda-lande isimangalo sakê kwand' ukukutshwa umsila apûtûme ummangalelwa. Yabe ke eyona nto ibonisa ityala ema-Xôseni bubunqina bokuti umntu abanjwe

ngezandla atiwe-go angamangalelwa ngokuzindlwa nokufanelwa mhlawumbi ebaleke wabashiya abambambà. "Ubanjwe ngubani na"? Wotsho kodwa umbuzo. Ngengomso bobalapà enkundleni namangqin' abo. Ukuba ummangalelwa uya kanyela akuba ebanjwe emfazini womntu, kosingiswa kumfazi lowo, iqáwu-qàwukane ke ngoku intetó. Siwe isigwebo. Kube kokwemisila kaloku. Umsila woya kuhlawulisa kukabini kukatátú wosel' usiti, "Kokwemisila yengwe kukaloku." Lo msila wengwe lelona gunya lomtètò; enale misila ingabantu abatimbi kutíwa yimisila nje kukwekwa lo wengwe utiwe hlo entongeni. Wotàtyatwá ke lo msila wengwe uligunya elisentongeni umntu ahambé encatà-ncatàma; ze aye awuti-hlo esisileni sendlu ebusuku atèté aqavise esiti, "Ze nimgcine lo mntu angadliwa zimpuku." Bose beqonda ke nabo ukuba esitsho nje namhla kunamhla, usishiyele inkwitshi, igunya lamagunya ke elo. Lo msila wengwe awungeke ulale apà. Ufikile nje kosa zifika ezentlawulo ekoti kungabanga njalo iseyifunzwa eyakomkúlu izitimbèle. Ummangali wonikwa ezakè kunye nomsila; kanti ke nekomkùlu lodla. Umsila wengwe ungafika kopèla yonke into ebitètwà. Yinto eyoyikwa kunene awoti nomntu owubuyisayo ufike ewutè cù, wawuti qiwu ukude le kuye ngokungatí uti, "Hleze ndiwutinte, undohlwaye ke wona." Ukubèna ematyaleni undimangele nommangalelwa unelungelo lokubèna abèncle ku-Sandile owakwa-Ngqika; naku-Rili owakwa-Gcaleka esiti, "Ndiya kàlaza ityala lam litètwè kakubi ngokutí nokutí oku." Wobèna xa umsila upùtùme inkomo zentlawulo ngokwesigwebo. Kuba komkûlu pàya angati eviwe esiti, "Ndiya bèna" eli xesha inkosi iwise isigwebo iti inkosi, "Mbetèni mapàkati unesidelo." Umsila wobuya neliti, "Uti uya bèna, ubèncla kwinkosi yokupèla." Kutiwe ke, "Xelela ummangali lowo u-bani ahambè aye apò, nawe use isigwebo namazwi eli bandla." Kuyiwe ke enkosini enkulu engumtètò wesizwe lifike lingene ityala. Woti mhlawumbi agwetyelwe kwa kòna. Ekoti egwetyiwe kuse kusomeleczwa isigwebo senkosi leya yakè ingapàntsi sitiwe nyi kunamhla kuba yopùma se imibini imisila kudibene nalo wasekomkùlwini lokugqibela, abetè azidele nombèni ngenkani zakè. Namhla kunamhla! Kwaqala ngokufa komhlahlo ngo-Nongqawuse, ngo-Ncàyecibi Iwapèla

utimbô lwabagwetywa. Akusekô nkosi namhla. Ondimangele se belunge kumagqwetâ nomantyi. Zaye ezi zibonda zika-Rulumente zimiselwe ukutêtâ amatyalana atile ziwatêtêla u-Rulumente inkosi yokudla izizi, kwaye nokubêna se kuqûtywa ngamacebo asemagqwetêni. Se lili-awu hayi okwanamhla! Yabe umbuso lo yabe iyindlela yokusebenza komkûlu, apô be zizuzwa kôna inkomo ade umfo lo abe sesona sityebi nenene elipâmbili. Ubuzindidi ngendidi uwodwa owamadoda wahlukile kowabafazi namankazana. Amadoda wona ebebusela inkomo, amankazana ebehlala kwa komkûlu nabantwana bawo, ade akêlwe imizi ukuba akendiswanga nje ngosapô lwasekâya apâ. Kufuna ukuza kwi-Konventi namakâya enkedama la siwaziyo. Oko inkomo le ibifumana izuzwe inye yande ade abe sityebi ummnini-yo nje ngesheleni enye efakwe ebankini mhla wazalwa umntwana yaqokelelana. Namhla lo mbuso ka-Xôsa se iligama lodwa. Awusento isakâtâlelwe bani, kuba ungasenguwo, ungasaxumi namntu. Oku kumbâtsha kwalo mbuso kuxômekeke ku-Rulumente ekutini inkosi zama-Xôsa zakuba zingene kuye ati namhla ke amatyala okulwa, okuba, okubulala, okudlwengula, nawokuzuma anisayi kuwatêtâ. Zaye nezizi zonke namhla izezika-Rulumente. Ukwenje nje ke waba umisela ukuba onke asiwe e-ofisini pâya onke; yade imantyi inamagqwetâ la yatêtâ nawasemafeni okubangisana ingazi nento pôfu uninzi, lwazo, ngesiko nezitêtê zasema-Xôseni. Sûka qâpû namhla ezona zinânâ nezitêti yangamagqwetâ asem-Lungwini. Le nto ke yeyona ibulele ubukôsi buka-Xôsa, tina Xôsa be siqêle ngemvelo inkosi ebuswa ngokup' inkomo. Suka ke namhla nje zesuswa izizi zapôswa ngaku-Rulumente. Kudlule nalapâ kuba utê kanti imantyi le yosel' ityântsula isakase ukulawula. Ndinyule into ibenye mhla u-Rili wapûma ehlatini ngeka-Ncâyecibi. Suka u-Rulumente adalele ebubondeni u-Mtoto ka-Sarili no-Mpangashe umpâkati ngapândle kokudibana no-Rili. Wenje njalo ke nakwezinye inkosi ezindala. Batshona ke ubukumkani buka-Xôsa, bangena bonke ubuhlwempu bungeniswa yimfwebo nenkonzo yombuso omtsha angazaniyo nawo u-Xôsa lo. Ukukûtâzwa kombuso, umhlawumbi kokusebenzela inkomo nobuntu nokutiywa kobuhlwempu. Ubuhlwempu yabe ingento itândwayo kwa-Xôsa wenene, umayisebenzele inkomo indoda le

ibenazo. Pàwula ukuba xa kudliwa umvubo be kubaswa umlilo, amadoda angenankomo abekwe ngapàya unganeno apà ke wona umvubo—isitya sawo kunye nanenkomo. Olabalabisa pèzu kwalo mlilo amahlwempu, awutye emana enqanjuliswa kokutsha kwawo atshayo nje ngoku kwasem-Lungwini. Amahlwempu ahleli kwikitshini elingezantsi kwesitèbe samanene nenkosi. Be kubakwa yilo nto xa kuncunzwa igxoji, ebe kude kutiwe yikòfu ukuyibiza maxa wambi. Ibilubisi olupèkiweyo ze luncunzwe ngemincunza, isisidlo samanene ke eso.

*Inyama yamahlwempu.*

Intamo yenkomo yabe iyinyama ebisisabelo esisigxina samahlwempu. Ebengenasabelo simbi ngapàya kwesi, ekude ke exesheni kwangena intetò yesinyeliso eti " amaxwità-ntamo " kube ke oko kutsho kutètwà ukuti " abapàntsi amaququlurána angenankomo." Xa kusezintongeni enkundleni, ihlwempu ibingumfo apà oswele kunene isimbò sokumisa. Konke ke oku kwenje nje kwakusenziwa olihlwempu ukuba afune inkomo ngokuzisebenzela nokuzikònzela, ukuze andule ukuvana nokuyola kobomi entlalweni ka-Xósa. Ama-Mfengu (aba-Mbó) xa sitètà ngokubanzi afike engamahlwempu. Kwaza ke kwenzananwa nawo nje ngamanye amahlwempu asema-Xòseni ngeli siko libundlalofa, pòfu linenjongo entle kunene kungengakuba ayetiyiwe. Banokuqonda kakuhle bonke abalesi le ndawo yokuba ziwenzele inceba kakùlu inkosi zawabeka nobukósi, zawanika imihlaba nenkomo; into ke leyo ebingenakwenziwa kumntu wonke engenkosi wonke nje. Ewe kwintlanga zonke zihleli zikò izibòja ezingaswelekileyo nakuba-Mbó ngokwabo, zisapùla ummiso wakomkùlu. Asiyonyaniso ipèleleyo ke' ukuti u-Mbó xa atètàyo " Satshiswa ngemililo, sasezwa imitinto kwa-Xòsa." Woqonda nawe esahlukweni sesine esilandela esi sisipètèyo. Le ndawo isand' ukuxàswa yintetò yeciko, ingqondi nomntwana wenkosi umfo ka-Mama atè u-Rev. Boyce wayibàla *e-Zwini* kwelomhla ka-April 1901. Wenje nje ke umfundisi lowo :—" Xola mhleli wezwi, ndicela isitùba epèpèni lakò. Ndifumene intetò yentlanganiso yase-Gcuwa kupèpà lase-Kapa *i-Churchman* lo mhla ka-21st February elitl, ' Unkosi Feltiman Bikitsha kwintetò eyayibèkisa ekukùzeni umpà-

nga wenkosazana nokuziyaleza kwabo kukumkani omtsha otwéswe eso sitsába. Eliti ipépá uté ukutétá kwaké (Mr. Blkitsha) ' bebengamakóboka kuma-Xósa.' Ndiya yipikisa lo ntetó. Asiyiyo inyaniso. Ezinye izinto andiyi kuzitétá ezatétwá lo mini. Ndifuna ukubuza kumzalwana u-Feltiman Bikitsha ukuba wayekó ngokwaké na ekupátwéni kwama-Mfengu ngobukóboka ngu-Hintsa nokuba uva ngabanye abantu? Nditsho kuba igama lobukóboka alaziwa ema-Xóseni. Be kusitiwa ngabantu abacitákeleyo bafike bakónziswe, abanye babengabasengi; anqonywe inkomo yokusengela abantwana baké, abeneselwa endlwini yaké. Indoda idle kwamanye amadoda, umfazi aye kudla kwabanye abafazi, abanye baye kuhlala ematánga nenkomo. Abanye banqonywe inkomo ezingumgqeku nje ngesiko lama-Xósa. Zakuzala inkomo adle amasi; ade naye acóle ezaké esondliwa zezi nkomo. Bubukóboka na obo? Ndisatshayelela ndiza kutétá ezona ngongoma zokutsolisa ukutétá. Siva ezimbálini ukuba amakóboka ebeya kutinjwa ezweni lawo. Ama-Mfengu afika ecitwé zezinye intlanga ema-Xóseni. Afika amkelwa enziwa abakónzi nje ngokuba se nditshilo ngapámbili. Le ntetó iya konakalisa intlalo yabantwana benu kwabetú singasekó tina. Ndinosizi ukuti abaseko abantu abadala basema-Mfengwini abebeya kuyicáza inkonzo yabo ema-Xóseni ngesi sizatú sobukóboka. Indawo le mna ndeva ngamadoda amadala eli bali lasema-Mfengwini. Unkosi u-Maxwanyana Njokweni waxela impató entle ema-Xóseni kwa-Hintsa. Onyana baké abakó na ukuba banganixeleli ibali likayise ema-Xóseni? Unkosi u-Matomela Lutshaba watétá kwa la mazwi ka-Njokweni. Unkosi u-Mpahla Lusiba onyana baké abakó na banganixeleli ibali likayise ema-Xóseni. Unkosi u-Pámla umpákati ka-Matomela onyana baké abakó na banganixeleli impató kayise ema-Xóseni. U-Godolozi Msizikazi onyana baké abakó na banganixeleli impató yabo ema-Xóseni. Ukó u-James Zuma wasema-Xesibeni e-Gqwaŕa anganixelela ibali likayise ema-Xóseni endababona ngawam amehlo. U-Mdlungu elinye lamapákati ka-Kama umzukulwana waké unyana ka-Mpukwana nanko ngase-Bólotwá uvile ngoyise omkúlu nangoyise; buzani kuye anixelele impató yoyise ema-Xóseni. Indawo lisiko labantu abacitákeleyo bati kanti abaya

baye kukônza kubantu abakôhlakeleyo babapâtê kakubi. Umtétô wakomkûlu kukuti ma bagcinwe abacitâkali nje ngoko kunjalo. Namhla nje kulo mbuso sipântsi kwawo u-Rulumente wesama-Ngesini usenze ukuba sipâtwê ngokufanayo o-Mhlopê no-Ntsundu. Ukanti kubantu aba-Mhlopê inxenye kukô ikêtê ko-Mhlopê no-Ntsundu, nenxenye yaba-Mhlopê izicaka zipâtwâ kakubi. Kwinxenye yemantyi ukuba kukô ityala elipâkati ko-Mhlopê no-Ntsundu uya kugwetywa o-Ntsundu. Ukwenje nje ndifuna ukwenza mhlopê le nto kutiwa ama-Mfengu enziwa amakôboka ema-Xôseni. Uya bona ke kwa-Rulumente apâ akukô kêtê. Kuti ukuba umntu o-Ntsundu ugwetyiwe zimantyi zeli lizwe abênele e-Kapa kumatyala amakûlu, ukuba usenyaniswent agwetyelwe. Kanti ukuba akayanga e-Kapa uya kuti ema-Ngesini apâ kukô ikêtê. Be kunjalo kanye kula ma-Mfengu ebepêtwê kakubi ezinkonzweni zawo akayanga komkûlu. Abebeye kumangala ngempatô embi, osenyanisweni ebegwetyelwa. Anditsho ukuti bebengekô abantu abapâtâ kakubi. Ndiya yazi le nto yokuba abantu abakôhlakeleyo nakule yetû imihla babapâtâ kakubi abacitâkali yaye lo nto isenziwa ngabantu abakôhlakeleyo, ingemtêtô wobuzwe. Abantu bafike bangena kule nto, naba-Mhlopê abafike bexelelwa le nto yobukôboka baya kôlwa. Asiyiyo nyaniso. U-Njokweni inkosi yama-Zizi eyafika neqelana labantu kwa-Hintsa bamxelela abantu bakê ukuba yinkosi yabo. Wabekwa nje ngenkosi, wayexelelwa indaba zomhlaba zinkosi ezindala zasema-Xôseni u-Njokweni. Ezinye inkosi zama-Mfengu zivele mva. Ukuvakala u-Njokweni ema-Xôseni wayecingelwa ukuba yeyona nkosi inkulu inje ngo-Hintsa ema-Xôseni. Lo nto ke ibonisa ukuba be kungekô bukôboka. Ma ilungiswe le nto yenzelwe incwadi eshicilelweyo ebalini lama-Mfengu kuma-Xôsa. Owenu otôbekileyo, Boyce Mama."

Ndimbulela ngokukodwa lo mnumzana nomfundisi wasema-Gqunukwêbeni ngokulupâlaza emapêpêni uluvo lwakê kuba loyenza ibe nomdla okunye le ncwadi yetû. Utê kanti naye uya kusuka atêlele kweletû ekubaliseni esiti, "Aba-Mbô aba abenziwanga amakôboka." Qonda ke wena ulesayo sikubalisele mhlopê ngencitâkalo yaba-Mbô ngokwamkelwa kwabo ngu-Kumkani u-Hintsa ngembêko nobubele obuwufaneleyo owona

unzulu umbulelo kuti, ngokusuka abacitâkali bamiselwe ebukósini (bangaginywa) bubo ngokutiywa kobuhlwempu ema-Xóseni; ngomvubo nomlilo, ngegxoji, ngentamo nje ngenyama yamahlwempu. Nawe ke ngoku ufanele ukubona ukuba enyanisweni yayingebubo ubukôboka nakutshiswa ngemililo nje kodwa ngokutsho kwabatshoyo ngobuvuna-hlaza babo esingenakubuti ni, koko yayinto yimbi, ilisiko lengqeqesho etile kuma-Xósa onke angamahlwempu elo xesha ngokungenakêtê. Namhla nje lo mvubo asisentw' ibonwayo, negxoji, yapêla se kupûngwa ikofu yasem-Lungwini enuk' imula mfondini negama lobuxwltâ-ntamo se lisele limi lodwa entetwêni yomlomo obalisela usapô lwetû, kuba nawo engasenakufana nalawa asemanyangeni ngokutshintsheka kwezinto. Neli gama lobu-Mfengu nge layekwayo lalahlwa ngamawetû emva kokungeniswa kwawo ebukôsini, ebupâkatini, nasekubeni zima-mhlaba ngumfi u-Hintsa ohloneleke kunene ngentliziyo ebanzi. Siti mhlopê ngelayekwayo kwabuyelwa kwigama labo lobuzwe eliyinyaniso lobu-Mbô, kuba lulahlekiso abantu ukuhlala kwigama lencitâkalo bengasacitâkele kuba se bengeniswe ekâya. Ekwa kufanelekile nokuba aba-Mbô aba kweli lase-Zantsi babe ngama-Gcaleka kude kube ngunapâkade. Wobona ke nawe mlesi ukuba lo mbuso wabe umiswe ngenkomo ekufunweni nasekwandisweni kwazo; kungatândwa bafo bangamanqenera, bangazifuniyo inkomo ezi. Zaye be zifunyanwa nazimbôngi ezi embusweni pâya.

*Ukubonga.*

Ukubonga oku yinto ebevele nayo umntu, kuba ebebonakala oyimbôngi eseyinkwenkwana, kuba woqal' esengako ngokuman' ukubonga ade aqûbele pâmbili koku akûlayo. Woqala ngokumana ebongana namanye amakwênkwe, kanti ke woda aye kuwabonga namhla sel' ingamadoda, ibe yindoda eyimbôngi. Ubonga xa kuhleliweyo, etshayelela mhla lifayo. Woqeshelw' ukubonga abakwêtâ likomkûlu ahlawulwe mhla lipûmayo isutû (iqanduscle ke intyewu ngolu suku uve nawe dad' etû). Ibetê kuhlatûzele inwele. Eye-Sizwe nje ngo-Mr. S. R. Mqayi lo wase-Ntabozuko Berlin ibibonga komkûlu ifumane inkomo, ize ibongele inkosi yayo nasezimfazweni. Imbôngi yinto apâ

ebisel' ibonga mhla ifuna into kwa-gamakúlu apá, iyinikwe okunene. Umve ke umnene xa sel' ebuyekeza ngokubulela enkosini kaloku. Atsho kungene unyanya kulilwe kweli komkúlu yinto yonke. Abe sel' esiti umhlekazi, " Aniyinqandi na la nto isibulalayo, yakwenje nje." Ibingento ukutândwa imbôngi likomkúlu nasisizwe. Ukwenje nje oku imbóngi libusa nelona gosa neqâwe emfazweni. Ibifunda ngokuhambâhambâ ipúla-púla ezinye xa zibongayo kwizisusa ezitile, kanti ke iya tâtisela. Uya kotúka seyibonga ngazo zonke ezo zibongo ngomso. Kuba ama-Xósa nje ngaba-Ntsundu bonke ibingengabo nabantu ukukwazi ukugcina into ngentloko, osuka umangaliswe ngaba bantu bati ubucópó bom-Afrika buncinane kobezinye intlanga ngokukodwa ezase-Yuropu. Asivumi konke tina ngecala lobucópó. Siti ama-Afrika angadlulwa ngendlela zimbi ukuba angadlulwa. Namhla akusekó mbóngi, kuba zitshone kunye nokutshona kobukumkani buka-Xósa.

*Umzi o-Ntsundu. Abantu abebegcinene kakúlu.*

Hayi esi simo sizuke ngokukodwa ! Umfo o-Ntsundu ubepile ngendlela eyahlukileyo, neyeyakė yedwa ezizweni. Ngabantu abebeyifunde nzulu egazini into yokuncedana imihla ngemihla. Bebebolekana, bencedana, bepâtá kunqomana, besondlana, befukulana, abazityebi befukula amahlwempu, abanezinto betwâla abasweleyo. Be kulinyelwana ngesisa, kupiwane amasi, inyama, nezinto ngezinto endingezigqibi ndizibala ngazinye, ngesisa. Ingento yaziwayo ngabo ekuhlaleni ingqondo yokutėngisa nokutėngiselana omnye nomnye kwa neyokuqeshisa nokuqeshiselana ibingekó, nje ngoko umfo o-Mhlopė angenise imfundiso enjalo eluhlangeni esilulo. Kulo mihla abantu bebexėlelana, bepâna inkomo le iti-mo. Esi sisa eluhlangeni umntu ubeduma ngaso. Olu dumo luhle be lufana nentlawulo yobunene nobona buntu emntwini. Abasweleyo nabapântsi kwa nabakėdamileyo ma bakângelelwe zintsika zomhlaba. Lo moya mtsha wentengiso kucacile ukuba ungeniswe ngabe-Lungu, uhlanga lokuvimbâ nokuvimbâna. Tina kumanyange be kulisiko ukwabelana kwakuxėlwa, kuba um-Afrika asilohlanga lokutya wedwa abanye bebonela. Emzini be kutyiwa ndaweni nye ziqokelelwe apâ zonke izitya zezipėko

emadodeni abanini-mzi kwandul' ukukútshwa ezabafazi ziye kula ndlu baqukene kuyo beza kutyela kuyo nosapó. Into ebitsho kuhluté yonke into namakwénkwe, nezinja, yonke into esekáya apá. Baququzele banganqamki ndawo ukutúlula amasi emaselweni abasengi bebinqele pézulu. Se sitshilo ukuti ukuténgiselana nokuqeshiselana oku yabe ingento ikóyo. Xa kuxéliweyo abomzi wommelwane ma babizwe kuze kutyiwa inyama kunye yakuvutwá le mihla. Nokubana yeyempahla okanye inyamakazi ityiwa ngomanyano lonke ixesha ide ipéle. Be kuncedwana ngesisa kakúlu kulo maxesha ekusimanga esikúlu ukuba njalo kwamaxesha esitétá ngokuti ngawasebumnyameni apúmelele kumtétó omkúlu wotándo oti " Tánda ummelwane wakó nga ngoko uzitánda ngakó, wenze kuye nje ngoko unga kungenziwa kuwe." Kube ingamaxesha ekufuneka siwalahle, sitáté amatsha. Tina ma-Afrika singumzi wobuhlobo nobuzalwana obunzulu ngokudalwa. Be kuqélekile lo mihla ukuti umnumzana atúme umfana wakowabo esisa iqula nokuba lilungu ukuba asilocuba lokutshaya kwelinye inene elingumlingane waké. Isiwa itiwe-hlo entongeni nokuba kuselutini ifolokwe nencula zalo maxesha (kuba akukó nto intsha wena) ukubonisa iziteketiso zokutándana. Kulusizi ukuti namhla kupélile ukupána nokugcinana ngesisa, kungena isiko lasemzini lokuténgiselana nokuvimbána nokuqeshiselana nokuti ni. Namhla wofika umfo nomkaké bepúnga bodwa lo kofu yeqáyiya, besitya izonka nenyama nanto ni endlin' abo páya ngati kutyiwa ububuru; babe beqáwuka abanye abantu yindlala kwezabo izindlu. Nanko umfo sel' emana ukupúma yakukónkotá inja ekángela pándle enukisela abanye ngotúnga lwekofu eroqwayo kwaké nenyama eyosiweyo engenantloni ngoyise-kúlu. Kuba eza kungena endlwini apá atye yedwa. Kutshabalele isiko elihle nelizuke kunene lomzi o-Ntsundu ongekukó nokuba wawugcinene kwabetá nentshaba zanqatyelwa kukuwucitá ngendlala nepángo nje ngoko kunjalo ngale mihla kabambézaké nenqubela. Abantu se beténgisa ngabanye ukuze apile aqeshwe. Namhla umntu lo sel' epila kukuténgisa nokuqeshwa, okanye aqeshise ngesiqu saké. Abanye nampo ezidolopíni zaba-Mhlopé kumiwe kona, yimizi inamanewába nento yonke. Kuhlalwa ezilokishini ezidyalitini zabe-Lungu nje ngamabóyi namageli kusitiwa,

" Size kucel' isonka kube-Lungu kuba kunzima ngapàndle ema-Xòseni nakwa-Gcaleka mntana ndini. Sidiniwe kukunqunqutàna namazimbà nenkozo zombòna ngokwentaka, into eya kuti ukuze ude uve inyama, kanti ifile ngulo nope mntakabawo ubona nje; ukuba asingulo mdyuba wento ebutisileyo, kuba apèla onke amaxesha enyama, okwambèsa. Akusekò namakomkùlu apèliswa ngowapèlisileyo. Akusabuswa mntu apiwe nkomo ndawo nkosi, bani, hayi. Akusekò namakàzi anto, akusapiwana nkomo, asazi ukuba kuhle nto ni na. Akusekò maleqe, maqegu anto, hayi. Akusaxèlwa zinkomo zamadini namidudo yanto ni. Umntu sel' encamele ekutini ilungu lenyama sel' enokulizuza edolopini kwam-Lungu nasesilafeni okanye ejoyinini nasenkomponi. Hayi kòna ngapàndle ncama ulahle buti wam! Kungene nzulu ingqondo yobucaka bokucandela um-Lungu inkuni umkèlel' amanzi ngokwesiqalekiso kanye kwinzala yakowetù esiyiyo."

Sel' esiti nomntwana ombona esitishini kwaloliwe wakumtùma, ajike ngeliti, " Uya kundinika mali ni na? Likuye. Ubukòsi bohlanga bucitakele kunye nobuntu babo ngokungena kobu-Lungu nobucaka. Umntu sel' elilisela ngeliti, " Le nto ndiyitènge ngemali. Ndingayiti ni na ukuyinika umntu?" Ngalinye umntu o-Ntsundu ngoku ngomnye, ngomtsha. Usel' ekwazi ngoku ukudla abanye bejongile angakàtàli belambile izimfaqele ezi. Isimanga ke mlesi kukwenzeka kweli hlazo ngexesha lobu-Kristu kanye lokutàndana nokufelana kwa nelokànyo nencubeko. Umbuso omtsha wanamhla! Namhla sisembusweni omtsha ongowasemzini kuti, kuba ingowasem-Lungwini e-Britani. Kunamhla se kubuswa ngomhlala pàntsi wasemapèpèni kukàl' intsiba owofika lo mfo ebàla sel' ede waqudalala. Sabonwa pèzulu mhla sanikwa u-Ntsikana umfo ka-Gaba umprofeti wetù. Kuba intetò zale nzwana nencani zohlala zihleli, ekubeni kananjalo zashoba eyona nto ngobunto bayo. Kuba kanti lo mfo wayesandulela lo mbuso singuwo namhla: àbafundisi, abavangeli nabashumayeli, ititshala, itoliki, onobàla, amagqwetà, abatèteli ematyaleni, ojela, amapolisa, abahleli-mapèpà, abacwèli, abakàndi-nqwelo, abalimi, amafama, ihotele namakàya aba-Ntsundu, incibi zebèkile, ababopi-zincwadi, abambi-fawuti, nedayimani, abenzi zihlangu, amakitshini,

namabóyi ezitali zabe-Lungu andingebafezi ngokubabala. Singamabusa ke namhla ngale ndlela. Sipêtwê yimfundo nengqeqesho yasema-Ngesini. Lo mfo ka-Gaba ufanelwe yincwadi yobomi bakê nesiprofitesho sakê esinexabiso nemfundiso ezinkulu kunene kwaba-Bantu se bengulo Xósa-Mlungu wanamhla. Nditêta mna ebalwe ngesi-Xósa. Asimngenanga ke kule ncwadi yetû, kupêla kukumkânkanya nje. Alele pina amadoda azinkulelane angasibaliseli ?

*Umsengi.*

Kuma-Xósa umsebenzi womsengi ubungomkûlu nozuke kunene endaleni. Umfo ubebonwa ngokupûmelela ekusengeni esengela inkosi engubani nenene elingu-bani. Wodlula ekusengeni komkûlu, ekutâtêni amalahle aqûmise inqawa atêze abase, oje isikwêbu sombóna esenzela umhlekazi nesipâkati. Ubone sel' eselugageni ebupâkatini pâya emva kokusenga ; kuba sel' eqondiwe ekâya apâ nakweli komkûlu. Olu didi lwabantu be luzuzana nokuhlonelwa okukûlu nokuhleliyo kulo makâya nentsapó bakónze kuwo ngokusenga oku besengela oyise kusondliwa bona ebusaneni, ebuntwaneni kude kuse ebuntwini. Be kuqêlekile umsengi ukunqonywa, okanye apiwe inkomo akufika ehambêle ekâya apâ ngokuza kuzibika nokubana akasahlali apâ. Wohlonelwa nangonyana bomntu anqonywe, alizwe nje ngomsengi kayise ongasekóyo emhlabeni kude kube sesi sizukulwana. Umsengi lo ubengumntu odume kunene kuba ubekângelwe ngokucoceka nokusulungeka okukodwa ngesimilo sokutêmbêka, kuba naku wasengela obawo, sakó, sakuzalwa nati bantwana babo. Nenkomo zanda zangaka akazitâkatâ azibulale, kuba engenabuti. Ubengumntu ke ngoko onqiniweyo ukuba ulilunga, umsulwa ngokwenkolelo yamanyange lawo yasebupâkatini. Lo maxesha ke mlesi, le nto ubisi, amasi, igxoji yobisi, ibikokóna kutya kupâmbili. Nenja lê ifuyiwe nje ibisondliwa ngalo. Uba ibikukutya na ukulungisa igazi ! Zibe nenkomo ezi be zisasengwa zisehlisa kuba zitya umhlaba omkûlu wedlelo, azinqandanqandwa ukuba zigunuzane nolu qayi lwalo mmangwana usentla komzi apâ, kuba ukutshonela oku se zijikwa lucingo lomfama. Kwelo xesha inkomo ebe zigcinwa kufutshane ibizezi zisengwayo, kuba zomana zibuya zizakusengwa zona ngamaxesha okusenga.

Ezomileyo zona nanzo ezindle pâya, zisisulu nakulo maramncwa asendle nawo omana ezenzela ngokutânda kwawo. Kanti ziya kwanda kunjalo wena inkomo ezi. Be ziba ninzi inkomo emzini nakomkûlu nga ngokuba umsengi lo angabi mnye, babe liqela beza kusenga pitsi. Abetê amasi apâlazwe kuhlutê nenja nomhambi akôhlane nawo. Imofu nolindipasi noskoso bazigqibile ukuzibûblsa inkomo elizweni kwa kunye nale minyaka yenqini nembalela ezinkulu. Singasayitêtl eyokupângwa komhlaba zifama zaba-Mhlopê, ancipê ke amadlelo okwandisa inkomo. Kunzima kule minyaka umntu ongenafama ukuba nenkomo asenge. Se kupêle nabasengi abazizigxina se kulibali nje lodwa. Elowo sel' ezisengela lo nkonyana kambê yekofu, ancedwe nangabantwana bakê kulo nkonyana ibelana litê kôtso empâkatwêni, lada layingwatyu le yona. Kuba kaloku inkomo ilambâ ingekê ingqule, yehlise, ncama! Omnye sel' ecitshizelwa ngulo mntu amqeshileyo kanye ngoku kwasem-Lungwini kwenkosi nesicaka.

*Umsengi nesiko lakê lokuncâmla.*

Umfo ongumsengi nonebali lokuba ngumsengi wenkosi nesikûlu esingubani, ube sewongeni elikûlu kumzi o-Ntsundu wonke upêla, ngokukodwa kuma-Xôsa. Umsengi ngewonga lakê alizuze ngenkonzo yakê yobusengi ubesukuzana kupêla nembôngi yenkosi kwa-Xôsa. Ma kê sicacise senje nje ukukânyisela isizukulwana esingu-Xôsa omtsha wale mihla esingawaziyo amabali amadala akowaso. Umsengi wasesi-Xôseni yena akusoze umfumane nelanga elinye ngomnwe enokusenga ngezandla ezingahlanjwanga (ngesitêtê ke) nokuhlanjwa zihlanjwa ngendlela etile nguye ngokwakê xa aza kusenga. Ngapândle kokuba kwa itûnga eli lakê asenga ngalo, nokuba lelemizi, okanye luhlobo luni na libekwa ligcinwe nguye yedwa ngokwakê endaweni yakê etile ayinyulileyo ekâya apâ eseyisaziwa iqondwa nayinkwenkwe le ibetêlelayo ngokumncwasa imipêhlulu nezapôlo. Alinakupâtwâ lisetyenziswe mntu wumbi itûnga nentambo yakê yokusenga (ukuze nje kuvele eli qâlo lokuti, " Ngumtya netûnga). Xa kulapâ ma kê siyipâwule mlesi kwa indlela umsengi lo ahlambâ ngayo izandla zakê enje njalo maxesha onke ekuzeni kusenga kwakê. Into yokuqala ingubo yakê yokwambâtâ uya

kuyihluba ayibeke kude pâya nokuba uyixôme emaxântini okanye emahlahleni pâya ebuhlanti benkomo (ngesitêtê ke) ukuba akayishiyanga kwa sendlwini. Kwanele akaze, kuba ugqishele waye engumsengi. Uya kupûma endlwini namanzi ewagalele etûngeni apâ, nanko eya nawo ebuhlanti ngeli tûnga, nto yimbl ayipêtêyo lolu luntya lokusenga. Akufika ebuhlanti la manzi uya kuwabizela ngokuwati funxu kuye emlonyeni apâ (umsengi yena oqeqeshekileyo) amane ewakwitsela kuye ezandleni apâ ukuzihlamba (ukuqinisekisa ukuba yena netunga lake eli abapati buti) aqale ke ukungati uya zomisa nokuzijingisa nokuzivutulula emoyeni apa, enze kunikelwe itole, yehlise, angene asenge kaloku. Akukov' ukusenga ma kaye kutâ eselweni okanye emvabeni kwa oko ngokwake, emana ukuhlukuhla akugqiba ukuwadibanisa amasi nomncono. Ukutûlula ikwa nguye; kuba akuko mntu wumbi unokupâtâ amaselwa asekâya apâ ngapandle komsengi. Waye onke amaxesha akutulula ma kawancamle zonke izitya zawo ukuqinisekisa ubusulwa. Ibe kwa la ndlela ahlamba ngayo izandla zakê ingqinisisa ukusulungeka kwakê ngasekutâkatêni. Kuba amanzi anobuti engenakuwasela emlonyeni wakê konke. Akuwancamla ke koqala kubalasele uzuko lwakê nje ngomsengi. Encamla amasi nje akusekô kutya kumbi angekuncamliyo ekaya apâ. Sel' eyinjoli nasenyameni, etywaleni, nasentweni ni na. Kunjalo nje uya kusenga ade asengele nesizukulwana. Umsengi ke ngoko, ma kuhlale kusazeka ngumkonzi onesihomo komkûlu pâya. Libusa pakati kwamanye esizweni sakê, ngoko ngongenakutândatyuzwa ukupiwa inkomo, nokuba yinto ni na asukuba eyililela. Ingumsengi nembôngi be kusukuzana, kodwa hayi ngokwendela komsengi kweli xânti. Kuba imbôngi yona noko yinto ebivela bumini, ibalasele bukali ngelo xesha layo imke nalo maxoba obumbôngi bayo, kudambe. Umsengi yena ubenobunkonde obunzulu ebantwini alunge kubo.

*Imitshotsho yolutsha nemi-Gqibelo.*

Kusamiwe kumanyange be kungeko zingqungqutela zalutsha. Le mi-Gqibelo nala masiko-siko sinawo namhla yebe zingento zibe zikô. Yaye nembangi buko bazo ibubumnyama ebantwini ngokwabo. Yimfundiso ebulalayo neputisa idodobalise kwisihlabane sala maxesha. Kuba ibulala umzimba ide iye kupatelela

enqwini empefumıweni. Zintlangano zangokuhlwa nasemini owomeman' umtinjana nomlisela, kuvunywe kusiswe. Ze ke isiqâmo kuvele inkatâzo namanyumnyezi; kuqale kupitizeliswe intlalo yesizwe sipêla. Konakaliswa indlalo zasendaleni ebe zimsulwa zona, kuba oko be kusahlonelwene. Umntu eligcine kunene igama lakowabo kwintlondi-ntlondi ezingamanyala. Olu manyano lomnqamlezo neqela letemba nge luba luzama ukulwela isimilo solutsha lwasemanyangeni. Kulutsha lwale mihla kongenwa komona, kumakwele, kwincuku, nemfazwe zemfekceto ezininzi nezingendawo. Koko zisuke zatiywa amagama amnandana xa bati yimivumo, zipati, zitimiti, kuhamba nomnye; amaganyana amahlana, pofu kungekuko nokuba aqume inkitâ yamaboli. Eletû siti " Hali twize, utshone ukutshona lo mzi ungenasihlabane? Namadoda ati kufuneka kubâlwe incwadi yokuzigcina kolutsha ngeleba anyanisile. Koko le ncwadi yona iti, " Akukó nto yoze isincede isihlangule esi sizukulwana sale mihla ngapândle kogqobóko olunyanisekileyo, lusekelwe yimfundo enzulu nepâkamileyo kwa semntwaneni ngokwakê. Le ngqeqesho ke kuye apâ ibe ixâsana neyakowabo nakokwabo. Kuyekwe into entle kunene nje ukubonwa kwentombi, nokuhlolelwa ukuba zende, yayekwa ingalatwânga nabupêne ngapândle kokuba eli lixesha legesi, Sitâtêla!"

*Amacongwane.*

Eli lisiko lasemanyangeni kwa-Xósa nakwa-Ntsundu wonke nje ngakwa-Juda elingaba mhlawumbi lalitatelwa kwa-Juda. Kuba sakupânda ezimbâlini sifumana ama-Juda engalidli icongwane (inyama esisihlunu sotêtê lomlenze). Ukuba oku kuya qinisekiswa, asingebi na yinene singabazalwana nabamelwane nama-Juda. Amadoda asema-Xóseni aya fana nawakwa-Juda ngokungalidli icongwane nongcengcengce. Ngati inkolelo isekubeni le nyama inokuwenza butâtâka afuneke msinyane amadoda emfazweni, yiyo le nto amakwênkwe ayipûmayo akwaluka angeniswe ebudodeni. Yinyama yamakwênkwe. Ati xa ayityayo atânde ukuziqeqesha ngokubetâna ngentonga ngokudlala. Ebehlanganisana ngokuhlwa awatye. Kumanyange ebekôlisa ngokosiwa (ukuwafundisa ngamaxesha emfazwe ukosa emlilweni wamalahle kutyiwe msinyane kuba kusempini). Kukô

kududwe pâmbi kokuba atyiwe endaleni, kungasuke kubêtwane nje nganamhla. Ekovakala se kusitíwa, " Le nkomo ibihlaba ke bafo ndini." Kube kwakukûnyushwa kutíwa " Ma kê sihlabane nati ukuqala." Kubanini macongwane yabe ibubumnandi bomhlaba ke obu. Ngokwesiko asekô nanamhla, koko kupêle inkomo abepûma kuzo ngezi zisusa zininzi kunene zinenyama zonke kunjalo nje. Amacongwane asinto ikôyo kwa-Bâca nase-Ntla e-Mbô, amakwênkwe ngokuba ingabalusi, kuba abalusi ngokwesiko labo. Badla ipâpû noqôqôqô walo nempumlo, nodakada, nondonci. Ama-Mpondomise ke wona afana nqwa anma-Xôsa, aba-Mbô, naba-Tembû ngamacongwane. E-Lusutû amakwênkwe nje ngabalusi adla usendo nenjeke. Inkomo ezi be zingamelwe kupâ amakwênkwe amacongwane nenduma kodwa, zambêsa zibe ngamaxôba ngamaxesha atile emihlahlo nawemfazwe. Aye amacongwane akaqondeki ukuba ayesenziwa ngamaxesha obawo betû e-Mbô. Nanamhla nje kôna akenziwa, emayibe yinkonde yeli lasema-Xôseni nelasema-Mpondomiseni.

*Ukulima.*

Ukulima oku yabe iyenye yendlela zokupila. Ekudeni pôfu be kulinywa kancinane ngezandla kulima abafazi bodwa lo mazinjana obangenxôwa yebôkwe alingane izitûbi zamadoda kupêla. Be kulinywa ngezingxa zemiti nezomnonono ekutíwa ukubizwa kwazo " yimihlakulo." Ibazwa zincibi ibe macala mabini (ntlangoti mbini). Amadoda wona ebebiyela intango zamasimi nezitiya kwaza ukulima ngenkabi oku namakûba yaba yinto yesamva ko-Nongqawuse lo. Kuqalwe ngo-Soga e-Gwali sel' ide yanto yande kangaka nje. Kusemhlotsheni ukuba be kungekabi pi ukuba umhlaba lo ubusekô. Kuba inkoliso ka-Ntsundu wangoku ipila ngokulima oku. Ukususela kumaxesha asendaleni, lawa siwabaliselwa ngokuti kwakulinywa ngezingxa zemiti, ulimo asikukô nokuba luhambêle pâmbili kakûlu ngokungena kwenqubela yomzi o-Mhlopê uvela kwela-Pêshcya. Kwaqalela kwangena isiko lokulima ngenkomo ezibotshwa ezidyokweni ngambini, ngambini edyokweni enye ziqâgamshelane nge-*fortewu* yetyatânga ukwenza isipani. Kwalinywa ngamakûba amagqokomfela apâ anzima kunene ebe kusitíwa

ngo-75. Into ezine-*desilbom* yomti zisinda inkomo. Ngoku alahliwe lawo kwangenwa kwawentsimbi o-*Blue Bird* no-*Ransome* namanye njalo-njalo angenayo wona emhlabeni awapúle umhlaba unqunqeke, utâmbê ube yincófo. Utàtć okunye waku-*erwa* kuhlwayelwa nge-*Planter* zokurozisa nangesandla somntu, kuba naso sikwalungile. Olu limo ke lungene banzi kumzi o-Ntsundu e-Koloni ngokukodwa kwela-Pésheya kwe-Nciba lama-Búnga apântsi kweli likúlu lase-Mtátà. Isikolo sakwa-Tsolo nesase-Téko nase Flagstaff zolimo zipântsi kwe-Búnga elikúlu lase-Mtâtà. Wabe owona msebenzi wazo upâmbili kukufundisa ulimo ngendlela ezintsha zobucúle nobugcisa bokuwutyebisa umhlaba ngokuwugalela intlobo ntlobo zemigquba ezitengwa kubarwebi abasebetútúkile bona emcimbini wolimo oluqúbileyo. Injongo yolu limo kukuti kwi-akile yomhlatyana oqêle ukuvelisa nokuba zinxôwa ntlanu, kuzanywe ukuveliswa kwa kuyo ishumi lenxówa kude kuse kwishumi elinantlanu okanye amashumi amabini ingxowa ukuba kunokwenzeka. Kujongwe ekubeni isivuno, singaneleli ekubeni umntu atye emlonyeni apâ kupéla, koko abe nesivuno esininzi sokuténgiswa emarkeni. Ulimo luhambêla pâmbili kóna ngoku. Iya yekwa nala ndlela indala netshisa izitombó ngokulibazisa yokuhlakula ngemikóno yabantu. Kungena eyokuhlakulisa ngenkabi nganye nangambini okanye ngamahashe nodonki. Le ndlela intsha iyawasindisa kakúlu amasimi, kuba ukúla loyiswa be lusatâmbile lome; zisale zitêngezela zodwa izitómbó endaweni yazo. Ngoku se kungeniswa indlela ezintsha nasekuvuneni, asikwe umbóna lo esemagxwala, ze indiza ezomiswe zisenale ncindi yohlaza zilondolozelwe ukufida impahla ebusika. Ulimo lwale mihla lona lumi pezu kokuwugelesha umhlaba, uwubeté kancikane nge-*ere* usatâmbile ukuze uligcine kakuhle ivukazi lenyakama. Umlimi wangoku ugcinisisa umgaqo wokujikelezisa imbéwu, angapindi kwá la mbéwu ebehlwayele yona nyakenye, koko [illegible]ana etshintsha-tshintsha efuna ngokwenje nje oku ukuwucúmisa umhlaba wakê angawuminyi amandla ngokuhlwayela mbéwu-nye oku. Lunjalo ke wena mlesi ulimo lwale minyaka, lukângele pâmbili. Kungenelwe indlela ezintsha zolimo. Zaye izikolo ezikânkanyiweyo zolimo se zikúpê into eninzi yababonisi lulimo zikunye no-Rulumente ngokuqútywa nokwandiswa kwabo. Lo nto ke

ixela mhlopê ukuba kuya kugqitywa ngokunyâshela pântsi indlela ezindala zolimo, kuvelele ezintsha. Halala !

*Umsebenzi wezandla nomanyano.*

Kumaxesha akudala adlulileyo, abantu bebezibumbêla izitya nenkambâ kwa nembiza zodongwe nengobozi kwa namatûnga emizi nje ngoko nomboniso wemisebenzi yezandla e-Mtâtâ, e-Gcuwa, e-Bensonvale, e-Fort Hare, nakwezinye indawo ubonisileyo. Intlanga zase-Lusutû, ema-Hlubini nezinye zisawuqûba ngamandla lo msebenzi wala mashishini nangempumelelo enkulu ngokuzuza kwabantu amabâso kude kupâtêlele nakwimisebenzi yeziqâmo zemveliso yasemasimini nemfuyo. Izitêbe zencâ nenkuko, izigcobo nentluzo, nemitshayelo lishishini elikûlu e-Mbô nasema-Xôseni apâ. Eli sebe lifanelwe yiyo yonke inkutâzo nje ngoko kwakufudula kunjalo endaleni. Kuba kulo maxesha be zifuda zisenziwa nezitya namagxebeka emiti, nawempondo zebôkwe nezegusha kwa nezenkomo, kungekô mfuneko yokutênga ezo nto kwabanye abarwebi. Be kungumsebenzi ukwakâ izindlu namapêmpe, izibaya nentango zenkomo nezegusha, kude kuye kwezezicuba. Kule misebenzi ke tina kuya ncedwana bûkuqu ngezandla. Kuncedwana xa kufulelwayo, kuxônywe upâhla lwendlu, xa kubiywayo, kuhlakulwayo amalima de kube sekucêbeni, ekusikeni inqôlowa nokuba yihabile ukuba asiyoncâ njalo-njalo. Oko kukuti kusetyenzwa ngomanyano lokuncedisana emicimbini yokupila ngaba-Ntsundu. Ngamanye amazwi oko kukuti umzi o-Ntsundu lo uluhlanga lomanyano ngokudalwa. Kanti wobabona xa bakûnge umkûhlane wofayo. Ufike bencame amakâya nezilili zabo, se belala apâ kulo mntu, kubutiwe kubaliswa amavo, se kulalwa ndawo-nye ngaba bantu bokufelana. Abebengahambi nokusebenzela intlawulo nokubâtalwa oku ngomnye eligazi lakô nje, hayi. Bebetândana bevelana bona ngamaxesha okonwaba kude kuse kwawokufa nokufelana. Ofelweyo uya hlaliswa ngabanye bamlalise angabi sesitûkutêzini ngokuti nxwe yedwa. Kanti usaya [illegible] ngamehlo nawe imikôko eza kukûza ngompânga wowabo oswelekileyo. Kuba kumanyange be kuhambâ abantu (izijoli) zingekô ezi posi, ingcingo, ifoni, nezi leta zitûnyelwayo kule mihla. Iposi yabe inye, ingumntu

otûnyiweyo ukuya kubavelela ehambâ ngenyawo, ukuba akakwêle qegwini. Ngabantu abebelila balilisane bonke mhla kulilwayo. Ze babe kwanjalo umsuko ukuba shushu mhla ngezisusa zemigubô yaseluhlangeni. Olu ncedwano luninzi kangaka be luhambâ ngesisa poqo, esi sisa se sipûma esitêtêni. Incubeko yasem-Lungwini neli qôsha lemali yangoku ibajikile abantu yabenza ontwana zakê abasebetêmbêle ekutêngeni nasekuqesheni. Se ibucítile konke obona buntu bendalo obabusekwe pêzu kokutândana nokugcinana ngotândo oludala lobuhlanga. Ubunzulu botândo lwabantu nama-Afrika bufuzise abantu bokungati babenobu-Kristu okanye unqulo olutile olupâkamileyo, olungapêzulu nakubu-Kristu obu sibuziselwe buvela Pêsheya kolwandle. Ubu-Kristu beli xesha busenazo izahlukwano, ubuhlelo, ucalulo ngebala nobuzwe. Kanti ubuntu babantu abuzazi ezi zinto bona. Sitêtâ ngokwasendaleni.

*Ukwambêsa.*

Ukwambêsa yabe ikukuxela inkabi yenkomo nokuba yimazi kolihlwempu kusambâtiswa umfazi. Kuba kaloku oko, amakôsikazi la abesambâtâ ingubo zenkomo ingengawo la matakutakwana eqiyana zasem-Lungwini. Abafazi bohlanganisana baye kutêzela le nyama yale nkomo, abe ke wona amadoda sel' ehlabelana ukuba ide ize kuwiswa le ndandalala yenkabi eyode ingqulwe ke lo nto isandanda yegangasane. Kohlanganiswana konwatywe kulo mzi wambêsileyo. Yaye le nkomo inezabelo—intsonyama zombini namasu omabini, intsendo zombini, inqweme lamadoda, yintamo, ziqwanga, yimizi, neswili. Eyokosiwa, zinguba zombini. Eyabafazi lulusu, sixânti, neeandelo lesibindi namatûmbû. Ngengomso amadoda atya intloko nesifuba. Ngomso omnye asemanqineni ; ibe eyamakwênkwe ingamacongwane. Le nto ukwambêsa se ipântse ukupêla ngenxa yokunyunyeka inkomo zipêle kwaba-Ntsundu. Kongezelele nokungenela kwevenkile zasem-Lungwini, namabâyi nebâco yazo etâbatê imibâco yesikâka senkomo. Kudala inyama yenkomo le ibisosiwa ipêkwe, kodwa kube kô nokufukutâ, oko kukuti kukuyitya îwada. Eli siko lokuxêla inkomo ngokwambêsa be lingelodwa ngokuxêla oku, kuba ngomdudo ma kuxêlwe ngentonjane, ngokubonwa kwentombi itshata,

ngedini, ngondwendwe olubalulekileyo ma kuxėlwe nje ngoko ibixėlwa inkomo eyinkabi nokuba yeyesibunu indala ngokutlwa "itshiswa amatåmbó." Kodwa ukuxėla inkomo okuxikileyo be kuxa kwambėsiweyo kuba kusambåtiswa usapó zinkosi nabanumzana. Be kukwa lishishini ngokwalo ukwambėsa oku; kuba abasuki bebengenakuze bawuswele umsebenzi, ze bařunywe ngawo. Yaye iyimpilo entle nasegazini labantu ngokuhlala besitya inyama le mihla, yatåmbå imizimbå yabantu kuba baya ncinda bakånde imixononozo yomongo. Akumboni na ngoku um-Lungu umfo otya inyama, igazi lakė ukuba mnqengqelezi kwalo? Kanti namhla se kusambåtwå ingubo zasem-Lungwini, lo mayafele kambė mntu ndini, se siguquke santo yimbi isambåtó samanene namanenekazi ase-Bantwini. Se kukupėla kulandelwana nemincukanca yezihlangu, ojobela, inyilingo zase-Yuropu. Se kunxitywa ifishini zakóna ngabula bona. Zipėlisiwe ingubo zenkomo ngabanini-zo, basukele ezasemzini. Iminweba nezikåka nemigqwetó yenyamakazi yalahlwa. Um-Afrika ofundileyo yena akungeze umxele ngokumahlulo ngesinxibo ngokunjalo um-Afrikakazi.

*Ukufukutå.*

Ukufukutå kukudla inyama řwada—lisiko elibonakala mhlopė ukuba nalo be likwa kó endaleni påya kwa-Zulu, Båca, nakwa-Xósa. Siwufumana ngokucacileyo namhla umkóndo walo e-Mbó påya kuma-Ntlangwini nakuma-Båca endleleni eya e-Ntla. Kubonakala ukuba nama-Xósa la nezinye izizwe ezi-Ntsundu esezikwa ngu-Xósa ngoku ngentetó namaasiko aye eliyeka, kuba ibingabantu abangamahombå. Sitė qalulu tina se kufukutwå iswili, nolusu, nesindlwane esi kupėla, umqondiso wokuba le yintsalela yeli siko ngecala lasesi-Xóseni. E-Mbó, e-Ntlangwini nakuma-Båca kuxa lisemi ngenyawo namhla nje oku, inyama eyomeleza netyebisa kunene igazi lomntu.

*Inxaxėba.*

Ngesiko lakudala inkomo exėliweyo yomdudo inenxaxėba, kuba umlenze wasekunene, ongapėzulu nje ngokuba ngesiko ilaliswe ngekóhlo ebuhlanti inkomo xa ixėlwayo ulunge kwikomkúlu elikúlu elinje ngo-Rili kwa-Xósa, olibótwe njalo-njalo. Ube lo mlenze ungapåntsi wasekóhlo ubizwa ngegama lokuba

lidikazi ulunge kwicala lasekunene nje ngo-Sandile njalo-njalo kwa-Pálo. Nokuba sukuba ingumpákati wakwa-Rili okóyo emlwini wenkomo yomdudo ilunge kuye inxaxêba yekomkúlu, ekô no-Sandile lowo sizekelise ngaye ngesiqu. U-Sandile abe nedikazi elo yena kwa-Ngqika. Ukuze u-Sandile atye umlenze wenxaxêba ma kungabi kó ma-Gcalcka enkomeni noko amnye. Ngokunjalo namapákati amakomkúlu ahleli ezazi inxaxêba zawo mhla zingekóyo inkosi ngokwazo. Amapákati ke wona ahambá nenkosana zamacala akowawo xa kupêzu kwenxaxêba.

Uvalo lwenkomo esukuba ixéliwe nokuba ifile, yinyama esisabelo senkosi kwa nje ngenxaxêba leya yomlenze. Ngoko ke lutyiwa ngumkêtô wenkosi enkomeni páya ebuhlanti emadodeni lutyiwe ngokwetile-tile ingenyama nje kodwa. Amapákati amakúlu akóyo angalutya xa zingekóyo inkosi enkomeni, kodwa nakuwo ibe ngalawo azijolelayo inkosi ngobuncúncú bawo. Ekanti inkosi zona xa zikóyo enkomeni nakule yomzimbá inyama ziya piwa, kodwa ma zikêtêlwe indawo ezintle ngentlonelo.

Ezinyamakazini xa be kuzingelwa enqina nasepúlo, icala elingabulalanga linelungelo lokubiza inxaxêba kwela cala libulelcyo kusikwe umlenze ubemnye bawunikwe, kube kwanele. Ufele lwengwe, izinyo, okanye upóndo lwendlovu, uvalo lwempofu (ulwanga) nolwenyati kwa nofele lwempofu zinxaxêba zakomkúlu ezo ngesiko. Umntu akuzisa unikwa inkomo komkúlu ukuhlawulwa ngenkonzo yakê yembêko ngasebukósini bobuzwe. Nje ngokuba ngeli xesha letú (1936) umntu ehlawulwa nokuba na yiponti, okanye ishumi elinesihlanu lesheleni kwamantyi (u-Rulumente wetú) ngokusa kóna ufele lukadyakalashe ambuleleyo. Ma kucace kumlesi ukuba eyona nkomo yeyomdudo. Inambá nayo ipántsi kokuba yinxaxêba yakomkúlu, wabe oyibulelcyo engenakungayisi komkúlu, apó sifuneka kóna ngokukodwa isikúmbá sayo kwa nomqolo nje ngemfihlo zekomkúlu, umntu engenakungafunywa likomkúlu ngokufanelekileyo. Kukô nesitena somqamelo inambá ebiqamela ngawo okuya ibingekabulawa, solandwa sipútúnywe nakude esandeni esi silili sayo sifunelwa ukuba inkosi ize kuhlambá ngaso esihlambézweni sayo ukwenza amandla nesitózela kumhlekazi.

Isiko lenxaxêba elikuzuka kukodwa kuma-Afrika okubekana, nokutándana, nokuhlonelana okupámbili kwa semvelini alifu-

maneki eyona mbângeli nokutyafa nokutshitsha kwalo, pôfu kwa ukulahleka kumke umhlaba nobukôsi bawo nolawulo bulinxweleře kanzulu eli siko. Kwapêla inkosi elalixômekeke pêzu kwazo ikakûlu, zancipâ okanye zapêla inkomo zinqina nembûbô zokupêla komhlaba wamadlelo. Impofu, nenyati, indlovu, nezingwe kwa nenambâ, zonke izinto zipêle zatshona kunye nokumka komhlaba ka-Ntu ukuze kusale kusenxiweni nje. Akufumaneki ukuba neli-Zwi lika-Tixo be linokuligweba isiko lenxaxêba liti sisono. Kuba kaloku lona ngokwalo limi pêzu komtêtô wokuti, " Beka uyihlo nonyoko " oshwankatêla bonke ke abasemagunyeni obukûlu nje ngenkosi, amapâkati, izikûlu, nezinânâ ekuhlaleni ukuba bahlonelwe ngokunjalo. Pôfu ke kôna kucacile ngokupândle ukuba eli siko nje ngamanye amaninzi alahlekileyo atê akuwatêtâ ukuba asisono umfo o-Mhlopê ngokungazani anqinelane nawo kowabo ema-Ngesini asel' elahlwa bûkuqu kungahlelwanga, kucokiswe ; kanti ke obuya kwa wona abuyelwe ngasese. Se kunyetyelezwa kwakuqondwa ukuba kutê kanti akasono kangako noko wona ngokwase li-Zwini. Nto nje ngumfo o-Mhlopê ubengekazani nawo. Oko ke kukuti sikutyele tina, nenxaxêba le ingabe ivuke ime ngenyawo, kê zapinda zakô inkosi zaba-Ntsundu zafumanana nomhlaba nobuntu bazo ; kuba nezi nyamakazi zinkulu, impofu, indlovu, inyati, nenambâ namanye amařamncwa angapindelela aze kukônya agqume abubule kwa kuwo lo mhlaba ukê wabuyela. Ngokusemhlotsheni angapinda awazalise amahlati indada nengqaqa, imimango nentlambô, apâle kwa kwezo ntaba nenduli ; kubetê kuzale nemifula le ngokwayo zinyamazana zasendaleni. Zaye zonke be ziyinxaxêba yengubo zobukôsi, iminweba ebisambâtwâ ngabahlekazi.

*Ukuhlinza.*

Umsebenzi wokuhlinza inkomo ngokukodwa esukuba ixêliwe okanye ifile ubusenziwa ngamadodana nabafana kwa namakwênkwe ukubambâ kwa nokubambêla amadoda. Be kuhlinzwa ngemikônto endaleni, ekutê kumzuzu kwangena imela namabôso asem-Lungwini. Kwa nenyamakazi ibihlinzwa ngaba bantu baxeliwyo apâ. Inkomo le yinto ebihlinzwa emveni kokuxêlwa ibulawe ngokuhlatywa iqâwulwe umnqonqo ekôsi kulindelwe

ukuba iqàwuke, cwaka. Kungenwe ke kutyashwe kobulwe ngabafo. Boyobula bayigqibe, baqale ke bayisuse zonke inyama zayo zihambé ngokuhambá. Imilenze yomibini, nebele, intsendo zombini, imikáka, amacongwane, ongcengcengce nosiŕuza, imikóno yomibini, amasu, intsonyama, inguba, izixánti, isifuba, (incum, ugema). Uvalo yinyama yenkosi. Imihlubulo yomibini, amahleza (amanqc), umqolo neduntso (imáka), umsila netshoba, ipápû noqóqóqó walo, udakada, ulusu, isibindi nenyongo (ilahlwe ke yona emva kokucutyungwa maxa wambi), injeke, iswili, isindlwane, umhlehlo, undonci, imizi, amatûmbû, inyama yabafazi ngesiko, naxa umhlinzi ebayo atyûtúle kuyo azisikele, izintso, iziqwanga, imipûnga nomxêlo, intloko namanqina, nentungo zawo kwa nezihlunu zawo be zilolu hlobo ke wena inyama zenkomo zakutyakatyeka. Saye isihlabane sala maxesha emfundo siya kulungelwa kukuwanyamekela la magama enyama ngenyama kuba eya kukólisa ngokubanqabela, kuba bengasenamatûba okuwafundiswa ngokungahlali emakáya nangokunqaba kokudibana kwabo nenkomo ehlinzwayo, ihlinzwa isi-Xósa.. Kuba kungoku se kuxube ikakûlu ngokuhlinza ngokwasem-Lungwini nenkomo le sukuba ixêlelwa umtshato (inkomo esakólisa ngokuxêlwa kule mihla kuba kona ukwambésa se kuligama lodwa). Ukuxêla kwasem-Lungwini ke koku ubona uso-ntombi nokuba nguso-soka sel' esiza nesaŕa ukuba inkomo icandwe pákati encumini apá, konakaĺiswe kungakûtshwa sifuba (inyama yamadoda). Nemilenze le ikûtshwe izezomokoma kunye namacongwane engakûtshwanga ; ukuba amadoda namakwénkwe aya kuqonda nganto ni na ukuba namhla ngumtshato. Ufike nalo manqina engasenazo izihlunu zawo. Umntu esinguye upikele ukuwalahla onke amasiko ake engenatyala naku-Tixo nakubantu. Yeha !

Kwezi nyama zenkomo ke wena abahlinzi baya tyûtûla naxa kulunge oko bakwenze ngemigqaliselo nentelekelelo. Kungade kuliwe ke kwesi siganga ngamanye amaxesha kuba kuza kubangiswana esiti omnye, " Se iqashwe ndim lo ndawo." Ibe ngulo xipû-xipû. Izabelo zemizi yomelwane zotánda emikónweni, imihlubulo kude kunqunyulelwane ngobuninzi bemizi, kuzanyelwa ukuba kungabi kó usilelayo, hleze ube nesixiba. Ukuhlinza ngesiko nesiqêlo ngumsebenzi wamadoda onke ngokukululeki-

leyo, ngapândle kwenkosi nabantu abakûlu abazizikûlu nezidwangube abangenakulunga noko ukuba batshizwe ligazi ngokupâtâ ukutya ngokwabo kuhleliwe ngabantu.

Esi-Xôseni kukô inyama eluzungu etyiwa zinkosana zitê hlungu.

*Umswane.*

Umswane wenkomo ubuqushwa ngabahlinzi, usasazwe ugqibe ubuhlanti obu ungashiywa uyimfumbâ njalo, kusenzelwa ukuba zakuhlabana kuwo pâya inkomo zimana zigxwala, ziwotûka, kanti zoda zenzakalisane. Isifundo eluhlangeni esilulo sitâtyatêlwe ezinkomeni ngabantu abanesitêtê esiti, "Ukulilela omnye umntu ofileyo kukugxwala emswaneni." Nje ngokungati nenkomo ukugxwala oku sukuba zililela ukufa kwenye inkomo. Kula maxesha angoku, umswane usetyenziswa nanje ngomgquba emasimini.

*Igazi.*

Ububende, igazi lento esukuba ixêliwe, xa kulandwayo ngamanye amaxesha bebutyiwa, okanye busatyiwa nakule mihla ngabatândayo. Kuya kuti kula mafutâ esibindi mhlawumbi, kugalelwe inqweme leziqanga, neswili, isandlwane, nemizi, nezinye indawana zombilini ekokê kuqalwe ngokopûlela inqweme elimsulwa kusenzelwa abangalitândiyo igazi enyameni. Kuqalwe ke ngoku kugalelwe igazi lingamanzi, libûciwe kakuhle, lahluzwa amahlwili, asuswa onke. Lo mpêko wozanyiswa ubile ude uvutwê, uyondelane kakuhle ngobucûle pâmbi kokuba kopûlwe kupâkwe. Xa iyinkomo kuya kwazi ukunqwenywa intamo, nemizi, neswili, nesiqwenga somhlehlo sibe kwalapâ. Le nto ke iya kubetâ ngonyovu olu ukuyola-into ongavimbâ umntwan' akô esifa ngamehlo dad' etû ! Lo mpêko ke igama lityôtâma, into edika kunene umntu akuyityel' isisu. Ekubeni bekôv' ukulitya bodikwa babe zinqungu-nqungu namabendlebendle. 'Babetê yonke inyama le bangafuni nokuyijonga nangamehlo la. Ngamanye amaxesha bekucûcwâ isindlwane esi ngesilanda ligalelwe kuso igazi nanko siya kujingiswa emthini osemgaqweni wenyamazana ezinje ngodyakalashe, incûka, nezinye ezilolo hlobo lutyana nenyama yempahla. Uya kuti ke umduna, udyakalashe nokuba yincûka eze ebaleka ingqobe,

kuba ingeyiyo nento isantya, etsalwa livumbá legazi. Nanko etála-tálaza enqala-nqalasha pántsi kwalo mtí, epátá nokukángela pézulu, enqakulana nala matóntsi egazi, lisuke mome lona, lomele emehlweni apá, baya fika abatíyeli ukuza kondla umgibe wabo kusasa seyiyinkohla elona cala lokupúmputéla nokubalekela. Suka bayihlabanisele, kóhle ngomkónto balahl' enzaleni, itshoba lilal' umbeté. Iqale ityiwe inyama nayo, iyekane nokutya eyenye impahla. Pófu eledini lona igazi be lipálazwa lilahlwe ngengomso okanye linikwe izinja zilixápé.

*Ukutshisa amatámbo.*

Ngesiko lasendaleni be kuba kó inkomo ezindala zenzala-kanzala ekáya apá, inkomo ezilinqulo, ezingaxélwayo nje ngezinye ezi, kuba zisigcina-sifuba. Yoda izifele ngokubutísa kukwalupála, ikóhlwe nakukuvuka oku ebuhlanti páya ; emva kwexesha elide ibimana ukuncediswa ngokuvuswa ngamadoda namakwénkwe, ekoda kuncanywe ngoku komntu. Inqunyulwe yobulwe ngamadoda kusitíwa, "Namhla itshiswa amatámbó." Ibe litile-tile nesihomo esikúlu, ibaliswa inzala yayo nemvela-pl yayo. Kutábatéla kwinkomo zalo mgca ke ukutí izityebi ziyiyeke inkabi nokuba yimazi yakuba se ikúlile zingayikátázi ngokuyibopá edyokweni kusenzelwa ukuba ibe negazi—kusenzelwa ukuba beza kuyitshisa amatámbó. Eli gama lokutshisa amatámbó alitéti kutí inyama nesikúmbá senkomo be silahlwa kunqunqutwáne namatámbó odwa, koko yintetó yentlonelo, kuba ama-Xósa ngokukodwa luhlanga lwembéko nokuyihlonipá yonke into endala nenamava ezilimela eziqúbileyo. Ngenye indlela eli lizwi lalatá ukuba namhla le nkomo itétwáyo ifikiswe esipélweni sayo kwa kobu buhlanti yobulelwe kubo, ibilala kubo wonke lo gama. Kwalatwá ukuba nayo ide yalandela ezinye zokwambésa zamadini, zentonjane nemidudo, nezokuxélelwa indwendwe, namaŕoma, nanto ni ese ziyandulele zahambá kwa le ndlela. Kwalatwá ukuba se kukudala, kukaninzi kakúlu ngokungenakubalwa kutshiswa la matámbó ngamagqiŕa asekáya apá kwa nabanini-mzi kwa kulo mtónyama. Asinto ibikó endaleni isilaŕa yokuxélwa nokuténgiswa kwenyama yempahla emfutshane nezinkomo. Isilaŕa iza nalo mzi u-Mhlopé wa-Pésheya wokuténgisa kuŕwetywe ngento yonke. Nenyama

yehashe asinto ibityiwa zintlanga zika-Ntsundu. Ma kube zezakowetû e-Lusutû ebe zifika kulo ngale ndlela nje ngoko sakâ salama ngokwetû. Kuba bona be kusenzeka nokuba lihlinzwe kusenzelwa imigodlo (mekotla) inxôwa ezisukwe zatâmbâ ngesikûmbâ salo zokubeleka (ukutwâla inkinqa yamazimbâ nokutya okungumbôna njalo-njalo). Inxôwa ebinomsebenzi omhle kunene; ihlale izizukulwana isetyenziswa, ingonakali nje ngesikûmbûzo.

*Ukuhlonipâ.*

Yabe ilisiko labafazi balo mzi ukuba bawahlonele amadoda angoyise ngokungahambi ngentloko, aze onke amagama abantu abakûlu nanalo ntsobi bawacezele. Ngokunjalo umgquba nenkundla yalo mzi wasekâya apâ. Ebesiti ngokulibiza oku aliti qa umfazi afunyanwe ukuba ikowabo aliqeqesheli mbêkweni, uhlazeke namhla umzi wasemanantsini sisimilo esibi sentombi yawo. Abafazana ngokuhlonipâ oku, abahambi enkundleni yalo mzi, ma bajikeleze emva kwezindlu pâya. Abangeni ebuhlanti, isilili soyise nesoyise-kûlu abasihambi. Wofika xa asindayo esirolonqela esi silili, size kusindwa nokuba ngumntwana oyintombâzana sodwa. Le nto ke ibide yadala isi-Xôsa sokuhlonipâ esiyintetô yabafazi. Kuba kaloku behlonipâ nje bamana bedala amazwi amatsha abawafakelayo esi-Xôseni afike ke umntu ongumngeni aqondakale apâ; kuba engasayi kuyiqonda intetô yabafazi kweyoluntu lonke. Lo monakalo wenzeke wamkûlu ke esi-Xôseni, aye sel' emaninzi namazwi asel' eqêlekile ukusetyenziswa luluntu noko enyaniswani angawasekuhlonipêni. Nalo ke ityala kuni lutsha lufundileyo! Zibâleni nani incwadi zesi-Xôsa esimsulwa, ilondolozeke intetô yenu kumaxesha asezayo. Amadoda ebengenakuhlonipâ kodwa wona kwa nentombi zasekâya apâ, zide zibe zendile. Kusenzulu nanamhla ukuhlonipâ kwaba-Bomvu kwaye nasesikolweni kusenentshiyekela ezisafuze intlaka nexolo, naxa izinto zinge-Matwa-Mnta' ka-Ngqika pôfu. Bode buqûqêke bupêle noko kwizizukulwana ezizayo.

*Inzilo yabasetyini.*

Amankazana nentombi okanye bonke abantu basetyini tina baya zila ngesiko xa besemaxesheni abo enyanga ngokwesitêtê.

Xa kunjalo ke, isilili sendoda abasinyatêli, koko ḇaya siccezela. Zohambá nentsuku zide zibe liqela amasi bewayekile, bengawatyi. Ukungawatyi oku amasi kwabo yinkolelo yokugcina inzala yenkomo zasekáya apá, ukuze zande zingamane ukupûnza ngokuyilandeza oku inyanga. Bebede ke abafazi kwa nentombl ezendileyo abavumeleka ngokufanayo ukuba bayihambê inkundla, kuba iyindawo ehanjwa zinkomo, ngokungapćzulu umntu obesand' ukupûma isisu wafelwa lusana. Yilento uya kufika ecezela kude umfazi enkundleni, ade ahambê emva kwezindlu páya ukusuka kwenye esiya kuleya indlu ngokungenakupósisa. Inkundla le isilili sezi nkomo kwa nje ngcsilili sendoda endlwini páya. Zindawo ezingcwele ezo emfazini wasekáya apá.

*Ukubula.*

Eli siko lokubula liya fumaneka likô kwaba-Ntsundu, kuba ubesiti umfazi owenze isikizi lombulo lungavumi ukwanya usana akuluzala, luqale ke lube sisicénge sokufa lipango. Awoda anyanzelwe ngezicengo nangokubetwá ukuba abule alixele elo nyala lakê. Luqale ke usana kwa ngoko lulibambê ibele. Ngokunjalo, umkwêtá sakungavumi ukupóla isilonda esi ubede ancinwe ukuba axele inyala abetê kanti kuhleliwe nje unalo. Nokubana sisono sakê sokuŕexeza nesombulo, aqale ke ukuba apóle. Naxeshikweni intlambi ziweza abantu umlambó ugugu-ma kuzala nokuzalisa be zitánda ukuqinisekisa ubunyulu nobu-sulwa babantu ezibawezayo. Zifune ukuba babule izono zabo kuqala. Inkolelo isekubeni emva kokuxela izono umntu ubepila ahlambûluke asinde nasekukûkulisweni ngumlambô ozalele ukukûkulisa abazinqambi nabanamanyala ngezikûkula zawo. Le nto ke yokuxela izono ayifuzanga esika-Yohane um-Bápatizi e-Yoredane ? Eli siko alizalani nemfundiso ye-Testamente Entsha yokuxel' izono umntu ?

*Ukuncwátywa komfi.*

Ukuncwátywa komntu ema-Xósceni ngokukodwa ubesenziwa imfumbátá esaqáwuka, ambêlwe umnxûma ubesiseleŕa, ube nekûmbi ukuba asiwahodi. Wofakwa alunyukelwe ukuze ubuso bakê bukángele ngasekáya. Be kungaziwa nto ifana nale nkonzo

yokuncwàba yangoku. Laye idlaka eli kunye netàla liyinqambi into ekoyikwa kukûlu ngabantu kuba inamashwa okufa Ukuba ngumnini-mzi kombiwa ecaleni kwexànti lasekunene afakwe nedosha, inxôwa yakê yokutshaya, nokûko nezenjana, nomkônto kwa nezinye ke intwana-ntwana zakê. Qonda ke yinkolo yasema-Xôseni yovuko le lwabafileyo neyentlalo kwelizayo ipàkade. Apô wofika agawule abiyele inkomo zakê utàngo etshaya icuba lakê umnumzana kukuhle kusisisi nje ngesezolo. Uti ke wena amazenjana nenxôwa yebôkwe yimpahla yokwenza ni na nyaka wupi? Be kukôlelwe eminyanyeni namashologu, imimoya yabantu abadala balo mzi kusitiwa isijongile ilambile, iya cela. Icela ukuba kunuke mnandi ekàya apà." Intlalo yabo yelizayo kuya lanjwa kuyo asiyiyo yasemimoyeni cace, kuvukiwe kaloku ngokutsha. Kwakuba kukôv' ukuncwàtywa abantu bonke boya kuhlambà emlanjeni nentsana zipàtelwe amanzi, koko zohlanjelwa bucala emzini apà. Amasi ozilwa ngabantu abakûlu kusile ngengomso kuhlanganiswana ukuba kuxukuxwe. Oku kuxukuxwa ke kutûlulwa amasana, kumana kupûzwa amatàmo engaginywa ekwitswa. Imvaba zomnini-mzi zoqwengelwa izinja kuba ziyinqambi namhla. Ayaliwa ngokutsha amaselwa nemvaba kutûngwe ezintsha kufunwa ukuqalwa ngamasi amatsha. Ngokuhlwa ma zitshiswe nqu izindlu nobuhlanti bucitwê kwakiwe bumbi "intondo" ngegama ze butiwe ngqu ngala maxànti madala, koko ke bona busenkundle-ni ngoku xa lona incwàba lendoda lingasezantsi ngapàndle ekupêleni kwamahlahla. Exesheni nezinye izindlu ezi zobuya zitànde ukunyenyiselwa ngasentla, ukuze zingatàni-funda nobuhlanti obu. Lelomnini-mzi lodwa kôna elinokuba sekàya, elomnye umntu loba mganyana pàya liti qelele. Ele-nkosi lona lahluka ngokusuka libe "nomzi wasencwabeni" umzi wabalilindayo. Lo mzi ubudalwa ngokusuka emva koku-ba incwàtyiwe kunyulwe amadoda amabini nokuba na mane anikwe umhlambi wenkomo komkûlu aye kumiswa kulo kunye nezi nkomo kula mzi mtsha. Zinkomo zencwàba ke ezi, zaye ziyinqambi kuma-Tshawe zilunge kubanini-zo bodwa nayo yonke into yazo. Nalo mzi ngokwawo uya hlonitshwa nokuba na se ude wafuduka washenxela ndaweni zimbi awunakwahluka-na neli gama lokuba ngowasencwàbeni. Zoda, ukuze ama-

Tshawe azitye, zihlanjwe ngokutl kuxêlwe eyenzala ka-nzala kuzo apå kusitiwa " Namhla lo mzi wencwåba uya.zanyiswa." Nokuba kwenzeke tyala lini na ezi nkomo azinakudliwa mntu ngapåndle kokuhlawuliswa yinkosi enkulu ; nje ngokuba u-Nqampa wasencwåbeni lasezi-Tênjini akabanga nakudliwa ngumzabele wada wasiwa ku-Rili. Kulapå ke ka ufanise ngokutêlekisa neSitsununu sakwa-Båca.

Inkomo zesitsununu be zizilwa kwa-Båca kutiwe ziyinqambl. Obu bugqi buqûtywa yinkosi enkulu nesizwe sipêlele apå sonke. Yosuk' igqabi iyibetê eqolo apå inkom' eyomileyo ngentonga (qonda ilitôkazi ingamitl) suka inkomo muku, muku ibele ifake ngoku nje. Kungenwe kusengwe kuyo apå ubisi (intusi ngokwakôna) lokwelapå (lokunyanga). Komkûlu apå sisidima esikûlu senkosi ke esi, ekotl ukuba kugqitywe ukusengwa litshe kutl tu eli bele. Ezi nkomo ke zinqabile komkûlu apå azinto yakufeketå. Isitsununu kodwa nakwa-Båca påya sigqibele ngo-Ncapåyi ukusisebenzisa—u-Ncapåyi ka-Madikane uso-Makåwula. La masiko nezitêtê zimana ukuyelelana nokopêlana. Asikukuzalana kwegazi eli-Ntsundu na ? Ehla !

*Umbiko wompånga.*

Xa kufike umpånga izitûnywa ziligqibe lonke. Ze xa ingowomntu o-Mnyama otûnyiweyo akanakude aye kungena komkûlu kuba ama-Tshawe akanakudibana nabazinqambi. Wosuka axelele umzi omganyana, aze apûme kuwo owokonda ngekomkûlu ; baye ke beya kudliwa banakaniswe ngokutl kanti abambikanga komkûlu wada waviwa kôna ukuba ufile. Bodliwa naxeshikweni bambike bengekamfuneli gqira—into yokuqala akuwiswa kukugula umntu wenkosi bobetå bayazi into abebeyenzile nabo. Kwabamnyama bonke abantu ma bahlanganisane baye kuhlambå nje ngoko se sitshilo kwa kusasa wakuba ufikile umbiko. Bakuba bebuyile bacêbe inwele bagugule, amasi bawazile ; ze ke kuxukwe kusasa ngengomso. Namhla ebu-Bomvini påya, ukuncwåtywa kofileyo yinto ekofumana kulahlwe nje ngapåndle komgqaliselo. Se ilahliwe nangabo imigqaliselo yasekudeni. Ezinkosini ayisadalwa nemizi yasencwåbeni. Kwaye kuma-Xôsa aba-Ntsundu basezikolweni se kuncwåtywa ngokwasem-Lungwini ngemikôba, umntu atûngelwe amalapû amhlopê,

umkôba ugqunywe ngamnyama. Kude kutlwe tyaba umnqamlezo omhlopê ngapêzulu, kuhlokome nendumiso yo-Pêzulu e-Nyangweni. Olu vuko lwabafileyo lube lulolwasemoyeni empêfumlweni. Ze ke noko umntu angafumane axinaniswe nazonka, namipu, namali nanto zinjalo, koko apêlekelelwe ngemimoya yabatândazi benene, bevetê ezimaweza nezimnyama zezila zingasenambôla yanto. Kumzi o-Ntsundu be kukwakô nokuncwâba emlanjeni. Ama-Mpondomise inkosi zawo azincwâba emanzini, kuxêlwe inkomo yokuze agqunywe ngesindlwane entloko ngokwesiko labo lasendaleni. Kogawulwa umtl omkûlu umbiwe kunye nengcambû zawo, aze umntu lo abotshelelwe pântsi kwengcambû apâ se kupêzu komlambô. Ufunqulwe ke utlwe tyumbûumiliselwe emanzini. Umntu ke ungapântsi. Lincwâba ke eliema-Mpondomiseni. Abafazi basema-Mpondomiseni abanakuze bafinyeze ekuweleni kwabo emlanjeni, bahlonipâ inkosi yabo encwâbeni apâ. Nto incwâtywa emlanjeni ema-Hlubini ngumkâya womfazi nenkaba yosana eludakeni ukuze zityiwe zinkala. Ema-Xôseni inkosi ifakwa encwâbeni lipâkatl elitile, umntu osel' eya kuzuzana nokuhlonelwa okukûlu kunene sisipâkatl namankazana endele komkûlu. Woqetshulelwa umhlambl wenkomo ezizilwayo nje ngoko se sibalisile ngomzi wasencwâbeni. Xa kubekwa ilitye encwâbeni pâya kumana kutêtwâ kusitiwa, " Hambâ kakuhle. Uze ube usikônzela pâmbili apô. Siyeza siya kulandela. Uz' usikûmbûle nalapô uya kôna."

*Inkomo yezila.*

Ngokwesiko laba-Ntsundu be kuxêlwa inkomo ekutiwa yeyezila lika-bani ofileyo, kukûnjuzwa oko kufa kwakê. Le nto ibisenzelwa umnini-mzi yedwa, ingeyiyo noko yona inkosikazi kwa nabantwana bomfi. Kotl kodwa mzuzu amagqira enze kuxêlwe eyokulungisa umzi, ukuba kade ufelwa. Eyezila ibixêlwa esand' ukufa umnini-mzi ; eli xa eyokulungisa umzi yona be kuba mzuzu efile. Be kungade kube sezizukulwaneni ingekaxêlwa ; ngokukodwa ukuba kutê kwangena indlala nemfuduka. Amagqira ebetl akuhlaba ukufa nokuba, ngabula wona, unina walo mntwana wayengadudelwanga okanye na engatônjiswanga okanye na, engabingelelwanga ebusaneni ; ibe yinto enkulu leyo ; noko ngatl akuyigqaleli buntweni

wena lawu ndini, kufuneka yenziwe ukunxènxèza iminyanya. Hleze ngokuti kùnubembè kwayo benzakale. Inkomo yezila ke ngoko ibipàntsi komcimbi omkùlu kunene wenkolo-nkolo zasemanyangeni. Kumaxesha esinawo ngoku abantu benza amatye amancwàba ngenkonzo nentetò zebali lomfi njalo-njalo. Ilitye liqingqwa ligude libe butèlezi, ze lixòlwe okanye lirolwe imibàlo namaganyana esikùmbùzo kwabalele apà kuwo. Kunjalo ngeli xesha lokànyo; ze babone nabezizukulwana zakè ezizayo.

Be zininzi ke nezinye inkolo kubantu basendaleni. Izivivane, izibulalamntu, amagqwira, omadini, omibingelelo, kwa namanye ke.

*Izivivane.*

Izivivane yabe iyinkolo enzulu kwa-Xòsa kuba bonke abahambi abagqità ngale ndlela bebemana bepòsa amatyana xa badlulayo ndaweni itile, besiti, ngelabo, bacela ukuba iminyanya yoyise-kùlu ibakàngele, ibanike amandla namendu kwa namatàmsanqa kolu hambò. Bebekòlwa ukuba le mitàndazo yabo iya pèndulwa bakupiwe abasukuba bekucelile. Woti ke umnumzana ekubuyeni kwakè, nje ngokuba ngoku sel' eyizuzile lo nto ebetànda yona nokuba ngumfazi (inkazana) nokuba zinkomo na,—ulotyolelwe na kwantombi, kwadade wabo, nokuba lixòba lini na eli alizuzileyo, ekubuyeni kwakè. Akufika esivivaneni ade apindapinde ukupòsa ilitye nokuman' esiti ngomlomo egcobile embilinini nasemlonyeni wakè, " Enkosi mhlekazi omhle, mhle omkùlu ! " Umbone nawe ngale mivuyo nokudlamka nokusuka imitsi namagqasi akè ukuba lomntu akazenzi uzuzile eluhambèni lwakè emfumana umhle lo ewupèndule umtàndazo wakè abewusingisa okuya ekòlose ngokupèleleyo kòna. Ma kucace kumntu wonke osukuba elesa le ncwadi ngalo mcimbi wezivivane. Indumbà zamatye afunjwe emacaleni endlela ngoku kunqula iminyanya namashologu akwa-Xòsa. Kuba ngale ndlela ama-Xòsa la afumaneka efuzise ama-Hebere. Kuba yayinjalo indlu ka-Sirayeli ngeli siko lokutàndana nokugxunyekwa kumiswe ilitye okanye amatye esikùmbùzo semini ka-bani ekutlnitini pàya. Nje ngoko izivivane zilizaze zaligwiba lonke eli lasema-Xòseni, be kukwanjalo kwa-Juda. Singalinganisela ngo-

Yakobi lo mhla wamisa ilitye lesikûmbûzo e-Bêteli emva kombono wengelosi; upâwule ngokukodwa akutetileyo ngomlomo lo mini. Tyila ku-Genesis 28 : 20-22 la mazwi esinqulo sakè atî, " Ukuba u-Tîxo utè wanam, wandigcina kuyo le ndlela ndiyihambâyo, wandinika isonka ndadla, nengubo ndambâtâ, ndabuyela endlwini kabawo ndinoxolo : u-Yehova woba ngu-Tîxo wam, neli litye ndilimisileyo lasimiso, loba yindlu ka-Tîxo, nento zonke otè wandinika, ndokunika isishumi sazo." Amazwi angumxêlo onzulu nompêfumlo womfo kanye wasema-Xôseni xa asenqulweni esivivaneni. Engasokuze wayilandula nokuba kube kanye um-Xôsa into ehlatyelwe ukuba yenziwe idini koyise nokuba ubesel' eyitânda eyixabise kangakanani na yena. Uya kôlwa yena ukuba oyise bahleli bapilile besikângele, efuna besikângele ngoxolo kunge ngamsindo. U-Yakobi lo wagxumeka enye intsika yelitye lomnqopiso wakê no-Laban, nenye ngomhla u-Tîxo wazityila kuye, wamtêmbisa nenye awayimisa enewâbeni lika-Rareli. Kâ ukângele amatye alishumi elinambini amiswa ngu-Mosisi e-Sinayi. Amatye awamiswa ngu-Joshuwa ekûmbûza ukuwela e-Jordane ngama-Sirayeli; nala ntsika yelitye ka-Absolom yayikwafuze ezi. Ekwakêni i-Tabanekile, nankuya u-Mosisi eyalelwa ukuba isigqubutêlo asimise kwintsika zone, nje ngokuba nopâhla lwendlu be lutândwa ukutiwa tyaba pêzu kwentsika eziliqela ngoku kwentsika zendlu yesi-Xôsa. Sibe isitixo esinqulwayo ibiba sigodo somtî, okanye intsika yelitye. Intsika yelifu ngemini nentsika yomlilo ngokuhlwa saba sibonakalo nomqondiso ka-Tîxo wokuhambâ kwakê nohambô lwama-Sirayeli entlango pâya. Kungoko la matye ezivivane ke ebenobunzulu kwa-Xôsa. Imifanekiso asikukô nokuba inxakamelene, kuba itânda ukuyelelana. Amatye alishumi elinambini aza kutâtwâ e-Jordane xa kuwelwayo aye kufunjwa endaweni kunye nje ngesikûmbûzo solo welo. Sisivivane ke kanye eso mlesi. Wotsho kodwa umwetû, " A Sivivane! Ma ndiyokufa ndipîlile! Ma ndibuye ngoxolo!"

Namhla nje zipêlile izivivane ema-Xôseni nje ngala ndlela indala. Nto isekôyo ligama nezo ndumbâ zamatye zisemiyo nesezimile incâ, zanyâleka kwindawo ngendawo ezinje ngase-Nciba kwa-Nyaba nezinye ke. Zaye namhla se zisikûmbûzo sento elibali lasendaleni kupêla. Funda ke nawe apâ, wazane

namavo nezitètè zonyoko-kûlu. Kokôna nenzala yakô woyibalisela.

*Izibulala mntu.*

Abantu abancôlileyo bebeko entlalweni yabantu apâ. Be kukôlelwe ekubeni abanjalo baya kwazi ukubulala abanye, bakwenze oko ngokubadlisa ngetyèfu ekutyeni; nokuti babaqapûle intlanga emzimbèni apâ. Ezi ndidi ke be kusakutiwa babacèba nenwele abantu belele, bazenze kwa zona amayeza abo abukâli kunene ekubulaleni. Ngezi ndlela zimanyumnyezi bebe baqapûla intlanga emzimbèni apâ babe zindlolo abasetyini kupèle. Ubuqili abutètèki okunye abunakunyamezeleka. Pôfu ekô wona amagqiŕa abanyangayo bapile abasukuba benjiwe njalo ngababulali abo. Babakûpè ezo ntlanga bapile. La magqwiŕa ebebulawa atôtywe emaweni, atshiswe ngemililo, okanye ke abulawe ngokubetwâ ade afe.

*Amagqwira.*

Kukôlisile ezintlangeni ezi-Ntsundu ukuti kuvele umgca nesizwana samagqwiŕa. Ama-Gubevu abakwa-Maduna kwicala lase-Mbô, nama-Gqunukwèbe kwelasema-Xôseni kwa-Ngqika, kwa nama-Tûpazi kwa-Bâca, awayede abekelwe mgama pâya odwa. Zizizwe zamagqwiŕa esinqeni pâya sazo. Ukuqala ama-Gubevu ngabe-Sutû emvelini pâya. Lo Gubevu wayeligoŕa elikûlu emfazweni, suka wajoboda akuba enukiwe kowabo e-Lusutû, bamana ukumlandela abanye bakuba benukiwe; kanti yosel' iba ngumzi lowo. Baya bangwa nanamhla nje oku ngabe-Sutû. Okwesibini u-Kwâne wayelipâkati lika-Tshiwo, wamiselwa yinkosi yakè u-Tshiwo ukuba abe ngumbulali wamagqwiŕa. U-Kwâne utè le mihla kwakutiwa "Hambâ uye umtôbe pâya eliweni afe," yena wamana ebakûlula ngokunyebelezisa. Ekutè mhla u-Tshawe alwayo nenye inkosi qâpû u-Kwâne nomkôsi wakè wala magqwiŕa akwakè, wasel' eba yinkosi lo mini ke u-Kwâne. Uwabona nje ke ama-Gqunukwèbe la e-Xesi kwa-Kama pâya. Lo mhla ke kukuvela kusekeke obu bukôsi siva ngabo basema-Gqunukwèbeni. Lo Tshiwo sibaliselwa ukuti akazange awuwele um-Bâshe koko wafela e-Ngcwanguba. Ngoko indawo awavelela kuyo ama-Gqunukwèbe la ma kube kupâkati ko-Mtâtâ nom-Bâshe

imilambó, okanye pákati ko-Mzimvubu nom-Bâshe. `Izwi loku-gqunukwêba kutiwa kwakulandwa lipûma kwinto yomntu ogqunukwêbayo. Oko kukuti azenze umntu owenza into etile enje ngokubulala kanti enyaniswcni akenzi leyo wenza yimbi (eyokusindisa). Bambi bati eli gama lama-Gqunukwêbe litâtêla kuma-Lawu angama-Gqunuqwâ awayehlalelene namaXôsa ngalo maxesha esi siganeko sika-Kwâne no-Tshiwo pâkati ko-Mzimvubu nom-Bâshe lowo uxelwayo ebalini ngokupâtêlele kuma-Gqunukwêbe la. Kungenzeka kodwa ukuti kanti nolu lando lweli gama lama-Gqunukwêbe, nokukugqunukwêba kwa nala ma-Gqunuqwâ asapûma kwisiqulo esinokubalandela abantu ukususela kwisiganeko esitile esiyinyaniso sona nje ngesiya sika-Kwâne uyise-kûlu wabo. Enokuba luhlanga lwamagqwiřa na ama-Gqunukwêbe, kusemhlotsheni kôna ukuba u-Kwâne lo yena inqu yakê akalilo igqwiřa kunye nenzala yakê ebezinkosi ukususela lo mini. Nto kunokutiwa wayeyiyo kungasuka kutiwe ngumhlanguleli nomsindisi wababulawayo nabagwetyiweyo nje ngoko waba njalo kanye u-Yesu Kristu u-Nyana ka-Tixo emhla-beni apâ. Uluntu lonke lugwetyelwe ukufa ngesono nesiwo sokwapûla umtêtô ka-Tixo. Umlesi lo akuqala azikângele ngolu hlobo inkosi zama-Gqunukwêbe woqala aqwebe ngqondo yimbi nje ngobukôsi. Kwa into ka-Kwâne ukutêmbêka kangaka ku-Tshiwo ade afane nomkûseli wesizwe sonke ngelo xesha ayincinane inkulu. Iya fana nokutênjwa okufanelwe yimbêko. Xa senje nje ke asitsho ukuti ama-Gqunukwêbe ngamagqwiřa. Nto sipêzu kwayo ngamagqwiřa awayegwetyelwe ukufa asindi-swa ngu-Kwâne ekuqaleni. Xa sitshoyo asitêti kuti aba bantu se beya kuzala amagqwiřa, kuba akwenzekanga ekubeni ma babe batâkatile. Nakulo maxesha ubeqala umntu akunukwa yena inqu aqonde ukuba le nto ukunukwa komntu bubuxoki obupi-ndiweyo. Akuyiyo inyaniso ke ngoko ukuti ama-Gqunukwêbe la ngamagqwiřa. Into enokutêtwâ kukuti, "Isiqendu sawo sokuqalisa sasinukiwe." Ama-Gqunukwêbe yayingebubo bukôsi intsusa, kuba ikwa ngama-Ngqika. Eli bali lihle kakûlu kuba lavelisa itâmsanqa kubu-Kristu obangeniswayo kukusuka u-Kama agqobôke. Esi siganeko sabanga itâmsanqa elikûlu kuwo. Sibuyele emcimbini esikuwo. Amagqwiřa ibingabantu abebesebenzana nokubulala abanye. Yabe izinto ezinyangaza

ngobusuku ematûnzini pôfu behambâ kwa pâkati kwabanye aba imini ezi. Bebekwêla ezimfeneni ngokwemfundiso nenkolelo. Maxa wambi bahambê ze bengakwêle ntweni litsho ibali. Yabe ingamatutu, nto apâ be zisakubizana ngemilozi. Uba ibingabantu yini na itêlezi! Wa mfo ndini! Into abofumane badodobale, bamatê abantu kudole nezinja. Kanti ke ayawakô pâkati komzi apâ. Kose kubonwa ngengomso abanye beqatshulwe, bambi bacêtywa bepâtâ kupâwulwa nokupâwulwa; kubonakala lo mikôndo nasebuhlanti pâya. Akubanjwa ebebulawa anikelwe kubambêli ke bawayale bona ukuwatûtûmbêlisa ngemililo nezapômpolo. Ukubulawa kwalo be kubotshelelwa ilitye entanyeni apâ litotywe eweni afe umnumzana ukufa okuhlazekileyo kwegqwiřa okulihlazo. Amawa amagqwiřa ungawafumana nanamhla nje e-Mkûbiso pâya nase-Nxařunu njalo-njalo. Aye lo matyobo amatâmbô emi enentshumayelo yawo esikûmbûza lo mihla ubomi bomntu obu babulicekwa. Ubugqwiřa abusento ngoku buya ncipâ ebantwini nasekukôlelweni ngabo, naxa kumana ukufumaneka ukutwêtwisa kule mpi yasesikolweni yama-Kristu nje ngokuvuka komlilo omdala, noko lo nto ayisento yona ngokwayo. Kuba intlanganiso zenkundla zobucawa zicâsene ngokupêleleyo nenkolelo kwa nemfundiso zohlobo lwasekutâkatêni. Akusekô manyangaza kule mihla akê abanjwe ze abulawe. Se kumi inkolo zohili nempundulu, nomamlambô nenyoka kunamhla. Ekubonakala mhlopê ukuba ezi nkolo zisisinama-nkulela nentlaka nexolo kum-Afrika, ekuya kumtâtâ iminyaka nokuba na sel' egqobôke wafunda kangakanani na ukuzilahla ngokutê sululu. Pôfu ezi nkolo zona ziya tyâfiswa li-Zwi lika-Tixo nayimfundo zide ziqûqêke kakûlu zipêle mhlawumbi kwezinye indawo. Ukanti intshiyekela zisahleli zona nebandezi lazo zisamana ukuhlala zihlale zitâpûluke emaxesheni. Hayi ubugqwiřa into ifa kade!

*Amadini.*

Amadini abentlobo ntatû (1) Ibilidini elenzelwa umntu oleleyo sisifo. (2) Ilelo kubingelelwa umntwana ozelweyo. (3) Nedini lokushwamisa umkôsi. Makê ndenjenje ke ukuze uqonde: Idini yinto ehlatywa ligqiřa kutiwe iminyanya iqumbile ukukângela kwayo pêzu kwalo mzi. Idini ke kukuxoliswa nokunqxê-

nxêzwa kwayo. Inkomo yobulunga nenzala yayo.—Inkomo yobulunga nenzala yayo zezo bulunga; ekanti nazo zikwa zezedini lokunxênxêza le minyanya. Emveni kokungalungi kobulunga buxwitiwe banxitywa entanyeni yomfi yohlatywa inkomo yobulunga ihlatyelwe idini; ixêlwe ke. Ayidliwa ke ngomolokazana basekâya apâ. Pâwula mlesi le ndawo yokuba kuzo zonke intlanga emhlabeni apâ ezazanayo nedini nje ngoko sikô nesitêtê, elona dini kupâlazwa kwegazi lento esisicamagushelo nesizi ekulindeleke itâmsanqa nempiliso ngenxeni yeli gazi limsulwa lipâlazwayo. Nasema-Xôseni kwakunjalo kanye. " Ngapândle kokupâlazwa kwegazi akukô kuxolelwa kwezono " nakungxengxezeka kweminyanya yasekâya apâ.

*Idini lofayo.*

Eli dini be lisenziwa ngomtêtô wegqira. Bonukelwa ukutâkatâ abantu limana lisiti igqira " Amawabo aya cela. Afuna kunuke mnandi ekâya apâ." Litsho se liyityumbâ ngegama liyixele nangegama nebala inkomo yeli dini, ityebe ibenkulu. Zomenywa ke zonke izalamane nezikude kangakanani na. Yonke imilowo ibe lapâ. Ixêlwe ke ekumkeni kwelanga ngesiko. Lo ufayo ukuba usenokushukuma ahambê, okanye akâse ma kabe pâkati kwamawabo xa ibanjwayo. Kodwa xa se kunzima ma kasondezel' ukuze avele emnyango. Ukuze yakukâla xa ihlatywayo kumana ukudandulukwa ngamazwi okuziceengele kwiminyanya ngeliti, " Ma kube camagu, ma kube côsi! " Ya kuti, Bo, bo yona ngokukâla iqâwuka! Yoti yakuba ihlinziwe kususwe intsonyama ityiwe ngumkêtô wamalowo. Yomana ibekelelwa kumahlamvu aluhlaza omtâti andlelwe esazulwini sobuhlanti, eyokê ifunjwe apô nezizabelo kulo mlu. Ze ke kusile ngomso abale mizi inezabelo zize kutyelwa apâ. Yopêkwa yonke qole ngembiza zale mizi yonke. Xa kwambêsiweyo kupêkelwa ecaleni lobuhlanti; namhla ilidini nje kotiwa gxume esazulwini sabo nomhambi asel' ebona ukuba lilo kungaba nje. Abafazi bapêkile nabo ngasesibayeni pâya. Inokosiwa ekutândwayo, kodwa agcinwe onke amatâmbô ukuze atshiswe ngengomso. Ububende bona busahleli nje ngoko, nje ngokuba be buwoliwe izolo xa kuxêlwayo, nabuya entla endlwini bukônciswe emseleni pâya. Bobuya butâtyatwê busebonke ukwenziwa lo

nto icingiweyo nokuba kukupâlazwa na nokuti ni. Yoti inkomo yakuvutwâ kuqale kusondezwe igqira lofayo, yopûlwe yonke kunye, ityiwe igqitywe. Ngesiko abayityi abafazi basekâya apâ yeyabeminye imizi. Kwakuba kugqityiwe kohambâ umntu ebafazini nasemadodeni ehambâ ekôngozela kubo ngabanye inkozo zentsimbi ekuziwe se zilungiselelwe kakade. Baye ke bonke xa babekayo bomana betetâ umntu esiti, "Ma kube camagu !" Mhlawumbi kungenziwa kwesi sitûba intlonjana ekutiwa yeyokucamagusha, kwandulwe ke ukucitâkalwa. Akukô nto ke inga ngale ntsimbi yenkonkozelo ubukûlu bayo, kuba ibonisa umoya owapûkileyo nomanyeneyo kule ntlanganiso yaba batândazela impilo yalo ufayo besingisa kwabaya bebecele ukuba kunuke mnandi ekâya apâ. Le nto kukunxênxêza, kwaye kufuna ukuyelela epleyitini yenkongozelo le yasetyalikeni. Ngomso kotshiswa amatâmbô kweli ziko lezolo. Igazi eliseleyo (noko liselonke lona, kuba be linikwe iminyanya ukuba ilisele yaye ke ingenamilomo) lonikwa izinja kusale isikûmbâ sodwa nokakayi oluxônywa lusenezo mpondo zalo ngasemaxântini lukângeliswe ezindlwini pâya. Esi sikûmbâ sedini siyinqambi kubafazi basekâya apâ, koko silunge kumankazana alo mzi ukubona angakubonayo ngaso. Umntu ubepila emąndleni om-Dali, wumbi afe nokuya nje ebenzelwe idini kwanuka mnandi kaloku ekâya apâ. Amadini la angel' eba asemaninzi nakaloku nje, koko anqandwa kukuba zingasekô kangako zona inkomo, kongezelele nokupêla kobuntu nombuso waba-Ntsundu.

*Ukubingelela umntwana nempupû zesicakati senkosi.*

Emanyangeni akuba ebelekile umfazi mzuzwana emveni kokuba eqûnyiselwe kusitiwa, "Usana luya kutshiswa," lukûtshiswa ipitâ (ihashe) ngalo msi nedangatyi lomtâti be kuxêlwa inkomo ukumkûpâ emkûsaneni wokuba ebefukamile lo gama ; ukuze xa ade wanguntu angaze agule sifo engatâkatwânga noko sel' emdala. Wobingelelwa noko sel' emdala akugula wabe engabi-ngelelwanga nje ebuntwaneni. Wumbi suka sel' esifa, aze amagqira wona suka ahlabe nto zimbi ngokutshul' amakôbo. Nanamhla oku nge kuba kusabingelelwa ebu-Bomvini pâya ukuba impahla le ibisekô. Umntwana oyinkosi ubebanesahluko

ngesicakati sakê sopûpû. Impupû zenkosi zimbini, lolokusezwa ebuntwaneni, olwesibini lolu ebelunxitywe emqaleni mhla abekwa ubukósi. Olu ke luhlala ubulawu bobukósi. Mhlenikwezeni azalwayo be kuxêlwa inkomo kuncotûlwe upûpû luqingqwe lufaniswe nenkumba le yokumseza isicakati. Lo msebenzi ubunyulelwa umntu owaziwayo nonegama ezinkosini asel' eba ngumsengeli wemvatyana yakê yobusana. Nolu pûpû ebebekwa ngalo ebukósini kuzindleka ukuba be lukûtshwa kwa kule nkomo. Nto isemhlotsheni yile yokuba olu pûpû be luyintsikelelo enkulu kunene, kufane kwa nesihlambêzo senkosi.

*Upêhlelelo losana lwenkosi.*

Kwezinye izizwe ezi-Ntsundu zompâkati Afrika kukó isiko elidala lokuti usana lwenkosi lwakuba luzelwe olusukuba luyinkwenkwe ngokukodwa olulindeleke ukuba yinkosi lupêhlelelwe ngamagazi amane. Elengwe, ukuze abe yinkosi elikâlipâ. Elengonyama, ukuze abe yinkosi enamandla okoyisa zonke ezinye inkosi, nje ngoko ingonyama iyinkosi yezilo. Elegusha (imvu) ukuze ibe yinkosi enobulali nesitôzela sobukósi. Elikagqoloma (inambâ) ukwenzela ubutyebi nobunewu-newu bezivato zobukósi. Kuba ugqoloma be kukólelwe kuye. Kude kwakó nentsomi eti, " be lisiti itôntsi eli legazi likagqoloma lakuti qontsi emhlabeni se kupûma ilitye ledayimani kulo ndawo kwa oko." Ngoko ke inkosi yelo zwe ibiti ihleli ibe igcine kuyo apâ iqêkezana ledayimani. Omane la magazi aya kuxutywa imana ihlanjwa ngawo ngendlela yokupêhlelelwa sabuhlambêzo ngokwasema-Xóseni iselusana. Kanti ke okunene, kuba u-Tixo lo uhleli ehambâ nesinqulo esiyinkolelo ebantwini, kuse kuya kuvela elona kâlipâ lenkosi into emandla afana nenyati le yasendle, ibe ikwa nesitûnzi esingatêtêkiyo ngasebukósini nobutyebi obuyintabalala ngokwenkosi kakade—indoda yamaxóba namaŕoma. Akulibaleki ukuti ibingumdlalo iwonga netâmsanqa elikûlu indoda eyenzakaliswe kube kuzingelwa la maŕamncwa. La maŕamncwa axeliweyo ngezi njongo zakomkûlu. Kubê ludumo kusitiwa, U-bani igoŕa lona, ufe ngeyona ndlela ifanele umpâkati ngobukósi bakê." Eli nqaku silifumene kumfundisi u-Carl Nauhaus wase-Cumakala.

*Idini lokushwama impi.*

Ezintlangeni ezi-Ntsundu inkosi ihleli inempi yayo yasemfazweni elawulwa litola layo. Ngaxa litile mhlawumbi ekufeni kwelizwe inkosi ibixêla inkomo edla ngokuba yinkunzi. Le nyama idliwe ngamadoda omkósi idityaniswe nemisizi namahlamvu namayeza egqiřa—itola lakonkúlu kusitiwa, "Namhla impi iya shwama, igqiřa liyelapá ukuba igqibelele ukukálipá." Oko kukuti imfazwe le ibishwanyelwa ngedini nje ngokuba nokwindla be bushwanyelwa ngolibo. Fanisa nesencûbê kwa-Bâca nolibo ema-Xóseni!

*Ukutiya umntwana igama nomfazi.*

Isiko labantu aba-Ntsundu umntwana uti akuzalwa atiywe igama lakê aya kubizwa ngalo ekupileni kwakê liyekwe akufa ngokutiwa "ngumfi u-bani." Ubedla ngokutiywa kutâtêlwa kwisiganeko esitile ebomini bakê esihle salungelelana nokuzalwa kwakê. Be kukwalisiko unina womntwana ukutiywa igama lokwenda nelobufazi la mhla aze kwendela ekâya apá uya kubizwa ngalo emzini wakê lonke ixesha lokupila kwakê. Le nqubo ibingapâzamisi kuba kwaba-Ntsundu ukuzeka emfaneni nokwenda entombini kukuzalwa sel' emdala umntu abe negama elitsha ibe ngumyeni, isoka, nomtshakazi—umntwenyana. Kuba ma katiywe igama lakê lobuntu obukúlu. Koti kunjalo abakowabo babe bona kuxa besambiza ngeliya labo lobuntwana ade afe; kuba ungumntwana unapâkade kaloku kubo. Isiko lamasoka kumzi o-Ntsundu afike acele ukuzalwa abakûlu bona abangabazali bawo becela ukwalamana. Kwa nakolu pêhlelelo losana eřamenteni yobu-Kristu aba-Ntsundu basabambêlele kwinto yokuba kutiywa umntwana igama oko libizwayo nje nalo ngapêzu kokungeniswa kwalo e-Bandleni. Kwafamlibe ingekabi kô le ncubeko yasem-Lungwini sinayo ngoku umntu o-Mnyama ubesaziwa ngegama lakê abizwa ngalo yena yedwa asabele. Bati ukuba babini kwigama elinye, mhlawumbi omnye utiywe ngomnye babe ngogama nakubo ngokwabo ukubizana ngokuteketisana. Kutê ke kodwa kwakufika izikolo ezi ze-Mishoni kwangeniswa into yamagama esi-Lungu. O-James, William, Henry, John njalo-njalo asingewagqibi. Kuguzulwa awesi-Xôsa o-Zanempi, Xelinkunzi, Tamsanqa, Nkosinkulu njalo-njalo.

Yankulu ke le nto ebantwini abagqobókileyo nje ngoku ngatl igama lesi-Xósa nalo likwa sisono. Kodwa kule minyaka sinayo ye-1936 yokubádla kwemfundo nenqubela-pámbili sibona ukubuya komzi ubuyela kumagama esi-Xósa ekutiyeni abantwana xa be kungasacingcki nganto oko. Kwaye kucacile ukuba le ngqondo ibuyile nje kwinzala ka-Ntu itétá ikamva elihle ngapé-zulu kunexesha esikulo. Aloni nto igama lomntwana alitiyiweyo kokwabo mini wavela wabona igala. Kwaye kunjalo nje lilihle lada lazuka lakumxela ngokuma kwalo ukuba ngum-Afrika nozwane ke lo ugama lingu-Támsanqa Stokwe, B.A. okanye M.A. okanye ke LL.D. ukuba kunokwenzeka ngentloko yomfana ukuba bukáli kwa-Nokoleji e-Foderi. Akuboni ukuba kuhle nozuko kula magama, Matthews, Ncwana, Mahlasela, Feirera, Mtimkúlu, Ntlabati namanye apúmelele i-B.A. kule minyaka. Kwa kukade kupikwa amandla obucópó bom-Afrika. Ukuba kube kugwetywa siti elika-Matthews be liza kuguqulwa libe ngu-Matewu.

*Inkolo yamawele nemihlontlo.*

Ekubeni kuzelwe amawele emzini be kulisiko ukutyala izitóle ezibini zomti womhlontlo umgqaliselo nesikúmbúzo sesi siganeko. Le miti ke yomana ukuncenceshelwa ngokugalelwa amanzi asukuba ebehlambá ngawo umdlezana le mihla. Inkolelo ibisekubeni oti, umqondiso wokuba opila omabini, imile yomibini le miti yale mihlontlo. Ze kodwa ukuba ufile omnye kuqiniseke ukuba liza kufa nelinye iwele, suke kube njalo. Ungahlala ke umana usalama umhlontlo se umnye nokuba linye iwele, kube njalo. Ungahlala ke umana usalama umhlontlo se umnye nokuba mibini kwinxowa lomntu o-Ntsundu, ukúmbúle ke nawe ukuba ma kube kwakuzelwe amawele kumzi owawumi eli nxowa wafuduka ngezi nkolo zikakutákatá.

*Izindlu.*

Izindlu emzini yenkulu neyasekunene, yeyeqadi lasekunene njalo-njalo. Izindlu ubukúlu bubodwa kunye neqadi lasebukúlwini budlana amafa bodwa. Abanye bangazekwa bamane besabelwa ezi ndlu-nkulu zombini babe ngamaqadi asemaqadini. Inkosi ingade izeke nakangakanani na, wovakaliswa yena owozala inkosi abe yintombi yasesiténjini. Eli siko liqinga nje lokuba

inkosi enkulu ikė ilawule umzuzu nokuya nje selide laba ngumtėtó. Kumaxesha apâmbili yabe ingongqupântsi nemiqadi befulelwe ngencâ nezigcobo batyatyekwa ngapâkati ngobulongo obomana busotiwa xa bude boma, ngokukodwa mhla izulu liwileyo. Ibizizindlu ezinkulu ezingafani novimbâ. Komkûlu be kuba kó indlu enkulu ekutiwa kuse-Bótwe iyindlu yobukumkani enceda ukwamkela kulaliswe kuyo indwendwe zezinye inkosi nezamanye amazwe. Namhla baya pêla ongqupântsi nasebu-Bomvini se kuvelele ongqukuva. Ngokukodwa esikolweni apó se kukó nengxande zencâ, nezamazinki, nerontawuli izindlu ezipóle kunene. Se kude kwangenwa kwingxande zasema-Ngcsini. Kwaye kweli cala kukókele abafundisi, otitshala, izibonda, nabarwebi namakâya aba-Ntsundu u-Xósa wanamhla ke lowo. Izindlu ezi ema-Xóseni ukumiswa kwazo be zisenziwa isakómbê zijikeleze inkundla ipâkati kwazo yona notângo, ibe leyo indlu inovimbâ wayo ecaleni layo apâ.

*Izindlu nokuma kwazo.*

Kumasiko abantu aba-Ntsundu se nditshilo ukuti iyileyo indlu ibinamaqadi ayo amiselwe kwa sekuzekweni kwazo ngomdudo. Onyana abakûlu kwezi zindlu zimbini—enkulu neyasekunene bebenobundla-lifa obupâmbili bobabini ngokufanayo ukutâtela emfuywcni, ezimalini, emihlabeni yefana ngale mihla naselusatsheni nento yonke yecala lakowabo asukuba eyinkulu yalo. Ezinkosini be kuhlala kusenzeka ukuti azekwe mva oyena mfazi uyinkosazana eyozala inkosi. Afuneke ebadlule ngobukósi abangaba se bekó ukuze kungakâtâzi mabango. Xa kulapâ ke, umtêtó welifa ubuhambâ ngale ndlela. Inkulu umntwan' okuzalwa oko kutsho unempahla namakâzi entombi namankazana endlu enkulu kwakunye nezodade boyise nezakwanina-kûlu. Ibe inkulu yasekunene iyindla-lifa yento yonke yecala lakowayo. Ezi ndlamafa iyileyo inetyala lokuzekela amadodana angabaninawa bayo xa uyise afileyo ngokukodwa. La madodana nentombi ezingodade kwa nodade boyise, nabatshana banelungelo lokukângela kula madoda mabini azintloko nendla-lifa ngemfanelo zonke umntu anokuzijonga kuyise. Ngamanye amaxesha uyise ubesiti esahleli aseke ebuhlanti apâ inkomo ekutiwa " zinkomo zeselwa " ezililungelo lonyana wakê wesibini, oko

kukuti onganeno kwenkulu kunye nabaninawa bakê kwa nodade wabo. Eli cebo be likwa lungiselela abanyana nentombi ze babe nento yokubalekela mhleni bakóhlakalelwe yinkulu yabo engasekó uyise emhlabeni. Pófu ke noko eli siko litânde ukutyafelwa nangokutêmbêla kubulungisa bendla-lifa. Pêzu kwale nto yonke onyana bomfo bona bebehlala zizezabo nelungelo labo zona impahla abazipâwulelwe nguyise esekô kunye nenzala yazo ngokungenakubangiswa bani. Kulindeleka kodwa ukuti zihlale zicacile zona impawu zazo zingumkôndo omnye ómdala. Kule mihla yabangeni nokunyanzeliswa kwamasiko ase-Yuropu ema-Ngesini zizilawuli nezipâtâ-mandla umtêtó welifa uya shenxa kakûlu apó wazelwa kóna kumanyange wona. Lo nto ibangwe ikakûlu kukungeniswa kwaba-Ntsundu kumtshato wesi-Lungu omasiko nezitêtê zahluke lé kowakowetû umtshato (umdudo). Namhla lo mtshato wasem-Lungwini singene kuwo nje ngohlanga, uya mvumela umntu ukuba alinike nabani na ilifa lakê ngokutânda kwakê ; nokuba uya zalana akazalani sinina naye. Waye umtshato wasesi-Lungwini usenza abe-Lungu poqo, lize nelifa lezindlu nentsapó zetû libe pântsi kwamasiko sem-Lungwini eyona nto ingenabulungisa nakwanelisa ke leyo necace mhlopê ukuba ikukucitwâ kobuntu betû bantu namasiko etû amahle. Senziwa ama-Lawu okulawulwa kwabiwe amafa awo ngokwamasiko asemzini. Kulo mtshato wale mihla nentombi esezendile ezemka kade nenkomo yobulunga, isabelo sentombi eyendayo ke eso zisenesabelo kwilifa likayise nonina bakuba se befile ngokulinganayo bonke abantwana kunye nenkulu yabo eyindla-lifa. Waye lo mgaqo mtsha umfazi obetshatwe ngalo mtshato umenza indla-lifa epêleleyo xa angumhlolokazi ngalo lonke ixesha angatshatanga ngokutsha okwesibini. Nobukûlu bobukôsi ngokwabo be bugwetywa ngenkosazana engunina emntwini ebisiti nenkosikazi leyo inkulu ize kudalwa, imiselwe yinkosi enkulu esizweni, bamiselwe yiyo lo mini bonke abafazi abangamakôsikazi enkosi leyo idalelwayo. Be kungakâtâleki nokuba bangapi na abafazi benkosi leyo ma kabaluleke abe pâmbili ngobukósi lo udalelwe ubupâmbili bokuzala inkosi. Ebenjalo ke ukuma nokuhambâ kwamasiko ka-Ntu ngokumayela nezindlu.

Yaye impahla yendlu kwa-Xôsa ibiba zezi: Ingubo yenkomo,

iminweba yenyamakazi, izibáca, imixakató, izacólo, ubulunga, intshinga, izidabane, amakáka, izikáli, intonga, inxówa zebókwe, izenjana, inkuko, amatye okusila nawokulol' imbóla, necltywa, nembiza, izitya zamatúnga, ezemizi, izitêbe, imvaba nezibozi, inqawa nedosha, necwilika, neviti, necuba, ingaga zamatóle nemfele zenkomo, imipánda yamanzi njalo-njalo. Koko ke zimbi zezi mpahla be zihlala kovimbá. Inxalenye yale mpahla kuse nokuhlanganwa nayo kwezo ndawo zisenamasalela ka-Xósa. Nakubeni se zikólise ngokungabi namsebenzi ngokusuke kungene um-Lungu esiza nezakowabo. Usifikele nezikotile, negxebeka, nebêkile ne-emele, neplcyiti, ikopu, izitulo, ilampu, ibókisi, izibane, itafile, amabáyi, ibátyi, ibúlukwe, nento-into entle nembi. Pinda upáwule mlesi.

*Isibozi.*

Isibozi yimvaba endala ebe kusitiwa ngegama yintsuba. Kupêhlwa ngayo la mafutá kutiwa ngama-Ngesi yi-Bótolo. Abesenzelwa ukutánjiswa ngamanenekazi mhla ahombileyo, kusiyiwa ezisuseni, kuba indoda yona ibingento itámbisana namafutá ngapándle kwamhla lowo. Nanamhla kusenjalo kwelase-Mbó nakuma-Xósa a-Bomvu, kuma-Báca, ama-Mpondo, nama-Mpondomise, nezitêmbú kubantu abasesembóleni ukunyibêlana namafutá kwa nasezingutyeni. La mafutá ebengatyiwa nokutyiwa nje nganamhla kwam-Lungu. Umtinto lo ubupúma apá ke. Nguwo lo namhla kutiwa "yixibiya." Ubutyiwa kodwa ngamakwênkwe nezinja ingento yabantu. Namakwênkwe ebewungqunyushelelwa. Ukungqumshela kukuwugalela ubisi olutsha. Kodwa ke noko ibisekukutya be kutyiwa yinja nje. Kuba kaloku inja le okuya ibibambá inyamakazi ayinqambi, nesitya esi sikótiswa yona ukusihlambá nokusisula, sibe ke se silungele ukuba sipákele sityele abantu abakúlu. Wawungekê walame fadukwe yimbi kudala. Ncama! Wona ke kodwa umtinto lo ubutê wasisabelo senja nenkwenkwe; suka afika ama-Mfengu xa kunje eyincitákalo wona. Atê akuyibona le nto yala masi ema nenja, angenwa ngumona nje ngabantu, axelelwa ukuba asinto ityiwa bantu. Suka wona awutánda ngokwawo avulelwa ke. Itê ke le nto yasisondlo kwaba bantu; bapila. Kanti ke kodwa zona inkosi namapákati asema-Mfe-



K

ngwini abazanga badibane nawo umtlato lo. Ma kuhlale kusazeka ukuba akuyiyo inyaniso kuba-Mbò ukutètà ngokutl, " Sadliswa imitinto ema-Xòseni." Kuba yintetò emana ukuvakala le xa kuhlalelwe u-Xósa ngokunyeliswa; elo Xósa siti tina ufanelwe kukuba abongwe adunyiswe ububele, isihle nenceba ngabantu base-Mbò. Kuba u-Xósa wabacòla beselutùlini wabenz' inkosi, namabusa, nezityebi ekanti bebecltène bodwa e-Ntla pàya. U-Xósa wayenakò kakuhle ukusong' izandla, kanti yena umhlekazi u-Hintsa akenjanga njalo.

*Amasi ngokucàsene notywala.*

Kumanyange akwa-Xósa amasi ebenobunzulu obukùlu emicimbini yokuhlala nje ngesityo. Abakwètà bebetshiliswa ngawo. Intonjane nomdudo womfazi odudelwa. Kuba ezekwa be kusetyenzwa ngamasi otshona, atùlulelwe enkundleni yasemdudweni pàya kukùtshiswana ngobukùlu nobuhle bamaqegu. Ze amasi okugida wona, imvaba zokutòtywa eludulini pàya zitùlulelwe kòna, kubetè lo masi abe ngamatyàntya kuhlutè into yonke; inkosi, amanene, nabapàntsi ngokufanayo. Inqubo yotywala kwantonjane, emdudweni nasebakwétèni asilosiko lasema-Xóseni bubudla-kudla bezi mini zamva nje. Kumanyange la masi zobalapa enkundleni injoli zawo ziwancamle ngemicetshana emihlana yamasi zicalile, zihombile ngento entle. Encànyulwa nje kwenzelwa ukuba aqondakale ukuba alungele abantu abakùlu inkosi namanene. Omana ekiwa epùzwa, eselwa ngamaqàku izityana ezihlana, ezincinane kukòliswe kwanelwe kwabunje. Ubone sel' ebuya esala emke kwa ngezitya zawo eziya. Kozala ke emsitwèni apà kube yilo nto inkomo ezisengwayo ezisengelwa ezi mvaba namaqegu ezitwèlwe ngawo ekwa lapà, kubetè kube yilo nto. Umlesi ma kancede apàwule le nqubo yale mihla yokusebenzisa ngotywala ezisuseni zohlanga kulahlwe amasi isidlo esimsulwa nesingazanga senza zingxokozelo nazimfazwe oko u-Sombawo wadala izulu nomhlaba nje ngotywala ikàya lemfazwe. Be kuhleli iyodwa ekàya apà imvaba yabafazi yahlukile kweyamadoda. Ize nenkosikazi engumnikazi-mzi ibe nemvatyana yayo yodwa xa inzima (imitiyo) kude kuse kwixesha lobudlezana. Ngeli xesha ayiwatyi konke awemvaba yamadoda kwa naweyabafazi basekàya apà. Yaye le mvaba

yayo isabuncekevu sabunqambi ekutyiweni ngabanye abantu ekàya apà.

*Inkomo yobulunga.*

Le yinkomo ebisiza nentombi eyendayo isendela ekàya apà; ibiba litòkazi. Iyinkomo nenzala yayo esisondlo sale ntombi yendileyo nenzala engabantwana bayo, kwa nendoda yayo ngokwayo ibihlangulwa zezi nkomo zomkayo yakuba ifikelwe ngamashwa nakukuhlwempuzeka nobulwelwe kwa nokwalupàla. Ezi nkomo zobulunga zililungelo labantwana bale nkazana yasemanantsini, basenga zona, balima ngazo, oko kukuti batya zona ngazo zonke indlela. Ezi nkomo be zililungelo lasemzini wasebukózini elapûma kowayo pàya. Ibiyindlela yokubaxuma abayeni nokubaliza emcimbini wendoda wokondla usapó lwayo lonke ludibene nenkosikazi. Ezi nkomo be zizalisa isiroba sakuxilonga, seza nkomo be zilotyolwa kulo ntombi. Abantu aba-Mhlopé abangabafiki ebantwini batèta ngokuti, " Intombi zetû bantu nanku zitèngiswa ekwendisweni kwazo." Nokuti, " Abantu abatsha nampa bengancedwa koko behlwentshuzwa njalo-njalo." Akunjalo ke kodwa ngokwenkangelo nolwazi lwetû tina. Kuba ngale nkomo yobulunga, siyicàza siyibalisa kangaka apà, intombi ebisakuba yendile ibilungiselelwa eyona ndlela yopila yondleke ngayo ekwendeni kwayo ngezi nkomo zakowayo zipàmbàniseleyo, zananiselana zingenasizatû simbi zijongene naso zilapà nje ngapàndle kokondla lo mntwana nenzala yakè kanye nje ngokuba intombi yom-Lungu ifike ize nerola lempahla yakowayo ekwendeni ngecebo le-*Ante Nuptial Contract* (icebo lakwabamb' ezakè). Ngokwasemanyangeni ibiyile nto ibingasajonge nto elifeni lakowayo, kuba yabe isel' inikwe kade okwayo. Kube apà se kukàngelwe ezingekendi ngokutèngelwa zinxitywa ilokwe ngoku, zingasambèswa ngakuxèlelwa zikàka zankomo. Ziya tyiswa zinyangwe xa zigulayo. Aya vunywa, axèlelwe atyiswe ikofu, izonka, neningeni amasoka azo afilishayo—enye indleko ekàsa pàntsi.

Ezi nkomo zobulunga azitinjwa nangu-Rulumente ngamatyala nawendoda nakabani. Isiko lesi-Xósa lizikûsela ukuba zinkomo ezimsulwa kuwo onke amatyala ahlawulwa zezinye inkomo. Zona kupèla zinkomo zenjece yobulawu. Zitènga ukwalamana

kodwa ezweni apâ. Zisisincamatiselo esibopê ubuhlobo kupêla kule mizi mibini imanyeneyo namhla yamntu mnye ngokuzalana ingasenakuba sapînda izekelane; kuba namhla yalanyanisiwe yamntu mnye ngonapâkade. Se sicacisile mlesi ukuba le nkomo ibisakuza nentombî eyendele ekâya apâ kusitîwa " yinkomo yokupîla owonqanda ngayo amashwa eza nababulali." Lonke ke ulawulo lwayo lukulomfazi. Inguye yedwa ongade ayicîtêle isixakeko. Ayingekê ixêlwe nenzala yayo. Zinkomo zobulunga bendlu nenzala yakê. Zidliwa amasi kupêla. Baye obu bulunga litshoba layo eloxwîtwâ lenziwe amanqaku entsimbîni enxitywe emqaleni. Namhla nje imitînto nezibozi kwa nenkomo yobulunga zapêla kunye nokupêla kuka-Xôsa kwintlalo yakê. Ungasel' uhambâ uhambê ubone ubâqa entweni efana nezi.

*Ukwenza i-Will okanye umyolelo wokufa.*

Umyolelo ngelifa umntu alabe esahleli ilifa lakê ýinto efikileyo yakô ngoku kwaba-Ntsundu kwabambalwa noko ukuza kutî-ga ngoku. Asinqubo ikâwulezayo ukungena. Kuba asimzi lo ka-Ntu uhambâ nokwabiwa kwelifa lakê umntu esahleli ngatî sel' efile. Anditêtî ngokupâwulela usapô. Ngokwesitêtê ilifa lomntu ma labiwe efile ngokubutwâ yinkosi yakê ngokûzo kudibene namawabo. Pôfu yena u-Rulumente uya hambâ nale nto yezi *Wills* ngokutî ukûsela inkedama ezingenabani ekuqâtâniselweni, kuba zingasenayise nanina. Akwenze oko ikakûlu ngokulungiselela inkedama zakê ezindala (amagqwetâ) isisulu. Kumgca we-Willi ngatî elona cebo lindoqo kukwenza ongekafi kuyise nonina abeyindla-lifa nge-Wili leyo. Ze ade afe naye ukuze labelwe abantwana kaloku okanye lihambê ngeyakê i-Wili. Logcinakala ke ilifa, alidle nomfazi lonke ilixa angekatshati. Kukô konke ke kufuneka i-Wili zenziwe kumagqwetâ asel' enamava ngemicimbî yaba-Ntsundu. Intetô ye-Wili kufuneka ingantsonkotî, koko yenziwe icace kumntu wonke ukulungiselela usapô lwakê lungaxwâleki, xa yena woba engasekô emhlabeni. Kwaba-Ntsundu amankazana omzi akakûselwe elifeni naxa alisebenzîleyo nawo ngokwâwo. Kwimeko zala maxesha sinawo ke ukushiya wenze i-Wili kukûsela kûnqabise kulondoloze onke amalungelo omntwana wokuzalwa

oyindoda noyintombi ngokufanayo. Umtshato nge-*Ante Nuptial Contract* kufun' ukufana nesenkomo yobulunga enzala ingenakuze ingabi yeyomnikazi-yo nosapò lwakè nokuba na se kutè ni na ekufeni nasekupileni. Mhlawumbi komangalisa mlesi ukuti kanti umfo akanalifa kubantwana bongeno lwakè ngabendlu yomfi ngesiko. Elifeni akakòti napàntsi yena ngemfanelo engenalo nolawulo pèzu kwabo kuhleliwe nje.

*Ukubetà kombane.*

Kwakubetà umbane utshise kudaleka umotùko omkùlu ema-Xòseni nakwaba-Ntsundu esizweni naselalini. Kuba sukuba izulu be lizongoma, ligqereza, kupàtà kumenyezela nemibane; yaviwa le nto kwalindelwa okungaba kwenzekile. Nokuba izulu (inkosi ngokuhlonipà) idlalile emntwini, enkomeni nasentweni ni na akuni oko. Into enyanzelekileyo yeyokuba kukàwulezwe kupàngwe egqiřeni lifunwe ngumnini-mzi lize kuba lapà ukusebenza le nto ihlileyo. Akukucùkunyiswa mntu (esi sidumbù sibetwè lizulu) kude kufike igqiřa; ukuze okusukuba kusenziwa kube ngumtètò walo xa se lifikile. Kwaye ukuba libetè umntu ekwèle ehasheni wafa kunye nehashe elo eya kuncwàtywa yena nesali nesalibeke, umkàla, ihashe lakè, kwa nempahla abezinxibile emzimbèni newàbeni-nye. Lo msebenzi wonke ke woqùbeka pàntsi kwemigca yegqiřa lize emveni kokuncwàba liqale lingene ukuba lilungise umzi nabantu basekàya apà ngokubasebenza ngemiti yalo yamayeza, landule ke ukutshakaza limke. Liya kuřunywa se liwafezile onke ke lo matile-tile namabènubèntsu enkolelo zasema-Xòseni naba-Ntsundu.

*Amatwàla-ndwe.*

Kambè wena le ntaka iyindwe ibiyintaka yamakomkùlu kusemiwe kuba intsiba zayo ibingentwana yakufeketà kuhleliwe nje. Emva kwemfazwe, ngamaxesha enxolazwe, inkosi ma iwahlanganise onke amabutò ayo omkòsi, kuba kaloku iza kunzabela amagořa amatsha namadala apindileyo azibonakalisa ngokuzibalula emfazweni ngezenzo zobugořa nezobuqàwe obubalaseleyo. Nanzi se zisisipà apà pàmbi kwayo intsiba zendwe (inkunzi yona). Yoqala iwahlele ngamagama inkosi iwasondeze kuyo apà, ihleli namapàkati amakùlu, adwele amagořa pàmbi kwayo apà ngento entle. Iqale ibalise gqaba gqaba ngabukàli azintshu-

ntshe incamevu ezi. Ixela iziganeko ngeziganeko ezixela ubugoŕa kula madoda atė nxokotò intamo kule nkundla kayise. Kubetė zipalale kulilwe kwakukùnjulwa ngabasala lo mihla besilwela ezi zindwe zobukósi. Angene awanxenxeze uMntwana Omhle amawabo, angene awahlome awagqibe ewatwėsa ezi zindwe. Asilusityana nje ke olu kumfo olufakwe yinkosi yakė; waye ngomso emkósini sel' ebuya ngokuka-Tixo, kuba okwakė yena sel' esiyela ukufela inkosi yakė. Yinto eseyinokwenzakala nasemfazweni pàya. Kuba kwela cala seyijonge kupėla elinye itwalandwe ukuba kuqubisane, akasenakuhlambėla izikàli zakė ngezinye intwana ezi zintloko zizintyabontyi ngobubùmbùlu, ncama! Zikólise ukumosela ke wena zona intyabontyi kweso sindandani sakė singakó. Emva kwale nkonzo kuza kuwiswa indandalala yenkabi komkùlu ukupótula umkósi nokulungisa amadoda, nokuwabuyisa imixėlo. Lilapà ke negqiŕa ukuwakàngela la makùbalo laliwanxibe mhla wapùma umkósi, lipàtà kuwahlambà namanxeba liwatitinisha ngazo zonke ke indlela zokuba liligqiŕa lekomkùlu. Kumana ukuhlekwa kwa lapà. Kuba liza kufika awamagwala amakùbalo sel' zintikilana ezimfutshane. Kuncokolwe ngezi ndaba xa kutyiwa le nyama ingeyiyo ntsini isiqàŕala sentswahla emnandi. Konwatyiwe kusekàya ebótwe.

*Izinxiba-mxàka.*

Be kunjalo kwimixàka le kufana nokwezindwe. Imixàka ibingafane inxitywe ngumntu lo wonke kuba esityebi etė-ni, hayi. Ibisenziwa komkùlu kodwa, inqunqwe ilungiswe ngokupėleleyo kakuhle ngomtėtó wekomkùlu. Ibetė ibe yilo nto zincibi zakomkùlu zeli shishini. Kuba iya kwabiwa yinkosi ngokwayo mhlanazana utile. Inikwa kwabaqondiweyo yiyo ngokwayo, ekungenakucùlwa bani ngambuzo wakuti ni. Ibingekó le nto yale mihla asuka umntu nanko ewugagamela, ewutėnga ngemali nangenkomo nokuba yibókwe, ubone sel' ewutė nqe wawunxiba ezingalweni ngezigalo. Kuba ngezo mini ubumnandi empàkatini ukuwunzatyelwa ngumhlekazi ngesizatù sakė yedwa. Ehlani betù okwezi mini imixàka se inxitywa nangamaququluŕana nosifalutùlini! Ndashiy' abantu!

*Imbeko enkulu enkosini.*

Le mbėko ibisenziwa yinkosi ngokùpàtėlele kwezi zenzo

zokubanzabela intshinga nezindwe kwa nemixàka. Se uya kuyibona nawe ukuba yinkosi leya, kuba uya kufika ihambà geqe ngapàmbili nokuba na sukuba ihambà ngenyawo. Amapàkati elandela ngento entle engumndilili ngasemva. Nokuba na kukwèlwe emaqegwini enkomo, elayo litè qabavu ngapàmbili. Ngokunjalo ngala maxesha amahashe lipàmbili emkosini apà elayo, bekwalapà emtyinweni abalibambàyo. Kuba asingumntu wonke uya ziwa olibambàyo nangabanye. Into eyosuka ifeketè yakubona umnumzana ekwèle ihashe elihle uve se isiti, " Yihla kweli qegu mfana ndini. Siya lifuna tina zinkosi." Kàhlahla indoda itsibe pàntsi se kuyinto emnandi se ivuya, kuba iyazi ukuba iwelwe litàmsanqa elikùlu. " Tàtèli ukwèle " okanye " hambà ngenyawo wena." Yonwabe yona kuba iyazi iqegu litàtwè ngumhlekazi nje ukuba isisityebi. Yobona se ibizwa, kanti ibizelwa ukuliqùba nokuba lishunyazana lamatòkazi, se ipiwa umfazi nguyise wohlanga yena ngelanga ukubuyekezwa. Konke oku kungumbuso. Wonke uyazi ukuba kuhanjwa nenkosi nje lixesha lokuchatshazelwa ebantwini. Inkosi ibibuliswá ngumntu wonke ngesibuliso sayo esazeka kumntu wonke kobu bukósi.

*Amatánga.*

Kwizizwe ezi-Ntsundu be kuba ko imizi yasematànga okupùngulela kóna impahla yasekàya ingaxinani ndaweni-nye, kusenzelwa amaxesha ezifo nokusulelana, amaxesha embálela nenqini kwa nencà etyiwa zimpahla ukuba ingafani, kujongwe ekubeni impahla yonwabe, yande, ityebe. Amatànga sel' epèlile ngenxa yamaxesha ka-Rulumente wasem-Lungwini ; kungaba kulapo singakùmbùliyo. Kupèle umhlaba walo madlelo ngokumka kwemihlaba yaba-Ntsundu nezipalata zedolopù zabe-Lungu kwa nefama zabo eziwunqandela kuzo wonke umhlaba. Apònongeka kakùlu ke amadlelo. Kwaba ke oko kukungondleki nokuncipà kwemfuyo yaba-Ntsundu macalana onke nokuze kupèle nemizi yasematànga esizweni sika-Ntu.

*Amaleqe namaqegu.*

Kumaxesha asendaleni inkabi zenkomo be zileqwa owona msebenzi wazo mkùlu. Amaqegu lo mini apùme macal' onke esiwa eleqeni. Oko kukuti aye kubalekiswa ugqatso. Zishiyane

apô, kudume inkabi kabani ngobumbâleki, kuba ishiye ezinye ezo ibigqatswe nazo. Oko ke be lungekangeni ulimo olu nje ngoko silucâzileyo kumlesi. Umcimbi wokubalekiswa nokubaleka kwenkabi ezi wena wawubalasele uwodwa, uludumo olukûlu kumfo onkabi zibalekayo. Baya kulila abakowazo babetê babe zinyidilili ezimdaka, zibongwe inkabi kube nje. Amaqegu la kwa wona xa kufudukwayo ngokukodwa, naxa kuvunwayo ebelayisha impahla ezimpondweni nasemihlana, ekwêlwa nokukwêlwa eluhambêni nasezimfundukweni; ancede ngokuya kutâbatâ inkinqa ezindaweni ezimgama ngokukodwa kumaxesha endlala ebomvu; mzuzu zingekabi kô nenqwelo ezi nololiwe bengekabonwa. Engekô kwa namahashe la akôyo ngoku. Kuya kummangalisa umlesi wale ncwadi kule ntanga intsha yeli xesha ukulilesa ibali elingamaleqe namaqegu eliyinyaniso edandalaze pândle kwisizukulwana esidadlana esikê sawabona amaleqe namaqegu sona ngamehlo. Kuba kuhleli kuyinyaniso kaloku ukuba " Indaba yetyelo ayikôli." Ngalo maxesha siwatêtâyo ubuya kumbona futi umnumzana iqegu akwêle kulo, ufike elitê cû ngentanjana engumtyana ayinxibelele kwa kulo apâ emqêbeni wempumlo selitâmbile limlulamela ngokwanto ni na nje. Lingasakâtâli nakukundabela pâya libalekele kwezinye inkomo eziya, hayi.

*Isiko lokuxelelwa emntwini.*

Umntu osukuba eligazi lasekâya apâ ehambêle ngokuza kubona abantu, nokuba na uza ngemicimbi yobuzalwana ubexêlelwa ngesiko. Be kupâlala igazi ngokufika koligazi obengasabonwa ixesha elitile, idini lotândo nembêko elizweni. Kuza kuhlanganiswana kuziwe kubonwa lo mntu, ze kubukwane ngokutyiwa le nyama ke. Kube yinto emnandi kunene pâkati kwezizalwana, kuncokolwe kubaliselwane ukuze kuvele eli qâlo liti, " Kutyiwa ngamntu." Nokuba na umntu ohanjelweyo sel' ehlwempuzeke kangakanani na, wenza netyala ukuzamela ukuxelela umntu oligazi lakê. Oxêlelweyo ke asinyama yodwa, nofele ikwa lolwakê nokuba sisikûmbâ senkomo. Wositwâla agoduke naso, siye kuba ngumqondiso emva. Kuba kaloku nenyama le kokwakê ukuyitwâla, nanko egoduka nayo; nokuba sisitô nokuba liqûla ukuya kubonisa ekâya, lingabi libali lomlomo wodwa.

*Ubukosi.*

Xa kupêngululwayo kulandwa amabali le nto ubukôsi isuke ifane nesimiselo sika-Tixo ongumdali wento zonke kuhleliwe nje. Ama-Xôsa nama-Zulu, ama-Hlubi nama-Bêle, nama-Zizi; aba-Têmbû nama-Mpondo, ama-Mpondomise nama-Bomvana, ama-Bâca nama-Xesibe, ama-Ntlangwini nabe-Sutû, enyanisweni zonke ke intlanga ezi-Ntsundu kweli lase-South Africa azinakulilanda apô ma libe laqala kôna ixesha lokungena kobukôsi ku-Bantu. Zonke izizukulwana zezi ntlanga zixela ngakunye ukuvelela kwazo pântsi kobukôsi nenkosi ngendlela engenasiqalo sinokwalatwâ. Enyanisweni kôna nje ngohlanga olu-Ntsundu lwama-Afrika anemfuza nentsobi kuma-Juda o-Cebano (Testamente) olu-Dala abantu u-Tixo wabamisela okumkani nabagwebi. Kufumaneka kukwa njalo ku-Bantu. Isidalo somntu o-Mnyama wonke upântsi kobukôsi nobupâkati obu namaziko. Nokuba se unyusa ulande usingise e-Ntla e-Mbô utyâle ubêkise e-Yiputa nasentla empâkatini we-Afrika le abutândabuzeki bona ubukôsi balo mazwe ezitâbazi zaba-Ntsundu nje. Kunjalo nje akukê kufumaneke xesha lasiqalo basusela kulo ukusekwa ngapândle kokucingela ekutini ma ibe yinto eyimveli engenakulandeka nakumacâluza encutshe zokulanda amabali okuvela kwentlanga nezizwe. Into yona emana ukufumaneka emabalini kukufa kwenkosi ngenkosi ezidumileyo kumaxesha ngamaxesha eminyaka ngeminyaka edlulileyo zizifo, zikâli, zimfazwe nabubudala nokwalupâla. Kodwa akuko bunqina bokuba le nto ubukôsi ikê ife yona ipêle. Kududa kukwêlelana amabutô nendla-lifa zabo iminyaka le, busala buhleli bungenakucûkunyiswa nto bona konke. Ubukôsi yinto ebihambâ kakûlu nentonga, neŕele, nezikâli, imipu nenkanunu, kuba kaloku kubangiswana le mihla ngabo nomhlaba lo, owoyisileyo kwelo xesha abambê ubukûlu bobukôsi. U-Rulumente wasema-Ngesini akuba engenise indwe nolawulo lwakê e-Afrika uzame ngakô konke ukububulala abunyashele pântsi ubukôsi nobukumkani baba-Ntsundu kulo lonke elabo. Kanti ngati kum nje ngomlandi mabali okukôna abucasileyo ubukôsi baba-Ntsundu obadalwayo, kokukôna abuqinisayo ukuba ma buziveise nje ngencaso yonke kuba iyiqinisa lo nto icâswayo. Ubukôsi babantu aba-Mnyama kucacile ngoku ukuba badalwa ngumdali

wento zonke. Ukususela ekudaleni kwakė u-Adam indoda amenze intloko ku-Efa umfazi. Ngoko ke abunakuza bupėliswe nto emhlabeni, kuba yonke into eno-Tixo ngecala layo, lo Tixo ungenasipėlo, ayinakuze ibe nasipėlo nayo ngokwayo kweli pȧkade. Ma sivumelane ke ngoko mlesi engqondweni nasenkolelweni eti, " Itė kanti le nto ibubukȯsi emntwini apȧ, nokuba ibala lakė linjani na, limnyama limhlopė, isisigxina esingunapȧkade, nje ngohlobo luka-Tixo ngokwakė." Le nto ke yale mvumelwano imenza u-Tixo yena yedwa abengu-Nkosi ka-Nkosi no-Yehova wemikȯsi osezulwini.

Pȧntsi kobu bukȯsi ke, ngokukodwa kwicala lakwa-Xȯsa belikȯ ityala lokubetȧ, nelokuba, elomkȯndo, nelokwenzakalisa impahla yomntu, elokuzuma, elokuqȯmfa, nelokonakalisana, namanye amaninzi.

*Izinto ebezisakutyiwa.*

Ngalo maxesha akudala ema-Xȯseni naku-Bambȯ be kutyiwa amazimbȧ, umbȯna, amatȧnga, imbȯtyi, imfe, inqoba, inongwe namagontsi; kwa nemiti yasendle enje ngengwenye, amakiwane, amaqunube, intsenge, umpȗnzisa, intlaba, utywala bentaka, ubusi basendle, inyama yentaka, inyama yempahla emfutshane neyenkomo, kude kuye kwinyama efileyo. Kuba kwezinye izifo zempahla yakufa ibityiwa ngamayeza kulungwe kupilwe.

Sipėla apȧ ke isahluko esimnandi nesinemfundiso kunene sesitȧtȗ kule ncwadi. Esi sahluko sibe side kakȗlu siyazi. Kunjalo nje sikė sayiqwalasela into yokusenza iziqendu ezibini aya lunga konke lo ndlela ngenxa yokwalamana nokufuzana kwemicimbi yaso. Umlesi ke ma kasel' enyamezela asilese sonke kunye ngexesha ade aye kusipȗma ukuba unakȯ.

## ISAHLUKO IV.

Esi sahluko sipétè ukusibaliscla ngemidlalo nemigcobo yakwa-Xósa. Ikwakóyo pófu nakwezinye izizwe ezi-Ntsundu, kuba nakuyipi na intlalo kuya dlalwa, kugcotywe luluntu olu ngamaxesha atile. Ezo ziziyolo nezimnandi ekupileni. Ekudeni u-Xósa no-Ntsundu wonke wabe enemidlalo yakè ebisonwabisa umntu ngokupélisa isitúkutèzi isiqabule, nokufudumeza igazi emzimbèni. Yabe ikó eyabantwana yahlukile kweyabantu abakúlu. Amakwénkwe ebeneyawo yahlukile kweyentombi. Nanamhla oku sifanele ukuyigcina ihleli isetyenziswa imidlalo pákati kwabantu esingabo. Imidlalo yabakúlu nabancikane kufanelekile ukuyihlongoza nokuyilondoloza ingalahlwa ngobungako bayo, siti luhlanga lokulahla nezilungileyo izinto endaweni yokuti ixesha elizayo siliseke kwixesha letú elidlulileyo. Kumakwénkwe ukuzingela inyamakazi, umdlalo wamacongwane, owe-*boys and girls*, ibola, i-*foot ball* ne-*rugby* neminye imidlalo ifanele ukulungiselelwa eli xesha sinalo kanye. Kuba xa iqútywa ngokumsulwa ayibenzakalisi nobu-Kristu ngokwabo. Kumadoda, amaleqe, amapúlo, ukuvuma, ukubonga, ukubaleka, nokugalela intaka njalo-njalo yimicimbi emihle yokungalahlwa, koko ikútázwe siti nga ngoko kunakó. Iqegu lenkomo yinto emsebenzi mhle kunene. Iqegu liya kwélwa, linokuyitwála nempahla yomntu xa sukuba efuduka. Kuba inokubotshelelwa kalula ezimpondweni zalo ingalayishwa nasemhlana kulo. Enyanisweni iqegu ngulolíwe wasema-Xóseni no-Ntsundu epéla. Ká niye kwintlanga zase-Yuropu ezipúcukileyo nikángele kakuhle ukuba amaqegu la ziwalahlile na zona. Ukè wayibona pi na mfo ndini into emkitá uwodwa inkabi zenkomo zibaleka ugqatso? Into enika umsindo. Kuba zileqwa ngamadoda etè qiwu umnqayana umfo! Kwa into yokuqale yodwa indoda nokuba ngumfana abaleke nenkomo, afudumale ade abile, inika umdlalo omhle oshukumisa igazi, lize kutyeba lipile, lingagodoli libe licongco elikuswela impilo kukodwa. Into engalungiswayo kukwenzelwa ingutyana ezikápú-kápú kumntu oselugqatsweni ezomlungela nokuze angahambéli abantu ze ngokukodwa abase-

tyini. Kuba umdyaŕo kwa neleqe utândwa ukubonelwa ngumntu wonke. Nomdyaŕo wamahashe ukwa mhle. Unayo nemfundiso yokulunyusa uhlanga ngamahashe amahle, enzekiso nagcinwe kakuhle nangokucokisekileyo nanje ngamahashe abantu. Inkabi zamaqegu enkomo kuhle zakuhlelwa kwezokulima nokubotshwa ezinqweleni, kuba zizodwa ezilungele ukutsala, zahlukile kwezifanele ukutwâla; kukwanjalo emahasheni azindidi. Ahlukile awombalekiso kwawokulima; aye awokulima nawombalekiso ekwahlukile kwawokutsala ikari neminye ke imisetyenzana ebotshelwa amahashe. Nje ngokwenza izitena, nokujika ilitye lamanzi, nokutsala inqwelana zokutêngisa ubisi, nokutûtâ abantwana besikula njalo-njalo. Into yona yokuhlala ilunyukelwe kumasiko ase-Yuropu yeyokuba wona (imidlalo yasema-Ngesini) kunqabile ukuba yahlukane nokuhambâ nemali. Uya bona ke umbalekiso wamahashe lo ulungile. Kodwa endaweni yokuba kwanele ludumo lehashe eliwashiyileyo amanye, akanakubaleka kungekô mabâso amali ngokwemfundiso yase-Ntshonalanga iyawa yimali pâmbili. Kanti ke tîna ileqe ludumo into esukelwayo, asinto yakuŕweba mali nanzuzo. Nanamhla kusenjalo ku-Ntsundu. Amahashe asabalekiselwa olu dumo emitshatweni yasesikolweni ukwandisa udumo nesihomo somtshato wento nentokazi ka-bani. Akabalekeli mali. Ukuba kuhle kokugcinakala kwesiko lakudala, oko kukutl, lobawo! Kuba kaloku alikabikwa sidlanga nasigqwati santo; kusa kûtâzwa imigcobo nokuzimasa izisusa zasekâya zokonwaba nokonwabisana.

Ngokupêla komhlaba nokumka kwamahlati nokuzingela inyamakazi njalo-njalo, mininzi imisetyenzana yasemakâya ebisonwabisa amadoda xa kubutiweyo. Ukusuka izikûmbâ nemfele zamaxôsha, ukukânda izikâli namazembê ngemfutô, ukuqingqa induku nembâzo zokulima, ukwenza inqawa nedosha necwilika, newatsha, nemiliza, nenqwemesha, nengcaca, nezacôlo. Ukutûnga iminweba nokwenza imixâka. Yonke le misebenzi itshonile okanye ityafelwe nga ngokuba ibe sekutshoneni nasemngcipêkweni. Akusekô migcobo emadodeni, kufe nembûtô. Yiyo le nto angaqeshwanga kube-Lungu edolopini kulula ukutândana nokubutâ ngasemnyangweni weNkantini yom-Lungu kulindwe izicênene. Okanye amanye amadoda angenamsebenzi wasekâya

aye kungxungxa ezidolopini pâya, kuba kusesitùkutèzini esibi, kuba ngabantu ababedalelwe ukuya kubusa komkùlu. Enamhla ke umntu akanandawo anokubusa kuyo ngapândle kokukâtywa ngesihlangu esibunwini. Kucacile ke ukuba se ipantse ukupêla imidlalo emadodeni; se kulindeleke ukutwâla ihabursaka indoda, nanko isinga ejoyinini emgodini kube kupêla. Izikweliti zamatyala evenkile azidlali nambundlwane ke mfo ndini wakowetù!

*Nantsi eyamakwênkwe.*

Amakwenkwe ebeqala angene imidlalwana yamaxana afunda ukuhambâ ezindle. Afunda namakwêlo, axonx' inkomo zomdongwe, into yokukùtâzwa ke naleyo. Ade adlule kweyobukwênkwana obutê dlundlu afunde intonga, azingele intaka nenyamazana ngezi ntonga nentolo, nangezikâli nezikwîli. Afunde ongcakaza neceya nokukwêla amaqegu ngenqâlo nokuleqa. Adlule apâ angene kwincuku-ncukwana, kuliwe amadabi nemingeni nokwelamani na nokuculwana nokutêlekiswana nezinto ezininzi zokuqitsana kwawo. Kude kuye kunamatêla emacongwaneni nakongcengcengce. Yonke ke le nto yindlalo yosapô. Lwaye lungananzwe bani nokuya sel' ede agqebâne induma, abulalane. Oqùba aqùbe ade, akuba sel' eqinile, sel' enendevu apùme ezimpahleni ahambê ekuhilizeni kwanotânda ngokonwaba. Ade aluswe kwakubonwa angene emasutwini. Oqala kaloku afumanane nobuntu obukùlu kwa nobudoda. Namhla ahlukene namacongwane, kuba adla incum nesifuba nentloko namanqina esidodeni pâya ngasebuhlanti. Namhla apùmile kwindalo nemfeketô zobukwênkwe, alindele imfazwe kaloku. Asetyenzwa litola lakomkùlu; liya welapâ ukuwaqinisa izibindi nokuwanika ukundileka. Ozeka azekelwe ukuba eme imizi yawo nje ngamadoda onke. Aqale kaloku alungelwe yimidlalo yabantu abakùlu, ayingeniswa ngesiko lokuyalwa. Kodwa ke okwale mihla kokunye. Imeko ezintsha zangoku ezitshintshekileyo kakùlu kwezo zamandulo ziyiguqule nemidlalo yabantwana abangamakwênkwe. Ngoku se bebonela kumakwênkwe abe-Lungu, kwa nje ngoyise ukuba belunge kuhlanga lokubonela bengasenanto yabo ilungileyo bona ngokwabo. Amakwênkwe akwa-Ntu se kufuneka ngoku edlala ibôla le kutlwa yi-*cricket* ne-*foot ball*, ne-*tennis*. Kuba sel' ebutshitsha

amabästile nezipeliti, nogqupu noskotshi neguni. Amakalati asaqutywa ezidolopini, akwa butshitsha nawo noko. Isimanga imidlalo enje nge-*Kindergaraen* neminye elunge kakûlu ezintsatsheni ayinatyiselwa emakâya ngabantwana abayifunde ezisinaleni.

Kanti le midlalwana asikukô nokuba inokulonwabisa usapô, ingawenzayo nokuba awatânde amakâya, zipêle ezi zitûkutêzi zibangela usapô lupâpâzele lwakuhlangana namaxilongo asedolopini. Kule minyaka kunxâme izinto ekutiwa zipati, netimiti, nemidaniso yesam-Lungwini. Kube kuliliselwa ngokutlwa " I-Afrika ma ibuye." Eli xa singaziyo ukuba ezi ingaba zezona zokubuyiswa kwayo na.

*Eyamantombâzana nantsi.*

Kudala ngokwetû ukwazi ebeqala ekupûceni, kumana kudlaliswa ngokwenziwa izindlwana, inqâyana, nabantwana bomdongwe (esi sopopi basem-Lungwini nonodoli). Xa aqinayo omana engqungqa ngokuzidlalela naxa kungekô ntonjane. Namhla nje kukô lo skotshi nalo gqupû. Lode lifike ke lona ixesha lentonjane. Ayingene ke namhla ngokumana epêlekana, oko kukuti, ngokumana amanye eba lijaka laleyo kutômbê yona. Namhla kuza kuba sesisuseni eya kupûma kwantonjane selilungele ukwenda, umtshato nomdudo. Yoti ke mhla ipûmele emsitwêni yasiwa emzini wayo pâya nje ngenkwenkwe mhla ipûma esutwini pâya, ingeniswe kweyabantu abakûlu kwa ngesiko lokuyalwa. Kula maxesha iya isweleka imidlalo kumantombâzana akwa-Ntu xa asemakâya ngokungapêzulu nakumakwênkwe. Kuba wona amakwênkwe asakwazi ukukê uwabaqe edlala nangalo mahlamvana emitâna etyâfe kunene yimbâlela yangoku. Amantombâzana wona se kunxâme incuku zokucwishana nokutûkana.

*Eyabantu abakûlu.*

Imidlalo yabantu abakûlu yabe izintlombê, nemidudo, imisitô nemitshiliso yabakwêtâ, inkomo zamaleqe, ukubongisela, amapûlo, ukuvuma, ukuzingela nokugqotâ nezinye ke izisusa nembutô-mbûtô zoluntu lwalo maxesha akudala. Mlesi sikuxelele ngokucace mhlopê kwisahluko sesitâtû mayelana nazo zonke ke

ezi ndawo ngapåndle kwesihewula, ipûlo nengoma. Saye isahluko sesitàtû singekude kuya pi kwesi sesine. Kulapå ke ma sikwenzela ngezi ndawana ntatù zodwa.

*Isihewula.*

Intombi eyonakalisiweyo ubuntombi bayo, be kusesikweni ukuba ihlawulwe kwa ngoko ngumonakalisi. Kwaye xa itė kanti yintombi yenkosi yopûma impi yakomkûlu kwaneyesizwe se ixôbe yapėlela se iyela ukuba izitimbele. Zoti zakufika inkomo ziye kwabelwa komkûlu, kusale ezehlawulo, zabelwe inkosana namapåkati amakûlu. Saye siya kutinjwa ngokupėlana kwaso esa sizalwana somonakalisi nommitisi wentombi yenkosi, ukuze bayaleke bagcine izoni zabo kude kube sekufeni. Asinto yakå yamiselcka nanini litile ukuhlawula intombi yenkosi. Kwanelisile nokuba zitinjwe zonke inkonyana zesa sizwe siqume ububi. Kuba kwa neyomntu omnyama ikwa njalo xa sukuba yonakalisiwe. Ma bayihlawule banelise usontombi nerola lakė, noko se becenga bade balale pântsi baya kuyihlawula kakade ndifung' umntu.' Intombi yenkosi yona ayizange yahlawuliselwa, kuba isiko layo kukudliwa isizalwana esiya sipėla babetė bazidele ukugeza nokufumane benze ezintweni. Abanye abangebazalwana nomoni lowa bebe nelungelo lokuzikûlulelwa ezabo xa bazixelayo zinqinwe maxa wambi ngenkankulu noko. Pôfu ke isihewula ligama lase-Mbô kwa-Zulu ke lona.

*Ipûlo.*

Ekuzingeleni inyamakazi endle kukô inqina. Yahlukile noko yona epûlweni ngokuti qû kubuywe. Libe nenani labantu lilibinzana nje kodwa. Yaye nokumenywa ibitåtė imizana nje. Ipûlo lona limenywa nga ngoko, kwaziwe kwa ngapâmbili ukuba lingemini etile. Lufike ke usuku lwayo. Intombåzana ekûpå intonga nezikåli zamadoda yozikûpå kwakusasa nyebelele izise esangweni påya ebuhlanti ilumkele izinja zingakė ziyibone. Le ntombåzana ke inesabelo enyamakazini påya. Zaye zikûtshwa yintombåzana kuba umntu oyindoda angatyiwa enzakaliswe zizinja. Ziya kuqala ngokumbungezela zivuyela ukuba zisiya epûlo, kanti ziya mngena. Oqala apûme ke amadoda namakwėnkwe anyebeleze aye ezintongeni nasezikålini påya. Aboti

befikile bazitàtà awutsho umkwazo umntu " Awu ! awu ! " Zipûme zonke nengqeqe se zibalcka zibetê zidlule nakubo zitsho ngomtyino. Kuba nezinxitywayo zobanjwa se kukufupi esikûngwini pàya. Kufikwe ke esikûngwini abo babe nesabo. Esi sikûngu ke kwenziwa isanqà, ze kupûme abafana nokuba babini nokuba batàtû bê jaju zé basondele kwa lapà bazilalise, bazifise. Kudunywe ke " Hi-hi-hi ! " Kulinganiswa xa zifayo epûlo apó. Ingoma evunywayo ke yeti, " Yahlab' inja, yahlab' inya mazana ! " Abanye bamane bebubula besiti " Weyo weyo weyo. Mh-mh-mh." Kuqwàtywa ngezikàli pêzu kwaba bantu bazifisileyo. Kuza kundulukwa bashiywe besalele, nenduku zabo zipàtwé ngabanye, kungenwe ehlatini apó bozizuza kóna. Zomana zibalwa ngazinye inyamakazi ngamagama kububulwa kusitiwa, " Ibitê inkosi ze nize nenkunzi yembàbala. Hii." Kuqale ke kuzingelwe zibulawe. Iti yakubulawa kudunywe kutiwe, " Kunga kungakabini, katàtû ! " Inyamakazi ekufikwe se ibulewe zizinja woyibûnxa onenja ezinjeni pàya ati, " Ndafika." Ibe yeyakê ke leyo. Kupûnywe ke ehlatini emveni kokuba kukade kuzingelwa, kofika kuhlalwe ngapàndle kugwetywe amatyala enyamakazi namabango-bango egwetywa ngamagosa ale nqina nepûlo ekunye nomnini pûlo. Xa zibulawayo ke inyamakazi nganye iya xólwa. Ukuyixóla ke kukuyityumza iliso lasekunene ngomkónto kufakwe isikónkwane kwizikónkwanana ekuziwe nazo se zibazwe kwa sekàya. Umntu usigcine kwa kuye apà esi sikónkwane ezi mini. Kugodukiwe ke ziya kupêkwa inyamakazi emva kokuba zihlinziwe. Koqalwa ngesicême inqweme lemibilini yonke. Le nyama ke ityelwa emahlamvini edwabe nawomqwashu. Le nyama xa ityiwayo kupiwana ayibulelwa. Xa kutyiwa umgonyo (umqa wamazimbà udityaniswe nomhluzi wenyamakazi) imbiza iqutyudwa msinyane ngokukàwuleza akukóv' ukuyikótà amakwênkwe, ukuze inyamakazi zingababoni abantu xa base nqina nasepûlo. Eli labe lilelinye lamasiko asemanyangeni kwa kwa-Zulu awandabela wemka ngalo no-Xósa lo kwelo lase-Ntla lakowabo. Kanti ke noko ibikwa ngumgcobo wokonwaba. Ema-Hlubini yinkolo enkulu yasemanyangeni kwa-Ntsele, yaye yendele kakûlu. Kuba isemi ngenyawo nanamhla nje. Ukuba ngexesha lokubalela kwelanga, ukucela imvula e-Tixweni ma kupûnywe ipûlo

lolu hlobo nale nkolelo. Lisacelwa kumantyi, koko ke namhla u-Tixo akasayipûlapûli le mitândazo yasemanyangeni. Kufana nokuba u-Isake watûnywa nguyise ukuba aye kumzingclela endle. Ipûlo eli yabe ikukupûma kuhlanganiswane sisintu ukuba kuzingelwe inyamakazi ezindle nasemahlatini; wabe ke oko umhlaba lo usengoka-Xôsa ewumi ekwa wulawula. Be kundulukwa kushiywe amakâya ngamadoda eli qela kunye namakwênkwe kube kô nabafazana abatile kwa neqela lentombi. Abohlala eminqubeni ke bona bapêkele la madoda le nyama yezi nyamakazi kwa namazinjana ekuziwe nawo kwa sekâya. Amadoda ozingela ke ezi mini, eze ngokulala apâ eminqubeni. Eloda lipêle ipûlo nje ngokulawulwa kwalo mhla lapûma esikungwini salo mhla mnene. Zifunzwa ngezinja zibinzwe ngemikônto. Zimbi zifa zintonga nakukunqunywa. Zotwâlwa zonke imfele mhla kugodukwayo, aze umnini-pûlo azihlanganisele kowabo kuba zizezakê. Abanye aba wobabela ngokutânda kwakê. Kodwa zona ezinebango komkûlu akakukê angazisi kôna. Kuba uyazi ukuba anganakaniswa ukudliwa qwe zonke inkonyana zakê. Namhla akusekô mapûlo. Kuba ngoku u-Rulumente eyifuyile inyamakazi. Kodwa ngaxa limbi kocelwa kuye, alivumele ke ipûlo lipûnywe okwezo ntsukwana ezimisiweyo. Okanye ke umntu unokutênga ilasenisi ngemali etile nangaxa litile. Amadoda angamakâlipâ ebebonakala epûlweni kwa nje ngasemfazweni. Abonakale kwa bunje kwakuba kudityenwe nenyoka namafamncwa amakûlu kwamanye. Kuba ebe senjiwa nje ukuliwa abulawe: Soqala ngengonyama ukumkani wezilo.

*Ingonyama.*

Ingonyama ibisakuti yakubonwa esikûndleni sayo pâya ahlanganisane amadoda ayiye onde ngqo ngayo exôbe tu. Ofika akê utângo emganyana kuyo lube nesango elikûlu-isakômbê. Kukûtshwe umfana onamendu nesibindi aye ayixôkonxe ngokuyinxwala. Aze ke yakupûma imsukele abalekele esakômbêni samadoda pâya. Yovela ke mntu ndini se ingqabi, ingasanyatêli se ifuna indoda. Abe ke wona sel' eyilindele ukuze ayibinze isipângo. Okunene otsho ilale pântsi nokuba ayisatândi, iqâwuke igquma, ibôdla ngokwezulu, kunge kunyikima nehlati

lonke. Iti yakuti ngqü, uve nawe lidudume ihlati kudunywa, " Hi-hi-hi——— ! ! " Obonwa apå ke amadoda enenc ngobukålipå bawo ekulilweni eli famncwa. Le nto ibingumdlalo emadodeni ebingafanelana nenkosi le iwatûme ukuba eze ekåya nengonyama ihleli yenzeke lula lo nto. Wolibona apå ke igwala locaca. Ingonyama ibibanjiswa lula nangomgibe wo mhadi obekwe amanqwanqwa, watiwa yalayala ngamasetyana emiti ; wenziwe emgaqweni wayo apå. Iya kuti ke yona yeyele ingakûmbûlele nto, uwuve nawe lowo umgqumo wayo ufazule ihlati, kanti se kupêlile.

*Ingwe.*

Ingwe yona ibibulawa nangentonga, ibinzwe nangomkônto lo. Nakubeni ibiyinto enomsindo kangaka nje ibingakåtålelwe ngamadoda wona. Yinto ebisitsho ngelizwi lomsindo lobulo okunene. Abetê amadoda ankwantyiswe intetê. Nezinja ezi zibaleka, zincwina, zikwîna, zikåla, zicåma. Zimbi se zikwinyele imisila yazo ngokoyika. Ubetê nawe ungatåndi lakutsho. Losuka ikålipå lona londe ngayo kanti se ifile kwa bunje. Ingwe yinto ebisoyikeka kakûlu, kuba ibibaliswa umsindo wayo mhla ibambê umntu imtya ukuba imbulale. Kakade umbulali wayo wobuya eqûba inkomo komkûlu kumazingela wona.

*Indlovu.*

Indlovu le yona be kusondelwa ukubulawa kwayo kuba ibingento ukululama nokuba mbuna oku. Yomana ibinzwa bukwåbasa kusitîwa kwa kuyo, " Tafu mhlekazi omkûlu ! " Imane ke yona ipûlapûla obu bumnandi bala mazwi okuyicenga, kanti yoda yoselwe emzuzwini, ibulawe kwa koku kubongwa nokulalaniswa. Umxåka sisihombô ebe sinqabe kunene kwa nje ngengubo yengwe. Ibisiti indlovu yakubulawa epûlo, nokuba na icôlwe se ifile, mhlawumbi ibanjiswe ibitiyelwe, upôndo lwayo lusiwe komkûlu, apô incibi yakomkûlu iya kulunqunqa imixåka iyenzela inkosi. Lo use olu pôndo komkûlu wobuya nenkomo yakê egudileyo. Iya kungena ke inkosi yona iyabe le mixåka isabela inkosana namapåkati akowayo. Ngalo maxesha ubengafane umntu lo umxåka asuke pêzulu awutênge awunxibe ngokuzidla ngenkomo nemali. Ubuyekelwa kwabo

banzatyelwe ngokunxitywa yinkosi umnini-mhlaba. Umxàkà ubufana nqwa nengubo yezingwe. Kuba yona ebebonwa yinkosi emayimpê ayambâtê. Nokwambûlela inkosi ibisambûlela abodidi lwezingwe. Imixàka yona yabe imininzi kuba nendlovu zona be kungekukô nokuba be zikwaninzi. Itshitshe zakumka zinqabe ngenxa yokuxinana kwelizwe.

Kumanyange amadoda ebehombà ngezidabane zamawula namanqa, anxibe inqwemesha, indyilo, intshinga, amayila, ingcaca nezindwe. Ubabone abafazi betsho ngezibàca zenkomo nezikàka, benkontshe amapûti, incebeta zilapà, iwatsha nezacôlo zekopolo. Kuba umvambô usemzimbêni esifubeni ke wona. Ingqiti nantso emnweni esandleni. Intsimbi ebafazini namaqoqa ebepàtwà ngemini yengqongqo emitshilisweni yabakwêtà. Nantso inxôwa yebôkwe itiwe gatya engalweni inecuba, idosha, icwilika yokuqwità ; umlilo neviti likwalapà nenqawa kwa nesitshetshe kwa negxebeka ke mhlawumbi kule mihla yamva nje. Kuhonjiwe akwaziwa nokuba kupi ; nditêtà mna se kubetê kwayilo nto. Ngoku ke se betêtà ngentsebe nangemizimbà le yabo. Umntu akutshica amatê awatsile abetê abe ngumdolombà ngokukodwa onomhlantla abetê ngesihombô esikûlu. Umntu wakôna sel' etêtà ukutànda enze ukutànda. Abanemixàka se betsho umntu we tyobo icala kukêlembisa, abezidabane se bengamabûje.

*Inambà.*

Inambà asinto ebifane ibulawe ngokuzinqabisa kwayo, waye oyibuleleyo ebeyisa komkûlu ahlawulwe ngenkomo. Ayilumkele kunene kuba xa yonakeleyo sodliwa sipêla eso sizwe likomkûlu. Lo uyibuleleyo yena ubegcinwa, ze akuba sel' emdala abulawelwe ukuba inkosi ihlambê ngaye; ekoda kuye nasesizukulwaneni sakê bemana onyana abakûlu abazindlalifa bebulawelwa lo msebenzi wokuqinisa nokulondoloza amandla nesitûnzi senkosi. Esi ke sisihlambêzo igama. Isikûmba sayo be silondolozwa sinqatyiswe. Umqolo wona umbêlwe emaxàntini pàya ; ukuze nje kuvele le ngoma yaseluhlangeni kutiwa " Ngumqolo wenambà." Namhla inambà le sel' iligama lodwa ayisento isabonwayo, labe ibilifamncwa elinqabe kunene kakade. Ingonyama nezingwe nendlovu ikwa lelenambà.

Kupêle iminweba nemixàka yasema-Tshaweni nesitùnzi sobunzima basebukôsini. Se kusenxoweni, se kulil' ibùngane !

*Impofu nenyati.*

Ezi nyamakazi, impofu yamatàfa nolundi, nenyati etàndana namahlati be zizingelwa zibulawe. Be zisiti zakubulawa enqina pàya ngokuxèshwa ngamahashe namaqegu, nezinja zisukelwe nangenyawo. Ze ke zakuba zibulewe, ihlinzwe ityiwe. Ze kodwa sona isifuba umntu asise komkùlu pàntsi kwendwe nodumakazi olunje ngomntu obulele ingwe ezisa ufele lwayo. Komkùlu pàya esi sifuba sofika sipêkwe sityiwe. Impofu ibingenyamakazi inamsindo, kodwa ke yona inyati ibiyiwa ngamaroti enyani. Kuba iya kutimbisa ide itànde ebantwini yakuba itintelwe zizinja. Nezinja ezi yozihlaba, iyipôse pàya inja ngomsindo se ifile. Waye wovakala umzingeli yakuvuswa ekwàza esiti, " Bamb' unyoko ! " " Oko ke kukuti kwèla emtini onesibili, yiyo kanye." Kuba inyati yofika iwutyùde, iwusunduze ngamandla umti wapùke kwa oko ; abe sengozini embi umntu uyibone into yakô. Ibingento inanxwelera kuba yowa pàmbi komntu apà, imtwàle hlasi, impôse emva kwayo pàya sel' ebanda kade. Inyati, utètà ngenyati into emandla amnyama ? Ukwenje nje sityila ngokulanda ukonwaba nobudoda benene nokubekana kwabantu, ebide inkosi le yona itêtè nanto ni na kume ngayo ngapàndle kwamapike. Kuba inkosi le ibingolizwi lingawi pàntsi. " Kutètè inkosi, kutêtè u-Tixo wetù." Yonke ke le migcobo itshabalele namhla, yabe ke yonke ibimnandi yingoma ukugwaba. Ukuvuma oku yabe iyinto yemigcobo neyasezisuseni, apô ebekôna amaciko nentlabeli. Oliciko ebecàtshazelwa awelwe litàmsanqa, umkônto nokuba yinkomo, nokwendel' enkosini. Intlombè, umyeyezelo, umdudo, umngqungqo, yabe izindawo zale nto iyingoma. Nokuba umdudo sel' untsuku na ingoma enokuvunywa kuwo ngumdudo oko be kuse sikweni, wotsho kodwa umntu-umdudo. Ehlani bantu ndini. Be zizodwa ezosapô. Zabe ingoma ezi zibe zizodwa ezamaxesha ngamaxesha ezoxolo nezasemfazweni. Yabe kuwo onke la maxesha ingoma le ibifudumalisa igazi ; abantu badude ngamandla nomsindo, zide nezimbô nezango zipêlele. Amadoda afunze naselutshabeni eshushu encamele.

Ovel' amaqîtala xa kulapâ, xa se bebile bencenceza amanzi:—

1. Igwatyu, eyomkôsi.
2. Umqolo wenambâ, eyohlanga.
3. Umashiya-nkosi.
4. Ayigqoboki na? Eyomkôsi.
5. Ingxikazwe.
6. Unomazanga.
7. Eyonongabe.
8. Umhlahlo, eyamagqiŕa.
9. Ingula-zibâca, eyezisusa ezikûlu.
11. Ingoma ka-Mhala.
12. Ingoma ka-Ndlambê no-Ngqika.

Kuyo yonke ke intlalo ka-Xôsa, ingoma le yabe incamisile ukuyola yatsho nentlalo yamnandi kunene. Kunamhla ibange kunye nokutshona kuka-Xôsa, ubuntu nomhlaba wakê. Imigcobo nemidlalo ka-Pâlo yeminye namhla. Indodana engumshumayeli nentombi ngokunjalo iyema ishumayele pâkati kwentlanganiso yebandla le-Nkosi exube nangengwevu zamadoda nezabafazi. Intsha ke le nqubo; yeyanamhla. Esi-Xôseni igama layo kukuswela isimilo nembêko emntwaneni. Amadodana anentlanganiso zengxoxo nenqubela pâmbili zekonsati (imiculo), zebôla, nezentenetya njalo-njalo. Apô kukûluleke wonke ubani ukuxoxa apêndule okanye atsho ingoma yakê. Se zandile nentlanganiso zentombi zomanyano lwazo nezabafazi, imikwâ ke evumelekileyo namhla. Indoda se iyingwevu nantso e-Rawutini emsebenzini kwa nengwevukazi ngokunjalo. Into entsha yonke ke leyo. Siya têmbâ ukuba ke nawe mlesi woti usiya kuyipûma le ncwadi, ube se ubona okanye se uqonda ukuba lo ngu-Xôsa no-Ntsundu wanamhla. Ungahleka uhleke xa uvela ulutsha lwezi mini luzama ukuvuma ingoma oluti "ngumqolo wenambâ" se idlalelwa noluhadi lwasemlungwini usuke uncame ukuncama!

Umnqweno omhle wabalesi bale ncwadi iyi "Ntlalo ka-Xôsa" wokunga ezi ngoma zesi-Xôsa nge zilinganisiwe ngeyona ndlela yokuvunywa kwazo zabâlwa kanye ngendlela ezabe zisakuvunywa ngazo kumaxesha omawokûlu kumandulo nasendaleni; Zada nokwenza zabâlwa nange-*notes* zo-doh reh meh (d r m)

njalo-njalo ukuba oko kunokwenzeka, ukwenzela ukunika isizukulwana seli xesha (1936) inkokelo etile nengumendo otè gca, nokunqanda inkani namapike, ukuze kungapikiswana kuxutyushwane, kude kuvelwane kuxatyanwe. Kanti kuyo yonke lo ngxobotshane akukô noko amnye ngomnwe lo osemgaqweni wento. Koko bonke batyandula behafula emaqundeni ngapândle kwendlela enguhola lo. Lo mnqweno ke awubanga nakuhlangatyezwa nangentwana encinane nje ngomcwi wonwele olu ukusula ukubila. Mna mbâli wale ncwadi ndizame ngakô konke okusemandleni omntu oyinyama kwa pâmbili, nakubeni ndingapûmelanga nangesuntswana elimbâla kule njongo. Ngesizatû sokuba amanyange abesazana nezona ndlela zokuvunywa kwengoma zasema-Xôseni ekudeni pâya akusekô nelokubika elinokufumaneka kule mihla yokânyo nenqubela. Naku-Mqolo wenambâ lo neyomdudo se kupikiswana kube yilo nqulequ, ubetè uncame nawe sikutyele tina bomtina. Kupâtâ kutiwa zindlela ezintsha zokuvuma nasebu-Bomvini pâya, kuse kumabôtwe lawa namakomkûlu a-Bantu. Umntu uba mnye oyelelisayo kanti naye uza kupâmbâna nogxa wakè wesibini, kuhle isipiti-piti kwa bunje nengxovu kona kowesitâtû. Kube nje ngoko nawe uqondayo kungazanga kowenu kwabalwa zingoma namaculo kumanyange ukuze sitâtisele umkôndo wento. Amaculo nengoma zesi-Xôsa ndiya tèmbâ ziqalwe e-Lovedale nakwezinye izikolo endingezicâni kamnandi ngoku nati aba se siko ezweni se sisitya imbâtû nenkobe zombôna. Asinalo netshengele eli kona kumandulo. Nditètâ yilo nyashawe. Kulelo muleshe. Kubonakele ke kungekuhle okanye kungebi lusizo mntwini ukufane sikôhlise amawetû ngokufane sipapashe indlela zokuwavuma ekusapikiswanayo ngazo kungekô namlamli kwelo pike. Ndibone ke ngoku ukuba xa kunje kukulo mqatângo ulucinya, se inye qâ into endingayenzayo nje ngombâli wencwadi, kukusuke ndivume ngokusemhlotsheni ngqanga ukuba asikukô nokuba andipûmelelanga nomzamo walo mnqweno. Ndaza kwakuba njalo, andakutânda ukufumana ndifelelisele ; hleze ndixabèle incwadi yabantu. Kuba nam ngokwam awundikolisi nganto umtyuba wento elijavele. Ndaye nomzi wakowetû ndingatândi kuti ndiwuqâtânisele nganto, kuba uza kulesa le Ntlalo ka-Xôsa use kwizizukulwana ngezizukulwana.

Tar̃uni ke zinkosi zam. Lalani ngenxeba kôna kule ndawo. Andenzanga ngabom ke nam. Kukunqatyelwa. Ndixingwe yinto nam nje ngomntu wonke emveni kokuba ndibe ngati nditi ni ngale nkalo, ncama! Landikôhla andafumana ntunja yakupûma.

Ngengoma le wenje nje ukutĕtâ yena u-Professor D. D. T. Jabavu wase-Fort Hare: " Nje ngomntu omtsha mna andizazi zonke imvumi zengoma zesi-Xósa. Kuba ndivele se kukudala kuvunywa, se kukó nengoma ese zayekwa ndingazazanga ezinje ngezo zixelwa ngu-Richard Tainton Kawa encwadini yakê apô ati se zayekwa ingoma eziyole kunene ezinje ngo-Magwaza, Wankuntuza, u-Mqolo wenambâ, i-Ngxizakwe, u-Mandwandwa u-Nkosi-bayibeke-ndingatsho, u-Yingwe-uyingwana-encinane, u-Nomtatsi, u-Mazantsana nezinye. Mna ndiqâle ukuqonda se kuculwa ezika-John Knox Bokwe, ezininzi kanga ngokuba namhla ziyincwadi enkulu ipêla egama liti *Amaculo ase-Lovedale.* Ekukô neka-Ntsikana kuzo. Nazo ziliqela. Kwakôna ndibe se-England iminyaka elishumi elivayo; ndaba ke ndiya hlukana mpela nokuva ingoma zamawetû kulo minyaka (1902-1914). Ekufaneleke ukuba kubuzwe bantwini bambi ke apâ ngumhlobo wam lo u-Burnside ka-Soga. Ekufikeni kwam ndifike kuvunywa ezika-Reuben Caluza ezimalunga nekûlu ngobuninzi. Nazo zashicilelwa zayincwadi enkulu yada yapêla. Pêzu koko ndingumntu ohlala pâkati kwama-Gwangqa oziva mhla lowo ingoma zamawetû angama-Afrika. Ekuqâwuliseni ke ndiye ndive eka-Albert Jonas yama-Gor̃a e-Mendi, neka-D. G. Manana eti, " Ndingu D. G. Manana," neka-Lodvyk Dambuza eti, " Banoyolo abangcwele." Nezika-Ben Tyamzashe wase-Cala oqambê into eninzi yazo. Ezide ezinye zazo zashicilelwa e-Lovedale e-Dikeni. Ama-Xôsa ayifundele kakuhle ingoma (*music*). Ada apûmelela nesiqiniselo se A.T.C.L. sapesheya ngu-Griffiths Montsieloa no-Ben Tyamzashe no-Hamilton Masiza uMakônza ititshala yase-Kimberley nayo ekwa ngumqambi wengoma ezimnandi, kodwa ezinzima ukuvunywa ngapândle kokuba i-Choir ibe yefundileyo. Omnye umntu ongoma zitândwe kunene ngu-M. Myatâza naye ozishicilela e-Lovedale ezakê. Zininzi nezinye inkunzana ezimana ukuvakala ziqambâ ingoma nje ngo-Herbet Tyamzashe, Lizo Gonya,

Ashton J. B. Gontshi nabanye. Abona bantu baya kuzazi kakuhle i-*Composers* ngabo ndibakânkanyileyo ngentla; kuba baya wazi la maculo. Ngecala lokuvumisa yintlaninge abantu abazincibi zalo nto endikûmbûla abafi o-Josie Mpinda, Sogobile Binase, Paul Xiniwe, J. Nywêba. Nabasekôyo o-Bain Nyati, Cleopas Xabanisa, Edward Maliza, Martin Mpondo, Abner Mbuli, Wilson Mafanya, L. Dambûza, G. Mgobiyane, Barbour Bôkwe, J. Kôkôzela nabanye endinokùbuya ndibakûmbûle xa be ndinexesha lokuyicingisisa into yale nto. Kodwa ezona ncutshe zokuvumisa ingoma ezinqabileyo ezifunde ukucokiswa kwe-*Sharps and Flats* zimbini kupêla kwabo ndibavileyô ngezam indlebe ngu-Masiza no-Ben Tyamzashe.

Ingoma ecikizekileyo kwcli e-Bantwini aba-Ntsundu ipâya e-Transkei kwinkupiswano yama-Kâka pântsi kwe-*Inspectors*. Kanti ke noko nje ngoko se ndixelile bakô nabanye abakwa njalo nakwezinye indawo. Abanje ngo-Percy Mama e-Kapa, C. Sigila e-Dikeni, Mrs. Henrieta Marâmbâna e-Ngqushwa, Ishmael Nompâti e-Bloemfontein, Chief Shadrach Zibi no-Chief Mogale base-Rustenburg e-Transvaal. Ma ndipêle apô."

Naxa u-Professor engabacalulanga abangamacûle okuvuma i-Soprano ne-Tenor, ne-Baas njalo-njalo, nje ngoko be ndiya kutânda enze amagqaba-ntshintshi namavikela ntloko nakwezo ndawo. Ndimbulela ngokungatêtékiyo ngoncedo olukûlu andenze lona ngesisa nobubele obungaka. Mna ke mbâli wale ncwadi ndipâwula abantu bokuvuma i-Tenor umfi um-Vangeli u-Jonathan Mkwâne, no-Rev. John Jorha ukucapûla nje kumawetû. Nditâtê u-Mfundisi Mdolombâ no-Mfundisi Wm. N. Bottoman u-Nkosi Shady Zibi ndimenze iakstrose yabo. La madoda maninzi pôfu. Angabâsa umhlaba ucandeke intanda ukuba awuqêkekanga dad' etû !

*Ingoma, Ingoma, izicagoji nezicukujeje zayo.*

Kule ngongoma yemvumo ye-African Eisteddfod ekungakûnyushwa ngokutiwa yi-Ngqungqa Yendyondyo Yengoma za-Bantu epâtêlwe apâ ngumseki nomququzeleli ongu-Mark S. Radebe umyeni wakwa-Ngqika ose-Rawutini ngokuma. Ekubonakala mhlopê ukuba esi sikâkamela somnumzana kudala efukame nento ngobunto namahlakani angumřwařwařwa nama-

qogi angabaxási abazibopélele ngeminxeba okwentlaka nexolo. Isinama nengwane kulo mcamango upåkamileyo wokwenza ingoma zobu-Afrika ziqanjwe zivunywe ngokwesoko lakowazo zingangxengelelwanga nazango, nazafobe namagobotiti om-Pésheya. Senza eli nqaku ngombulelo kum-Dali, umfaki weshologu eli ebantwini. Ukuba nati nje ngabantu ke sipåkamise izipiwo zobumvumi esadalwa nazo ngu-Lowo ungu-Lowo ngokwetù. Esinceda ngokwetù ukuzama nokupatalaza nokupåncaza singancediswanga sayawa menyekwa ngum-Lungu. Kucace ngokusemhlotsheni ukuba ngalo December ka-1933 (II) ikåba lakowetù elilihlokondiba elimnandi likunye nentakazana eziyimilonji loké livonye imvaba yogadla kwisibozi sengoma ngokungenamatånda, matidala, namagukwe e-Rawutini kotånda ukutyebisa indlebe. Lwaye nolu gadla ndini eyona nto intle, ibukekayo nencamisa umxélo; lode lukùpé igori neguncu (Dr. Rubusana). Emntwini kokùtshwa into eyavutwå yaqokola kwa ngo-Nowa (kwa elika-Dr. Rubusana). Ipùma se ingumsinandozele ngokwamasi emvaba evutwé ada anentshiyi ndikuxelele mna mntu. Unje na kuhleliwe nje mfo ndini ka-Radebe! Uté kanti uvutélwe påkati nje ngevatala na kuhleliwe nje? Tyapile wena wazitåtéla umlonjikazi Kokwetù Kwam uhlale umane ukuntyingozela ku-Maqåshu asekåya (Staff Music). Ze kanti owakuva Ebukwéni la mhla wapåndlwa yinto ongayiqélanga esweni, lisekó mhlawumbi nexègo elingu-B— akukucima kupépetéke nje ngantlantsi yadosha!

Kuhle kuba kweli gama liyimbålasane liqela elikùlu ijaka. Alapó se uvile amaculo o-Ben Tyamzashe, Hamilton Masiza, Reuben Davies, R. T. Caluza, Professor R. P. Kirby D. M. Ramoshoana. Zilapó i-Zulu *Glee Singers* ekutiwa zi-Moonlight Stars, zilapó ingoma ezidumileyo zo-Moses no-Seth Mpåhlele, Enoch Sontonga, G. W. Xalla. Se kuvele ezi; Ivoti, Emnqamlezweni, Bantu Opera, Nkosi sikelela i-Afrika nenkungu nelanga ezinye. Aba bantwana bezidwangube batwétyulwa bahlokozwa kwakudala ubona nje wena ngamaculo ase-Lovedale ka-Rev. J. K. Bókwe um-Bambå osabambé kwe tshilikixi unangoku sitétåyo. Ndingababala ndibati nqa na abafo nentokazi ezité kanti zinkibitsholo nenjojeli zokubongisela kweli simi kulo. Ekuté kanti zimvumi zodidi olupåmbili nje

ngolibo lwento. Kudibene kweli linga ama-Zulu, amaXôsa, abe-Sutû, nazo zonke incutshe. Wena waqêla ukudla umvubo zinjojeli, intshatsheli nenjajula zodwa zicôngiwe. Kusekwe pêzu kwengoma zama-Afrika, zivunywa ngabanini-zo kowazo. Zivunywa ngabantu ku-Ntu nangesi-Ntu kwelakowaso. Abantu benziwa bantyingoze banqongonqe ngabanye, ngababini, ngaba tâtû, ngabane njalo-njalo. Kupâtwâ kungqungqwa, kudyushwa kugwatywa, kuqwâtywe ngezandla, kwenziwe ni, kutiwe ni. Yimbâli, Mahote. Alapô awemvula, nelombuliso enkosini, nelo-Zemk' inkomo Zinto ndini, alapô awentonjane nawencôngolwana zama-Lawu, naba-Twâ. Kutâtiselwa izimbô zokugqwesana nokudlisela ngentetô entsha ucel' amehlo nakubazalwana e-Merika pâya. Nditêtâ yinto ngobunto bayo ke mntana ndini. Yintyunkula; kuba kutyilelwa pândle ihasa nelifa lengoma alifihle kuye apâ um-Afrika izizukulwana ngezizukulwana. Zingoma zokubongisela, zezemfazwe. Zezobuzwe, zezasepûlo, zezamaxesha ezimiselo, ngawezililo, ngawokunyamezela, ngawosizi, awemfundo, awemigcobo nemisebenzi, nawabantwana.

Andinakulishiya elika-Albert Jonas apô kwatshona i-Mendi, apo kwatshona um-Fundisi u-Isaac Wauchope neqela; u-Dyoba wodaka, igoŕa lamagoŕa kwi-*English Channel* emka namakûlukûlu emipêfumlo awayengumtândazeli wawo emkôsini apô. Nanko omkûlu eyenze utêlele-mvubu ngokuka-Samson inyatî yakudala (aba-Gwebi 16, 30). Amadoda aluvuko luselwandle ekupûmleni. Imizimbâ yenu ingamana ibûncwa-bûncwa ngabantwana nabafazi, ukucinywa amehlo mini umntu ati nywashu. Koko asuka wona ahambâ ngqo ukusinga ezulwini. Kuba efela edinisweni elingcwele lomhlekazi Joji V. Wena wabona u-Yesu enyuka emva kovuko! Tîna siya kumana simbiwa nangabatâkatî besicwiba imizimbâ. Kanti liligqwiŕa nje liyoyika elwandle ukusondela kwa-Cihoshe.

Kulo mfo ka-Radebe, kube kuhleli kusazeka ukuba u-Tixo ngamntu utile pâkatî kwetû apâ woza ayisuse jwi pâya ngelanga ingcambâne nesigcobo kube kukuvuleka kwalo mgodi wengoma. Umsebenzi olishishini nempilo kôna ema-Ngesini wakulandelwa ngenkutâlo nozingiso. Ngoko u-Mr. Radebe neqela sibayaleza shushu kwintsikelelo zo-Sombawo. Wanga ke u-Tixo woyise

angahambá nomzamo wabo ozukileyo, ingoma zabo zishicilelwe, zitèngiswe bazuze ulutò, abanike amandla ngokwakè ukuwafukula amakàya nobukòsi. Abantu nabantwana nebandla lakè lipèla ngemirube, ingwali, intambùla, nehadi ezitsalela ekàya lokupùmla Pézulu e-Nkosini, apó amabombò nomtyiso welizwe lonke se ujonge kôna. " Vuka Debora hlabela ingoma." Betà intsimbi ngo-Sele kuba se zikànya ngoku impondo zenkomo kuya sa. Nantso ke intshotsholozi yakò !

## ISAHLUKO V.

Esi sahluko sona singena sisibalisele ngobukumkani buka-Xôsa (u-Ntsundu) kwa nokutshabalala kwabo. U-Xôsa lo wena wabe ebubukôsi kwa semvelini endaleni. Ubendidi mbini, inkosi namapàkati nabamnyama. Ubukôsi obu yabe iyinto yabanini-yo kuba ebekonyana benkosi oyena wolandela uyise ebukôsini abengulowo uzalwa yinkosikazi ngokudalwa nokuzekwa eba-Tênjini njalo-njalo. Ube senje nje ukungeniswa nokumiselwa kwakê ebukôsini bakowabo. Ekubeni ibûbile inkosi enkulu enguyise wâle, ekuzeni kwaluswa kwale nkwenkwe nomntu oyibambêleyo ebukôsini bayo. Bebehlanganiswa bantu balo mzi babikelwe eli nyatêlo lale nkwenkwe yenkosi za kwaluka. Yoti esikweni pàya inikwe inkabi yayo yenkomo, tiywe igama eloba ligama leli komkûlu lale nkosi intsha. Akuqondi na wena sikulinganisele kwa-Rili apô kukulo-Tiso, kwa-Mapàsa kukulo-Gaxa, kwa-Kàwuta kukulo-Gojela, kwa-Xôxo kukulo-Tshazi, kwa-Sigcawu kukulo-Zulu, kwa-Hintsa kukulo-Mali, kwa-Bufu kukulo-Dungashe, kwa-Sandile kukulo-Mbêde, kwa-Anta kukulo-Gwelane, kwa-Ngubo kukulo-Ranise njalo-njalo. Ikomkûlu litiwe ncatshe ngegama lala nkabi isisimiselo sobukôsi. Mhla ipûma esikweni inkwenkwe, zomenywa zipêlele izizwe, ibe mhla yasiwa esikweni yayikêtêlwe abantu bokuseka ubukôsi bayo, ize kuyalwa namhla inikelwe ubukôsi bomzi wakowayo kusitiwa " Nango ke umzi wakowenu, uz' ungawucitî." Ukwenje nje ke kukuyibeka esihlalweni sobukôsi. Unobambêli wosel' eba ligosa elobehle nalo lishenxele bucala. Yinkwenkwe yasekunene enobukôsana obutile pàntsi kwale nkosi inkulu. Eyesibini indlela yokumiselwa ebukôsini yinkosi eyaluswa uyise esekô, kuba mhla yenziwa isiko ma ibikwe nayo ezinkosini ezinobudlelane nendibano neli xànti. Esutwini pàya yoyikûtshelwa inkabi yobukôsi eyoda yalupàle ekàya apà. Yonkê ime ubukôsana bayo, kanti yobunikwa obukayise mhla uyise wafa. Iqale ke namhla iyalwe ngokutsha kuba inikelwa ubukôsi. Ma kabe kô apêlele onke amahlelo obukôsi abenabameli abazintloko ukuze iqûbeke isesikweni le nkonzo. Oyinkosi ubebekwa

kunene, umntu ongenagxeke nahlazo nelani ohlaliswe kanyé kwiwonga lobukúlu nobukósi baké. Ubukumkani buka-Xósa babubukumkani obuqulungeneyo. Inkosi le ingento ukuvana nokutândana nabantu bayo. Inkosi ibinguyise wesizwe kanga ngokuba umfazi oyinkosikazi, oko kukuti, oya kuzala inkosi anyulwe sisipâkati, aze kanti wolotyolwa sisizwe sipéla sale nkosi, kuba engunina wesizwe wokuzala uyise waso. Le nto yabe ibonisa ukubekwa nokutândwa ebitândwa ngakó inkosi le. Ekwandeni kwenkosi nobukósi bazo ma kupâwulwe ukuba icala lasekunene linobukósi balo obuté geqe kobecala elikúlu. Ubukósi bakwa-Xósa buqékekene ku-Rarabe ukunene kuka-Gcaleka kwa-Pálo. U-Maqoma kukunene kuka-Sandile kwa-Ngqika. U-Buŕu kukunene kuka-Hintsa kwa-Kâwuta. La macala ngawasekunene onke, yaye ibubukósi obuhle nobuqinileyo kuba busekwe esikweni lasendaleni. Nakubeni ke kodwa bungafezekanga ngokomgca, kuba ama-Tshawe ezizinci okanye amaqadi kwa-Xósa. Yabe lona kodwa ulawulo kumzi o-Ntsundu lwaluhleli lusemapâkatini kwa semvelweni ka-Ntu. Kuba ingabantu ababengumpéfumlo wenkosi kwimicimbi yentlalo neyokufa kwelizwe ebigqitywa ngawo. Kuvunyiswe nasenkomeni yetola pâya lakomkúlu. Inkosi ibingenakwenza nto ngapândle kwamapâkati. Kwaye be se kufana nokuba amapâkati la zezona nkosi, kuba be kusenzeka intando yawo entlalweni apâ. Inkosi ibingento ipâtwâyo nanganto ni. Be kusuka kumangalelwe lo mntu ihambâ naye mhlenikweni ibanjwe emfazini womntu nenkosi imgwebe ngelo sheyi. Ekanti ke ziza kupúma kwa kuyo ezo nkomo. Be kunje ke ukuhlonelana ema-Xóseni nje ngakwinkoliso yezizwe zakwa-Ntsundu. Isipâkati saké intungele pézu kwenkosi, yabe into yonke yonganyelwe ngumtétó wakomkúlu.

Namhla lo mbuso ubújiswe nga ngobungakó bawo ; zabe ke imfazwe zo-Hintsa 1843-5 ; zama-Zembé 1846, zo-Mlanjeni 1850,. O-Nongqawuse no-Ncâyecibi 1877-8, o-Manz' abomvu; o-Borsiki, o-Lindipasi ne-Isikoso lilibali losizi efe ukufa nje u-Xósa lo ; walahlekwa nangumhlaba waké. Incitâkalo nembúbo yokufa kwenkomo nokulahlwa kwamazimbâ ngeSihelegu so-Nongqawuse asinto yoza ilibaleke kude kube kwimpunde yokupéla engu-Xósa kweli pâkade.

*U-Nongqawuse.*

U-Nongqawuse lo wayeyintombâzana ecwêbeni le-Gxara kulo mhlaba wakwa-Centane, yintombi ka-Mhlakaza wasema-Mfeneni. Le ntombâzana kuqala kwavakala ukuba itêtâ-têtâ izinto ebantwini isiti, " Ibona abantu, abantu eti, " yimpi emnyama " ngezitûnzi bambêtê ingubo zeminweba yenyamakazi. Yada ke inkosi enkulu u-Rili kanti kungaziwa nje unyebeleze waya. Kutê gqi udaba lokuti, aba bantu bati, " Ma kulahlwe ubuti, kuxêlwe inkomo ukuze bavuke abafileyo. Nazo ezi zixêlwayo kunye nenkomo zonke ezakâ zakô zakuvuka." Kutê kwakuba mzuzwana le nto itêtêka kwavakala into yokuba " ne-bôkwe ma zibulawe, amazimbâ aletwê alahlwe kuba aya kuba-qûqûmbêla abantu la madala ngexa lovuko." Kwati xa kulapô kwavakala into yokuba abaxelayo baya kuya kwa-Sifuba-sibanzi, ze abangaxeliyo bona bahole baye Erwexwini elingu-Satana; yaye ke ingama-Tâmbâ nama-Gogotya amagama umzi owawu-qêkekene wangawo. Yakuba inkosi enkulu yesizwe ikholiwe, uhlanganisiwe umzi ngokuxêlwa kwenkomo wadubatêka wayilo nto. Uye wabika ku-Sandile u-Rili. Bavumelana. Zaza inkosi nangona zazingayiqondi le nto zatômalalisa zazixêla inkomo. Inkosana ezaba ngamagogotya lo mini zaba nje nge-zinto ezipôxeke ngokungena ncazelo. Kwezama-Gcaleka yaba ngu-Sigidi, no-Mnzabele, no-Mneke ezingaxêlanga. Asicani kakuhle kwicala lama-Ngqika. Waqûtywa ke lo msebenzi wenxela-nkomo akwalinywa nokulinywa lo mnyaka. Ezi nkomo ke azityiwa ziya lahlwa kuba zingamawaka-waka, kungekô nexesha lakuhlinza kutyiwe nyama. Kutê xa kulapâ; kuba kulivuso nofuba lokulindela ukuzaliseka kwento eyimôkoma kwanda nobuxoki. Uve se kuncokolwa kusitiwa " Uti ubani ukê wabona uyise pêzolo nezinye inkomo zakowabo kwezindala." Ebe kungati nokuba kubutiwe kwa-bani ngamadoda laza ilifu, nje ngesiqêlo lenza isitûnzi emmangweni pâya, sabaleka naso siya kutshona ngelc, se kuncokolwa kusitiwa, " Ke sabona nento eye yatshona pêzu kommango kabani pâya." Ulwimi lwabetâ bazala kukuveveza noku ntola abantu. Ezi nkomo ke zixêlwayo mntu ndini, inkankane zazo ziya hlahlwa zayanyiswe ngapândle esinqeni samahlahla. Kutê ke xa kulapô kwafu neka kumbi we izisele ezitsha. Kuba lo mbôna uza kuvuka, woti usicûba

isikwêbu usijikela ngapâ; abe sel' ebuye wahluma umbôna wè mohlo ngapâ. Kutê kulapâ kwavakala ukuba "Gqibelani ngoku ukuxêla kuba abantu beya kuvuka ngosuku lwesibôzo." Kwanezwa ngokuti, "Ilanga lo mini liya kupûma lihambê umganyana, lijike libuye liye kutshona kwa semva kube ngumnyama. Ma kulukwe ingcango ziqine, kuba inyamakazi namaŕamncwa ascndle akunyakazela pâkati komzi enzakalise." Zipêlile intsuku ezisibôzo zingekapêli inkomo ngobuninzi. Ifikile ke imini yesibôzo engaliyo, lapûma ilanga se belinde bonke, lenyuka lona ngqo alajika, lada nanko liya kutshona nje ngesezolo. Kutê kwakuba lapô, zibe inkomo zingapêlanga kwatêtwâ elokuti, "Kutê kanti kupôsiwe. Ma kuqatyelwe inkomo zigqitywe." Zaqala zapêla ke inkomo ebantwini. Baŕomelane zityiwa ngoku se kuyindlala, kwaqala kwapângwana inkomo zixêlelwa indlala kaloku. Zitê zakupêla inkomo, yakungena indlala ebomvu akwaba saba kô bûnga. Wasuka lo wacitâkala wasinga ngapâ nakwantombi eba-Tênjini, napi nasebukwêni, nakulonina apô aqonde kôna. Wafunga apô ke u-Buru umfo ka-Kâwuta esiti, "Nento andisokuze ndiye kukônza mntwini. Ndiya kufela apâ enxoweni lam." Utsho ese-Ndakana e-Tsomo. Watsho okunene wafela kôna eno-Dengana nomkakê intokazi ka-Mbutô. Kwaya kuncwâtywa amatâmbô e-Kôbonqaba ebutwâ e-Ndakana, ekubuyweni ngo-Rili nesika-Mapâsa bevela encitâkalweni; yanje ke into yo-Nongqawuse. Kwatêtwâ into ngento ngaye zokuti, "Ufile, nanku ebanjwe ngabe-Lungu." Kanti usekô yena okwelo xesha. Imantyi yasema-Xôseni u-Tshalisi obese-Gqolonci woyiswa enze onke amalinga okutiba nokutintela ukuba kungaxêlwa. Ati eku-Sandile abe eku-Rili. Woyiswa undoyisiwe. Kwaxêlwa kôna. Baye ubumantyi belo xesha bebulawulwa bubukôsi. Nje ngokwemfecane yase-Mbô babetâ bangamaciti ema-Xôseni batsho ngapândle kwemida yezwe labo, zazimpanza; nga ngokuba ukuba lalingapêliswanga litshitshiswe igama lobu-Tâmbâ nobu-Gogotya, nje ngama-Mfengu ahlalwa lelo gama lokucitâkala kude kube nanamhla nje, nge kwabanjalo nakuma-Xôsa. Kuba ngelo xesha ama-Xôsa ayeya kuzixela ngobu-Tâmbâ nobu-Gogotya akulandwa. Amagama awayeshushu isilongo-longo esi lo mihla, ebucimile bapêla ubu-Xôsa. Kwatiywana lonke

eli lasema-Xôseni pezu kwawo ngonawe-nawe wentlekele. Kwabetâ i-Tâmbâ lancatâma etâmbêni, i-Gogotya egogotyeni. Koko ama-Xôsa izilumko zona azixelisanga aba-Mbô bona bazihlalisa ekuzibizeni ngegama lokucitâkala lobu-Mfengu. Igama lexesha elitile elalimelwe kukubulawa nalo life lakupêla elo xesha xa abantu se besemakâya. Ama-Xôsa wona atê kwa akubuya encitâkalweni yo-Nogqawuse (ubu-Tâmbâ nobu-Gogotya bexesha elitile) akâwuleza azibiza kwa ngobu-Xôsa bawo obudala, ebaleka amagama okucibisana nokugxekana kuba enokuhlala evusa ububi ngokukodwa kwizizukulwana. Umzi wakowetû wase-Mbô uya kuyilungisa nini na le nto? U-Nongqawuse ngalinye yinto eyaba sipêmbâ sentlekele; elwati uvuko ebe lutêtwâ lwaguquka lwayimbûbo yendyikitya yokufa. Yati indyebo yentlutâ ebitêtwâ, engenga ngandyebo yakâ yabonwa, yajika yayindlala ekungasokuze kwelasema-Xôseni kwalanywe efana neka-Nongqawuse embâlini. Lo mini kumhla amanene ohlanga afela emimangweni ezintlanjeni nasemifuleni kupêlelwa ngamandla nakubulawa yindlala. Umdlezana afunyanwe sel' elugodo efile ecaleni lendlela. Lube olo sana, unwabu olungamatâmbô la wona lusafelisele ebeleni elingasati pekete nto. Kumhla kwati ogaleleke nenyamana enga nge-sandla esi yapêkwa ngembizakazi enkulu emayitiwe wu izale ngamanzi kusenzelwa umhluzi. Kanti abantu baya kuwu-gqiba bewupûnga. Kuti mhla intsenge nemipûnzisa, ingwenye nemibinza, amakiwane asendle nezaqoni kwa nezinye ingcambû zemiti yasendle zipêlileyo, kubiliswe nesikâka esidala somfazi kudityaniswe neziqwengana ezidala zemfele zebôkwe kusenziwa umhluzi bapile abantu. Yinto eyati intlutâ xa iqalayo kwa kokôna bapêlayo abantu kukufa, kuba izisu ezi azisazani nento etyiwayo sasinkamalala senkinge eyintsinda-badala. Yincitâ-kalo eyabulala abantwana benkosi namanene yabetâ kwayilo nto. Labetâ letâ namhla iratshi lobuzwe, ukuze nje ama-Xôsa agqobôke aqale ukulamkela ili-Zwi lika-Tixo ekubuyeni kwawo encitâkalweni ka-Nongqawuse. Nje ngaba-Mbô aba kuba baze kugqobôka kakûlu emva kwencitâkalo ye-Mfecane ka-Matiwana se bekweli lase-Zantsi. U-Nongqawuse asisihelegu sakuza silibaleke ebalini lasema-Xôseni. Laba liyelenqe elide lifane nento elicebo lotshaba lenzelwe ukuqêkeza ubukumkani

obabuluqilima obuqine kunene, ekubeni babuhleli buzondwa zintshaba ezingabangeni. U-Rulumente welo xesha wenza uncedo lwemixésho yenkinqa zokutya, kwa ngokunjalo abafundisi bokuqala bemishoni zelasema-Xóseni. Bahlangula isininzi kwimipéfumlo ekwa kungekó têmbâ limbi. Lonke ke olu ncedo lubuleleka ngokukúlu kwezi ndidi zikânkanyiweyo egameni lika-Ntsundu epêla.

Kungaluncedo mhlawumbi xa silapâ ukwalamanisa ibali lika-Nongqawuse lika-Bekek. Chs. Brownlee wenje nje :—
" U-Nongqawuse 1856-7 wayesiti udibene nemipéfumlo yamagoŕa asema-Xóseni ebuhlungu lakucitwâ lenjiwe nje elakowabo zintshaba. Abe ke amagoŕa lawo engenakuhlala ati cwaka kunje, ezimisele ukuza kuhlangula usapô lungatshabalali. Baza kubuyela kwa senyameni yabo. Kodwa bokwenza oko xa uhlanga lwasema-Xôseni lutshabalalise zonke inkomo nenzala yazo kusale izinja namahashe. Onke amazimbâ nokutya kwalahlwa akwalinywa. Uvuko lona luya kwandulelwa sisivutû-vutû esikûlu somoya esotshayela kuti tu onke ama-Xôsa angalilulamelanga ilizwi leminyanya leyo." Kuqala uhlanga lwakwa-Xôsa lwati nqadalala le lidini libanzi kangaka. Zaqala indaba zezimanga ezalanywe ngabantu ngakwa-Mhlakaza pâya. Bepâtâ kuti, " Zibonjwe impondo zenkabi zenkomo zivele ekâmangeni, nenkomo ziviwe zincwina ziquba izigodlo emqolombêni opântsi kolo lwandle. Wavakala u-Rili sel' esiti, " Ihashe lika-Mhlakaza ulibonile lipllile." Kwatiwa nomntwana otile ka-Mhlakaza lowo sel' ekô, sel' evukile. Abanye bavakala se besiti bawabonile amagoŕa akowabo eqokoza epûma elwandle. Amanye ehambâ ngenyawo, amanye ekwêle emahasheni. Ehamba etâmbâ, ezolile pâmbi kwabo. Abuya apindela akutsho kwa selwandle. Bambi babesiti babone ingabo kanye, besukela izinto bedlula apâ. Bapâtê kubonwa befalile nje ngoku kwasemfazweni kanye. Inzima ezobahlela abaqânqalazi zaxelwa zangaka. Aba-Mhlopê boguqulwa babe ngamasele nempuku nembovane. Ama-Mfengu wona opêpêteka ngumoya aye kwela elwandle. Ka ucinge ke nawe inyubatyâ yentetô enje ! U-Anta akavumanga konke ukuxêla kwa-Ngqika okwexesha elitile exâswe ngamapâkati ango-Go, Soga, Nxokwana no-Tyâla namanye. Le nto yobu buxoki yaqûba inyanga ezilishu-

mi wavakala esiti umprofetikazi, " Ma zixêlwe zipêle inkomo kwintsuku ezisibózo." Lufikile ke usuku lwesibózo. Kulindeleke, ngokutsho komntu, izulu nomhlaba kudilikelane kube sisitóko-tóko, indudumo nemibane ibe lapá kwa nengxokolo yomoyakazi nemvula enkulu ukutshayelela elwandle ama-Gogotya nabe-Lungu. Yeka ke mntu ndini amalungiselelo entsuku ezisibózo! Kwandiswa intlanti, zagengqwa izisele zisandiswa, wabetá umntu ngamahalatusha, zasindwa zayilo nto. Izindlu zonke zafulelwa ngokutsha, ukuze zingemki nomoya." Ekuseni kwemini enkulu nekad' ixelwa uhlanga lupêla lungakánge lubuti cwe nobenkopê ubutóngo lwavuka, kungekukó nokuba lucwáyitile. Baqaba imbóla abantu bacókoza banxiba intsimbi nezacólo zabo kwanje behombêla izihlobo zabo ekukudala bahlukene, zibe zixelwa es' apá. Nto yada yagqitisa yayodwa ngobubi bayo lumkonkwazana lwexêgwazana. Imfaqala yenene lipángo nendlala linxitywe izacólo nemisesane kulo minxeba yengalo nemicingana yemilenze. Kuba abantu balindele imihla yamide kunye nezihombó zabo, bada ekupêleni balambá, batyáfa, bejame kwezo zisele, izindlu, njalo-njalo. Lipúmile lona elingaliyo lawacanda amazulu ilanga lijongwe ngamawaka alindeleyo. Nanko liya kutshona, kusala kuba mnyama pêzu komhlaba. Kwaqala yakukudana kumawaka abelindele izihlobo ezidala. Uprofeti wobuxoki, into emaqinga alilizwe nanko ehlaba lo ma-Ngqika angazixêlanga inkomo ukuti ngawo kunje nje nje. Baqala o-Sandile namanye ama-Ngqika ano-Bábá no-Mlunguzi abesaqiqa angena axêla ngoku epúluka kumacebo ka-Mr. Brownlee. Abunakubaliswa ke wena ubukáli obabakóyo pákati kwama-Támbá nama-Gogotya kupángwana! Ama-Támbá esamana ejongile imini ezi nasebusuku ukuzaliseka kwesiprofeto. Anyongobe umntu kusasa, nanko eya kuhlola eziseleni, afike lise limuleshe. Uya bona na? Yaqala yangena yona indlala ka-Nongqawuse yatsho kwabuyelwa ekuxwiténi amatámbó enkomo awayelahlwe kudala. Izikáka ezidala zapêkwa, abafazi nabantwana bezá ematáfeni besimbá inongwe, nemifuno. Labetá ilizwe lonke lazala imingxuma nga ngetêmbá labo. Abanye befela pêzu kwezisele zabo. Yinto abanye bahambá befela ezindleleni. Bajaceka bebetê babitya bayimitya le abantu. U-Mr. Brownlee uti,

" Abantu abafa ngo-Nongqawuse bakuma-20,000 nenkomo ezaxėlwayo zikwi-150,000."

" Akukò namnye waxelayo wati le nto liyelenqe ngapàndle ko-Mhlakaza naye ekufeni kwakė. Bonke babekòlelwe kumtėtò ka-Mhlakaza. Kanti ke kutiwa u-Mhlakaza ekufeni kwakė wavuma ukuba uwafakwe ngu-Rili la mampunge ejonge ekutshabalaliseni abe-Lungu. Pòfu ke nale ayiqinisekiswanga ukusenza sinkontele ekutini liyelenqe—Brownlee." Emva ko-Nongqawuse lo ke bawa balala pàntsi ubukòsi bama-Xòsa zakútshwa nenkosi ebukósini bazo zenziwa ezi zibonda zika-Rulumente uzibonayo. Wahlutwà umhlaba wazo kwapėla nolawulo lwazo kòna emva kwemfazwe zokugqibela. Ukungena kwale nqubela pàmbili kunye negwele elitsha kubangele ukukúla nokunyuka kwabanamandla nokuhla kwababutàtàka. Isuke intetó yesiqalekiso sika Kanan, ka-Hamu sokuba "usisicaka sika-sicaka kubazalwana bakė" yawuti nca umzi wase-Afrika. Ungene um-Lungu wasisilawuli nje ngoko se sitliilo wemka namatyala nezizi ukuwutshabalalisa lo mbuso ukuze inkosi yomntu o-Ntsundu ibe selutúlini. Kunye nabangeni kufike iblanti nomqombóti into ezisuke zase zincinità. Zaye imfazwe ezi zangenisa impambàno ezininzi zamabango kwa sezinkosini ngokwazo, into ekàtàza ukudaleka komoya womanyano nemvisiswano emzini.

Kumagogo asema-Xóseni simshiyile u-Mlanjeni no-Nxele abanye abafana kwa no-Nongqawuse ukushumayela okungenyaniso esizweni. Isimanga apò sikòna kuti bantu ba-Ntsundu kukukòlelwa nakuyipi na intsomi nesanga samampunge angatėtėkiyo emhlabeni kungekò nabunqina banto nga ngokuba kube nokuxėlwa inkomo, kulahlwe ukutya nempilo yosapò ngobuxoki obucacileyo. Kanti esona simanga sidlula zonke ngumoya wamawetú a-Ntsundu wokugqobòkela ukuxokiswa ngo-Nxele njalo-njalo kunokulandela inyaniso. Nasemveni kokuba lo mzi kudala usenzeka izihelegu nentlekele kunqabile ukuyaleka kuwo. Ntsalela isekòyo ka-Ntsundu namhla nje nantsiya edolopini nasemagxamesini aba-Mhlopė. Woyifumana konke ingasenangqondo yabu-Xòsa. Nentetò le ingasento isahambà ngokwakowayo kumanyange. Um-Lungu ufike kusemiwe kwa-Xòsa ngala mfazwe ka-Ndlambė no-Ngqika kumaxesha omfo

ka-Gaba u-Ntsikana igama. Koko ahle wakàwuleza waliqèla nganeno apà. Kutè ke ekuhambiseni kwexesha, owase-Mbò, nom-Lungu, nom-Xòsa badlelana ngobumelwane. Sazaliseka isiprofitesho sika-Ntsikana esitl,

" Ulo-Tìx' omkùlu ngosezulwini,
Ulohlanganis' imihlamb' eyalanayo."

Wanyanisa lo mfo. Fanisa ke nawe ulesayo. Kutè kulendibano kwangenelela utywala bom-Lungu nobasekàya. U-Xòsa ngokwakè wab' evele wanentwana eziselwayo. Kodwa bona utywala ubufumene kum-Lungu no-Mbò. Obu bomqo-mbòti baqala benzelwa kwizityana nenqàyana apà zemizi bufundiswa ngala makòsikazi abezintombi zase-Mbò. Buselwa oko ngemicetshana yobunumzana (iNtonyane ngesi-Mbò) ama-Qàku ngesi-Xòsa. Oko ubunxila obu labe lingehlazo linge nganganto emntwini apà. Wofihlwa angabonakali kutiwe akakò, uya gula nje ngoku kwasema-Ngesini. Ukuqala ibe yinto yabantu abakùlu bodwa. Koko ke bubehle bandwendwa bada emzuzwini batyiwa yinto yonke nalusapò olu. Yiyo ke le nto imke nengqondo ka-Xòsa, um-Afrika, ngokutshonisa ubuntu. Yabulala umhlaba nenkosi, yangenisa amashwangusha waba ke u-Ntsundu utshone okunye ngoko. Utè lo msebenzi wobu tywala wadityelelwa nabobu bom-Lungu. Kwase kusuka kubo yilo nto ke. Yile nto ama-Tempile naba-Zili no-Mkòsi wa-Mnqamlezo unoncedo kakùlu ngokulamla abantu bahlangulwe kule ntshabalalo inje. Ekungeneni komfo wasem-Lungwini kufike imfundo, ili-Zwi lika-Tìxo nento zokànyo ezihambà nombuso womntan' Omhle u-Joji V apàntsi kwawo wonke lo Ntsundu ungamabungela kule mihla. Ilizwi lika-Tìxo lafika e-South Africa nabafundisi aba-Mhlopè betùnywa zimbùmba zela-Pèsheya ukuba baze kufundisa umzi ositi osebumnyameni nasenyanyeni. Okunene eli lizwe balifumene lisesitòkotòkweni ngokuncamekileyo. Kwaqùba ixesha elide mokwenza pàmbi kokuba kuvele abafundisi nabashumayeli nemfundi zohlanga. Owati umfundisi wokuqala waba-Ntsundu wabe ewezwe ngaba-Mhlopè ukuba bamfundisele ubufundisi Pèsheya. Kanti ku-mhla kutè danga intlantsi yokuqùqùmbisa olu qilima lobuginwa. Sitètà um-Fundisi u-Tiyo Soga wasema-Jwafeni. Na-

mhla isiqámo somsebenzi ozuke nocûme kunene wezicaka ezikólekileyo z-Osenyangweni. Yinyambálala yamalungu e-Bandla le-Nkosi asema-Zantsi Afrika lipéla. Zindlukazi zetyalike, zizikolo zosapó, zezingamaxóbongo okuhlala abafundisi, netitshala kwa nezinye izaklwo ezininzi, imihlaba yefonoskopu, netayitile njalo-njalo—ilifa lasemazulwini lonke elo. Namhla nabafundisi aba-Ntsundu ngokwabo abaseyiyo lo mbinana yayizolo, koko sisihlwele esikûlu. Yaye imvaba yase-Wesile iziqwela zonke ngeqela elimnandi labafundisi aba-Ntsundu. Pófu zonke se zinabo ngokubalulekileyo. Lo mcimbi welizwi le-Nkosi yetû ngowona umandla, kuba inguwo nemfundo yesifundisi epákamileyo nececekileyo kwa neyoluntu lonke. Zezona ndawo zokuqwalaselwa bukáli siti mpi yale mihla; kuba kuyo kuxómekeke lonke ikamva lomzi o-Ntsundu esinguwo. Kusemhlotsheni kóna ukuba lo msebenzi wabafundisi beli-Zwi uya kumana usanda ngapézulu xa se kulapá nje. Waye nomzi wakowetû se uqalile ukuzixásela lo msebenzi mkûlu nozukileyo ngezawo imali nemizamo kwa nemitándazo. Namhla asikukó nokuba imfundo epézulu iqalile ukulangazeleleka. Kuba namadodana a-Ntsundu asel' eqalile ukuyingenela kwa-Nokoleji e-Fort Hare, ekubeni sel' eliqela elimnandi avela e-America nase-England aze nengaga zempumelelo kóna. Andisatétl se ziliqela i-B.A. nezinye. Kwa-Nokoleji liqela abayipûmeleleyo kwada kwakó nentombi engu-Miss Ntlabatl ukucacisa nokutétélela amandla obucópó bom-Afrika. Leyo into be siyazi kade tina. Kuba ubucópó akukó ebantwini apá anokuyigcina ngentloko yonke into nje ngama-Afrika. Kuba yayingelulo luhlanga lwazincwadi, incwadi yayibubucópó qá. Ká ukángele kwa amagama empumeleli zetû ze-B.A. O-Ncwana, Ntlabati, Mtimkulu, Mahlasela, Kábane namanye acace kanye ukuba ngawama-Afrika. Uté ke u-Xósa kule meko walinxiba elim-Lunguřa, amakûmsha asoma ngokwasema-Ngesini. Namhla ke umqondiso wokutshona kuka-Xósa no-Ntsundu kukufa kwentetó yesi-Xósa, intetó eyabe iyeyombuso kudala, isamele, iyodwa, namhla iguquke yayinto yababácayo nabapáleleye ngokuzifunela inkonzo em-Lungwini apó kopûmelela otétá isi-Lungu. Intetó yesizwe esi igcinakala nyulu kukutl ibe ibáliwe ezincwadini zemikóndo ngemikóndo yolwazi. Esifika

sitábatê apô isizukulwana esinye emva kwesinye siqûbele pâmblli. Esi-Xôseni se zitê zaliqela incwadi ezitê zaguqulelwa kuso. Ma sibalule uguqulo luka-Appleyard lwezi-Bâlo Ezingcwele, *u-Hambo lo-Mhambi* isiqendu sokuqala luka-Rev. Tiyo Soga. *U-Hambo lo-Mhambi* isiqendu sesibini luka-Rev. J. H. Soga. Uguqulo lwezi-Bâlo luka-Rev. Bryce Ross. U-Tiyo Soga ngu-Mfundisi J. Chalmers ka-Rev. T. B. Soga. *I-Jerusalem* ka-Mr. D. D. T. Jabavu, B.A. *Eyolimo* ka-Mr. Mazwayi, Huss & Co., *Izibongo zentsomi* zika-Mr. J. Ndawo. Ezika-Rev. B. J. Ross, M.A., *u-Zagula* ka-Jolobe, *u-Nomsa* ka-Mr. Sinxo, *i-Zala* lika-Rev. J. Solilo neyezibongo kwa nguye. Sel' ekô u*Yiza ku-Yesu no-Mbuzo ka-Nina*. Asel' eliqela namapêtshana azincwadana ezibâliweyo. Sibalula *Izitânda Bumnyama* ka-Rev. Wm. Anderson Soga, M.B. *Isityllo sika-Hosheha* ngu-Rev. Isaac Motaung. *U-Mkôsi wo-Mnqamlezo* ngu-Rev. W. N. Bottoman. Sitî ni na ngoku ngu-Rev. Petwell Matshikwe, se bekô *o-Nomgogogo, Izipeli Zabantwana no-Mncedi Wabashumayeli*. Zikô zininzi nezinye endingaba ndiya zilibala, ndizishiyelela kunge ngabom. Kwaye kungakuhle kube luncedo olukûlu ziguqulelwe esi-Xôseni incwadi azibâle ngesi-Ngesi u-Professor Jabavu akuba nexesha. Eli qâlo lona asikukô nokuba liya tândeka, kanti ke noko zisaswelekile incwadi zesi-Xôsa, laye se lilixesha lazo eli kulondolozeke ibali lesi-Xôsa lasendaleni; ukuze kulunge ukusingisa kwikamva xa nje se singu-Xôsa-Ntsundu wanamhla. Ngamanye amazwi isizukulwana setû esizalelwe kweli xesha lokukânya nemfundo nobu-Kristu asisenandawo yimbl yokulanda amabali emvelo yezinto. Sitiwe nxâle litêmbâkazi lokuba isi-Xôsa noko asiyikude sife pam. Kuba namhla se zivela incwadi zesi-Xôsa ezintsha. Kwaye ukubâla emapêpêni se kufun' ukuba liceкwa kumzi ka-Ntsundu. U-Xôsa yena zezo ntsali. Lo mpunde nantso ezidolopini pâya nakwezinye indawo zenkonzo nje ngasemigodini ezinkomponi njalo-njalo. Wofika se kutêtwâ isi-Ngesi endaweni yesi-Xôsa, se kukônzelwa kubuselwa imali endaweni yenkomo. Amadoda sel' enebânka nemihlaba endaweni yenkabi zenkomo zamaleqe, namatânga, enazo nezindlu nemihlaba ezidolopini naseziloki-tshini. Sel' eleqa ibayisikile, izitûtû, nemoto endaweni yenkabi ezinqûkuva zamaxâka nezibêkeciweyo zokuxônx'

abanumzana emdudweni nasentlombêni, se bebafazi' ngabanye endaweni yesitêmbû, bengasahambî mankazaneni engasekô namashweshwe. Nango amadodana nentombî ezisinaleni, yimityino ikôke aya yeka endaweni yasema-Sutwîni nakwa-Ntonjane. Edlala ibôla nentenetya endaweni yemingeni nemibunu yendlela, nemitshiliso, namadabi. Intombi zisemtûngweni endaweni yokubumbâ inqâyi, nokungqungqa, nokutêza inkuni. Yonke ke lo nto ngungcakaza neceya, necimbi, cumbêlele pângalala nondize-na basem-Lungwini ekukûnyushwa isi-Lungu upêkela.

Kuti ke kule meko ulutsha lwanamhla luhombê ezasema-Ngcsini, kuba kaloku inqwemesha nezidabane, intshinga nezindwe, nemixâka, newatsha, asisento ziseköyo, nesekôyo ayisananzwe nganto kuba sel' ingunoxesha, ekubeni se singabegesi, se singabe-Lungu ngokwetû. Emhlabeni naselulawulweni lwase-Britani kusonywa isi-Lungu, kuhlanjwa ngesepâ endaweni yokupôtûla izandla ngobulongo namatê. Izitya zihlanjwa ngamanzi, zisulwa ngefadukwe, endaweni yokuzomisa ngokuzigqatsa emlilweni; mhlawumbî kê usixôme emleni pâya emapêleni. Asicokise wona ukuba akusikôtisanga inja. Kube kwanele ke. Se kudlelwa ezitafileni sapêla asisekô isitêbe. Kulalwa ngencâwa nezabâlala, aziseko ezenkomo nezenyamakazi. Kwandlalwa emaqongeni ebedi zasem-Lungwini imicambâlala. Se kunculwa ngefolokwe ukutya inyama, zalahlwa izilanda nezinti nemikôntwana emifutshane, kungene nezitshetshe nemelana eziyimigotywana zasevenkileni. Se kupûngwa ikofu ngekomityi nekopu. Azisekô indebe negxoji yemincunza nemicetshana. Ngazwi nye se kungum-Lungu into yonke. Fanisa nawe, umana utêlekisa izinto le nguquleko ka-Xôsa isisa entweni. Pâwula ke lo nto mlesi uzikâtâze ude uyinakane. Ewe kuhle kumnandi ukufana nokuzifanisa nom-Lungu ngale ndlela, asigxeki asisoli nto. Yinto enobuhle enkangelekweni yombone-li. Kanti elisweni lom-Xôsa,-um-Xôsa ekungekô nkohliso nakungxengelelwa, imbânga abesikedamana sodwayana olwambêtê izandla zalo. Kuba ihleli imkûmbûza lo mbuzo uti " Azi ke gxebe ndisengum-Xôsa na xa kunje ? Azi liseyinto ni na izwe lobawo betû nombuso walo ? " Ize le mo yanamhla nje impendule ngeliti, " Ewe se ungu-Xôsa onco wanamhla."

Le nkumbùlo ibuhlungu xa umntu akwendelisayo ukucinga wakungxutisa. Ekubeni ingaqondeki ngokusemhlotsheni eyona nto kanye kusukelwana nayo nekuyiwa kuyo. Sashuleka kunene mhla wasipùluka nomhlaba ka-Xôsa. Saye se sizihoyana nje nempabanga, u-Xósa ubefanelwe bubu-Xósa obo bakė buvangwe no-Kristu. Kuba angade enziwe afane nom-Lungu ngemfundo nempucuko; kodwa akakuze abem-Lungu kude kube ngunapàkade kungekô namfuneko. Um-Lungu ulunge engum-Lungu, nom-Xôsa engum-Xósa ngonapàkade ngokudala kuka-Tixo. Xa senje nje sibetà izimandla-mandla atshoniswe zizo u-Xôsa nentlalo yakė. Sabe se sitėmbė ndawana ntatù ezi zokuba loti ilizwi lika-Tixo nemfundo epėzulu nepilileyo enokukùtàlela imisebenzi yezandla namashishini isel' ibangamanxowa nesiseko sobukumkani obutsha asel' enikwe, wafanelwa bubo lo Xôsa wanamhla, xa nje owakudala atshabaleleyo kunye nobukumkani bakė basezinkomeni zasendaleni. Isimanga sento ku-Xôsa apà kukubonakala ukuba u-Xósa no-Ntsundu lolona hlanga luzoyisayo zonke (sitėtà u-Ntsundu wonke) ezamanye amazwe asebuhedenini. Intlanga ezikule mo ziti zakungenelwa li-Zwi lika-Tixo nalukànyo Iwencubeko, suka zise zisifa, zitshabalala zibànga kuti tu. Kodwa yena u-Ntu uyedwa. Kokòna ngoku ahlalelene nomzi o-Mhlopė kushweshwana, kusenziwa ni, ande kanga ngokuba abalawuli betù bacinge ngokupùngulela ematànga e-Hlambėli. Ombàyimbàyi bama-Ngesi nobudlelane nokuzekelana nawo ayibanga yinto enokude imbulale u-Xósa nom-Afrika angacùmi ande. Nge singayenje nje le ndawo ukuba izitėti zetù zanamhla ema-Ngesini be zingayitshongo ngokwazo ziyivuma nasesidlangalaleni. Umbuzo omkùlu ke ngulo : Xa asandayo nje lo Ntsundu wanamhla ekubeni engasenawo umhlaba nenkosi wosuka eme alime pi na, afuyele pi na ? Sicinga ukuba impendulo kulo mbuzo ingayanela nenye incwadana enje ngale. Ngokukodwa xa opėndulayo azanayo namabali okwanda nokutshona kwentlanga. Ngoko ke ma sikė sinqumame ekuwupėnduleni, hleze sindabele nalo mriba sindwe ndwe nokuyola kweli bali silipėtėyo. Kusuka kube semhlotsheni emntwini ukuba nom-Dali nje ngaku-Abraham unento ayimisele wayilindisela ukuze ipùnyezwe luhlanga luka-Ntsundu nje ngomqulu. Kuba nalu lusuka lumana lunentsalela kwiziga-

nga ngeziganga zebali lalo, nje ngokungati libekelwe izwana elitile ledinga. Litémbá letú elikúlu ke eli esinyamnyeka pézu kwalo, nokuba na sizisikela enqaténi nje kodwa. Esi sizwe sibe nomplofeti waso odume kunene waseli-Zwini lika-Tixo ovele ngexesha elandulela ukutshona kobukumkani baso. Watéta imfihlakalo zokulumkisa umzi wakowabo. Lo nto mlesi ayishobi nto na kuni zilumko zangoku ?

# ISAHLUKO VI.

Páwula mlesi ukuba esi sahluko sesitándatú ngoku sipété la manqaku: Isihlomelo II, umfazi oludlolokazi, umhlolokazi nabahlolokazi, ingxubenzala yaba-Ntsundu, ilifa layo nabafazi abaninzi, kwinkolo-nkolo, urexezo kwa-Juda njalo-njalo, abalusi nemihlambi yabo; abafazi namadoda ngexesha lempi, ukuhlonipá, unina nosana, ukutúmbusa, ibókwe emhlopé, utándo nomtshato wesintu, imidlalo yosapó, abagulayo nabalupéleyo, ukoyikwa kokuqáwuka komntu, amatile-tile okondliwa, ukongiwa, ukuncwátywa kwamawele, uzilo ngomfi, imidlalo, ukuzingela, ukubelesa, inkwenkwe nokusenga, nokwanya izapólo itye amacongwane, uvatsha, usiruza, ungcengengce nomtúbi. Kuba sona isitúbi sesamadoda namanene. Ukutshaya, ukugwada, ukuprompa icuba, abafazi nokutéza inkuni, ukugawula izinti, ukusika nokutwála incá, neziduli namanzi njalo-njalo. Abasetyini nokuká amanzi emlanjeni, ukusila nokusela utywala, ubunxila obusisityótyólo beli xesha, amaxesha atile nemeko ezitile entweni, umvubo wamasi nomxáxá wetánga, ukuqubá emlanjeni, amagazi ngamagazi, amahasa ingesiso isancózi, umcuku notshongo, ukutya amaqáshu ogcado lombóna, awexa lokuvuna nawentanyongo, nawombóna omagxwala ekwindla, inkobe zombóna omdala nomtsha nezamazimbá nokusela amanzi, umongo, umxo, nomxononozo ka-Gwatyeni, amahleza, ibali lesiko lokuqaba imbóla nezipúmo zalo, ishishini lokwenza inqawa, urwebo nentengiso kwaba-Ntsundu, umbeko wabantwana, ononca, imfihlo namaqotsini.

*Umfazi oludlolokazi.*

Ema-Xóseni nakwizizwe za-Bantu ezi-Ntsundu be kulisiko elisemfanelweni ukuti umfazi ongazalanga, oko ke kukuti kwakuguqulwa olu dlolokazi afakelwe umntwana wenye indlu abe ngowaké, okanye amiselwe omnye kubafazi bale ndoda yaké kusitiwa " uvuselwa inzala (amabele) amzalele babe ngabaké abo bantwana ngendlela zonke zobundlalifa, nje ngokungati unina lo yintombi yasendlwini apá ngokuzalwa." Akukó sigxeko

emzini singa ngesomfazi ongazaliyo. Ekutêtwâ kusitiwa, "Yinkabi, igqwira, into ni." Amazwi abubi bungenakô ukunyamezeleka awobetâ naye atl pâtsha apâncaze limkôhlile.

*Umhlolokazi nabahlolokazi.*

Ngokukodwa kuma-Xôsa no-Ntsundu lupêla akukô bali lamcimbi wasendaleni ubudlula lo wabahlolokazi ukudandatêkisa intliziyo yomntu. Kwabe kutê kaloku mnkabenu ngokwanda kwesitêmbû ngobuninzi benkomo sabetâ sangulo mwalakahla nesitêmbû wena ungeyibaliyo intlabati yolwandle. Yanqaba ke xa kunjalo kulapô into yokubalisa nokucengceleza inzima nentlungupâlo zomhlolokazi yangabahlolokazi, abahlolokazi lalinye qa. Umntu wazazi intaka. Ziya kuti ni na ezi zinto, ntwebesha apâ. Ziya kuhlala endle emaweni nasemiqolombêni nasemahlatini lonke eli xesha lezila? Zambêtê lo majacu, ezo ntutû nentlaka-ntlaka kakade, ezo ngogo zikunqina kungapâya, ezo nyuku-nyuku zimdaka yintsila nga ngokude umzimbâ womntu lo ube namaxolo nenkoko kukuncôla unuke ngevumbâ uyilo nto. Kuba kaloku akuvumelekile ngezila ukuhlambâ amanzi wonke lo gama basezileni. Ekanti mhla baze kukûtshwa ehlatini (isitêtô sokûzo) yinkosi nebutô layo, baya kucêtywa babe zezo mponyololo inqayi ze itshiswe yonke impahla kamfi ngobungako bayo, kungatiweni ntswelo zabo ngangubo nanganto ni kunye nendlu yakê nqu ngomlilo. Inzima ekade zitwâlwa ngabahlolokazi kweli le-Afrika azitêtêki zingenakô nokubaliswa ngokudibene nesitêmbû esi. Kwada emzuzwini kwadaleka into yokuti, "Umhlolokazi yinto ehlekwa nasitûnzi sayo." Asingebaliswe bani sona isililo esenzeke kulo mgangatô kubantu ebebeba yeyona nqambi neneekevu eluhlangeni. Zigqitâ nesomdlezana kuhlanga ekungekô tile-tile limbi ngapândle kokûzo yinkosi leyo oyena tixo wabo wokubanxênxêza. Kupêle apô.

*Ingxuba-nzala yaba-Ntsundu. Ilifa layo nabafazi abaninzi.*

Kwizizwe ezi-Ntsundu yonke injongo yozeko yinzala yalo ntombi nalo mfazi ukuba anga angazala awenzele ilifa elingabantwana umzi wakê; into epêlisa isiroro, ironono, nokurota ngenkomo awalotyolwa ngazo. Le nto ke yaseka ingqondo yasendaleni yokuba umfazi azalele lo mntu sukuba emlobole

kupėla. Naye umfazi ngokwakė amqonde ngokumlobola ngenkomo into ekutåndwa kukodwa. Ukuba umfo ka-bani umtånda ngapåya, nokuba na indoda leyo ifile, nokuba ihleli, idungudele itė ni, lo nzala yona yeyayo nekowayo; kuba yayitenga ngexabiso izitėngela yona nomzi wakowayo lowo kupėla. Ibifanelana ke ngoko indoda ingenabo ubudoda iziqonda nje nayo ngokwayo, izifumanele iqabane (umgushanxa mntwana ndini) wokuyizalela apå kumkayo.

Abahlolokazi oko kukutî, abafazi abafelwe ngamadoda, okanye abafazi abalahlwe ngawo, nabahlulwe nawo bubukwėle, nenkani, nento ni. Ngokusuke nanko nendoda intinga isiya kwa-Nonqane ndikåpė ndiye e-Båkubå. Babe selungelweni elise sikweni lencomelo elikûlu nasemtėtwėni ka-Ntu ukuhlala påntsi bazalele imizi yabo (amadoda maninzi kaloku ngesitėtô). Ibe luzuko nembėko nesimilo esikûlu eso umfazi ukungagoduki. Umntwana owabe eyalwe nguyise—akulahlwa aninwe okanye afelwe yindoda yakė yomtshato wesintu (amadoda maninzi). Ze ilixėgo kutiwe (le nto se ifile) koko azihlalele apå emzini akô wawenzele usapô awayelotyolelwe lona. Into eyotsho sicime nesililo sabo ngomfi wabo. Agude nomfazi angafuman' aman' ukunukelwa ukubulala indoda yakė, sisuleke neso sityôlo nokuba be sikė sakô sihlanjwa sesi similo sincomekayo ngobuhle sokungagoduki; koko abazalele eya kwahlulwa kukufa nalo mzi. Awoti kôna etė kanti sisikûtålikazi, nentokazi ekwazi ukupåtå abantu ngobubele, inesisa nobubele bomlomo ibe ikwa nesandla incamise nditėtå incasinca le ukuzuza obona bukôsikazi ekåya apå. Lo mgaqo ke waqûbeka banzi endaweni yongeno kwezinye izizwe. Aba bantwana ke zindlalifa noko zohlobo olutîle olungatånga ndyaṙa nje ngabomgquba ngokutė ncam noko. Kuba baya cukulwa ngemihla yamaxabano nokubangulana naxa bengasayi kusiwa pî. Kwa nomfazi owaliweyo usenokuzalela indoda yakė ekowabo, ngokukodwa ukuba akukėtwånga inkomo. Abo bantwana yasenokufunyanwa nguyise namawabo behlawulwa inkomo besondlo ngentloko yomntwana, nomfazi angxengxezwe apûtûnyelwe kwa lapå ngemvano entsha, naye wobuya lula lukot' ugaga; ngokukodwa ukuba unabanye abantwana awayebashiye emzini wakė mhla kwaliwana ngamaxabano; ibe mhlawumbî indawo yayimtė xôro ngamaṙiwa okugxoloxa.

Luninzi nolwahlukwano lwendoda nomfazi, kanti emitčle wazalela kowabo ihlawulo lelendoda namawayo. Waye lo mntwana xa ekúlele kulonina wapútúnywa sel' engumntu wokúlulwa kupěla ngenkomo yesondlo ebanye ngomnwe lonke ixesha. Kanti inye njalo, isisusa kuti tu isono somntu nje ngo-Yesu Kristu. Kuba kwa-Xôsa nakwa-Ntu lonke ityala lihlanjwa ngenkomo apindele ebusulweni nasebungcweleni umfo ka-bani. Amankazana alo mzi nentombi ezimitė zazalela ekäya zangamadikazi kuba zingendanga ngasiko, amashweshwe nenzala yawo kwa namarexe yinzala yasekäya apå kowabo umntu yonke leyo; nakowabo lomfo ahambå naye kula magqabi beseyeliselana kuba bebana kaloku. Bonke abantwana bezi ndidi bapåntsi kokuba yimigqakwe nabezisu; impemvana nemicôlwa emadizeni nasezindle kude påya. Baye boshumi bengenalifa ngobungako babo ngapåndle kokupåwulelwa nokunqonywa, koko ngabo ngokwabo abalilifa nexôba kubantwana balo mzi besitětė nomgquba. Pôfu ngokukůtåla nesimilo esihle kuyenzeka futi balidle ilifa lemizi be kungafanele njalo ngokufanelwa nokuzenzelelela, nje ngokuba nowomgquba enokuhlanjwa alahlwe limpůnze kwa elo lifa lakė bububalempu nobushuntu-shuntu ngokuswela isimilo nobuntu. Kwizizwe ezi-Ntsundu zongeno kupåwuleka nje ngoko kwakunjalo nakwa-Juda ukuba abantwana abavnselwe umfi bazindlalifa ngokufanayo nabaya bakė esapila. Kanti mntu ungenakukôtå napåntsi kubo ati nkwe nto iti pekete nguyisekazi lo ubenzileyo; engenalo nolawulo ngabo kuba akazange amlobole unina amdudele, akamni-ni-ndlu lingena-ndlwini nje. Yile nto abe-Sutů bona basuke banqumle ngokuti, " Ke poho feela." Oko kukuti yinkunzi nje kupėla. Igqibile emva koko. Ndaye nje ngombåli wale ncwadi andisiboni isizatů somntu ohambė ngokwesimiselo sesiko wavusa umzi wakowabo ngenzala ubuleltlwe kukufa utshaba kwizinto ezinobomi, kanti unokubuyekezwa ngobubi bempatô enje luhlanga ange ngumntu obetyôbozile, kanti ufanelwe yimbčko nombulelo, kuba wenze isihle. Kunjalo nje engenzanga sono, ikwa nguye osibotôzileyo wasitiba ngokululamela ibůnga lomzi. Kwaye kuya knsitåtå ixesha siplcotå påmbi kokuba sivumelane sonke sipčla ngobusono bompoqa-poqa wesiko longeno lasendaleni. Kuba yena u-Tixo kwinto epåntsi nengaqondakaliyo ebantwini abangazanga babulaleke, basebenze

nto ekudaleni inzala ka-Ntu nayo nekabani na usuke kwa selungenweni apá wavelisa intombi engu-Mariya unina ka-Yesu; be zikó zihleli izindlu zakwa-Juda ezimitshato mihle ngokungenasikwásilima.

Kwa-Ntsundu apå aba bantwana sibacåza nje ngenzala engenalifa ngoku bebeya kufumaneka beyintlaninga yohlanga olunezizwe nezizukulwana zemigqakwe, ezingade zidalwe nobukôsi nobubonda kuba akusenakulandeka; kwazeke ukuba kôna omtína aba sizalwa zizindlu zomtshato omsulwa nje.—Yena u-Chief Xósa no-Nkosikazi ma beba batshata mdudo waluhlobo luni na, pi na? Abantu abandabela bemka ekåya nenyamakazi kwahlaliwa ezindle ixesha elide kuzalwa kusapúlwa uluti ngabula mfundisi W. N. Bottoman wase-Tófa kwa-Zibi, pâmbi kokuza kufika apå ema-Xôseni, umntu ebûnce elityenjana lesoka entla.

Kule migca yenqaku lenzala yohlobo lomzi ozizizwe zezitémbû umlesi ma kaqiqe ade aqwalasele into yokuba imizi emikúlu yesitémbu sakwa-Ntu yinqubo yayo leyo ngokukodwa ukususela kwikumkani, nenkosi, izikûlu nezityebi zakudala ekûtáza amasiko okuzindela, ukugwebeleza nokunyebeleza påkati kwezindlu. Ufike kukó ukunyubela nokupinziza. Kuba olu balo ndini lwendoda lotåtå ugama, ludendeleze, luhambå luxinga, luqingqa kubantu benxaniwe, belambile. Bangati ni? Nje ngoko kwa u-Solomon wakudala inyange lamanyange lona wayenabafazi aba 700 amashweshwe engama 300 iwaka lonke, lo nyatyå idibene ngamntu mnye (I Kumk. XI, 3). Abe u-Gidiyoni (Abagwebi 18, 30) wayenabo bekwabaninzi nga ngokude abe nama 70 onyana bodwa ngapåndle kwentombi lingaxelwanga pôfu elona nani labafazi bakė ngokutė nqo. Lilinye pófu lona ishweshwe lakė. Ama-Juda na-Bantu nqwa. Kuba a-Bantu indoda ide ife izeka. Kusemhlotsheni ukuba abantu abangaka abanakubalelwa ngumntu omnye oyindoda angafa luhlaza. Kubonakale ukuba ma kayekelele umvalo awunyinyise kungene, izapûselana nezibånxana zimzalele nezikûlu nje ngesidalo senkunzi nemazi. Yena abone engaboni lolo ngcum lwangabom.

Zininzi ke inkosi izikúlu nezityebi ezabanenqubo elolu hlobo ngobuninzi bezindlu nabafazi kumntu omnye obaloboleyo. Saye isitémbû sidume ngokuti indoda ibapûme abafazi abadala itáne pûsu nabasengabatshakazi ngamandla omnqweno nentando;

naxa kwenzekayo ngevamhla indoda inamatêle komkûlu ashiyiselwe omncinane. Lo ntokazi ke bayibabaze ukuyitêtà. Kube nje eba amanani anganeno noko wona kwawala madoda mabini akowetû kwa-Juda u-Solomon beno-Gidiyoni. Aba bafazi baninzi kumntu omnye badale ukuti kulo mzi wakowetû wakwa-Mshweshwe nakweminye imizi emininzi; ikanti abafazi kule ndoda inkulu se kufana nokuba ngabonyana omkûlu, okanye onyana abakûlu bezindlu, nje ngoko balilifa labo kakade ukuze bazale. Umntu kubonakale ukuba ekàya apà sel' ezila unina nodade wabo yedwa lo apûme kuye nalekelana naye. Ukuze kudaleke isifungo sohlanga esiti, " Ndifung' uma, dad' etû " xa umntu ayipêlelisile inyaniso yakè. Kanti kodwa ngesiko lusapò lukabawo lonke olu, okuya abanye bazelwe ngabantu ababazeleyo. Kanti wena zikwakò nalapà nenkunzi zeminye imizi ziya zibela ziya patà, lulwajiji notûli.

Kwimicimbi engaka ububanzi siselusizini nditêtà, enyanyeni engenakutiwa ni tina mzi wakwa-Ntu. Kuba kaloku iyawa sesezolo limuleshe. Asiyawa namabali abâliweyo esicancisela inani labafazi benkosi, ngokukodwa okumkani belakowetû abazingqanga-ngqanga nembàlasane? Se siyawa pàncaza lisikòhlile kaloku; eli xa ama-Juda wona kwa lapà eyawo ikumkani lizotywe larolwa e-Bayibileni ngokwayo inani labafazi baka-Solomon ababe ngama-700. Tina ngamanyal' enyoka! Asiyawa nandlela yakubacàna abafazi bezi kumkani zetû, u-Tshaka, Cetywayo, Mshweshwe, Lutoli, Kama, Sekome, Sebêle, Bathoen, Bàmbàtà, Lobèngula, Liwanika, Cûngwa, Kwàne, Ngqika, Mlawu, Togu, George Moshesh, Lutsia, Tshiwo, Hintsa, Gcaleka, Ndlambè, Langa, Mtimkûlu, Langalibalele, Mpangazità, Mhlontlo, Jojo, Mqikela, Ndamase, Bokleni, Mtiřařa, Ngubencûka, Siqungati abaka-Pàlo no-Rařabe njalo-njalo? Siti babe bangapi na? Singenabo nabunqina bokuba lo nkosi yetû inkulu iyikumkani, yiyo ngokwenene emsulwa. Inganqinwa ngoyise noyise-kûlu kè be kûpupu bavuka emancwàbeni, kuba onina bezi nkosi nokumkani. Asazi ukuba yayingamakòsazana alipi na ihlelo lobukòsi ukuqinisa ibango lazo elihle ewongeni elipàkamileyo lobukòsi. Singaxakwa akuti umntu olutshaba, " Babe ngazalwa makòsazana." Singanabo na ubunqina obupàtèkayo bokuba kwa onina aba

ebukôsikazini obupâmbili kwelo komkûlu babe miselwe badalwa yinkosi enkulu eyikumkani engubani na kanene ? Singanxapâ ngokunjalo nakule ingongoma, sipâmze, sipâtâ siyeka, sitshul' amakôbo. Ezi ngcombôlo asikukô nokuba zidelekile, zeyekile nangokuvakala endlebeni emntwini wangoku ongem-Xôsa wakoni. Kanti zezona nkunzalala—nditêtâ izibonda zomtâti nozwati, umdakane nomsimbiti kwiziseko nezimiselo zobukôsi nobukumkani. Apô bangafuneki nganto o-Nomximfi no-Gxidolo no-Sifalutûlini no-Xênts' enkunkumeni kwi-Siganga saba-Ngaka o-Nyonga-nde no-Gamakûlu. Kwa-Xôsa kupêla ngu-Gwebinkumbi ikumkani enani labafazi silaziyo tina bangoku. Kuba abaka-Sigcawu nabaka-Rili se kutê hilikiti kuses' apâ ṅje. Ewe kôna akumnandi ukuti isitêmbû sisono ilisiko lisazeka kwakude. Kodwa ngokupândle lisiko elisingela pântsi umpêfumlo nelidala ubumpi endaweni yobuhlobo. Nje ngoko no-Solomon ngokwakê watyekayo, wabetâ cala kumoya osemendweni wohola. Kuba yingqokelela esondeza ekâya apâ otixo-tixo bezizwe zale ngqungqa, beze kwenda ngogayi logqatso nengqingqwa yesi sifazi. Ngapâya koko benganyulwanga ngakuba bezelwe ngamakâya obu-Kristu banto. Kuba intombi yenkosi iyasiwa ngegunya ukwendiswa kwayo kwenye inkosi; kungazange kubonwane ndawo mhlawumbi ekubeni ingenakwaliwa bani, kuba kukuxâya imfazwe oko.

*Uřexezo kwa-Juda njalo-njalo.*

Eli gama litêtâ ukuti indoda ipimise kumfazi wenye indoda. Iti ingumfazi avume indoda yowabo ngale ntlondi. Pôfu ibisiti indoda etê yapimisa intombi nokuba yinkazana nje lungakângelwa nje ngořexezo olo, koko umbulo—isono esikûlu sona, kodwa singenga ngaluřexezo. Kuba naso siza kuncôlisa inzala kaloku nendla-lifa zingqwaqwe, indoda ibe netyala ibingenalo. Lutê uřexozo lwakângelwa nje ngesihlava esibi kunene ngokulumeza kuhlasimlise, ukuze ke uhlanga luzikusele ngezohlwayo ezinzima. Kunokuti lunyamezelane nesi sincôlo ngokojam' enkungwini nofamzela. Kuya qondakala ukuba olu ngqumazo lwase-Mpuma lwaluqôgene nesitêmbû. Kwaye ukuba uřexezo lulwapûlo lomtshato pâkati kwendoda nomfazi nje ngakumazwe obu-Kristu, indoda yapûla umtêtô kwa nje ngomfazi. Okanye

nayo iya fexeza kwakuncokoliswana nomnye umfazi ngale njongo. Kanti kumazwe esitèmbù, apò indoda inokuzeka abanye abafazi, amashweshwe namakòboka, iqina lomtshato alimtwési gunya umfazi emtétwéni, luyenza ibe yeyakè yedwa. Xa ke um-Juda anewasene nomfazi ongewakè kodwa wakowabo, engelilo kòboka nashweshwe lakè kanjalo ubeba netyala lokudyobeka abe nesanafa lesisihla; pòfu enganzanga tyala linika umkakè ukuti akàlazele ukonakaliswa kwamalungelo omtshato wakè ngolo fexezo engaqàwulanga qina lamtshato wakè nje, kodwa ngokuzapùla aqàwule owalo mfazi nendoda yakè. Sabe ke isohlwayo sofexezo sasikukufa. Umntu lowo abulawe engekafiki u-Mosisi lowo. Ebeya kuti naye u-Mosisi lowo esibeka nganeno isohlwayo ube umtètò wakè lowo awunto yanto, likàmnte lepam elilikàtshakowa. Kuba onesixiba sangasese obeya kumbulala umntu yena asuk' igqabi ngesibindi senyati limxàsa njalo isiko lasekàya apà. Kwaye pòfu kwezi meko, isohlwayo sokubulala afe umfexezi be singasokuxika. Kuba nasi nesi-Bàlo Esingcwele singenamkòndo wamntu noko amnye otiwe qa ngegama owabulewela ufexezo. Ade yena u-Lightfoot aqavise esiti, " Andikùmbùli nexa elinye kuwo wonke umqulu wezigcogelo zezohlwayo zakwa-Juda awakà umka-bani (iyawa pi na indoda, iyawa qùshekeke emabibini nje?) wagwetyelwa ukubulawa afe ngenxa yofexezo. Nto ikòyo yatshiswa yafa intombi yompriste otile ngokuti yenzele umbulo kokwayo ingatshatanga nokutshata." Iyawa zinyezwa indoda, ayitshiswa nayo kaloku? Hi awu!

*Ulwaliwo lomfazi.*

Ulwaliwo lomfazi agxotwè (Mateyu 19: 8) olwaba sesona sohlwayo sofexezo kulo maxa. Zaye pòfu zizininzi zona izizatù ezalatà ukuba kwakunjalo pàmbi kokuba u-Kristu afike. Saye ke sisiti ma babe na aba-Bàli naba-Farisi (Yohane 8, 1-2) babejonge ekubeni bamnqakule ngezabatà na u-Kristu ngesala nkazana yabanjwa ifexezile nkwanku; itiwe go kungekò matànda namatidala anto. Okanye ekubeni bamfake pàkati esikàtini sempondo zombini zokuti kanti uhlaziyana nesiko apà ese lifile nakubeni lisemtètwéni kòna. Mhlawumbi ke ngandlela yimbi abonakale engogunyaza ukubotòzwa komtètò ngolwaliwo no-

gxotô. Pôfu kweka-Mateyu 5: 32 u-Kristu walatâ elokutl ulwaliwano olu ngořexezo lwaluse lukô kade ezweni. Kwanjalo yalulo lodwa kôna emva koko ada ama-Juda anyanzelwa engatsho wona ukucitâ abafazi bawo ababeřexeza betshatshele kunene. Bede badabalala bazimbângambânga ezinoncanyelweni Kanti nalapâ qamtyiki kuyawatlwe tyindyilili ngamadoda abařexeza nawo koku kucltwâ. Pôfu kule ndawo ikânkanyiweyo i-Nkosi yetû ulwaliwano olu ayilutěti nje ngonyanzelo nakulo kanye uřexezo olo. Ivumele kupêla olo lwalowo, iluvala ngokulwala olulumbl lupêla. Gqalisisa la mazwi, " Nam andikugwebi, Hambâ ungabi sona." Nakula mtêtô uvumelana nokuba abulawe umntu ngokuřexeza (Leviticus 20: 10-12). Indlela yokuqûtywa kwesohlwayo ayihlahlwanga, kuba yabe ihleli iqêlekile ngesiko. Pâmbi kokugqitêla pâmbili wapâwule wona la mazwi ati, " Indoda esukuba iřexeza umka-mntu, iřexeza umfazi wowayo. Wobulawa afe umřexezi lowo nomřexezikazi. Indoda esukuba imlala umkayise ityile ubuze bukayise, ma babulawe bafe bobabini." Kwakunjalo kanye kwa-Xôsa kudala, kwada kwakô nemfazwe ka-Tutula ukulwa eli nyingilili. Amagazi abo ma kabe pêzu kwabo." Kulunge ngapêzulu ukusilesa usiti qongqololo uwedwa esi sahluko sihambis' umzimbâ emntwini ngokubulawelwa apô kwabařexezi nabařexezikazi. Ndishiyelela amazwi ati, " Indoda esukuba imlala umolokazana wayo, ma babulawe bafe bobabini. Bazincôlisile. Amagazi abo ma kabe pêzu kwabo." Amasikizi anje na kôna! Wenani mawetû!

Bebengaxônywa bařwitshwe emqaleni ngantambô nje ngoko abanye besitsho, bezindla, koko bebulawa ngokugityiselwa ngamatye, nje ngoko sifundiswe ziziqendu ezitile esi-Bâlweni apâ (Hezekile 16: 40; Yohane 8: 5). Enqina no-Mosisi ngokwakê kwi-Eksodos 31: 14; 35: 2; ne-Mibalo 15: 35-36. Qondisisa nawe la mazwi ati, " Bakunyusele ibandla, bakuxulube ngamatye, bakuxabele ngamařele abo." Kwa nala, " Kekaloku emtêtwêni u-Mosisi wasimisela ukuti, Abanjalo ma bagityiselwe ngamatye. Ke wena uti ni na?" Mhla atê kanti umřexezikazi likôbokazana, bokê beve ukutyatyulwa ngokukatswa bobabini ngesibepû sentambô elugqotô olumaqlna. Kungadlulisŵa pôfu kwimivumbô ema 40 emntwini, epena-pêna, enyamalaza ngoku-

ziblja njalo. Kanti pezu kwale midondosholo eli gqwiŕa liyindoda lisaza kuhlawula ngetyeke-tyeke lenkunzi yegusha, liye liyimise ngxitisi. kumnyango we-Tabanekile kumpriste nje ngomnikelo wesigqitô ukungxengxeza nokucamagusha sel' ihlazeke lilinyonyosholo eli lalo nto yapûk' umnqonqo. Imitètô yamanyange e-Roma yacinezela ngezohlwayo zorexezo ngakumfazi (ngoku kwakwa-Ntsundu) ingadumi kodwa itânde ukuti yabalala indawo yendoda eŕexeze naye. Ababulawanga wada u-Constatine wawuqinisa umtètô wakwa-Juda. Kwati ku-Leo no-Marcian wê bohlohlo, bafakwa undofakwa etolongweni; bepâtâ kuxozwa baginindwe nempumlo ezi, ibe zezo ngxaŕoŕo zitètâ ngamaŕoŕo. Ekutè ku-Justinian umŕexezikazi wancitshiselwa (inguye nokwenza namhla) wamiselwa ukuba wobetwâ, alahlekwe sisondlo somzi wakè, ze agqibe ngokutshixelwa entangeni inyashawe nomndondela. Esi sohlwayo sokususwa impumlo kumŕexezi sikûmbûza ngesiqendu esiku-Hezekile 23 : 25 kungxoliswa u-Sirayeli no-Juda ngoŕexezo lwabasetyini kunye nama-Asiri kwa nama-Kaldiya besongelwa ngokuba bogqityelwa ngokûŕunulwa impumlo nendlebe. Acacise u-Jeromu ngokuti " Sasisisohlwayo sezo ntlanga eso kulo ntlondi." Esinye umhlawumbi zozibini ezi zohlwayo zaziqûtywa ngokubanzi. Esempumlo sasiqûtywa nazezinye intlanga ezinje ngama-Persiya nama-Jipete. Kwa-Xôsa isela be linqunyulwa ingalo nendlebe yasekunene. Be zinjalo inkosi ezingo-Mapâsa Buŕu ukutiya ubusela. Kubuye kuti kulapô kupûhle into yokuba be siqûtywa kumrexezi oyindoda kunomfazi. Namhla kunamhla. Pôfu kucacile kôna e-Jipete ukuba impumlo ibiŕuŕwa emfazini, indoda yona ingxangxatwè ukubetwâ ngentonga. Inatyiswe umcambâlala nesicangca esi. Yabe intlonelo yendlu yomtshato kumaxesha akudala siyityilelwa pândle kwibali lika-Abram ku-Genesis 12: 19. Onetyala lokuŕexeza ubeqûtywa olu hlobo. Akusiyo nyaniso ukuba ukutètwâ kwetyala ngosezo lwamanzi obukwèle kuqale ngexa lika-Moses, iyinkonde yakonkonde nje. Koko kwakuse kuliwa nesiko elidala elingumafevuka, lizanyelwa ukupâtwâ lifakwe intambô entloko. Ilisiko esilifumana lisenzeka e-Afrika Ntshona kumatyala okubulala, uŕexezo, nokutâkatâ, ummangalelwa kufuneke ukuzihlambâ esele amanzi abomvu—ukâlamqokolo, umahluko omkûlu ke lowo ku-Mosisi ofanelwe kukupâwulwa.

Ngokwase-Afrika, ukuba ummangalelwa uya likânyela ityala be kufuneka amsele umanzi abomvu lo, aze emangala asel' egwetywa abe ngonetyala. Wazi ni? Kwaye ukoyikwa kwale nto kubetå abaninzi umntu asel' evuma ityala ukuzikûlula amaqamesi namakâmandela. Kanti ke noko kuti kunjalo esona sibetò nesiqalekiso sisipûmo kwizifungo zosela amanzi kunasemanzini ngokwawo. Kuba xa aselayo unqangaza ngotixo wezipôselo nenduna ezixônti zamashologu ukuba amtshabalalise amtl tshe lenye ngokunje ngoku kombane xa ngaba nene-nene kanti unetyala. Le ndoqo-ntshongoqa yeyeza kufakwa amacetyana omti apå otile emanzini aburara bungapâya nasekâleni ngokwalo. Waye uyityefu ebukàli bubodwa umbane lo amatshe. Eloti lenziwe ngendlela yalo akusekò kuti ni emntwini angancedwa kupêla kukuti lingahlali embilini; ekoti kube njalo asel' ekûlulwa kutiwe "Umsulwa." Lidlokove lenje njalo ililo, ililo. Ze kupindwe kwa eso ukuba lisuke lê yabalala sel' enziwe ngabapriste ngokwabo, eyakuti kodwa lakutsho umntu ayobe, lipâtè kumnxilisa agebuze namagwebu ngomlomo, ebûda nokubûda epôloza esiti ni bamfumane enetyala ngokungapâya kwentandabuzo, nanko ebulawel' apò. Ze ati eyekelwe ngeyeza eliyityefu leyo, litsho sigugume sikûkûmale isisu sigqibe ngokugqabûka abe sel' efile kulo mityadidi nemijazo. Umlesi le nqubo ma kakê ayitêlekise ne-Mibalo 5: 11-31. Wofumana ukufana kwesifungo sesiselo seyeza kwityala elikânyelwa lingenabunqina bumbi, sikwafana nesipûmo senqubo enje pezu kommangalelwa. Kwaye be kunokufumaneka inqubo ezinjalo nakwezinye inkalo. Kuba e-Sicily kuxelwa ngenqâyi ezimbini o-Delli ngegama omanka inyalaqu nendubula apâ-zona ezasoloko zizele, zigugu-ma amanzi, abilayo anesalfari angaze apûpûme kanti akatshi abohle. Be kufungelwa apå kuwo nje ngomngxuma ka-Qwilikana kuma-Xôsa. Oxokileyo ohlwaywe kalukûni. O-Aristotle bona babalisa ukuti, "Isifungo sona be sizotywa etikitini lipôswe emanzini apò. Itikiti lidadile sibe isifungo siyinyaniso litshonile sibe sesobuxoki kugwetyiwe." Ibe ke ipêlile into ebitêtwå. Kufumanekile kwakôna ukuba olu hlobo lokutêtwå kwetyala lwafuneka lutshitshiswe kwiminyaka emashumi mane pâmbi kokucitâkala kwe-Jerusalem. Kwafumaneka ukuba ubuřexezi bamadoda bugabadele; nga ngokude u-Tixo

amangale ukuzalisekisa injongo zezifungo zabafazi ; ibe indoda ibutûme pântsi kořexezo ngokufanayo. Nceda lesa ku-Yohane 8 : 18.

Eli nqaku lolu řexezo lwakwa-Juda nase-Jipete siluqósha ngokwalatâ isitêtè sama-Afrika esinemfuza embi nenganelisi emxêlweni nje ngoko kwakunjalo kwa-Xósa nakwa-Ntsundu epêla-ukugqunywa ihlala ingatyilwa nganto indoda ekwa řexezileyo. Wahlala yena umfazi engutyini-tyini nomnini kwenzani yedwa ; asuke amadoda abetè atûnge uqununu lwenqu. Ubulungisa nobungcwalisa obungunocalana. Kwaba-Ntsundu base-South Africa uřexezo be luqâwulelwa umtshatò, lukètèlwe inkomo zekâzi, okanye babulawelwe apò bobabini.

*Abalusi nemihlambi yabo.*

Nje ngama-Afrika a-Ntsundu la, ama-Hebere aba ngamafuyampahla ehambâyo etânda nokuzalusa ngoku kwetû. Utè yena u-Abram nonyana bakè zazingqonyela zempahla leyo ebe zishukunyiswa ziqûtyelwe apò kuqondwe into ngokukodwa impahla ezinkomo. E-Jipetè pâya wona ama-Sirayeli aziwa ngemfidi yenkomo zawo. Atè namhla alipûma elo aqûba imihlambi emikûlu inkomo negusha, emva kwayo yonke ingcinezelo yasenkonxeni. La mazwi kwi-Eksodos 12 : 38. " Kwenyuka nabo inkitâ engumxube nempahla emfutshane nenkomo, imfuyo enzima kunene." Fanisa nesaba-Mbò mhla bapûma kwa-Xósa befudukela e-Ngqushwa. Atè naxa zinyunyeka zincipâ endleleni esinga kwele-Dinga azongeza ngokuxatûla kubantu aba-Pèsheya kwe-Yoredan ezitimbâ (abantu kanye ngama-Xósa aya tuta). Besenzela ukuze baliqale bengamadoda elase-Kanan ; labe elo ilelimadlelo alinqatâ ngokucuma empahleni ; aye amahlelo atile esizwe ingamafuya cwale. Litè ke eli shishini nexâpetshu lawutsala umzi, wade wabonakala uba ngumsebenzi onewonga. Kuti emapândleni nasemadlelweni pâya emi nge-Jordani nenduli zelase-Palestina kwakiwe isixangxe iminquba le kuhlalwe nazo konwatywe kube nje. Abanini-gusha nkomo batyebe bangawoti bedl' ingqende yendeb' endala. Ngapândle kwamaxabano apâkati komzi nengcinezelo zezikûlu kwa namaququlurana atânda ukuzipâwulela, kwakuluxolo nokonwaba. Yena u-Jobi wayesityebi senkomo. Zatsho wasisinânâ sezwe

lonke lipêla. Okumkani bokuqala u-Sawuli no-Dafeti bavela ekulandeleni impahla (I Sam. 9). Amadoda anje ngo-Nabali yaba zihandiba zemfuyo. Yena u-Absolom itshawe kwa-Sirayeli wayenefama yegusha zigcinwa nguye isiqu (2 Sam. 13: 23). U-Mesha ukumkani we-Mowabi elicûle legusha (2 Kumk. 3 : 4). Zada nentombi zenkosi nezezityebi yaludano oluhle ukuti zaluse impahla yakowabo emntwini ngeziqula (Genesis 29 : 9). Lada elona bizo lokuzidla kokumkani bakwa-Sirayeli laba lelobalusi babantu (Jer. 23: 4). No-Tixo iba nguye ngokwakê wehlela ekubeni abizwe ngokuti " Ngu-Malusi ka-Sirayeli." (Indu. 80 : 1). Watênjwa ngabakônzi bakê nje ngomalusi ongowabo. Kwaza ekugqibeleni abafundisi nabakô-keli betempile nabo babizwa ngokuba " Ngabalusi." Kutê emzuzwini izityebi zanabaqeshwa abazizicaka zokwalusa abebetI baxôtyiswe ze balunge ekulweni nabapângi kwa namaŕamncwa asendle. Naxa ukuba sinokugweba ngo-Dafeti, ibiba yintonga nje kodwa alusa ngayo, mhlawumbi ibe neqônqa (iqeŕu) loku-gwegwa into eyeyeleyo enqineni pâya. Abalusa inkomo bapâtê incula ende, inxôwana yomxêsho, isixana seruluwa nembumbulu. Ingubo yomalusi ibe yincâwa enkulu enokuwuti gqubutû wonke umzimbâ lo ngoku kwama-Arabu na-Bantu aba. Nakupi na ukudla be kulungile kumalusi. Maxa wambi balambê babe yilo nto bapile ngamagontsi nenongwe namat' entamo, kwa namasi nobisi lwazo. Bazonwabise nangengoma ezindle pâya ukugxotâ isitûkutêzi. Aba balusi bebegciniswa impahla ezi-gusha nebôkwe kube kô nenkomo, ama-esile, inkamela, nehangu kumaxesha okugqibela. Kwati ke kodwa kwalityêneba kôna okwehangu ezi. Kwaba liwonga ukwalusa igusha nebôkwe; anjalo namahashe kuma-Arabu. Ubeti umalusi yena nanko umhlambi wakê ewundila ewusingisa kumapândle wona, ezopâ-ngalala zizidlele zonwabe emaqundeni nasezikôtêni ezikuqâma kukodwa. Inkomo ezigudileyo zikêtêlwe awona nje ngezase-Bashan, eli xa igusha, ibôkwe kwa nenkamela zikûmatêla zihlutê ziŕamza kwisilevu semixawuka namajojo elase-Palestina kuma-cala anemitômbô yamanzi notyani obutâmbileyo bona. Abalusi aba bahlala ezintenteni kunje. Baninzi kanga ngokuba babe-nenkosi yabalusi emisiweyo. Zilapâ intango nezibaya zegusha (Imibalo 32 : 16) namatakane azo. Se kude kwakô nendlodlo

zentente zenkomo (2 Izikronike 14: 15). Wena utī inkomo ma ingakêlwa ndlu yayo! Be kuba kô namaqonga okála apô umalusi wocwanya ahlabe umkôsi kwisixeko sakê sabalusi ngotshaba oluvelayo. Batī ke ubundwebi bolu hlobo bambalula umalusi wento ka-bani. Ezindabele zalahleka ma kazilande eze nazo (Luka 15: 5-6) kuba abaninizo bebetânda imbuyekezo ezicakeni ezilahlayo maxa wambī ngokutyesha nokucwêbesha, nokuba izinkomo zindabela okanye ngamarámncwa aya zibulala (Gen. 31: 38-39). Pôfu ke le nqubo watânda ukuyibotôza umtêtô watânda ukutī esukuba iqwengwe zizilo, lafunyanwa kakuhle ixâyelo umalusi ma kangahlawuliswa mbuyekezo yanto (Eksodos 22: 13). Ukubanceda ekukûliseni imihlambī yabo nasekulandeni umkôndo wamanxaxá bagcina izinja nje ngama-Arabu, kodwa ingezizo zinja zintle zibukekayo, izezi zimbâna amavukuvukwana namaxôntana anqugwalana namtêndevana amabana nakunqina. Zizihambêla ebugameni pâya zizipīlela wena wabona ezakwa-Gcaleka ezo nqovu-nqovu zakô mntu ndini ezintywatywâ ezi zona—nto apâ zimbâmbô zipândle. Yaye le mihlambī ipīle kukubalwa le mihla (Lev. 27: 32).

Botī abalusi bona ehlotyeni batândane nentaba nenduli ngokupôla kwazo, apô zakutsho zibutê, zisetyisa, zipûng' impukane, ze ebusika baxibilikele emazantsi nakwelentili ukusaba umoya nengqele, kwabe kunjalo nakuma-Hebere. Aziqûtywa abalusi bazikôkela ngapâmbili zilandele zona, emana eqapûla ebiza ngamagama nje ngabe-Sutû aba ngabula Msindisi wetû owenze umlinganiso omhle ku-Yohane 4. Ezifayo namaxwâne (takane) umalusi eziwola ngengalo azityatê emagxeni, ekuqûbeni abambâze, ahambê ngokwamandla, namendu ezibityileyo nezityâfileyo, nezisindekayo, nezinocwâne, nezanyisayo, nezinoqônqa nenqina. Inqubo epinda ibe ngumlinganiselo ozuke kunene ngenyameko ka-Tīxo kubantu bakê (Isaya 40: 11 ne-Genesis 33: 13). Ezi nqubo zonke zisekô kwelase-Palestina, e-Lusutu, nakwelase-Mbô nje ngoko zicazwe njalo futī ngamahamba-nandlela. Atê wona ama-Juda akwandisa ubutyebi bawo benrwebo, umsebenzi wobalusi wehla exabisweni nasewongeni lawo. Kwada umalusi weqedlana legushana ziliqaqotyana legushana ezimbini neshunyazana wavalelwa ekunikeni ubunqina ematyaleni kusitiwa, " Okuya nje abo bedlisa emadlelweni abanye

ngokunyebelizisa kulo zilizili nopinzi-pinzi bangabanjwa bezimele le mihla. Se bezele ngamamenene angetiweni bani ekungencóliswe inkundla." Eli nqaku labalusi nemihlambi yabo kwa-Sirayeli, ndilifakele ukunqina ngokupândle ubunye bama-Afrika Omntla nemfuza yawo nalo mzi u-Ntsundu wakowetû. Se kwahluke ukuqelelana kweminyaka nezitili izo nezolo. Koda kuvokotêke. Uti ni wena!

*Ukuhlonipâ.*

Abafazi nabakwetâ be kulisiko ukuba bahlonipe ekutêteni intetô yabantu abakûlu abanewonga. Umtshakazi ubefundiswa ngokunqantsiswa ngabafazi abadala ngembûmbâ zobulongo, efundiswa ukuwahlelemisa awakwekwe, ewantsonkotâ, onke amagama asondele koyise balapâ ekwendeni nje ngomntu kanye ongene isikolo esitsha sobutshakazi. Kumakôsikazi omzi, kubafazi abangonina bomolokazana akukô ntlonelo nambêko inga ngale kumfazi walo mzi. Kuba naye ngokwakê woda angati angaqâwuka afe ukufa oku epôsile walibiza igama lokuhlonitshwa. Ewoti econiziswe ngokuti " ubiza ubawo ngoku " nanko ezindila ngombindi wendlela eya kucela ibókwe yokuza kuyixêlela ityelwe apâ emzin' akê ukuzihlambâ kwesi sincôlo nabanye robololo bamkâpê ; xa kuconiziswe lo se beconiziswe bonke. Abakwêtâ bona noko bebehlonipâ xa basesesutwini pâya ikakûlu, bakûluleke ukutêtâ, bayiqavise intetô xa se bepûmile bangatekcti, naxa ibisenzeka ngokungxamele ukuxika ukuti kanti umntu uziqêlanise gqitâ nokuhlonipâ okuya angumkwêtâ, suka sel' ehlonipâ eteketa naxa sel' eyindoda. Ukuhlonipâ kumadoda be kungalandelwa tyala lanto nje ngalempi yasetyini. Owasetyini yena komnamatêla naxa sel' eligqobóka kumfanele nalapô, kuba engene kummango " ka-Bek' uyihlo nonyoko " kaloku. Kuqukwa bonke abakûlu abongamileyo nabasemagunyeni ngesi sitêtô. Hlonipâ umzi wabantu uya kuhlonitshwa nawe lowo. Imitêtô elishumi kwakuhanjwa ngayo kaloku, kumnyama njalo.

*Unina nosana.*

Kumdlezana unina womntwana olusana olubomvu be kubalulekile ngokukodwa ezibula nje umntu ukuba afundiswe ngonina-zala (inasi zakudala) ukuba aqondane, aziqêlanise

nokusebenzisa usikiki, isicakati, nojejane, izinto ezingekabi sono nasipóso nangoku, ukuze umntwana wakè alikúpè kakuhle ijekezi, ihashe ngelinye igama. Kutè kule minyaka yokungena kwama-Yuropu pàkati komzi yavelela ne-*Castor oil* nezinto ezinje nge-*Epsom Salts* kuba kaloku yinto ukwakà ngoboya benye sikutyele. Ngoku (1936) se kungene inqubo entle nelusizo olukúlu yenasi nabazalisikazi abazintombi zetú ezi-Ntsundu ezifanele lo msebenzi ngokuncomekayo. Ziqaliswe kwi-Lovedale Victoria Hospital ukufundiselwa lo msebenzi wobunasi, zakútshwa zigqibelele izezodidi olupàmbili—izingqa-tàsi zona. Satàkazela sancamisa sakufumana no-Rulumente le mfundo engekayixabèli ngomgca webala. Ekunga ke kungahlala kunjalo kude kukàle ixilongo lokupèla.

*Ukutúmbúsa.*

Ukutúmbúsa nokugqobóza indlebe ezitinzini uyicúcè nasemqukumbèlweni wendlebe ngokutànda ngabula Besutú, lisiko elidala kwa-Ntu. Ukuqoqa izandundu, kufeliswe umvanjana omhlana nocikizekileyo kunene embonjeni eluqolweni lwawo nasezidleleni nxa zombini ngoku kwehaliti yinqubo yabase-Lusutú nama-Hlubi. Kuze ukucàta (càza) ubuso kukutshwe ugati (igazi) ngesi-Baca, igazi ngesi-Xósa ilisiko lwakwa-Bàca abalincoma kakúlu ukuvelisa intlahla emntwini ngokukodwa eqalwe eselusana wamana epindwa-pindwa oku kucàtwà (càzwa) kutàtyatwà ukuba ngokwenje njalo kongezwa intlahla pèzu kwentlahla ka-Tixo um-Dali. Ama-Ntlangwini wona asigqobóza isitinzi sendlebe banzi, kufakwe amatshaza enziwe ngento ezifana namaceba ekomityi le nekopu, nezinki nengcingo eziti kuba ezi zikinci zinxitywa esitinzini sendlebe zitsho ngeholo-holo elibi ngokukodwa zakukúlulwa ngokufunda nokugqobóka kwabantu.

Kuya mangalisa ukuyelelana kwemikwà nezihombiso, noku-vilambà kobuso obupàkati kwa-Bantu base-Safasifika nama-Mawori ase-New Zealand nama-Indiya, pófu iyimihlopè emi-kúlu esabu-Qèya, sabu-Búlu ama-Mawori la. Wa wena! Andibi na igazi linye kwaba bantu bahlukene ngebala. Izizwe zama-Xósa zona zitshatshele ngokubucókoza ngembóla ubuso afolonqwe ngayo lo mehlo ufike sel' elokolokoza embóleni, icàza

libanjatwê lakâzimla lamnyama kâca latiwa nqe ngentsinjana emhlopê. Umvambô utyakatywe esifubeni naseluvalweni ngabasetyini kukuhle.

*Ibôkwe emhlopê.*

Ngokwesiko lakwa-Xôsa umntu otwâsayo ubexêlelwa ibôkwe-emhlopê ngesitêtê, kusenzelwa ukubonakaliswa ubusulwa bama yeza aza kuwatyilelwa ngonina-kûlu. Amayeza amhlopê kuba emsulwa ekutâkatêni nje ngokuba wona ingawokupilisa umntu apile ngqe, qete angabikwa nowempumlo umfixamfixane lo wodwa. Eyona mbâlasane ngokubaluleka okude kwatyandusela kula matile-tile ale bôkwe nabatwâsi yintsobi eyelelene ngokupândle nenqubo yebôkwe emhlopê kwa-Juda ebikôlelwe ukuba ihlambâ isizwe ngokumka nezono kwa nezincôlo (isisihla) zaso zonke kuhleliwe nje. Kambê kwa-Xôsa inkomo le ibisihlambâ kuti tu isono somntu nje ngoku kwegazi le-Mvana ka-Tixo. Kuya fana ngokulungelelene ncam twa nala mazwi ati, " Bonani imvana ka-Tixo esisusayo kuti tu isono sehlabati" nentsingiselo yawo, koko kwa-Xôsa kutiwa, " Bonani nantso inkomo, njalo-njalo." Kwakôna litile-tile elibaluleke ngokumandla amnyama kuba kwizizwe zonke ezi-Ntsundu eziyinzala ka-Ntu, ibôkwe lelona dini ekusebenziseni amacîza akôlelwe ukupilisa ngamagqiřa namaxwêle nosiyazi. Ewe kona kula maxesha ale mihla se kufane kuqûtywa nje eli siko, ingene neyokusebenza amayeza ngokuxêla nokuba yigusha ngokukodwa emnyama, nenkuku yomhluzi wokuhlanzisa umntu. Ngokukodwa kula maxwêle ale mihla se kuxube kakûlu ngokwenza ishishini lamayeza, ingasacace kangako eyokutwâsa umntu apêhlelelwe ligqiřa elazekayo elingubani eliyindoqo nenkunqele enesigunyazo nasezinkosini. Kungene imihla yentswelo nokulambâ ebantwini yaguquka yakukuxelenga yonke into emntwini nokuxeza, yabetâ nasemagqiřeni yatshitsha eyomntu nobizo alunyulelwe Pêzulu ukuze ancede isizwe ngokusinyula asinyotûle kwindibongo zokufa nokupila. Ungasel' uhlal' uhlale ubâqe kumagqiřa wona esi-Ntu. Pôfu isekô noko lo mintalunga neminzaluba ngaminye, owofika yena umntu ezihombêle ezoyikela ngamazwi ati, " Undive pi na ngabani na, kuba andazi nto yakuti ni mna. Andazi kambê sofane senze, sipatalaze.

sifelisele ukuba u-Tixo Opézulu wosinceda ngezi ngcambû zemiti yaké." Kungenelele nento yokulixelela igqira ngapâya kweyamayeza la. Kubonakala ukuba se kusondliwa aba bakwetâ namahlakani alo atwâla le mihlanti. Kwangenelela nesiko lokusilela amagqira utywala ngokunjalo, lide livavwe nangeblanti kwabanye. Nasebôkweni yayinyama yayo eza kutwâlwa isiwe ekayeni lalo nasebantwaneni begqira, mhlawumbi balapâ nabo kule ntsebenzo yalo mrululu walo, nabafazi, okanye omnye kubafazi balo ukô ukukângela nokulondoloza izinto eziwayo ngokukodwa umfazana omncinane osisinqanda-maté ncsipâtânxôwa. Injalo ke ibôkwé kumatile-tile aseluhlangeni esilulo ukuhlangabezana nezifo nezikûhlane ebantwini. Saye simbulela u-Somandla owabona kuyimfuneko nemfanelo ukuba nje ngabantu sibe namagqira etû esi-Ntu kuba ayengekô singekabinawo nala amhlopé asincedayo, xa asaziyo asitétâyo isi-Xôsa. Namhla ke sibongoza kuba siwazi ukuwadalelwa awetû kuba siwatânda enyongweni, entsweni, nasegileni abe zingcapepe ke namhla ukwenzela ixesha elitsha.

Iya bonakala emvelini i-Bôkwé ibinxulumene namagobotiti olu hlobo; kuba iya kâla nje ngenkomo eqâwulwa umxélo xa ibulawayo. Iyibokwé nenkomo ke zité zabalasela kumadini okufa, yalahlwa ngokunukunezwa igusha nje ngedini kuba ilityanti ngobubuna nokunyamezela kwayo ukufa, kubonakale ukuba ukufa akusokotûswa nto. Ummangaliso kweli letû lingu-Yesu Kristu u-Nyana ka-Tixo idini kuvela kutyanduscle pandle umbala webôkwé wokukâla esiti, " Tixo wam, Tixo wam, undishiyele ni na ? " ku-Mateyu 27 : 46, waye ukwakô nowegusha, tyila ku-Isaya 53, 7-8 wofumana la mazwi :—
" Wakândaniswa ezitôbile engawuvuli umlomo waké nje ngemvana (itakane) esiwa ekuxélweni nanje ngegusha esidenge pâmbi kwabacébi bayo akawuvula umlomo waké. Utâtyatwé ekuxinweni nasematyaleni esi sizukulwana saké ngubani na owatélekelela ukuti unqanyulwe ezweni labapilileyo ; ubandezelwe ngenxa yesireqo sabantu bakowetû." Ukugqiba lo mngxilo tyila kuma-Hebere 9 : 11-15 neye 18 amazwi ati, " Ke yena u-Kristu efike wangumbingeleli omkûlu wazo izinto ezilungileyo eziza kuba kô, uté ngowona mkûlu ugqibeleleyo umnquba ongenakwenziwa ngazandla, oko kukuti onge ngowale ndalo

kungengalo negazi lebókwè nelamatóle kungegazi elilakè, wafumana inkululo engunapàkade ngokusihlawulela. Kuba igazi lenkomo nebókwè notútú lwetókazi olufefa abazinqambi lungcwalisela ekuhlambúluleni inyama, lobeka pi na ukugqitisela lona igazi lika-Kristu owazisondeza ngomoya ongunapàkade engenasipàko kuye u-Tixo ukusihlambúlula isazela senu emisebenzini efileyo ukuze nikónze u-Tixo opilileyo ? Nangenxa ke yoko ungumlamleli womnqopiso omtsha, ukuze bati abo babiziweyo (kwakubon' ukuba kube kó ukufa okuhlawulela izigqitó ezibe zipàntsi kwawo umnqopiso wokuqala balamkele idinga lelifa elingunapàkade. Ekungoko nowokuqala awasungulwa kungekó gazi." Xa kulapà ke kuqiqe wena ulesayo kule ncwadi ubunzulu nokusulungeka kwa nokuzuka kwemfundiso yebókwè le negazi layo kumatile-tile okungxengxeza amashologu nemimoya engcwele engcwalisa ide ihlambúlule nabebengoncanyelweni nentshatsheli zenqambi ezisiti makólwa kuhleliwe nje ngokukumbi tina Bantu. Hayi ingalo ka-Yehova engazanga yamfutshane ukuba ingasinyuli isidonyule toncu ekufeni, iye kusibeka elupilisweni lwakè olungunapàkade !

*Utàndo nomtshato wesintu.*

Intlanga za-Pèsheya ko-Lwandle e-Yuropu nase-Britani ziwujonga umtshato wase-Sintwini sase-South Africa ukuba bubukóboka obungunalutàndo kuba zisiti, indoda iya mtènga umfazi ngokumlobola ngenkomo oku. Kule nkangelo yabo kuxakene ngokungangenelani umgaqo wabo wozeko nentlalo yababini nje ngendoda nomfazi. Abangeni basondeza injongo, neziqèlo zabo abavela nazo kwelakowabo ilizwe, elizitètè zahluke nje ngenyanga elangeni, nanje ngobusuku nemini, begwagwisa ngotàndo lweyabo imitshato abati yeyotàndo, yoyolo nolonwabo bade balibale ukuba nakubeni kunjalo ikwa mininzi imitshato yabo nabo ngokwabo ngenx' ezininzi, zimbi ezihambà noselo nobuhlwempu, loyiswe olo tàndo, ide nayo maxa wambi ipèlele ekuqàwulweni nasekwahlulweni benziwe (kude kwakó nomtètó wale nto) bondlane, behleli ngokuhlala bengasahlalelananga. Indlela yokwenziwa komfazi ngobambó engacetyiswanga u-Adam ayalati kuba utàndo lupàmbili kangako emtshatweni. Kunjalo nje olu tàndo luya dambà lambàlala ekuhlaleni kwe-

ndoda nomfazi, ze kubonakale ukuba indlu yababini, elona qina lwayo lutândo lwama-Kristu. Baya yilibala ukuba imitshato yesintu evela kwabasendaleni ibibonelwa isoka intombi eyosiwa kulo ngabazali njalo-njalo; ikôlise lonke ixesha ukwahlulwa kukufa nje ngedinga nesibâmbâtiso esizukileyo somtshato wonke. Ekubeni imitshato yaba-Ntsundu bale mihla yokuzinyulela nokutândana kwabatsha ngelo qâyiya labo lenqayi-nqayi yodiyana notândwano pântsi kwale mpucuko ndini yangoku nale ndanga-ndanga ikôyo yentyila-zwi (Dr. Mqoboli) nemfundo epâkamileyo exakatê izidanga, izindwe, neminweba ye-B.A. ne-M.A. ezipêhlwe e-Fort Hare njalo-njalo ikâba nehlokondiba elintshokontshoko lika-Professor D. D. T. Jabavu; Kokôna tina nkulelane zalo mtônyama singxamele ukudela silicace eliti imitshato yangoku kwesi sizukulwana sobawo sivelele ekukânyeni, ekufundeni nasekusomeni, ayibambêleli ngujace-jace le mihla ezinkundleni zikakuyiqâwula. Kuba se kuhanjwa ngesinyokotô nangesitshantshatêla samagunya amatsha angenaloyiko Tixo, zintambô zamaxonya ndinyanisile, yaye neminyekendlane yaleyo ibise itiwe ntlo kôna aya qâwuleka ngezizatû, zinkenkema ezingonomanxedlana noncilencile ngamlenzana mnye-ukungabi naluxolo, nakonwaba, nalutândwano. Nto ibalaseleyo kumitshato yangoku (elo qâyiya siti tina zizindlu zamahobo-hobo nononxwe, namantshiyane kukutêmbêla emagqwetêni aqeshwa ngemfumbâ nebanka zemali esetyenzwe nzima. Abantu bebopâ inyilingo, amagqesha, namaqamesi) ukuba ode ayilungise na ibuyele kwela bôngo layo lokuqala lamhla mnene. Kanti kôna akukô mtshato unokulungiswa ngumntu owayengekô mhla wasekwa, ngokunye eqeshwe ngemali, engazanga wawuzakuzela.

Into angayenzayo onjalo angenza ukuba ibe mininzi eqâwulwayo ngokupûhlisa ishishini lakê nenzuzo yenxôwa yakê (ayizali ke wena) nje ngoko ixwêle lisuke liti be lifunelwe lo mntu ugulayo, ebonwa, eqondwa nangosebeleni ukuba ugula ngokwenene, kodwa lona lakunifumana nigula nonke ekâya apâ, nibe ngabahambâ nakô ukufa kunjalo nje se kunigqibile. Kuba licûmisa ishishini nentsebenzo yalo nje ngabambi bendlela beyiyalaza ngomhlaba ontushuntushu owokâwuleza ukumka namanzi emvula, nenqwitêla zemimoya, ungapêli umsebenzi, koko

uhlale usisidamama. Wona umtshato ongenasiseko singu-Tixo idwala lenyengane uya pânza kakade. Igqwetâ lona liya kusoloko *liza* kumlungisela umntu le ndlu yakê yonakeleyo lingasokuze liti, " Xolelanani " kuba balunge kwapêla bexabene nje (inkomo ibônxile) becitâna nje. Inqabe ke leyo kuba iya qâwulwa. Ayingekê iti isonakala yayiqoshelwe endlwini ka-Tixo Oyingcwele, kanti yobuyela ekulungeni xa kusendlwini yegqwetâ umntu ofana nam lo. Ncama uncamile mfo ndini! Ilunge iti ni ukulunga apô indoda se igxalatêlana ikûnyalala ngumsindo ngasemfazini. Kungasatândazwa kungasenziwa ni se ihambâ nenjezukazi kwa lapâ. Abe nomfazi sel' emana ukutsila amatê ngalo mhlantla liřatshi eti, " Ndifunga u-Dayimani wakowetû. Ehlangene nam nje uwufumene umhlaba unyuka, uya kuncama." Kube se kutênjelwe ezipajini ngoku ipêlile ekasitândwa siya kwahlulwa zindudumo; kuba lona igqwetâ liya sahlula ngoku. Abe naye lo sel' ekâtshwe zintwana xa aya egqwetêni, se kukô iminyelekendlane, xa umtshato lo wona siwutâtêla kwa ku-Adam awubonakali ukuba esona siseko sawo ngabantu ababini ababengekô mini kwatiwa emntwini odalwe yedwa ngotûli lomhlaba (Genesis 2 : 7) ; waza kodwa yena umfazi waveliswa ngokukûtshwa elubambêni luka-Adam indoda yakê (Gen. 2 : 21-25) ummangaliso ke kwa lapô kwintsusa yokusuka batândane nje ngendoda nomfazi pêzu kwala mazwi ati, " Ngenxa yoko indoda yomshiya uyise nonina inamatêle kumkayo babenyama nye ke Gen. 2 : 24." Abe kule ngongoma amazwi ka-Adam (ivesi 23) ati, " Eli ke ngoku litâmbô lasematanjeni am, yinyama yasenyameni yam. Lo yena ukubizwa kotiwa ngumfazi (têlekisa negama eliti, " Ngumfo-omkûlukazi "ngokuba etâtyatwe endodeni." Into ecaciswayo kwa lapâ entlandlolo kukusuka u-Tixo nje ngomzali nom-Dali womntwana ongu-Adam alitâtêle kuye ilungelo lokulazi yedwa ixesha lokuba u-Adam angabi sahlala yedwa, koko amlungisele umncedisi wohlobo olutile. Akapinda ndanga umfazi amenze ngotûli lomhlaba nje ngaku-Adam, into ebilula leyo kuye, koko emkûpê elubanjeni luka-Adam ukuze ibenye intloko yendlu egweba yodwa kupêle, omnye abe ngumzimbâ nje yena (intsapô ngokwesi-Xôsa nesi-Ntu). Kucaca apâ ekuqaleni nasekusekweni kwezinto sakwendelisela ukucinga ukuba yena u-Tixo nje ngomzali uhambâ nenqubo (nje ngesa-

kwakè e-Ìdeni) yokuba umzali onguso-soka ambonele ngokwakè unyana intombi amakayizeke, atshate nayo, ize kuba ngumolokazana ekàya apà, nalapó ivela kóna. Isizwe nohlanga yinjece emayibe lunyulo lwakó yena mzali. Unyana yena kumlungele kwamanela ukuti nje ngo-Adam (umkûluwa okanye unina-kûlu) " Eli ke ngoku litâmbó lasematânjeni am ; yinyama yasenyameni yam "; ekólelwe wakólosa ngoyise, owamzala yedwa. Ngokuka-Tixo akulindelekile (tina luhlanga lokutyeka, ewe singenza kambè) ukuti kunyana wakó, " Le ntombi ka-bani yasekuti ni uya yitânda na uya kólwa na yiyo nje ngomfazi wakó. Ndiza kukuzekela yona." Yena umzekele ngqo unyana wakè esiti, xa abatshatisayo emyezweni, kungekóna endlwini yetyalike nje ngegunya langoku lokuti, " Mna ndatshatela e-Tyalikeni ngentsimbi ka-11 ngolwesi-Bini." Kanti kwa lo mfana egunyaza esenje njalo nje litshijolo, ivuna-hlaza, nexilo-xilo lokuqala nelokugqibela. Nale ntombi se ityumtyeka, iliyoko-yoko eliwunduza ngamaqawusi ezivató ezimaweza itsho ngezandla ezimhlopè nezigqubutèlo ezitè qwa. Akulele nto kuba iza kuzala inyanga mbini itshatile. Tina luhlanga lwabakóhlisi nabamfamekisi aboyika abantu ngapézu ko-Tixo obona emfihlekweni. Abazali bobetâ ngoyaba xa kulapâ batsho unyâle. Umfazi ongunina wayo yena wozala bubuqókolo bukabuqokolo, abetè nalo ndoda yakè atshayele azindabe ngayo.

Kusemhlotsheni ke ngoko ukuba u-Tixo yena (ma kutândazwe salatiswe nguye xa sizekela onyana ; sisendisa nentombi zetû) kuba yona into yokutândana kwesoka nentombi noko ifunekayo kambè elo shoba lakó kule mihla sikuyo ngolo hlobo lwayo lotândwano nomlomo lo ungabekwa siziba, akunto kubantu abahambâ ngokwenyama. Kwakóna u-Tixo yena ngokwakè akazange akuqwalasele ukuba emtshatweni kuyimfuneko eyona ipâmbili ukuba umolokazana asebenzele unina noyisezala nje ngenkangelo zakwa-Ntu. Kuba se simvile esiti, " Indoda iya kumshiya uyise nonina inamatèle kumfazi wayo " njalo-njalo. Pófu ke intlalo-ntle ekwendeni nasekuzekeni yoba kó kwabafunde ubunzulu buka-tânda umzalwana wakó nga ngoko uzitânda ngakó ; wenze kuye nje ngoko unga kungenziwa kuwe nobuka-" beka uyihlo nonyoko " ngapândle kokwenziwa izifologu nezikûkushi kwabafażana abangomolokazana beli xesha. Waye nalo

molokazana ebulindile bukwamfanele ububele bokupêkelwa opulelwe ukutya nguwe ninazala oye kumtâtâ kunina obemenje njalo, umbonisa ukuba kwenjiwa nje kulo mzi mntanam, sihleli ngokupêkelana, ukupâkelana nokutândana umntu nonina. Yenje njalo ke nawe Noinjini mntana wam. Kolunga kuhlaliwe ngemvano notândo noxolo. Pófu ke kwa kolu tshato lwala maxesha sinawo mininzi imitshato ehleli kamnandi ngo xolo nokonwabisana nokutândana ngokukodwa kubantu abasaz'hloneleyo nabangama-Kristu anyanisekileyo. Amawaka ale yona imitshato kupêla yahlulwa kukufa nokufelana umntu nowakwakê. Nakwabamhlopê uya lunga ube yintsikelelo umtshato endaweni yesiqalekiso kupêla kulo mgangato wokoyika Lowo walatâ umfazi nendoda yomntu emfihlekweni. Xa ebeceliwe kucace ekuhleni napâmbi kwabantu, kuba kôna okubâlwe empapêpêni abantu kungarolwanga ezintliziyweni akunto yakonto; lilize lamaze, namampunge amampunge kupêla.

*Imidlalo yosapó.*

Imidlalo yosapó emakwênkweni ibingongcakaza, iceya, ucimbi-cumbêlele-pangalala, umgcuntso wezikôlokotê, untakani leyo, umngeni nondize na obedlalwa nentombi.

*Abagulayo nabalupêleyo.*

Kwaba-Ntsundu abafayo bebenyangwa befunelwa amagqira anolwazi lwamayeza bade bapile ukuba kuyenzeka. Kwa nabalupêleyo umntu ubelondolozwa agcinwe ade atyiswe nangommizo ekakazwa ngokosana olu kude kufike ixesha lokuba aziqâwukele ngelikade kungasacingwa. Kumaxesha emfazwe izidumbû zabafileyo be zilahlwa nasematyôlweni, zifihlwe emiqolombêni, emiweweni, emaweni, emahlatini, ezindongeni, zifakwe nasemingxunyeni nasemiwonyweni ngokungabi kô xesha lakuncwâba yimfazwe. Be kusoyikwa kunene ukugula komntu ngokukodwa xa se kuqondakala ukuba uza kuqâwuka. Xa se kumadakadaka se ingumroxozo nesikôhlela esi, wozifela ejongile umntu kungekó mntu umcime amehlo. Ububi balo nto! Wofika se beyilo ngqulatyana nenkulutyana enga ngeli nqindi. Nalo ndlu agulela kuyo seyiyingqongana engaka, behleli betê nzwanga se kusetyezwa nokutêtâ oku, kungasatshaywa nangotshayayo, inqawa isomela emlonyeni ibingaqûmanga

nokuqūma oku. Nditètà se kunqabe nokutinta isikòhlela esi, kuba se kulawula sikòhlela simbi endlwini apà. Endaleni ubetl xa se kuncamekile emva kwawo onke amalinge namazwembe-zwembe amatile-tile emntwini into emxèlo mde kunene, umguli nanko ekūtshwa ukuba aqàwukele pàndle, kuba le ndlu agulela kuyo iza kutshiswa (isiko lobulumko nempilo elalatà impucuko nemfundo yamfamlibe ngokupàndle). Maxa wambl isidumbū somntu ofele waqàwukela endlwini be sigqojozelwa iziroba esikūlu sikūtshwe ngaso endlwini apà, kusenzelwa ukuba singa-pūmi kwa ngalo mnyango uhambà abantu abapilileyo abazoku-ncwàba kwa nemilowo ebisonga umfi, kwa olunye upàwu lwe-mpucuko. Kuba aba-Mhlopè bona wofika isidumbū sihlaliswa sodwa xa singekancwàtywa ukulumkela into engekehli (*Preventatives*). Ezi mpawu ungazidela wena kulo mzi u-Ntsundu kanti zivela ebulumkweni bakudala ukuba yayingabantu ababe-bàla incwadi namabali. Koko yaba luhlanga lukabuqili nobu-qilipèlo bokubuqilingela bumbèlwe pàntsi ubulumko kusitiwa, " Azibonisani kuhlaba."

*Amatile-tile okondliwa nokuncwaba amawele.*

Umcimbl wokondliwa, ukongiwa komntu ogulayo noku-ncwàtywa kwamawele akuba efile lucūku olukūlu kunene, kuba lucedu-cedu olungenakutiwa nqa bani. Elinye lakuqala lilile nje ngosana kakade se lilandeza ngokulila elinye lixelise uwabo ; nditètà nokuba lenze nto ni na : lazitūm' amanzi, lacàma, lenza ni, elinye ma lenze kwa sabunjalo. Lize nokuba elinye liya gula lipiwa amayeza lenziwa ni se kufuneka nelinye lisezwe kulo mayeza nje ngoko. Ze naxa elinye liswelekileyo, oko kukuti libūbileyo lafa, ekuncwàtyweni kwalo, ukuze kube kò inkubele ma ke linxitywe imilawuti yokuncwàba eliya lipilileyo lide ke lingeniswe lilaliswe encwàbeni likawabo nje ngoko esikūndleni esiza kulalwa ngumfi okanye umfikazi landule ukubuya likūtshwe likūlulwe likūluliswa ezi ngubo zokuncwàba. Amawele asibantu ubuetè-etè nobunkene-nkene empilweni, ekuhlaleni kwa nase-kukulisweni kwabo. Yinto ebangamazwembè-zwembè amabona ndenzile kòna ukukūliswa nokondliwa kwawo ngokubonisayo ukuba kwahlulelwene ngobomi ebebanele kuzelwe umntu wamnye ngeli lisu linye endaweni yabantu abayimipèfumlo

emibini nangapézulu okuhlala kusihla ngokucúmisa nokwandisa kom-Dali. Kodwa ke hayi la maciki-ciki !

*Uzilo ngomfi.*

Uzilo ngomntu ofileyo loqala escsisidumbú, esakóv' ukuqáwuka umntu. Kutánde ukuba abantu basekáya apá bangatándi kutya bati shici intliziyo zibe mnyama ngumnquma. Kuba isidumbú somntu "asimlu wanyama." Izandla zohlanjwa ngamanzi emveni kokuba kukóv' ukuncwátywa. Ze kulandele ukucétywa kwenwele kubantu nabantwana basekáya apá kunye namaxégo kwa namaxégokazi nabendileyo nabasemisebenzini bonke kufuneka becétyiwe nje ngoko amasiko ozuko afuza ama-Juda nalatá unqulo olupákamileyo kumawetú. Ekubeni upálazekile umpánga izwe lonke ngezitúnywa nolwandile lwendaba ezitwálwa nangamahambá-nandlela, zobetá umngcelele nomtyino izihlobo eziza kukúza nokubeka ilitye zixananaze ixesha zivela kumacala ngamacala nenkalo ngenkalo. Inqubo engapéle ndawo ke leyo nga ngobubanzi nobuninzi bezihlobo kula maxesha angoku (1936) enqubela yase-Ntshonalanga imipánga, namazila, nemibulelo yawo kubafelwa abashulekileyo bambátá izandla entloko, ihambá ngeleta nengcingo netelefoni eziqútywa yimpundulu yombane (kanti impundulu le inomsebenzi omhle kangaka elizweni). Nangokukutshwa kumapépá endaba zezimvo zaba-*Ntsundu* zika-Mhleli Jabavu nabanye abahleli abadumileyo bamapépá-ndaba ka-Ntu. Lité ke eli túba lihle labaluleka kuba libe luncedo olukúlu kubafelwa izihoyana eziselusizini nasekuhlungiseleni okungatétékiyo, begqutyutélwe lilifu elimnyama lezila likakufa wena ulutshaba kwinto zonke ezinobomi. Ngoko ke le newadi iya wadumisa onke amapépá-ndaba akowetú iwabulela kanzulu egameni lomzi upéla. Ibongoza namawetú ukuwakútáza ngokuhlala abantu befaka izaziso zemipánga emapépéni nje ngesipó sika-Tixo.

*Imidlalo enje ngeleqe lenkabi ezingamaqegu.*

Endaleni kwa-Xósa nakwa-Ntsundu wonke ileqe lenkomo ezizinkabi ezingamaqegu laké laludumo lukaludumo. Kodwa lwaya lutyáfa ngokungena kwemfundo nencubeko entsha kungabonakalanga sipéne nasono santo kulo; kanti yenye yenqubo

ezikûtâza ukugcinwa nokuqeqeshwa kwenkomo eliduna ezinyawo zokukwela imtyatê umnumzana. Owofika sel' ehombê watsho wasisicicibala esi, sel' elixâsoba elikôhlwe nakukuhambâ oku, engasanyatêli sel' econdoba etsho nqe ngelo câza lihle kunene libânjatiweyo lingasahlalwa mpukane (ngabula Mfu. C. Koti) etsho ngomxâka engalweni apâ, eganxe inxôwa yokutshaya yalo mngxu wenqawa yesi-Xôsa elahlwe ngokufane kusukelwane naba fingxo noneři benqawa zasem-Lungwini, sitêtâ leya be kusitiwa nguMngcongo kowayo. Yaye ezintshayini ibingeyiyo nenqawa umsi ukupôla wakupûziswa, yaye isanconywa nangoku zintshayi zona eziyilondoloza ngokuyiti tshwe ngenqatâ lamafutâ ngokuhombâ. Ma singandabeli koko sipindele enkomeni. Amaqegu la ke nina aye yinto ngobunto. Abetâ akwabi lula ukuqala kokufika kokubotshwa ezidyokweni kulinywe ngenkabi. Leyo yafana nendlalo yosapô. Kwaba kwaseso ukufika kokwêlo namahashe kulahliswa okwamaqegu lawo. Zisina zidedelana kaloku. Kanti nanamhla nje kwesi sizukulwana setû sitsha yeyona ntsomi yonomeva ukubalisa ibali eliyinyaniso engumlalapândle lokukwêlwa nokuleqwa kwenkomo tina saziyo, singabi sibalisa ngokwêlo nomdyaŕo wamahashe. Ukuze ulutsha lweli xesha lemoto nelori nezinye inqwelo zomlilo zika-Ntsikana ezingatsalwa nkabi zankomo lutâtise luqonde kakuhle. Kuba ngoku (1936) se kubalasele umdyaŕo wamahashe enkunzi zenzekiso kuma-Bûnga, zitêniwe inkunzi zesi-Xôsa. Se kudambê nombalekiso wawo nawo emitshatweni nasezisuseni. Pôfu lona iqegu lalinceda kakûlu nasezimfudukweni ngokutwâla imifufulu yempahla, kungekô zinqwelo, naloliwe, nanto ni lo maxa. Kona ukuleqwa kuguzuke kwapêla kule minyaka nazimeko ezintsha zedipu nolimo lwazo olunganiki xesha lakudlala emntwini naseqegwini lakê. Se kukupêla kowetû e-Mbô nase-Lusutû apô iqegu lenkomo lisasetyenziswayo ngokukwêla (qatyelwa) nokubelesa imitwâlo yenkinqa nokudla okubûlelwa emasimini kwilizwe eliyimiganxanxa namagqagala entaba kwa neyemfuduka ngokunjalo. Asiboni sono santo tina kulo nto. Ngokukodwa kuba abanye abantu abanazinqwelo nazileyi nabantu bokunceda. Ningalahli imbô yenu ngopôyiyana nina ba-Mbô nipikele ukulahla izinto zenu. Akuboni na u-Mfu. J. H. Soga wase-Xoŕa kwa-Bomvana um-Xôsa ekungekô nkohliso kuye

usabalisa ngeleqe lamaqegu akowabo kumaxesha o-Hintsa, ukusicacisela ukuba yinto le nto yeleqe eli. Molo! Kóna kumaxesha akudala adlulileyo be kuncokolelwana kukutshiswana kugqweswana ngokubalekisa inkabi kwa nembâleki zezinja xa sukuba zisukela inyamakazi le. Kanti ezi zinto zonke zifane zatshitshela apâ esitûbeni ngokungena ikakûlu kwamaxesha amatsha chambâ nokuvalwa nokutâtwâ kwamahlati ngu-Rulumente. Yajika nenyamakazi yehlati lika-Tixo ukuba ibe yeyomnye umntu ongubani. Ehlani kambê nto zakowetû kwami!

*Ukuzingela inyamakazi.*

Kwixesha lasendaleni le nto ukuzingela ibibalasele nje ngowona mdlalo nesonwabo eluhlangeni olu-Ntsundu. Be kukwakó nokugalela intaka zigityiselwa ngentonga nezagweba ngabafana namakwénkwe zizokutyiwa ngokojiwa emakâya. Ezinye be zitiyelwa zigungiswe nangezigu nezabatâ ngamakwénkwe namacêbetsha nangendembû. Igama "lokondla" lixela ukuya kukângela izigu nemigibe ukuba ibâbisile akunjalo sini na nje ngoko be kutiyiwe. Yotsho kodwa inkwenkwe ililisele isiti, "Gungu gqozi lwam! Kabini katâtû kwedini!" Umfana nenkwenkwe eyimbêti ibiduma ngokunjalo kwa nenja elandayo nebambâyo, nebalekayo. Zaye izinja zizindidi ngendidi nentlobo ngentlobo. Umsebenzi wengqeqe, amabâku, namatwina la kukuzivusa zipûme ezingcotyeni apâ nasemahlatini nasemadotyeni. Zandule ke zikûlulwe ezintanjeni zona ezingamangesi. Uwabone nawe akukûlulwa. Ukuba akûlulwe ngoku ezintanjeni zoluntya amangesi wona. Zibetê amatshelu-imilotsho-lotsho yona, ziyigange ngoku ngepânyazo lona. Le nqubo kumazingela akudala yabetâ yatândwa inja le nga ngokuba isengelwe ubisi (intusi) enkomeni nje ngomntwana. Nantso ixâtshiswa lona umfazi abetwê, kanti ubetêlwa ukuba inja engayipótûlelanga ayivubisele ayandlalele ufele lwayo, okanye ugaga lwayo-isitê. Kodwa kule mihla sidibene naba-Mhlopê kungene uzingelo lwasebusuku ekupûnywa nezibane nemipu. Zize ke ezi zibane ndini zibekwe esigangeni esipâkamileyo nesiveleleyo kwa sehlatini apâ into eyotsho izitsalele kwesi sitâti sokukânya zonke inyakamazi, zidutyulwe zibulawe isisulu nobuburu. Ngenyaniso batsho zibe zingqiki-ngqiki bezikâhlela pântsi zitsho ngemfumbâ

nga ngokude kusile zize kulayishwa ngenqwelo ngamazingela asem-Lungwini asatya ngendebe endala kaloku.

*Ukubelesa imitwálo.*

Kwizizwe ezi-Ntsundu, ngokukodwa ezase-Lusutu nase-Madadiyela nakwamanye amazwana anengxondoŕa, amagqagala, imixawuka nemiwonyo kwa nemisetúluka yentaba ngokudalwa kutè ngokunqaba kwendlela ezisematáfeni nje ngoko kunjalo kwawezitábazi imimango nentili, kwadaleka ngokungenaku-tòtà isiko lokubelesa imitwálo ebunzima bungenakunyamezeleka ukutwálwa entloko ngabasetyini ngamaqegu enkomo. Le nqubo ke itè yalisiko eliqúbeka banzi emzini ngokukodwa ku kumaxesha emfuduka, nokulima, nokuvuna, nokubúla ukutya emasimini páya. Kwabeleswa amazimbà emasimini nombóna njalo-njalo ngamaqegu ngokukodwa kwabangenanqwelo naziko-tshi nezileyi zokututà ukutya. Nekúba eli likúlulwe lihambè ngokuhambà lifakwe ezinxóweni (amasaka) lokuhlaliswa emqo-lombèni páya osemasimini ukulindela ukulima. Nje ngaba-Ntsundu ama-Arabu ebebelesa imitwálo yawo kwa nama-Gwalla ase-Indiya alayishe imitwálo yenkinqa zokudla. Aye wona ama-Hebere ibingatènwa inkomo eliduna ngesitètè, uyitise amandla; zibe inkomo zase-Jipete nase-Palestine ababalisi bazibalisa ukufana kakúlu nezi zase-South Africa. Zilunga, ziŕwexu, zinco, zinjani, zimaxáka. Aye onke amaqegu esazana nokufakwa ulutya emqèbeni wempumlo nje ngoku kwakwa-Ntu nasem-Lungwini. Isimanga aba-Mhlop èbenesiko letú lokufaka iqèru empumlweni yeqegu kwezabo zomboniso, zifundiswe ukupátwà nokululama konke, tina bantu bokulahla amasiko abo namahle eluncedo! Kwa nasekubúleni páya abanye baya kwenza ukubúla ngenkomo namahashe abasukuba beswele abantu, ngokukodwa abamihlaba ilukúni ekwenzeni izanda ezingagxu-shekiyo kugqubeleke ukudla.

*Inkwenkwe nokusenga.*

Inkwenkwe nokusenga, nokwanya izapólo itye umtúbi, amaco-ngwane, uvatsha nosiŕuza, nongcengcengce, nokuprompa icuba. Umsebenzi wokusenga ngokukodwa kumaxesha angoku apò amadoda akátúleke ngokuhambà emisebenzini (kwa aba abantu batl abangeni, aba-Mhlopè, ngamanqeneŕa) nangokutl

incipê imfuyo ezinkomo ngokupêla kwemihlaba yamadlelo ngokungena ekâya kom-Lungu. Kubonakele kwezi meko ukuba ma ubuyele enkwenkweni ngokubanzi, sapônongeka isitêtê somsengi wendoda ngapândle kwasemizini yezityebi nenkosi ezitile. Nabafana abasukuba bekûtêle, benyamekele impahla baya senga xa limbi. Kodwa ngokubanzi, inkwenkwe se ingoyena msengi usisigxina, kwa nje ngokuba nokwalusa, nokuseza nokuti ni se kupêzu kwayo. Nje ngomntu ke onelungelo lokushinta emsebenzini awupêtêyo, unelungelo lokwanya izapôlo nemipêhlulu kwa nemincunzela nemicintela ezinkomeni azisengayo, ade ngokutânda abe nengudu yakê, ayanya yonke yona ngoko-Msutu. Ndiya wuyeka umtûbi, izigqořo, amacongwane nongcengcengce aba. Yoti ke inkwenkwe enengqondo, evileyo, ngokukângelela amaselwa ewasengelayo kwizindlu ngezindlu ekâya apâ kwa nokushiyela amanye amakwênkwe (ibe yona se iyinyalařa) kuba nawo enesabelo ngemfanelo yokuřeza, itânde ukuwashiyela nawo ahlutê kwezinye inkomo eziya, ngokukodwa intsengwanekazi ezinezapôlo okokuti umbele umnye ulitwâle iqela lamakwênkwe, abe ke yena umntu omkûlu sel' elindwe yingudu yakê. Kula maxesha izinto, ubisi ngokukodwa, into yezapôlo iya kupêlelwa lixesha, ize ilitôle lilunyulwe kunina lipîwe imbôdlela yobisi ngobungakô balo ; kufe neselwa lamasi. Kwenziwe imali igcinwe ezibankini zokutênga amakûba ne-cře nembêwu njalo-ñjalo, kunye nokutênga imihlaba nokufundisa abantwana. Kucace mhlopê ke emntwini ukuba ngokutshintsheka kwemeko kuza kufuneka amadoda abuyele emsebenzini wawo omdala wokusenga ipêliswe into yenkomo eyanyiwa yinkwenkwe. Leyo into ikwafuna imfundo ngokwayo kwa nomfazi lukafika ixesha lobudoda. Ibe ngesitêtê sokwalusa inkwenkwe inesabelo somtûbi enkomeni ezeleyo ngokukodwa isigqořo, namacongwane, nondonci. Kwizizwe zase-Mbô isigxina senkwenkwe yinjeke ekutîwa yinqadi ngegama. Kuba kaloku kuqâwuka kuhlangana noko. Kuba kaloku ngenjeke ukuyinika inkwenkwe ungabulawa ngabafazi basema-Xôseni. Yintsini leyo mlesi! Embô isifuba yinyama yentombi kuma-Bâca, okanye yeyomnini-mzi nosapô lwakê kuma-Hlubi abanininkomo, eli xa isifuba isigxina senyama yamadoda kuma-Xôsa, kuba-Mbô base-Koloni, kuba-Têmbû njalo-

njalo. Enye intsini leyo mlesi nengxuba kaxaka. Ehlani zizwe zenkosi !

*Ukutshaya, ukugwada, nokuprompa icuba.*

Ukutshaya icuba ngenqawa, nangokugwada ngentshengula (itispuni entlana yopóndwana oluhlana efaka igwada ezimpumlweni apá) kunzima ukulilanda silicáne ixesha ema ibe laqaleka ngalo kubantu bezwe bakowetú abangawacúkusi ngakuwabála bawashicilele amabali ezinto. Ukulanda ukutshaya kunqabe nje ngokunqaba kokulicána elona xesha lokungena kokulinywa nokusetyenzwa kwecuba ngokwalo. Kodwa kucace ngokupándle kóna, ukuba yinyaniso ukuba lo mzi u-Ntsundu ngokukodwa kwizizukulwana zangoku (1936) zezona zentshayi zecuba ekutshaya amadoda nafabazi, amakwénkwe, intombi, nabantwana ngapáya komlinganiselo ngapándle kwengcatú ezimbalwa. Yinto ongafika nomtwana sel' encaza kumntu omkúlu engenantloni, kuba ufundiswe kwa nguye nokutshaya ngokumana ehlohla inqawa le mihla etí, " Ká undiqúmisele mntwan am." Kwizizwe ezilubélu ama-Lawu nezilolo ludwe, zona zingenise isiko lokuprompa emzini, aliqulaté icuba emlonyeni apá imin' ezi libe yilo mókoma alihlafune imin' ezi, emana eginyana nalo maté agutyu-gutyu anjalo. Erwiqiliza esití ni, epátá kupúngula ngokutshica esapúla umtétó wempilo. Lisikwana apá elikuncóla kufuze elokutya isixáxa esenziwa ngokunculwa enqaweni apá ngemicingana yokusa. Owofika umntu sel' edumbise isidlele equlaté lo mtámo uvumbá liyintshongo nje ngegama laso kade. Sel' etsho ngalo ngilaxa ikunuka-ubóra lona. Eli siko asinto ukukáwulezisa ukuvundisa umtyiso, ubeté unuke ngokungaqélisiyo. Obetá nalo mazinyo alimazeke, angqumzeke abe zezongqolora zakó. Kóna ukuprompa nokutya intshongo nesixáxa akungeyekwe na mawetú ?

Intlobo zecuba zona nanzi : yiramente, lelide, lelama-Mpondo (intshatsheli), nela-Besutu (elibukáli). Lelama-Búlu elisongelweyo, nelika-stinise, yi-*Gold leaf*, nelase-Katala (Kat River *Tobacco*) namanye. Yaye intengiso yecuba namaciza, ngokukodwa ema-Rawutini, nakwezinye idolopu ezinkulu, inengeniselo enkulu. Yaye ibancede kakúlu abantu abaninzi ekufundiseni abantwana babo, nokwaká imizi ngendlela ezininzi, nakwe-

zinye indleko neṙafu zasekuhlaleni elizweni. Kucaca mhlopé ke ukuba ininzi imali esilahlekeleyo tina bantu ngokutyeshelwa kolimo lwecuba kwixesha elidlulileyo. Ulimo lwecuba ke nje ngento engangenelwa naluvivingane, enje ngoboya ke ngoko, lufanelwe kukuqûtywa banzi kakûlu. Izandla zabantu zibe mdaka kuba zipûtûma imali ebomvu emka nomlambó. Kungatyeshelwa ingeniselo engaka siti ziswcli. Kodwa noko kóna ukulitshaya ngempumlo, lisilwe libe ligwada nje ngoko enzayo amanye amawetû, lifanele ukunqunyanyiswa ngeli cala nangezizatû zempilo, nokucoceka kuba lisiko elenza abantu batétê ngempumlo namaṙoṙo ihleli imilomo eyadalwa ngu-Tîxo. Ndaye nje ngombâli wale ncwadi yesizwe kundivuyisa ngapâya ukufumana izikolo zolimo zase-Têko, Tsolo, nase-Flagstaff se zifundisa ulimo lwecuba kóna kumadodana akowetû kule minyaka. Ngatî sinxâmele ukutûtûka sisuke etyuweni. Kulo ndawo ke bafana bakowetû ! Kukwanjalo ukutshaya umya ngopóndo ukufuneka kunqunyanyiswe kuba yityéfu ebukâli bubodwa. Yaye eyona nto bubukâli bukuhlobisa ubucópó, apâmbâne ngokukâwuleza umntu. Andisayitéti yona ingedle. Wumbi afe nomzimbâ lo ungezantsi ; ujike ube yinyoka le yakonyoka. Usuke umya ngoku uzenze la daṙa yabângisa aba-Twâ. Kumnandi ke kuba no-Rulumente sel' enomtétó wokubotóza lo monakalo pâkati kwesizwe.

Abafazi nokutéza inkuni nezinti, nokusika nokutwâla incâ, ukumbâ nokutwâla kwabo iziduli, ukufulela nokwenza udaka batyabeke izindlu, bagudule batî ni. Umsebenzi wokutéza inkuni ezindle, ezindadeni, nasemahlatini, nasezingqaqeni zitwâlelwe emakâya ngentloko, zifunjwe inyanda ngenyanda pâmbi kwendlu apâ kusenziwa amagoqo, kutézwe namalongo, nendiza nenkanga (kucatyaywe ngokwama-Hlubi) kube nje, kulungiselelwa mhla liwileyo (kitikileyo) iliqwâ kubandayo ukuze kube kó into yokubasa. Kulungiselelwa namhla kuxéliweyo (kwahlinzwa), okanye umfazi azeleyo waba ngumdlezana ofukamileyo ukuze akwazi ukufukanyiswa ngabanye, namhla kuqubule kwafika indwendwe zaza zaxélelwa zifika kuhlwile ze umntu angaxakeki. " Yibani nilindile kuba ningayazi imini."

Izinto zokwakâ indlu, izinti nemiqadi, neziboṅda, namajaka bezingade zigawulwe ngamadoda ukunceda ngumnini-ndlu,

kodwa ma zitwálwe ngabafazi bencedisa omnye umfazi. Mhlawumbi zibekelelwe ehlahleni nokuba sisileyi senkabi nenqwelo. Kodwa wona umsebenzi wokusika nokutwála incá yokufulela indlu kwa nowokumbá nokutwála iziduli zokugangatá ibingowomfazi poqo. Yaza lo nto yenza ukuba bayisebenze bento-nye le misebenzi yabo. Umfazi owakáyo otyabeka nogudula indlu, osika inca, nofulelayo bamanyane bancedisane, beyifumene indlela yomanyano ukuzenzela lula. Endlwini emsebenzi obulunge kumadoda ngowokupingela ngezinti, nokuxóma upáhla, kudekwe ngala maxesha erontawuli. Oti akufaka ingcango namaŕoba amadoda abe agqibile alahlele kubafazi bayigudule, bayiqulunqe ke bona.

Imisebenzi elolu hlobo ke, enesiko lokucela izandla, itándene nokukútáza ukusebenzisa ngotywala (umtábatá) obenzelwe lo micimbi ibalulwa ngaminye ngokuzana kwayo. Mhlawumbi omnye ngobunono bakė axéle, enze nekofu nanto ni ngokuzidla. Nje ngokuba omnye engenakutya omnye ejongile, ngokukodwa kuma-Xósa, kunjalo onomsebenzi otile akanakubonelwa esindasindeka yedwa anganceдwa isixakeko sakė sigqitywe, kuze konwatywa kuhanjwe izisusa zaseluhlangeni ngesihomo nokucálakatela okukúlu. Nje ngokuya kutyiwa inyama yenkomo yedini kwa-bani into ka-sibani-bani. Mhlawumbi kuyiwe emdudweni, emtshiliswеni wabakwétá, ekungeniseni nasekupúmeni kwentonjane kwa-bani, behombė bayilo nto abantu benkosi. Kuqáyiselwana ngesimbó sokukúpisana. Wona ama-Xósa abantu bobubele, ukuzidla nokuhombá, woti ebekelwa lo nyama ngesitya nokuba sitėbe, abe sel' esikela omnye ngokungafuni ukuhlafuna anewaŕuze yedwa. Ezinye intlanga lityala ukuti wakupiwa nawe upė owakó. Wakuhlutá buyisela kwa kumninimzi apiwe nguye lowo uhambá naye, ukuba uya mpá. Uhlanga lwakowetú olu-Ntsundu, nakwezi meko zintsha lufuneka luqondile ukuba le mfundiso kakuncedana nokufukulana kwimisebenzi yentlalo emhlabeni ayigwetywa, koko iya kútázwa nalilizwi lika-Tixo. Kuba ilelona lipėtė imfundiso eti, " Tánda ummelwane wakó nga ngokuzitánda kwakó ; wenze kuye nje ngoko unga kungenziwa kuwe." Kukwakó neliti, " Téngisa ngesonka sakó (impahla yakó) upė amahlwempu." Akukó sizatú ke ngoko sokwenza unqapėla ndikúle, koko iluhlanga

elinobulungisa nje ngenzala ka-Ntu kanye oluya kupàkama luzoyise zonke ezinye kweli lase-South Africa ekugqibeleni. Sivuyisiwe kwezi mpando zetû ukufumana ukuba olu hlanga lwakowetû lunga-Besutû lwenza umtètó olukûni wokuba inkuni zekàya indoda izitûtèle ekàya ngenkabi, ibe pàntsi kwesohlwayo esiqatà mhla ke zatwàlwa ngumfazi ngentloko.

Utèzo lwenkuni be lunento yesiko lokuxula oko kukutl, omnye umfazi obengayanga kutèza aze kucela inkuni kuwabo obeyile weza nazo esitl, " Ndize kuxula." Kanti uza kutàtèlwa ezona nkuni zintle nezomileyo kula nyanda, azipiwe ngobubele notàndo; kuba nalo uya kuxula kuye mhla mnye. Hayi aba-Ntsundu! abantu ababetàndana begcinene nje ngoko. Betàndana nje ngama-Kristu, bengamaqaba abomvu ŕwe; kubonakale bengasatàndani olo hlobo bakugqobóka; kuba befike kumgangató wabantu abakólwe kum-Lungu. Umntu oswele isisa ngakuwabo. Zintloni otèngisa etèngiselana nowabo, engenayo ekuhlaleni kwakè intetó eti, " Nika ngesisa." Baya kude basifunde kum-Afrika eso sitètó. Kuba bona ngaba bati isaci sabo kwisisweli sakowabo " Mvimbèni, naye nguye akasebenzi." Kwaba-Ntsundu mininzi imisebenzi yokuncedana nokugcinana ngokupàkamisana ngesisa nangapàndle kwento. Ukulima ukuhlakula, ukuvuna, ukutûtà, ukubûla, ukwakà, ukubiya utàngo negadi, nesicuba, emadodeni, indlu yesutû, ukuhlinza, ukuŕola nokuvusa inkomo yeyele, nayipi na impahla eyeyeleyo nebutisayo. Nokubonisana umkóndo, ukufukamisa nokonga ofayo. Ewe, umkóndo wesukuba itè pèselele yalahleka ngokunxaxà, indabela kwezinye. Ukuncwàba ukukuza, umsitó womdudo. Ayinakubalwa igqitywe imisebenzi nemicimbi obelumanyana uhlanga ekuyisebenzeni ngokugcinana. Ebe kumele ukuba kube ngapèzulu ukuba njalo abantu bakwamkela imfundiso zotàndo nokutàndana kwa-Makristu ngokwe-Zwi lika-Tixo. Kanti ncama! Akunakuba njalo zimeko zase-Europe uhlanga lokuvimbà, ukuvimbàna, nokuqoqosha umntu nasemntwaneni wakè apà (igazi lakè) emva kweminyaka etile, nakumzalwana nommelwane wakè. Amalima ezandla, ukutyela ndawo nye, ukutya inyama yempahla neyamadini neyenyamakazi, ukusela utywala, ukuliza kunqonywe amahlwempu, ukulimelana (amahlwempu nenkedama ngokodwa) neminye imisebenzi,

nezincedo ezinjalo eluzuko luka-Ntu olupákamise umzi kula Makristu sheyi, asizikwa zakulahlwa ngancubeko yetu kambé. Ngokukodwa singasokuba nanto intle ngokungapáya siyibeka esikúndleni. Nibek' izitó nibambáze ukunyatéla mabandla akowetu xa kulapá ; nilumkele ukungalahli imbó yenu ngopóyiyana. Wapútúmeni, ninkonqele kuwo, amasiko enu amahle, kodwa niwalahle amadlala kuwo angasalilungelanga eli xesha sikulo. Hayi uhlanga olumnyama ngebala, kanti lumhlopé qwá ngentliziyo. Lupá um-Lungu kanye ngesisa, eténgisela abantu yena. Limcóla endleleni yenqwelo eyimfaqala lipángo (funda ku-Mateyu 25, 35) esisicenge emngcipékweni nasemqatángweni wokufa. " Kuba ndandilambile, nandipá ukudla. Ndandinxaniwe nandisesa ; ndingowasemzini, nandingenisa endlwini." Ukuze ke walekele ngevesi 40 kwa kweso sahluko.
Esi simo sizuke kangaka sokwamkela indwendwe zonke nomtwáli mpahlana o-Mhlopé nonjani, begxotwá le mihla ngowabo unga umzi wakowetú awungeze usilahle, kuba siyindalo nozuko lomntu odalwe ngu-Tixo ; olu tándo olungewele nolungazenzisiyo ngapándle kwebala nobuzwe nonqulo, ngenkolelo neqamesi lokuba sibanye ku-Adam umawokúlu.

*Abasetyini nokuká amanzi emlanjeni.*

Kumzi o-Ntsundu sisitété esingasenakulandwa ukuti abasetyini baké amanzi emlanjeni nasemtonjeni páya, umntu awatwále entloko awazise ekáya apá endlwini yaké nokuba kukokwabo. Nje ngokuba abasebuhlanti, amadoda namakwénkwe yonke impilo nenkatázo yempahla ezinkomo njalo-njalo isesandleni nasetyaleni labo. Sisitété esidala kunene esi. Ekungasazekiyo ukuba ma ibe yinto eyaqala nini na ukuba abafazi namankazana nentombi baké amanzi bewatútá ngokuququa ngokuwatwála ngentloko le mihla nje ngemfanelo yabo epámbili. Woncanyiswa ngumntwana omncinane oyintombázana wogxadazelela ekukéni amanzi nonina, inkwenkwana ematóleni noyise. Kumntu wasetyini libóngo ukuká amanzi emzini waké, ade endiswe ngokuténgelwa i-emela yokuká amanzi emzini waké ukulungiselelwa. Awatwále entloko le mihla ka-Tixo. Naye unqandwa kukugula abe ulele pántsi ukuze angawaki amanzi okutya nokupéka emzini waké. Yinto yale mihla le, igqitá nokutéza inkuni,

kuba kôna kuhambâ namaxesha atile axube nokuzitândela emntwini. Wona amanzi engekô endlwini apâ, kufana nokuba akukô mfazi. Wobetâ ahlazeke nakumhambi akuti kêbevu angene ewanxanelwe, kanti akukô netôntsi elimbâla. Aqale ke adume kwizwe lonke ngokudangala kutiwe, " Lutyutyuva, asimntu ! " Izizwe ezi-Ntsundu nga ngobunzulu bento yomfazi ukukâ amanzi endlu yakê ungaqonda xa afukamileyo lo. Abafazi bemimelwane yonke bayigcinile into yokunceda ngokukêlela le ndlu nomzi amanzi ngesisa (olunye umanyano) ngemfesane notândo. Abewodwa asiwa kwamdlezana pâya ngentumekelelo enkulu. Ingqeqesho yabasetyini ekukêni amanzi nasekutwâleni entloko izinto ngezinto into enzima ukwenziwa yindoda (uku-(ukutwâla entloko) kuba itânda ukutwâla emagxeni apâ yona okanye ipâtê ngesandla nalo habrusaka ndini. Eli xa owasetyini ade atwâle ngokungcekelela entloko kanti lo nto (ewe ngevamhla) ayinakufane ipûluke iwe. Isimanga kodwa yoma imi ihlale ihleli entloko ngesiqêlo sengqeqesho enzulu kunene. Nemifufulu ngemifufulu yokwindla yamabâqolo ombôna nawokoja kusilwe izigezenga nengixi, nezidudu zamazimbâ yotwâla entloko le mihla ngokulula yonke lo nto. Ufike intokazi imemelela idu-mzela ngonyana, umdunakazi sel' exonxa nengalo nalo minwe itâmbileyo onwabile, exolile. Kanti xa limbi ubeleke nosana lwakê emhlana (inqwelana yalo kaloku kwa-Ntu). Indoda yona itwâla nzima entloko. Ungabona kula maxesha okubuya nemitwâlo ezijoyinini ufike umfo engasalunganga. Uyihlo wakô woganxa emagxeni apâ nalo nxôwa yamayeza nokuba ngumngqungu wecuba, ukûko nenkatâ yoluzi eya kutêngiswa. Eyona nto indoda engumtwâli wayo yinyamakazi ebulewe enqina, ize ekâya ixâkazela se inyalasa, iyingqule emaxântini pâya ngegunya. Kângela ke !

Pôfu ke kula maxesha okânyo nomfazi omnye, zininzi izinto ebe zitwâlwa ngumfazi entloko ezinje ngezitûngu zencâ, ifatyi, namatye okusila kwabasasilayo. Izinti nezibonda, nemiqadi yokwakâ, ukutûtâ ukutya emasimini njalo-njalo, ezibotshelwa inkabi nenqwelo, nezikôtshi nezileyi ngoku zitsalwe zinkabi endaweni yokutwâlwa ngabafazi nje ngasekudeni. Se beba-ninzi nabantu abanefatyi zokutûtâ amanzi endaweni yokusinda-sindeka afabazi nabantwana ngamanzi le mihla ; umfazi omnye

kanti umiti namawele ngaxesha limbi. Neenkuni se zitézwa ngenkabi ikakúlu ngoku, kulayishwe ezinqweleni, ezileyini, nasezikötshini zenkabi nakololiwe. Kodwa wona amankazana ase-South Africa ngamandla okutwäla ngentloko nokubetå intonga nenqindi ma kayekwe. Eli xa amanenekazi asemLungwini adume ngokuba zizidalwa ezibutätäka. Tina awakowetû zinyati ezoyisa amadoda ngokwawo. Aye amanye ezazi nentonga zakupätwå, nendoda le ashikixe ngayo eludongeni lwendlu ; kanti akulalwanga kuhleliwe nje. Emva kokufunda ezi-Bålweni ngokukodwa ezidala wopåwula mhlopé ukuba isiko labaki bamanzi emlanjeni nasemtónjeni naseliweni emqolombéni lalisisitété kwa-Juda abanenzalwano enkulu nomzi o-Ntsundu wase-Afrika kwakulandwa amasiko nezitété imikwå neziqèlo nenqubo. Koko bona amanzi ebekiwa nayindoda nayinkazana kungabi kögxeke. Nakuma-Afrika a-Ntsundu iya wakò nendoda ematånga ibise emakåya ; nasezinqweleni, nasemfazweni. Sibe sona isitété sokutwåla entloko sikwabasetyini poqo.

*Ukusila nokusela utywala.*

Ukusila utywala koqala ngokuqokelela imipånda, eminye ibolekwa kweminye imizi kudidiyelwe. Baqale abantloko zitåmbileyo banxile, badabalale kwa ligwele eli lodwa bakulisela. Bakéteke banxile babe ziyakala nalivumbå eli bambi—amakéndle wona. Abafazi bosindwa ngamatye okusila, kuba eqokelelwa kaloku, zibe lapå nebékile ezintle, namajomo kube nje. Kupitízele abafazi ekåya apå ngokwenyosi zihlangula. Ze bakuhluzwa batye intluzelo ; kungenwe ke kaloku kuselwe luluntu lonke, nomhambi nobani, kuselwe ngapåya kokuba utywala bulungile kumlinganiselo otile wempilo. Asisatéti ke ngomnxilo oza kuba kó. Kuba injongo yokusela utywala kukuba konwatywe, kupéle izitúkutézi, nezizungu, kude kukútshelwane nezixiba ngokwale mihla. Ngoko ke umntu ma kasele aselele ukude anxile angene kulo mndilili wobunqambi buze entloko ebucótsheni aze kupéla intloni nobuntu. Baguquke bonke abantu aba babe nje ngemiti nezipúnzi—izimpukumpa nezipupupu zona. Wonxila ke umntu abe yilo nto. Ufike egebúza amaamagwebu, epåtå kuhlanza utywala, ibe yilo midabazo namanyumnyezi aya kuwoyika akawucinga naye kusile ngomso.

*Ubunxila beli xesha langoku.*

Intselo yotywala besi-Ntu idale ubunxila obuya bukula neminyaka le yezizukulwana ezitsha; nga ngokuba intseli ezi zona se zivelisa poqo uhlanga lwamanxila alo mqombóti neřangqa. Kute kona kula maxesha badibelela ingqondo nobucópó ngokuvanga nobom-Lungu ibranti, iřawuzela letshotshozela lona; bavutwá nemilomo le abantu inzwana nenzwakazi. Waligamgam nalo mzimbá upékiweyo wavundiswa wabákwa uhleli kwesi silongolongo ionti le. Kwabetá kwayilo nto nawe unokuyiqikelela ngengqondo, ngqondi kangqondi, sazingazwe singumlesi. Kupinde kwalekela omnye umqwebedu, bakongeza, bavange omnye umdidiyelo kwa kule mitáyi. Osiqedaveki (*week end*) osikokiyana no-*skill-me-quick* (bulala ngoku) injwabavu nentshontshovu nemiqwangele yendywala zona ezenziwa zifundiswe abantu bakowetú zi-Nzule ne-Nkalane zase-Rawutini nasema-Natal napi na apó kuhlanganisene amakéndle endloloti; kuba enyanisweni se singamalayita tina bantu bangoku. Lulo olu xélwano ngezitshetshe nezinkempe ulubonayo ngoku. Yinto ongase usuka ubabona abantu abaselayo ngokudumbá imizimbá le ibe ngalo matyabela, lo madindilili xa ngekuba umntu unenqatá. Ekotsho kungene nezipóso nemitshetsha nezilepere kube nje kulo mdovu nomdidiyelo wakó. Libeté likukóhle ukulahleka kwentlahla nomkitá wakowetú. Apúma kolu selo lunamandla agabadeleyo amanyingilili namanyondonyondo abubi bungapáya kwesazeleleli somntu nengqondo yaké ipéla. Yintlondi efundise enye intlondi yokulwa ngemela namabósó abinqwa esinqeni yindoda. Nditetá akundoda mfazi, nkwenkwe nto ni. Basilařana oku kwebókwe bakutya. Kulapá ekucace ukulahleka kwesimilo sobunene nobunenekazi kwa-Ntu esasicoceke ngokungenakumbi, kungene pákati komzi ubuřalařume, ubungqwangangqwili, nobugonyoti oboyikekayo. Kwavela uhlanga olutsha olusihlabane, umtinjana, nomlisela ondili nenkuliso kwa nengqeqesho isezidolopini ekuxelengeni nasentsebenzweni, ezitilongweni nasezitokisini, abantu abangenasiko lakowabo, yaye iyeyona ncitákalo nentshabalalo yesizwe sakowetú ke kanye leyo. Amasela asela qongqololo yonke intsebenzo yokubila kwebunzi lawo ekusebenzeni kwawo, abuye ngokuza kuténgisela amatyala aké enkinqa zosapó, nemali azitye

yedwa, nononca bakė, ezixula kubalingane umqongqolo wetólana elalisele, lilokolokoza se lilodwa elutángweni lukayise; kuba ubuhlanti se bumile incá.

Abanye kwa kwezo fanga namadikari, negemfi babuya se bengalo mabunga namaviti nemiogho ekóhlela imofu, ihlanze igazi, umntu sel' exákazela ulubú lwamashweshwe, eqúba ulwatsáka lwentsapó ezalelwe endle kwanotánda, yakúlela pákati kwama-Kula nama-Tshangana ama-Tshayina namatshijolo onke. Into ese ziqéle ukupasalaka ngoku kwamatóle ezagwityi, nezakwátsha, amacelu, intendele nempangele; bengazani nangelivo eli nesiko, izitétė ingqondo, kwa nonqulo lwasekáya kowabo. Cinga ke nawe ulutsha oluvelele ezifangeni batekctiswa ngokunikwa ipeni zokutėnga ibanana—tshipile e-Kuleni neglasi yehobiya ne-orenji njalo njalo. Andisatéti ngenkunyevana zamazinyo, nendungunya zezisini ezikúnyulwe inxaholo zezikéwu ziswitisi neswekile umntana ezalelwe wakúliswa ngayo. Umntu aqáyise agase ukuba yena ezele sel' etúma. Umntu lo! Xa sel' elahlekene nengqeqesho kayise nonina wahluka ngani na kunyana olibádubádu? Ngu-Ngqika no-Matwa umntwana wakė ndiya funga kweka (Luka 15 11-21). Mlesi nceda ukė usilese sonke esi siqendu. Uze upáwule la mazwi ngokukodwa, " Bawo ndonile ngakulo izulu nasebusweni bakó; andisafanele kubizwa nje ngonyana wakó, ndenze ndibe nje ngomnye kubakónzi bakó." Upáwule ilahleko, isihelegu nentlekele engenakuxelwa emhlelayo wonke umntwana kwa nomntu (ngokukodwa owasebuhlanti), itémbá nentsika yomzi kayise. Andisatéti ngentombi umti osenkundleni, into ekonakala kukanye kupéle. Akwahlukaniswa nanko erentula, ecila, ekáyeni lakė elinemfesane yakė imbėlwe kungekó limbi. Wohambá ahambė ezinxála ngenkanuko zeminqweno emibi nangamatyanti amanyumnyezi angenakutétwá ekuhleni ingenakufolwa nangosiba nomsizi we-inki (emnyama nebomvu lizila) lo wona wodwa umnyama nje nangebala. Kuba ngenene yam yonke, obalo mikwa bona ubumnyama bobesitókotėla nomgxuma wesokupéla isitókotóko. Wabe lo mpéfumlo, lo mfakuca, nemfenqemfenqe, olo gofolo noqóvuqóvu yimfanqala yona engasoze ihlutė bubuncwane beli hlabati, kuba ulihokoha lohongo-hongo, into ekunxanwa kungasokuze kuti ni ude wenze

ngolu hlobo. Ekuseni ngums' obomvu nenkwenkwezi, inkwenkwezi exela ukusa. Kukupûma kwelanga, yintsasa litê tshapâ, kuseminana, emin' emaqanda, emva kwemini, liyemk' ilanga, kuya hlwa, kumatshona litshonile, lucoloti lwemivundla, kuhlwile, kusebusuku, se kukânya inyanga nenkwenkwezi nocel' izapôlo, namaŕoza njalo-njalo, kusebusuku kwesikabâdakazi, ubusuku buhambile, umnyele se ucacile. Kuya sa inkuku ziya lila. Kuya sa okungaliyo naliya ikwêzi—nasiya isilimela nocanzibe. Inyanga nanzi :—eyom-Qungu, eyom-Dumbâ, eyo-Kwindla, uTshazimpuzi, eye-Tûpâ, eyom-Sintsi, eye-Dwaŕa, eye-Nkanga, eye-Ntlaba, eyo-Mnga njalo njalo.

*Umvubo wamasi nomxâxâ wetânga.*

Isizwe sama-Xôsa nesaba-Tembû naba-Mbô nezinye zibaluleke zodwa ngokutya umvubo ekudityaniswa amasi avutiweyo eselwa, nemvaba, nekani (mva nje) ade avutwâ anengqaka, ukuba kunokwenzeka, nesonka esicujiweyo kakuhle nokuba ngumpôtûlo wenkobe (gumgum) opêtshetiweyo emveni kokuqeqeshwa zintombi zase-Mbô. Umvubo owenziwe ngenkobe namasi (bati abanye yingxangxa ngesiqûlo) yabe ikukutya okunesondlo nempilo enkulu ezizukulwaneni zika-Ntu, abade baqêlisela bafela kwa kukô nabangeni abangabaŕwebi nabafundisi aba-Mhlopê namafama nonovenkile. Ebekô nawokusengwa ibôkwê negusha ; owofika amakwênkwana alumkileyo emômâna nebôtile zawo azimbêla emtônyameni ukuwavutiswa atyebe abe yilo nto. Umnumzana esitâ kwiselwa lesi-Xôsa (eyetû inyufashoni kaloku). Amasi wona atânde ukuti adimale kumntu wonke ngawemvaba ; kuba sitê sisotûka zabe imvaba se zilahliwe tya pâya kwa siti ngesingalaziyo ; yasesezolo. Kwa wona ama-Xôsa la ebetândana kakûlu ngokukodwa ekwindla, nomxâxâ wetânga. Umxâxâ ke sikutyile ingcambâne, asiyile nto be kupêkwa igqubuza letânga lisuswe ingqweqwe ezi, lobulwe, licwêlwe libe nje. Ze ke lidityaniswe linjalo nenkobe zombôna kwa nezembôtyi ezintsha; lipêkwe ke livutwê liti dubu. Lixôxwê ke ngoku liyondelelane lidibane nenkovu, libetê ngonyovu lwento ekuyola kukodwa. Kuya kuti kwa kulo mxâxâ kwenziwe inkovu ngesityana nokuba ngumcepê uti amatâmo engemangapi, kôn' ukuba litê kanti litânga elinencasa asingala madingolo,



P

amajavu-javu nemityuba yezi mini zezimbàlela zenu, ubone se wanele se udlulisa kuwenu usiti, " Kà uve apà. Kunjani ? " Yinto le nto utsho ukòtà umlomo. Ummangaliso wale nto ngulo wokuba umvubo wamasi lo, ndingatèti nganto wona umxàxà, uya sunduzwa konke nawo esililini sawo lixesha lokukànya nelemfundo nobu-Kristu kwa neswekile ezi. Izizukulwana zale mihla zona zizakotùka kweli bali ukuba kanti yinene epèleleyo, yinto eyakà yalanywa umxàxà lo, ekanti nomvubo lo awusento kangako. Se likwa liyafele negabècu elingento; ongase ubàqa umnumzana ongaba kambè usenenkumbùlo yawo nakuma-Xòsa. Se ungumngcangcatèko weshoba yile kofu ndini. Wobona omnye evuba lo nkatshunkatshwana yesonkana esimhlotshana sasem-Lungwini ongaba usenclivo nenakani lento enjalo kwibèsinana nokuba sisikotilana sencencana yeli xesha lezingcedevana nebèkilana endaweni yomvubo wamasi enkomo zikayihlo elukàmbèni. Atye umfana ahlutè abe siputsu kube kanye aze kutyeba abe negazi endaweni yale ti kutinywana nayo kule mihla yesi-Lungu. Ubafumana benjani ke ukuba nomlambò nomkòndo bonke ? Buyelani emvubeni wamasi mawetù, pùtùmani impilo yenu koyihlo nonyokokùlu. Le ngqaka yamasi wena ikwa yile bòtolo uyitènga kum-Lungu ityebisayo. Akukò nto intsha. Uncama imbò yakò ngopòyiyana nje wena kupèla !

*Ukuquba emlanjeni.*

Ukuhlambà emlanjeni (ukugeza emfuleni ngesi-Bàca nesi-Hlubi) ezizibeni, emaquleni, nasemitònjeni nasemacibini pàya lisiko elidala kakùlu ngokungasenakulandwa mntu kule nzala ka-Ntu. Kuhambà nokubizwa nokudliwa ngumlambò nje ngenkolelo nesitètè. Abafazi nabasetyini bebehlambà bodwa nentombi ngokwahlukileyo kumadoda namadodana, abafana namakwènkwe (amabènubèntsu kaloku). Pòfu ke ulutsha lwasekàya, amakwènkwe, amadodana nentombi namankazana ibingento yakonto kangako noko ukuhlambà ndawo nye mhla lowo. Kuba nentombi zeli kàya be zibùsha ze ekàya apà kungekò nto, zipùma zingena ngemisetyenzana yekàya pàmbi komntu wonke ngapàndle kwenciyo. Izinto zitshintsheke ngokufika kwempucuko yela-Pèsheya, baye pòfu bona abe-

Lungu kokukóna besahlambà babe ngulo mdibo womdovu ezilwandle ngokukodwa, bambèté ezo mbénce-mbénce zimlanda ziti gqi ngapáya umntu nje ngoko wazalwayo esihleni, esidiangalaleni, belapá nabantwana nomhambl nobani. Isiko elimanyumnyezi ngokuhambis' umzimbá uhlasimle okunje na kóna ! Kube kwa zezo zintikilana zeblukwana amadoda abe-Lungu bemidlalwana yabo. E-Jipete siwufumana umkóndo wesiko lokuqubá emlanjeni we-Nayile (umlambó ongcwele) kwesentombi ka-Faro kwi-Exsod. 2: 5-10 lo mhla yacóla usana olungu-Mosis engcotyeni yomkánzi. Ibali lalo maxesha lalatá inkolelo yobungcwele nempiliso yamanzi yemilambó enje nge-Nayile e-Jipete, i-Yordani, e-Samariya nase-Palestina, i-Abána ne-Farpara e-Damaskusi njalo-njalo. Tylla ufunde 2 Kumkani 5, 12-14 mhla kwahlanjululwa inkankatéla yenjovane nesikákamela esingu-Namani kwisifo saké sesilepere emva kokuhlambá kwaké amaxesha asixénxe e-Jordani kwa-Sirayeli. Inyati ikúkúmele langaka ilunda eratshini negode layo lobuzwe ngala mazwi :—" I-Abána ne-Farpara imilambó yase-Damaskusi ayilungile na ngapézu kwamanzi onke akwa-Sirayeli ? Be ndingehlambi kuyo na ndihlambúluke ? " Wajika wahambá engumlilo—eso sinyala-nyala nesinkuntsankuntsa sesijora. Wehla ke wantywila izihlandlo ezisixénxe e-Jordan ngokwelizwi lo mfo wakwa-Tixo. Kwajikelezwa kasixénxe nasezindongeni zase-Jeriko mini zawa. Yabuya ke inyama yaké yanje ngenyama yomntwana wahlambúluka eso silepere saké. Ummangaliso wemimangaliso esixénxe ehlanjululwa kwa kukuhlambá kasixénxe, inani kakade elikubaluleka kukodwa esi-Bálweni Esingcwele.

Kucaca ngokusemhlotsheni balesi ukuba amanzi omlambó, okanye imilambó etile ebenempiliso nentlambúlulo enje ngamaciza abukáli awona abukáli butshatsheleyo ngokukodwa xa enokupilisa ahlambúlule isilepere nazifeni zonke. Kuba isilepere yinkunzi yezifo. Pófu ke le ndawo isafuna ukutyilwa ngapézu koku. Kungomnye ummangaliso ukuba amagqira asema-Xóseni nakwa-Ntu atwasayo yinkonde yawo ukuya kuntywila kwa lo ntyontyololo esizibeni samanzi emlanjeni (ngapándle kwa-Mhlopé) kanti ke kulapó lakutwásiselwa kóna bonke ubunkunqele bolwazi lobugqira namayeza alo ngokupéleleyo ngoyise noyisemkúlu apá kwakéle igqitá nesulelebe. Obu

buqili bakéle emlanjeni bulu hlobo luni na, baye badaleka njani na? Ogqifa betû ma kè bambûlele mna eli qina, mna ndinqatyelweyo. Yindibano epândle le kuti ma-Afrika amnyama nama-Jipete nama-Sirayeli, ama-Samariya, nama-Damaseko ngendlela etile. Isiko ke ngoko lokuqûba nokuhlambâ emlanjeni, emitônjeni, nasemaquleni lelizuke ngokukûlu nje ngomzekeliso wokuhlanjwa ezonweni nokupiliswa komntu emzimbéni nasempéfumlweni ngegazi lakè elisusa kuti tu isono setû nesulelebe laso.

*Amahasa ingesiso isancôzi.*

Umcimbi wamahasa kwezi ndlala nezimbâlela ze-1936 ngokukodwa, enqôlowa, ma sipindele kwa-Juda apó wawusimiselo ebantwini baka-Yehova Lev. 26 : 9-10. " Ndinibeke ndiniqâmise, ndinandise, ndiwumise, umnqopiso wam nani; nidle amahasa, nikûpè amahasa endaweni yokudla okutsha." Nala, " Nohlwayela ngomnyaka wesibôzo, nidle amahasa kude kube ngumnyaka wesitôba, nodla amahasa lude lufike ungeniselo lwawo." Naku-Gen. 41, 36." Oku kudla kube yinto ebekelwe ilizwe iminyaka yosixènxe yendlala eya kuba kô ezweni lase-Yipûta lingatshabalali ilizwe yindlala." Ma siqwalasele bukâli kakûlu wona lo mcimbi wamahasa agcinelwa iminyaka yosixènxe yendlala, atâtè ibe sitôba pâmbi kokungena kokwindla. Kuba ezi zinto zibuhlungu kangaka zahlela le Jiputa ikwa lilizwe letû liswele kunene inguquko nokânda olubenza abantu bakôhlwe kukuyaleka ngamava abo, esinga isifundo sale ndawo asingepôsani naso ngokukodwa ilisiko elidala lakwa-Ntu. Uya bona ke kóna e-Jipete ukudla kwakuzalisa izindlu kuqoqoshiwe (Gen. 41, 56) amazwi ati " Indlala yabasezweni lonke. U-Josefu wazivula zonke izindlu ezinokudla (nje ngomnini Jipete kakade) watèngisa ngenqôlowa kuma-Jipete (inkinqa). Kuba indlala ezweni lase-Jipete yaba namandla." Qondisisa kwakôna (Dut. 28, 8) le ntetô, " u-Yehova uya kutètâ intsikelelo ibe nawe emaqongeni akô, nasezintweni zonke osisa kuzo isandla sakô, akusikelele elizweni elo akunikayo u-Yehova u-Tixo wakô." Ugqibele nge (2 Zikronike 32, 28).

Injalo ke ngqondi silumko ndini sase-Afrika apâ (elona zwe lika-Tixo) nebalekela isabele kulo i-Mvana ka-Tixo mini bayi-

pâtêlc intshuntshe (ngezwi lakê), ingqanda, namaŕwana o-Herode becitwâ zindlala emazweni abebanikele, babe zimpanza sukuba ingabo ngokwabo balahle u-Tixo wabo esona sisukulo, elona kakâ, eyona nqaba nelona hlati lenyaniso ngabula Ntsikana. Ummangaliso indladla, ovimbâ, namaqonga okugcina ukudla ekâya e-Jipete nqwa, ncikwa nasema-Xôseni. Hayi kambê le mfuza itûngatâ ityûtyâna nezizukulwana isenje nje!
*Amagazi ngamagazi.*

La magazi exesha lakudala senze utyukatâ, utyungutyungu kwa nomtyûtyûmezo ukuwalandela kula manqaku nje ngesiqalekiso awabasiso kwa-Juda ku-Isaya 1, 15 funda wenje nje " Xa nolula izandla zenu ndowafihla kuni amehlo am: ewe xa nenza imitândazo emininzi, andikupûlapûla: izandla zenu zizele amagazi." Wa mlesi! kâ ufanekise nawe la manqaku ngengqondo yakô " Igazi lipêzu kwakê " (Hez. 18, 13) " Igazi elingenatyala " kwi-Dut. 19, 10 uqâgamshele u-Judas Iskariyoti Mateyu 27: 4) " Igazi elipâlaziweyo " ku-Gen, 9, 6; " Igazi elitshiziweyo " ku-Eksodus 29, 16; ' Igazi eligalelweyo elikwa tshiziweyo " kwi-Eksodus 24, 6; " Ityala lamagazi kwi-Ndumiso 51, 14; " Amadoda amagazi " kwi-Mizekeliso 29: 10; " Indoda enegazi kwi-Ndumiso 5, 6; ekubeni wati u-Yehova (Lev. 4, 17) " Umntu otê wabetâ umntu wafa nokuba nguwupi ma kabulawe afe." Lesa ku-Matesalonika 4, 6 ati, " Ngenx' enokuba i-Nkosi ingumpindezeli wazo zonke ezi zinto nje ngoko sasinixelele ngenx' engapâmbili saniqononondisa." Wawa umbuso wakwa-Juda yacitâkala i-Jerusalem, zawa i-Bayibiloni ne-Damaskusi, zapânza zazimbâcu intlanga neipâtâ-mandla zase-Asiya nezapi. Wawa u-Tshaka namagazi akê, uwile u-Bûngane beno-Mtîmkûlu. Upânzile u-Xôsa ka-Senza nobukumkani bakê. Akasekô u-Mhswehswe, akasekô ubani kabani; izizwe nentlanga ezingakutêni ukupâlala kwegazi lomntu. Buhlala ixeshana nje ubukumkani bamagazi; enobu bama-Bûlu sipântsi kwabo ngo-1936 aba buya hambâ igazi lomntu o-Mnyama se lilicekwa nje ngokungati kubulawa intaka nenyamakazi le mihla. Kanti bona obuka-Yesu Kristu unyana ka-Tixo ozisa uxolo lukaluxolo emhlabeni bohlala ngonapâkade. Siqatsela la mazwi ngo-Luka 2: 30 " Ngokuba amehlo am alubonile usindiso lwakô, olulungisileyo ebusweni bazo zonke (intlanga) izizwe. Isikânyiso

sokutyilela intlanga, uzuko lwabantu bakô ama-Sirayeli." I-Numeri 24, 7 la mazwi, " Aya kumpompoza amanzi emipândeni yakė, imbêwu yakė ingasemanzini amaninzi. Ukumkani wakê ma kabe ngapêzulu ko-Agagi ; buzipâkamise ubukumkani bakê." Obu ubukumkani bo-Tixo Osenyangweni osipêlo sento zonke ezisemhlabeni bavunywa yinqu Nebukadnezari ngokwakė ; isigonyoti se sikûnyalala sona esilunda lingaka (Danyeli 4, 3) pâwula la mazwi " Imiqondiso yakê, hayi ukuba mikûlu kwayo ! Izimanga zakė, hayi ukuba namandla kwazo ! Ubukumkani bakė bubukumkani obungunapâkade ; igunya lakê likwizikulwana ngezizukulwana ! " Siqosha ngokubopêlela elona têmbâ letû lobukumkani obutsha kule ntsikatye ingu-Yesu um-Sindisi osunduze ubukumkani buka-Xôsa nobuka-Ntsundu ngobona benyaniso nemfanelo ukuze sizuzane nokupila ngonapâ pâkade eluxolweni lwakê, nakolo xolo nokupûmla, sihlale naye nje ngoko anjalo enguye nqwa.

*Umcuku notshongo.*

Ema-Xóseni nakwa-Ntsundu epêla, umcuku lo ibingesityo sakudlala ezintweni zikô. Ubusenziwa ngokutí kupôtúlwe inkobe zombôna nokuba na zezamazimbâ ke wena kuvutywe ngomngxengo wamasi, intloya nevanya yotywala kumaxesha encoyi. Ubekwe ke mntu ndini wenziwe umbeko ufongome ugugume ke kukubila nokuvutwâ ekuya kuvukelwa kuwo lusapô lwasendlwini apâ lwenze ibûkuqu, lebetê lubûqe, lukôtê, lulenye, lumunye kungasali netshengele eli esityeni ebe sinomcuku. Yinto ebibatyebisa kunene abantwana umcuku lo, ngokukodwa amantombâzana asafikisayo. Ese kukubi ukuba ulahlwe, ukulahlwa umcuku kwezi mini zetû zibantwana baya kusuke ibe ngunyale nenyashawe apâ engazani nazityo zempilo yasekâya.

Utshongo lona lusemi inyawo. Kuba kakade nje ngesityo esingaboliyo sakwa-Ntu (inyu fashoni kaloku nati) ngoku kwemiqâtâne imiqwayito nebifu zasem-Lungwini. Utshongo lunamandla kwimpi nekâba lakowetû lejoyini eya emisebenzini ema-Rawutini ngokubanzi, Natala, ema-Kapa nokuba kukwa-Ntliziyo-ndise emsebenzini. Kuba lo se inguwona mbuso, umkôsi, nemfazwe ezifunyanwa kuwo inkomo zokuzeka nemali zerafu nenkinqa nento ni, amatyala evenkile nento yonke yoku-

pila emntwini onomzi nekâya. Utshongo kuŕoqwa okanye kugcadwa umbôna lo ube luŕoqo ke nje ngoko waziyo uqêlileyo nawe. Ze ke usilwe umgubo (ugaywe impupu ngokwase-Mbò) uvangwe nobuswekilana nokuba sisikotilana okanye isiqûnyana konompotwana, mhlawumbi inxôwana yebâyana njalo-njalo. Kundulukwe kuhanjwe ke kusile ngomso. Nanko ke umfo elutyatà nolu tshongo lwakê pâkati kobuxâkaxâka bakê imipâko, amaqwili, inyongwane imitômboti njalo-njalo. Anyalase sel' etêmbêle kule migodlo (isi-Sutû ke eso) iziqûma. Utshongo asinto ukunqanda unxano emva kohambô olushushu nolude; lwaye lukwaqinisa amatâmbô namadolo kanjalo endodeni, ekanti aluboli nokubola nokubana luye lwakutsho emkôna ngowona mpâko emntwini wojikeleza efuna ngawo umsebenzi ade atâmsanqele awuzuze. Siya vuya kuba lona utshongo kusa nkontelwe nje ngesidlo sohlanga esinga kungahlala kunjalo ke mawetû. Zingaqwelwa zigogodwe zonke izinto ziluncedo.

*Ukutya amaqâshu ogcado lombôna, awexa lokuvuna nawentanyongo kwa nombôna wokosa ekwindla enqum ngokuba magxwala.*

Ema-Xôseni, kwizizwe ezi-Ntsundu esizaziyo nesiziqêlileyo, amaqâshu ogcado lombôna ngokâmbâ nesiciko sembiza ebetyiwa ngesimiselo sesitêtê, umntu awatye awahlutê, agqibe ngokuwati yala asel' amanzi kungenjalo umngxengo nokuba yintloya, atshaye inqawa yakê onwabe, okanye atôbe ngofepiwe wotywala nokuba na yivanya kula maxesha abo. Kanti ugqibile akasanqwenele nto yimbi. Kusekâya, kâya lam elimnandi. Woqonda ngokuxukuxa ahlangule, avungule amazinyo. Ebekwanjalo amaqâshu exa lokuvuna nokuvunisa, ekwanjalo nawentanyongo atûlwa emleni pâya (etânjiswa ngokumbêlwa emgqubeni, maxa wambi atsho ngentsema) eli xa ebelondolozelwe imbêwu famlibe. Umnumzana egqibe ngokusela amanzi nje se kugqityiwe, kupêlile. Sati ke esi siqêlo sala maqâshu ndini, ayabi yiyo nento ukuqinisa, ukomeleza, nokulondoloza amazinyo nempilo ebantwini kwa nasebantwaneni naselutsheni lupêla. Sitêtâ esikwaziyo, sinqine esikubonileyo sakwenza ngokwetû tina aba. Bayawa pika, hi betû! Kube kwa seso kwakungenwa kwinkobe zombôna nezamazimbâ kutâtela kumbôna omagxwala ekwindla esojiwa izikwêbu. Azipêke inkobe ama-Xôsa-

kazi aba-Mbókazi naba-Témbúkazi ngobucúle nobunono zitsho zibe nembàtú zinuk' imbiza. Zimbi zipékwe zitàmbè ziti'yoco (bèdu, dubú). Zikugqibe ke wena ngomvubo wazo kumasi avutiweyo enengqaka, anditéti wona ingawemvaba ipétwè licúle lomsengi yena. Zikuqwele nenkobe zamazimbà zenjiwe njalo ufune zona nangomso. Kuba uya kubutèla untubuluze unge uya sela ungaseli nje. Nakuba inkobe ingumpèko onetyé-neba, kuba ngowokufukamisa ikakúlu, utyebise abadlezana kumacelembisa acekeca kunene wona ma-Xósa.

Emadodeni, namadodana, nentombi zasekàya apà zoyola zincame zona ezombóna, ngokukodwa zopúlwe zisenqum ; kuba izindidi ezitàndana nokuqumnqàna nemimafula yemitàmo engamaqulatà amakúlu ukomeleza ingxolo nemitóvutó le emntwini. Owofika kusutyelwana ngezandla nomcepè ngobubele obungenakumbi. Ukuzitóbela ezantsi be kumanele umfana ukuzalisa isisu ngokusela amanzi ahlutè ngokupéleleyo, atsho sibe namanqobo nemvanya. Axukuxe ngamanzi (imvotó elokuhlinipà abafazi). Hayi kambè nina umvubo wenkobe zinembàtú yazo enqumnqum nenqabanqaba kamnandi emlonyeni nasezinkalakahleni namakúhlanguba. Yonke le nqubo kazinkobe yanceedisana ngokukúlu nokulondolozana namazinyo ahlala esempilweni yomdali wawo (kunye namasi). Ekubonakala mhlopé ukuba zintshengece ezazenzelwe ukuqumnqàna, ukunqunqutàna, nokuhlafuna zicole into elukúni emxakayo kwa bunje. Awabase, efamfatà onezikéwu namazinyo abulalayo ale mihla yenu yezonka. Nanko ke, nantso into yenu nina banini kwenza ! Umahluko ngati udandalazile ngoku apà. Pófu womva umntu wangoku lo nxaholo izikéwu, elilisela ngoku qúlana nama-Xósa naba-Tèmbú ngeliti, "Mna andinakutyana nenkobe zombóna nje ngom-Xósa nom-Tèmbú. Andiyontaka. Màwo ! Be kuba kwasesi ngombóna wokosa ekwindla. Ufike umntu emtya emvutèla empèpétà ngesimilo. Ngati ndiya mbona ehleli ze embundwini weziko. Kwakulo mcimbi wokulondolozana nempilo yomntu namazinyo aké, ama-Xósa nezinye izizwe ayete ayiqeqesha ngokuyikútàza into eyimpilo yokutyiwa komongo, umxo, nomxononozo (inyu fashoni ye-Xósa *Castor oil* kaloku) namahleza enkomo kuṙeqwe nemisipà le ngawo, ngamadoda, amadodana, namakwènkwe kujongwe nasekuguqu-

guquleni ukutya esiswini somntu nje ngoko anjalo nama-Ngesi la wena ezityweni zawo. Yacúma le nqubo yesi sikolo ngokukodwa ngalo maxesha amzuzu eyabe ité inyama yenkomo ya yangumdliva yafana kwa nezi nkobe namaqashu ububaliselwa ngawo. Kuba kaloku yabe iyimihla yokwambésana nokuzixélela amadini, amagqira amasutú, intonjane, amaroma emihlahlo yamakomkúlu, indwendwe, nento ni. Asingeku baleli sigqibe nto ma sinqutúle senje njalo, sidlule siyekelele, siyeketise apó lawu ndini. Kuba neli pépá lingazala liti mohlo mfici. Uya kukándwa lo mongo ngumfana bekúlulisana emzini, ebuhlanti páya se bebila besoma bengalo matónti namanqugwala owamatámbó amakúlu ezitó zenkomo nawentungo noxóngo bamanqina namanqe. Akóté azikikiye ededelana ngembékwano nobubele amadoda amakúlu. Kukótwá nogwatyeni womxo nomxononozo kwa lapá. Kude kuxozwe nentsema zezo ntsenge zamahleza kutsetsetwá namagxalaba, se kupiwa namadodana namakwénkwe ngobubele kwalapá. Kumana kusulwa izandla ezitámbileyo zobunene entlokweni yenkwenkwe (inyu fashoni kwakóna) zand' ukupótúlwa ngento entle enesidima. Andisatéti ke kóna isisi senqawa xa kulapá kuba umfana woqúmisa eqúmisile. Ufike ibúlwa igqula lo nxówa yebókwe yokutshayela. Ipáté kuvutélwa izal' umoya iti mpu kufunwa igquba lecuba. Atété esiti kodwa umntu, " Ká ufakele mfo ndini kabani. Akuncami na, lingekó nje ! Oda ke alukuni apóswe enkwenkweni nasenjeni. Nazo ke zinqabe zincamise umxélo, kuba kuxheliwe kowazo, kanti ogqiba ngokuba aqokelelwe ukutshiswa nje ngedini lamatámsanqa. Aye amawetú angoku etémbéle kula mazinyo kutiwa ngawezinja (*artificial teeth*) atiywe kunene luluntu. Ká udlule apá kwesi siganga uqwalasele isiko lokukukuza itambo endodeni, kuba yolinqalasha ngesimilo (uncame kwawomqolo) mhlawumbi ngunyana ulipiwe yindoda enkulu (ozandla zihle) yati, " Ká ubamb' apá, nali itámbó sikupé mntwana wam ! " Imbékokazi engenga nganto ke leyo ; aseleya kuzibekela páya kwesetiki umfana isikotile kuba etándwa. Oko kutándwa ke kuyawa susela kunina, nokuti kanti lo mfana naye unesimilo. Kuba ukushiyelwa yindoda enkulu esityeni sayo somvubo nenyama, nencoyi, nanto ni, akukó nto igqitá le. Akuncami na ! Akunge yiqondi yona inja yakupóswa ingilaxa yesiqa senyama umpúnga

ukuba itye? Yotsho igude ilale uboya kube sekâya. Kule nkalo kukwakô nokuncinda amafutâ ongulwa kwasenyameni apâ, kuncindwa ngezandla kubâdekwa kumana kukôtwâ, kuncindwa nangezihlunwana zenyama (igama elincôlileyo kwa-Zulu). Aye la manqakwana mlesi akukuhle na sakuwaqôsha ngelokusela amanzi. Kuya simangalisa ukungabi nakulilanda kwetû eli siko isiqalo salo; isiko lokunxanwa nokusel' amanzi kwinyamakazi engumntu. Ngatî kodwa lisusa kwaku-Adam, ingqalamntu. Wotî ke akuba enxaniwe, nanko etâtâ isitya, nokuba litûnga, ukuba asimcepê, aye kukâ ntyu ukuba akawakî ngazandla asele, okanye awaŕamneele ngasinye. Owova uwabo ekâlima ngelitî, "Undipâtêle nam, undipâtêle." Ibe yilo ntundanja beza kusela bonke.

Le mihla ke, umntu nowabo, kude kupêle inxano bezinxâla ngolu lucwê lumyoli luka-Adam olumsulwa ngokwaziwa lizwe lonke kuba lucwêtâ udaka, isabonkolo, isele, impukane, isinambûzane, ipêla, nesibi esi simbâla. Amanzi afundisa ubuncâtû (*moderation*) oti namhla kwenzeke ngemasi lokungaqondi, nokungatêlekeleli, nobunxâmo, ewasele wawagqitisa umntu (*excess*) awatyekeze kwa oko, ade atsaze nangempumlo, nemibôdlo ibe lapâ. Angavumi ukuhlala njalo embilinini kumlinganiselo ogqitileyo kowendalo. Emhlabeni asinabali lamntu wakê wada wawazila amanzi, akawasela ngokumala nangokungavumeani nempilo yakê. Aye namagqiŕa angoku ngokwawo asuke ahlabe ukutî impilo yomnye umntu iyonakala. Kwakâ kwanjalo apâ kum ndixilongwe ngu-Dr. Wall esese-Gcuwa mna ndiseTûtûra Mission kudala. Wahlaba ukuba kupêla ngamanzi andiwaseli ngesiqêlo samasi nezi ti ndini. Kwanyanzeleka ukuba lonke ixesha ekuvukeni kusasa ndisele ikopu yamanzi. Ndapîla ndangumqâtû unangoku. Banjalo bebaninzi abonakele impilo zezi hobiya, tshintshibiya, lamaneti-ndini, nto ni-ndini zakô kuba engasaselwa amanzi enkala. Yonakele kakûlu impilo yabantu ziziselo zasesi-Lungwini esizidla kangaka ngazo tina luhlanga lokugqitisa kakade ezintweni. Kanga ngokuba lo mcimbî ufanelwe kukuqwalaselwa ngamagqiŕa a-Ntsundu esinawo pezu kwa-Mhlopê kunye nenasi esinazo eziligazi letû; ngokukodwa kumgangatô wokufa kwentsana nowokufa kwabantu bebatsha bengafikanga nakumashumi asibôzo (80) la. Bade

ngati babodwa abasetyini kunamadoda, basum-sum bona mpela. Nokuba likûlu elinye umntu esidla inkobe, ongakê ê cakatâ ekûlwini bose bembabaza nasemapêpêni. Abe u-Metuzela (Gen. 5, 25-26) wafa egqibe 969. U-Adam (Gen. 5, 5) wafa ena 930, u-Abraham (Gen. 25, 7) egqibe 175, u-Sara (Gen. 23, 1) wafa ene 127. U-Mosis (Dut. 234, 7) 120. Bobahlanu aba bantu kumanyange batâtû 2321 izilimela befa bengalupâlanga. U-Mosis yena iti intetô yale vesi yakê, " Lalingenaluratyazo iliso lakê mini wafa (kulo 120); esomelele nokomelela." Umhlola wenene ndiya funga. Ndim lo ndinama-64 kupêla, amehlo am lungcumevu, se ndifamzela kanga ngokude ndikângele ngentsimbi ndingaqondi nokuba ndoba li-atâlala lexego elinjani na ndawatâmsanqela lo 80 ngokwenza kwe-Nkosi. Andimazi u-Mancapâ inyange lakwa-Xôsa elidume ngobudala, ekutiwa wada watyiswa ngommizo, ukuba ma kabe wayentanga ni na ekufeni kwakê. Pôfu andikôlwa noko ukuba ubengabalom nokuba lom nakweli 120 lika Mosis, ndingasatêti nga-Matuzela. Ubukûlu bale ngongoma bubalasele nje ngelanga emva kobutôngo bentlombê, kuba le lahleko yemihla iqale kwa ko-Adam, nga ngokude yena ngokwakê ashiywe ngama 39 onke eminyaka ngu-Metuzela, eba u-Metuzela lowo yinzala yakê. Ngoko ke ndicela ngembêko kula magqira akowetû a-Ntsundu azinkunqele (ndingewagqibi ngamagama). Nokuba leli-Mhlopê na elizivayo, kê litâtêle kulo ukwenza impando eshicilelweyo ngoku kufa kangaka kwetû Bantu nenkosi zetû ngokukodwa sibatsha kangaka. Obawo noma bapêlile ezweni, nemfo yentsana nokupûpûma kwezisu kubafazi njalo-njalo. Yimpucuko na, zindlala na, zingulo na, zizanzwili na, ngamatyala evenkile na, zitafu na, yimitêtô enzima yalo Rulumente na, bubu-Kristu na, yinqubela na, zindywala na, sisono na, yinto ni na eyona mbângeli ?

Ndinyanisile impando enje iya kuwuhlangula umzi. Kuba abantu abadala baya funeka bepilile, bangaman' ukunqunqeka bapêle, okona bafikileyo emaveni avutiweyo okupilisa isizwe.

*Ibali lesiko lokuqaba imbola nezipumo zalo.*

Nje ngokuba kusemhlotsheni ukuba eli siko lokuqaba imbôla ama-Xôsa naba-Mbô (ingema-Mfengu ngabula nina) amazingela amakûlu asitêtê sisesokwambâtâ ingubo zenyamakazi zamaxôsha,

kuhonjwe imisila namanquma azo, nokutâmbisa imizimbâ ngamafutâ, nje ngoko no-Adam waqalisa ngezamagqabi emiti. Aba-Mbó embó batânda kakûlu ingubo zebókwe nezegusha (amadada) angavaniyo konke nembóla, kungade amafutâ. Baye abe-Sutû bedume ngezenkomo ezisukwe zatâmbâ. Nditi ama-Xósa ayenyanzelekile ukulibonela kuba-Twâ eli siko lokuqaba, kuba bangena bahlasela eli lizwe limiwe ngaba-Twâ abo kulo maxesha, besukuzana nama-Lawu. Baye pôfu naba-Twâ abo kungaxelwa ukuba bebeyinyibêla ngolu hlobo. Kutjwa bebenqanamfisa ngezitô, nentloko inkakayi ezi. Kucace mhlope kóna ukuba nokuba ayibonela kuba-Twâ na, kobani na, atê wona akuyambûlelwa ngowambûleleyo kuba engayicólanga macóli noko, ayicûmisa ngamandla ngokuhambisa kwamaxesha ezizukulwana zawo. Kwada namhla kwasisitêtê ukungati imbóla le yatâpûluka nokuvela kuka-Xósa. Kuba batê abaninzi bevela, bavela se kuqatywa nomzimbâ lo wonke kwa-Xósa, ngokukodwa ngabasetyini nododana. Ngokukodwa kóna kumaxesha ezisusa ezikûlu ebuzweni. Nangayipi na indlela se ligabadele kakûlu eli siko ku-Xósa. Olu didi se lingumqilipêlo oqilingelweyo nga ngokuba kube se kusazi u-Tíxo yedwa ukuba loza lipêle mhla ilanga lipûme ngalipi na icala. Kuti tina bantu iqasliiso lolu hlobo sisinkwatâtâ selona qele.

Kweli siko kuqûshekeke ngapântsi apâ impakatâ nempelesi yobuhlwempu nokungatândi kusebenza utyalekile kwezi meko zenqubela zo-1936 ingebubo buvila kubantu bonke. Kuba lisiko elenza umntu walo zibe mbalwa intswelo amakasebenzele zona ngonyaka. Kuba ingubo enye yokwambâtâ, yokuhamba, nokulala ebusuku imtâtâ ixesha elide. Ekubeni engazingenanga isepâ, izinxibo, nezityo zasem-Lungwini, nezemfundo, ngapândle kwabambalwa. Xa ke umntu oqabayo avunileyo entsimini nasesicubeni, imingqungu etile icuba lokutshaya, wazuza imali ngevolo yoboya bakê ezigusheni, namaqanda enkuku zakê, zazala inkomo nempahla zakê, wazeka umfazi nokuba ngumfazana, uya fana nosekupûmleni ezulwini lakê lokonwaba. Kuse-Nqamakwe nase-Tsomo, nase-Gcuwa kupêla apó endakê ndayi bona imbóla ibotozwa, okanye ibotozwa ngokupêliswa bubukósi ngu-Nkosi Captain Veldtman Bikitsha no-Captain Blyth. Kuma-Xósa wona naba-Têmbû, ama-Mpondo, ama-Bomvana

nezinye izizwe anditsho ukuti amaqaba akasokuba sisibiba sama fongo-fongo samafu amnyama nangemini yomgwebo.

Ngumzi ke onesitêtê sendlala kuba wavela kungalinywa, kungekó namfuneko ngezo mini zisalilelwayo luninzi. Kuba kwezo mini kwakupilwa ngamasi, ubisi, inyamakazi, oquwe, inongwe, amagontsi njalo-njalo. Amazinjana ebe kufuneka elinywe ebanele engonompotwana kuba aza kwenza isitùbi samadoda sodwa. Ngumzi otê zivela ezi ntswelo, nerafu, waye wona ungekayi fumani imfuneko yokuba kurafwe yonke le minyaka zezi zizukulwana zitúlulisana. Ma kube kutêngwa nto ni na, wupi na umhlaba, okanye alisapêli ngani na lona ityala lamatyipkolo (Cape Corps). Angaba abulawa ngobawo ezimfazweni na? Ekuhleli pàntsi embilinini pàya nento ebuntsomira nebu-Nongqawusera nebu-Nxelera ukungati kosa ngenye imini umantyi esenza imbizo esiti, " Namhla nje ke ndiyemka; ndinibuyisela nango ke umhlaba wenu nombuso wenu wasema-Xóseni." Ekuti lili isitókotóko ukuti kanti ubumantyi obu nobugqwetà buya fundelwa esikolweni nasekolejini. Koqala lo mini ke bazaliseke o-Nongqawuse no-Nxele, no-Mlanjeni nobani, abulawe onke amagqobóka, amaxokana nabantu abafundileyo kulo lonke. Abe-Lungu basukelwe baleqwe babaleke, basetúluke bawele ulwandle—abakúlule u-Sifuba-sibanzi. Kuqale konwatywe kudliwe ngendebe endala elizweni, zinxakame imazi zenkomo, ililisele ingqongqo, kube yilo nyilikityàwe. Eli siko ke lembóla lidale esi sizokozoko samampunge nenkonde yobunqóla obungenakutyunyuzwa buqêkezwe nganto kuhleliwe nje. Alindelwe ngamnye okanye onke ama-Xósa agqobókayo ukuba aya kubuya ayilahle le nto. Ze xa angade ayilahle kugqitywe ngeliti, " Le nto yakê umntu impàmbànisile waye elahle nomzi." Abantu abaqabayo, abalo mkóndo nalo nkonde abafuni nguqulo yanto intsha ngesitêtê ngapàndle kweminyanya yobawo namasholognu. Koko betànda ukuyekwa bahlale nje ngoko banjalo; ufuleva ngokwabo. Baye obona bubi nobunzima besiko lokuqaba bobu bokuba liwahlule gqipù kubini. Kwa la mzi u-Ntsikana wayeyolele ngokuti, " Ze nibe yimbùmba yamanyama, ukuze ningabi sicênge ezintshabeni zenu." Kucace ngokumhlopê ukuba mhla u-Tixo ngokwakê woza apêlise lo msantsa awudibelele, umhlaba woza ujike ube lizulu ngokwalo.

Waye wonke umbuso ka-Rulumente kwa ne-Bandla luka-Tixo lihambá nzima kunene kulo mgangató wamagqobóka namaqaba, kuba iyintlaba zahlukane, nenyoka nesele ukutiyana abanye nabanye—abantu begazi nye pófu. Wa wetú !

*Ishishini lokwenza inqawa njalo-njalo.*

Kumzi o-Ntsundu lo laká laqúba banzi ishishini lokwenza inqawa zisenziwa ngomti womtólo, ocúma kakúlu kwimilambó eneziziba ezinzulu, neminye. Waye ungemti ubolayo, ungalupáli kananjalo. Nokuba na ungade ube nesiva kwa nesikéwu notánda awucandeki—yintsimbi le. Uya kufika usemtsha okuya ngapákati, kuba awudliwa nampehla isibili sawo ; ube nokuqékeka, ungaqékezwanga nguwe, awuqékeki ungangenwa nambungu. Umnumzana wotsho ngezimfutshane nezindana ade avelise nemingcongo emide yezihombó. Wode ezinye azityide amagama nemifanekiso emihle kunene, ayenze amaqaqelo ngale loté yaké woman' eyinyibilikisa kwa kweli ziko, atyide apulushe, Wobetá kuqingqa ubuso nentloko yomnye nokuba yimfene kwa lapá (ngoku kwemoto ezi) kweli péko layo. Onomasinana no-Tikoloshe babelapá. Ndinyanisile incibi yona andiyazi into engewuroliyo umfanekiso wayo enqaweni. Isipó sabantu sokwenza imifanekiso sihleli sodwa kakade. Yaye apó iya kuqwela kóna kuxa sukuba ibóla ijelo elo layo ngentsinjana ebucingcolwana ngokungxamisa. Kanti kulo péce-péce nojikici-pétú kunqabile ukupúma ecaleni—livamhla nje elo. Wotsho zibe zintsundu, namaranasi amaralarala, namalunga abuhle bubodwa ngebala, nesibili, nesibindi somti wazo. Ingabiyiyo nzuzo ke elapó ! Kuvele zimali, kupúme zibókwe zinto ni, uncame. Ibentle okunye yakutánjiswa ngamafutá. Ibambélele, isimelele kuyo intshayi ngesandla ngokuhombá ngaló ngalo inewatsha.

Incibi zakowetú zenqawa ma zitáté emva zilaké ngokutsha eli shishini libe yinrwebo. Kuba ilicuba nenqawa sakunqanda yimini yomgwebo kuzo, abe ngetámsanqa nom-Lungu ngati usanqatyelwe kukwenza inqawa zesintu, kwalunga ke kweletú icala namhla, kuba ziya téngwa ziténgiswe nazezabo ivenkile. Abanye bebezinqarela intungo ezi ngocingwana apá obelusenza nengibijo ezi zezabókwe ezi wena. Ma ifundwe ibe mininzi

nemiti enokuzenza, zenzelwe ivenkilana ezihambà nezi zabacwêli miti, abenzi-zibêkile, abakàndi-zinqwelo, abenzi nabatúngi-zingubo, i-*fruit shops* njalo-njalo. Ewe abakàndi nabafaki ntsimbi zamahashe, kube kó negumbi lokutêngisa icuba lesi-Xósa kuma-Xósa, nelama-Mpondo namarewu kwa neziselo ezinganxilisayo (*non intoxiants*) zasem Lungwini. Kuba nati se sikwazi nokuzenza nekeki nento ni njalo. Kuvulelekile ngokukodwa namhla nje, kuba inkosi u-Zam'uxolo (W. T. Welsh) usivulele urwebo nokutyeba ezweni letú. Siya lidumisa igama laké kwizizukulwana ezisezayo zika-Ntu.

*Urwebo notengiso kwaba-Ntsundu.*

Nasendaleni abantu bebeŕweba ngolo hlobo lokuŕweba kwabantu abayingqili equlungeneyo ngokuncedana ngesisa sesitêté. Izinto ezinje ngopóndo lwendlovu olwenza imixàka. Imfele zenyamakazi nenyamazana, ngokukodwa ezisukiweyo, izacólo, iwatsha, amazembé nezixengxe, imikónto ebisakwenzi-wa ngokukàndwa kwemfutó zabakàndi bazo, ipiselwe ezintini zayo, amaxósha, usinga lwenkomo olutúnga ingubo zegusha zamakwénkwe nabakwétà, intsimbi eziqaqelweyo nezenqweme-sha nondyilo, iviti nedosha, icuba, ngokukodwa elemingqungu, nentlobo-ntlobo zamaqúla, izidabane ezenziwe ngemfele zenya-makazi. Inkuko nentluzo nemitshayelo. Intonga, amakàka namakóhlombé awo, okótso, imiliza, izilanda, iximêya. Izixa-túla nembàdada. Amagxebeka emiti nawempondo zenkunzi zegusha (amaxàka). Izitêbe zokopúlela nokusilela ukudla, ingobozi namatúnga emizi. Amazinyo enyamakazi ezitile okuhombà nengcaca zonoŕwece baselwandle nento ezininzi ezinjalo, zinto ebe kuŕwetywa kakúlu ngazo. Ma zikúnjulwe ngoku siluvulelweyo urwebo, kuba akukóleki ukuba oze anele amaqaba atànda ingubo, nezivató kwa nezinxibo nje ngabantu bonke, lingekanxakami ixilongo lokugqibela.

Inkonde yalo ntlalo icacisa ukuba umzi wakowetú omdala awuzange waŕweba enyanisweni yento, kanti umfo wasem-Lungwini yena ufike kuseso waŕweba yena, waziyeka zonke izinto ezitêtwàyo, watêngisa nocumse, imbóla wati ni, waqala wanga uya dlala, kanti uya mazi yena umzingisi akanashwa. Upàtê kutênga nokutêngisa kwakuti wati ni, silibele kukuhleka

tina, kanti uyazi yena. Upâtê kufundisa nokubolekisa ngezikweliti zemali kwa lapâ, kubanjiswa zinkomo kusiti ni, suka wotûka umzi wonke sel' uginyiwe ngonovenkile abamhlopê ; se bezenze incedwano nomzi ositi ngendlela ezininzi, wada nomhlaba wonke wawutênga, wawucandela kuye yedwa. Esitê sitotûka kwaye se kusenyanyeni, kungasekô nesiziba esi, baye bonke ubutyebi sc bungakuye nenzala yakê. Nkosi kâ usikelele imfundiso zezwe letû ezintsha ; zisenze kê sipûtûme ubutyebi nempilo yasekâya.

Pôfu kodwa ke umzi wakowetû ukê watêngisa uboya nezikûmbâ, nokutya ukulayisha ngenqwelo, utênga imali, inqwelo, nempahla ehambâyo. Ukê watêngisa nangenkuni abanefama namahlati, ngamaqanda, imbôtyi, iṙasi, nehabile, inkomo, izilimo njalo-njalo ; kodwa ikakûlu utêngise ngamandla awo ezigalo waya kuzenza izifologu nabaqeshwa bomzi o-Mhlopê ezidolopini nasezifama nga ngokuba ube luhlanga lwezicaka, abaki bamanzi nabagawuli benkuni babo ngonapâkade, sikângele. Namhla uhlanga lwezizukulwana zezicaka zabe-Lungu (*detribalised*) yinkungu nelanga ukungabinakubalwa mntu. Zixake no-Rulumente. Akanamhlaba angabatyalela kuwo onokubalingana. Waye owasebantwini abasiti nawo se utyityizela kukuzala zimfidi zezizukulwana zomntu nempahla efuyiweyo. Kwezi meko ke, kucaca mhlopê ukuba lona uṙwebo ma lungabi yinto yokudlala ; koko ma luxatyashwe ngokumandla nangomtândazo, ukuze u-Tixo wetû yena *asipê isonka semihla ngemihla.*

*Umbeko wabantwana, ononca, imfihlo, namaqotsini.*

Entlalweni yabantu kumaxesha amzuzu ngokukodwa, ibisisiqêlo sale mihla izo nezolo umzalikazi okanye umntu osesikûndleni sakê endlwini (amshiye nembiza) ukubekela abantwana ukutya ekutiwa ngumbeko wabantwana (imfihlo) I abakuwutya ngedeke-deke kusasa ngomso bomule ngawo, bewutya ulelocongco ukubanda okanye ufudunyeziwe ngokutsha ukususa imvuka, isheshegu nesigquṙu sombôdlo wesilungulela. Pezu kwcli siko nesiqêlo umntu ehleli ekûlulekile naye ukuzibekela akudikwa ahlutê abe nomnquma, ukutya kwakê awokutya ngelinye ixesha akucaca. Kwaye kule ngongoma umzalikazi ubegcine isisu sabantwana bakê nje ngesikûkukazi sokuhlangula imiqâtû nemi-

funzelo kakade. Kwa kwesi siqẻlo be kubakô impakatȃ kwa nempelesi yokuti inkosikazi kanti kuhleliwe nje incnqȃyana ugcedevana, nokuba sisikotilana somvutyana, isidudwana, ndingasatẻti ngentwana yamasana nebẻkilana entlana kabilebanda nojongwalipẻla etiwe nca kwa kula makȗsi nemikȗsane emseleni pȃya nokuba kusentla pȃya kugcinelwe umnini-ndlu ngexesha asesililini sasegumbini lakẻ lokungqendeva aceneneke sel' engundikô (utshananda) walo mzi kweli xȃnti likabawo. Ndiya tȃbatȃ nditya ngendeb' endala ; abakȗla silibele. Kuwo onke ke la matile-tile mnye umntu oligosa elibekekileyo elinokushiyelwa okanye lipȗziswe-yinkosikazi, yinkosikazi enesidima leyo ngokwayo. Andisatẻti sona isitȃndanekazi nesipȃtȃ-nxowa kuba wena kakade umntu lo uya zitȃndekisa azenzelelele ngokwakẻ nje ngengwe kuba nayo idla ngamabala. Imfihlo II yolu hlobo mlesi yepȃntsi esitẻni ifuza into ebe kusakufakwa ngunina enxilini eyipȃtẻle usana lwakẻ, itiwe nyenge gu cala, abantu bebabini qȃ ngokwenqweme lentulo lidliwa babini kakade owesitȃtȗ sel' engumpȃzamisi ngu-Gqadambekweni ungena ngegqudu emdudweni, nokȃwulela inkawu ziya kusela nje ngoko ama-Ngesi anenteto eti, " *Two is company : Three is crowd.*"

Kweli nqaku mlesi nditȃnda uya hlule imfihlo III nokuba yeyotywala sini na eṙolelwa umnini-mzi ngegama lobunjoli nokungcamla ange ngumntu apȃ okȗpȃ ubuti bakẻ ngesitẻtô, kanti yimfihlo esalunge kumntu wonke wabamelwane namakȃya, ingcungcu ezimilomo mide kaloku, emveni kokupȗnguka komndilili wasetywaleni uxananaze ezindleleni ubetẻ ube yilo mityino, imiqokozo nemijazo ukugodukela emakȃya nasemiwewenі ngomngcelele wento entle, kuhanjwa kuhunyuzelwa ngesihle. Nantso ke imibeko nemfihlo-mfihlo nina bantwana nikȗlele kwam-Lungu napôsana nemihla yakudala kumawenu, kumaxesha entlutȃ nokonwaba, okuyolelwa, ukuhombẻlana, ukutekctisana, nokutȃndana. Noza niti ubuntu nokunandelwa ngumhlaba wenkosi nakȃ nakuva pi na ? Kôna ukuti eupȃtisi oku ? Bangapẻlelwa bububele bangati ni abafazi beli xesha lo-1936 bendele kumadoda azintshiyongo nenjwabavu zeziṙwalaxu, apȃ ezizeke zibandezelwe bubuhlwempu nezikweliti zevenkile, abantu behlala ezindle ziṙafu bezizibȃdu-bȃdu nentlekehle zezibẻkede ezihla zinyuka ukuya emsebenzini ema-Rawutini

nje ngezikême-kême zokuqala nokugqibela ! Umntu lo nkomana ayisengayo se ibanjiswe evenkileni, kuza kusa ipûtûnywa kusasa, kuba itshonile, eli xa umfazi apâ axela ukuba " se kabani ikofu nento ni nto ni ipêlile." Idubule ngokunyûkutya ngeliti " Akusayeki na ngokusifundekela wa nonantsi." Ingene ke igqwanishe okukokwayo imazi intywentyweza amavityovityo amakwêlo namantyontyelo, nemilozi ngoku kanye kwenyushu nenkwakwa. " Kutiwa ngubani lowo ufundekelayo: Ukuba ndingatí ni ? Ndimntu apâ kungasafunwa nto ipûma emlonyeni wakê ! " Itsho ibila kunye nembiza yayo eti ntyo, ntyo, ntyoyi ! Amahlwempu anexesha lemfihlo nalutândo na kodwa mlesi ? Amahlwempu mu tu uxolo nokonwaba—yimfazwe namaclti. Kukugxeleshana, ukuzungulana, kukubangisana kuxatshwe amagwebu ngamatyala yonke le mihla ka-Tixo. " Nqenefa ndini eligqitwâ nangumzikiziki wembôvane embala ! "

Ngapâya kwemibeko, imfihlo nononca bentlobo ngentlobo zokubukana nokufekctisana kwabasenalo mitopo, be kukwakô nento ekutiwa ngamaqotsini kweminye imizi eshushu ngokukodwa. Umnumzana nonyana bakê, namakwênkwe ukususela kwizityûtûlo zabo mhla kwaxêlwa, nenyama ayitê nca umntu akudikwa ayihlutê okanye ecinga ingomso elingafuni kuqwela. Nanko eyixôma etâla kâtâ nasebâxeni lentsika, gangxa nasentungo, ayifihle nasembizeni pâya, naselukâmbêni, ayiti nyâ nangomcepê kwavimbâ pâya. Izihlunwana imibengwana ibe kwa lapâ eseŕwada nekê yatiwa futû, mhlawumbi yagqwagqwa emsini, yafuseka kwa namanqatâna atiwe hlo elutíni, axônywa emleni pâya ukuqûnyiswa nokomiswa ngamapêla namazolo zonke ke ezi nqwinana neziqwengana, ingqwindana, imibengwana nezidungulwana ziqokelelwe emva kokupêla kwenyama yomndilili womlu nasemva kwamanqina ; ziya kuba ngalo maqotsini siwaxelayo—imfihlo IV. Elo betâ luxôntele kuwo lonke ke usapô lwale ndlu beyawa lapâ nabamelwane abatê funda nje ngoko. Kupâtâ kulunyelwana imivungulo, kubonwana, kushiyelwana kwa lapâ, kulunyukelwe ukuba kungabi kô bani usilelayo kule mojo nemipêko, imiqwayito, amatâmbô akûkûzwayo, ahlezwayo, nento ni. Yaye yoyola incamise kôna xa se ibuvunda. Soti isikûmbâ sendandalala yenkabi yenkomo sibetêlelwe ngokunjalo esetyeketyeke lenkabi yegusha ukuba

asiyobókwe (inyinyitéka elikúlu lakó). Umfo asusele abantwana la majwabu bamane besoja, kuqinwa, kusopúlwa zingqina kwa lapá, kupâtwá kuncindwa kukótwé kwa lapá, bepána kukuhle, kumanzi izandla kuyilo nto. Ade ukuba uya tánda, nanko kwa yena esenza imbúlunga zembúmbá yamanyama zomzekeliso ka-Ntsikana, iqele elibulukúni bufuze la matye ekonkriti yasem-Lungwini engenakuqékezwa nto elizweni apá. Kolunga kuncame kóna, ukuba ixégokazi lalité kanti lifihlele (lagushela) abazukulwana itúmbú. Kuba akukó nkwali ipándela enye, epándela enye yenetóle. Kule mihla amaqotsini asekó, akasekó ngokunqongopála kubóvele, kunzonze, imeko zezinto zale ntlalo. Wenani bantu! Amaxesha endlala nentswelo angana-maqotsini anto ni, ewatátá pi? Amaqotsini angoku yikofu, nenyama yesilafa, isonkana sesiksipeni, neglasana yeblanti. Kupéla kwantsomi. Ngapáya kwemfihlo, ononca, namaqotsini kwakóna kwizizwe ezi-Mhlopé nezi-Gwangqa, ezilu-Belu, nezi-mTúbi (lusi) nezi-Bomvu-mqokolo nezi-Ntsundu zangoku ikó imilingo (ndilingele embizeni ingekavutwá nje, nondiqomele kulo mbiza yenyama uyipékileyo ké ndiyive ukuba yoba njani na kanene yakuvutwá). Notywala obu bunentselo-gwele, namakáxa ekutiwa uze uvule umlomo kwa nebékile yomtsho neyentluzelo bungekaselwa obuninzi luluntu. Kanti nabo busaya kujolwa. Kuma-Afrika, umntu usaya kuhlala kwinyama ma yokosa yezityútúlo, nenxaxéba neyokufukutá, ingekabi kó isekude evutiweyo. Leli qálo liti, "Ndoyicela ivutiwe." Ekwindlalulodwa ulibo engekatyiwa umbóna nokwindla kusabelwa emasimini. Uwodwa umngxengo, intloya, umtinto, umshinto, nomngxambúluza, akakatúlulwa wona amasi omdolo njalo-njalo. Nje ngoko kwam-Lungu ngapáya kwesigxina sommiso wokutya amaxesha amatátú ngemini, zininzi intwana-ntwana zamaqomo, ondivandele ke ndinqande amaté, belantshana zéti zoleven nezo-*four* (imfihlo) njalo-njalo, ndingasayibali nganto yona ikofu yentongo. Kuté ukufika komgubo wasem-Lungwini, bade baxabane bavelane abantwana kokwabo bebanga isikotile unina abexovulela kuso apáté kuti kodwa umntu " Ndinesikotile. Sesam namhla nje." Sishiywe sisenentshiyekela zomgutyana wokwenza isonkana apá ekutiwa ukubizwa "yimpanyu"; awotl unyoko ekuqúshekele wakunika silafu-lafu sinjalo, umtánde

umtóbele, utúmekelele kunyoko. Nokuba se ekutúma inkuni (ukutéza) nokumkêlela amanzi uyinkwenkwe (amahlazo kaloku) uncamele inene. Um-Afrika ziscgazini kuye indlela zakê (imfihlo VI). Uya kufika elilisela ngeliti, " Ningasizeli nento zabe-Lungu." Intetó ebunzulu bubodwa wakuzinzisa uzinzel' ukucinga. Kuba nom-Lungu lowo ezakê azimsulwa zonke kwa kuye. Akafumane esitsho umfo lo. Ubona izitêtê zakê namasiko akê eginindelwa, enqunqelwa pântsi emgoqweni onke amahle namabi. Kungabekwa nto esikûndleni sawo. Naba wena bangamakólwa asesikolweni, baninzi abangahlaliyo umntu etafileni yendlu yakê, angalali nasezibêdlini, angapûngi nangeku-mtyi zendlu yakê, ancamele ukuti ezi zinto zilinde indwendwe namasoka asekâya apâ, nabantwana abafundisiweyo. Kuba ezi zinto yena usuke angaveli, angahluti, wombómbózela kodwa umntu—ixégo nexégokazi bona basanamatele kwingubo zenko-mo zokulala amaxósha nemigqweto yenyamakazi. Kwandlalwe ukuko nogaga lwetole ngendlela zabo ezindala zingesiso sono nje. Uyihlo wakó, endaweni yale mincunkanka ingcobongana zetsheri zabe-Lungu, uzigawulela ungxabalalana wengxobongana yomti omanqinana matâtû azenzele isitulwana sokotâ umlilo esitê ngqinzi ukuqina nokomelela. Isikotile somvubo sibekwe kwitafile yamadolo (enye inyu fashoni kwakóna kaloku). Yaye intlaba-zahlukane ikulo mlima-ndlela umqolo nomqosho omqo-ngqosholo. Ingqondo yodwa yokupâ umntu into etyiwayo ujonge ukuze ahlutê ngesisa nangapândle kwexabiso ngesitêtê ngokucâsene nesi-Lungu sikancemfu-ncemfu ngokwekati nge-sibindi sokudla wedwa ujongiwe ugcine isipaji sakó. Inyala elo e-Afrika. Uyawa lumkele incitó nocítakaliso (elika-Judas Iskariot ivimbâ lokudalwa elifuze um-Lungu). Yinqubo exela into epândle yokuba ama-Afrika kudala ayenencubeko nenqu-bela yawo esiŝiponono nomqange, eyenza zingene zingangeni kuwo inqubo zasem-Lungwini ezi. Kuba izizo ziya kulukutâ nazo. Pâwula la maqânqo esilanda sigotyiwe, nengadla ebutê-lezi bumpuluzayo ngokuba mpuncu-mpuncu.

Akukó nto itiywe ngum-Afrika nje ngokucâmela (ndixoleleni ninyamezele, asindim sisi-Xósa) kwesi sitya sasebêdini; endaweni yokuya kwenza lo nto pândle utsabise, okanye ucópile nje ngesi-têtê, kwa neyokutâfela endlwini ndaweni nye ngokwenyamakazi.

Uxolele ukupúmela ngapåndle edolopini asinge ematyólwen páya ahambé ubala. Eli xa abanye se befundisiwe, nje ngokuba naba bebedi bengatåndi noko kangako ukuba ise ibanye ibédi nomfazi endaweni yambini, kuhanjelwane xa omnye afune ukubutå ngenxa yesitúkutézi. Kunjalo nje inzima kubo egazini into yokuhambå nomkake ngale ndlela intsha. Kuba kulindeleke ukuba umfazi angatwåli nto entloko, ahambe ngapåmbili; okanye ecaleni nide nixakane. Kuba nzima ukuxakana naye namhla batshatayo, kungabi kuhle nokubambåna naye ngesandla ngokukodwa esidlangalaleni. Nokuba um-Afrika sel' eyivile inyama etafileni yendlu yakè, lo ncemfu-ncemfu ulicongco kambé, usaya kukóhlana naye akufika ebuhlanti påya kweyamadoda. Uya kuqala atånde ukuyipåtå, nkamfu ngesandla kaloku, ifolokwe ka-Tixo yona. Ayiqåwule eginya, ayinqunqa-nqunqe eyinqumnqumla ngamazinyo la amabóso ka-Tixo. Atsho ayihluté isisu inkomo kayise exélelwe isisusa sokuze abantu batåté izisu, baze kuba nendaba, ububele, amavo, intsomi, nobuřařa, nobuqåřaqařa bentsini namabongo afike. Konwatywe kuxityilikiswe imixakató. Nawe usive isandi sentswahla usemgama ungabuzi. Ke kuyekwe ukusoloko kubanjelelwe ezidleleni zezi nzingo zale mihla yenu yendlala, amatyala enkinqa, imipånga nezinqåla, nendubula ngendubula zentswelo ezityumzisa amawaka-waka abantwana, amaxégo namaxégokazi ngobåsopu basemgodini.

Nje ngombåli wale ncwadi, andizitåndi ngakuba ndiya zitånda impawu, nale mikóndo, imingxilo, nemingqi-zomntu ozimisele kwizitété zakowabo kwa-Ntsundu ekåya, ndingatiye m-Lungu. Kuba nam lo se ndikwanguye ngaló ndlela kambé. Ndisenziwa kukuba nakulo mzi um-Hlopé zininzi izinto ezintle zokuba sizixule, ikanti zikwa zininzi ezimbi zokuba sizinxweme sizilahle nje ngabantu. Ngoko ke asinakuwobolozela; sinokuhambå sikétå, siluma silahla, nje ngabantu ukuze kulunge. Into mna embi kum sisihiba nesihebetu somntu ozilahlekisayo akunxiba ikåla nengubo zakwam-Lungu ngoku kwesikwénene. Ngamampunge okuti koze kuse sel' engum-Lungu om-Hlopé omehlo aglasi, ompumlo itsolo iyekile ukuba sityådalana. Sele kúmsha ukutétå inwele ziyepú-yepú, esebenza ngomlomo nemali ngokucåsene nendalo ka-Tixo ongazanga wadala bala nagazi labantu bangobani, benengqondo, amehlo, inyawo nezandla ngazibini,

kanti alingcwele. Kwa kususwa kuxotyulwe kulahlwe amaxolo, nenkwetù nezingcolo ezikumntu wonke oyinzala ka-Adam nobala linjani. Nibek' izitò nihambè nibambàza. Kud' ebàkubà akuyanga mntu.

Gqibani ngeli nqaku nina nililela ukuba ningeba-Lungu, nani be-Lungu nililela ukuba ningema-Xòsa ngokubona izisulu. Kuba umntu ehambà izwe lonke epiwa ngesisa ukutya nokulala engadleki nepeni yegcushuwa—eyona mpucuko nenqubela pàmbili leyo. Kàngela la mazwi om-Sindisi wemfama " Nguwupi na kuni onokuti ngokuxàla ongeze ebukùlwini bakè ikubite ibenye. Ukuba ngoko aninakò ukwenza neyona nto incinane, yini na ukuba nixàlele ezinye ? " Umntu ocingayo ezintweni ubefanelwe ukoyiswa yile nto yodwa yokuba a-Bantu ngokudalwa bazingcatù. Um-Lungu uti ehleli abe etène netè ecengcetàna, ecumbà-cumbàna nokutya imini ezi okuzintlotya-ntlotyana. Kanti um-Afrika yena wotya xa nye konke ukutya akupàkelweyo ahlutè sipèle inyati enkulu, endaweni yokudlala ngexesha lokusebenza, nelokuzingela, ukubusa, ukwalusa, kuba akanazicaka ; waye nalo singa-mvuzo wakè ngumvungulo lo wokuhlangulwa. Ndingabala ndikubonise izinto ezininzi ezisisitètè endinqanamfisa, ndigamlele, ndizishiyelele ngabom wena. Le yodwa yokuditywa kwamadoda atyele ndaweni nye nabafazi yapùle umtètò nesitètè sika-Ntu esidala ; apò isilili nesitya, ingubo, inqawa, isilanda nenxòwa yebòkwe yokutshayela yendoda ibiyendoda. Le mpucuko yangoku ipèlise imbùtò yamadoda neyabafazi ekula ndawo bebesakutyela kuyo endaleni. Abafazi abakùlu bafundise amavo nentsomi, nesimilo sokuzipàtà wakwenda kubafazana kwa nentombi. Kwaza ke kwafuneka indoda ityele endlwini yayo kwa nomkayo. Inqubo etyekele ekupèliseni ukuhlonelana nokuhlonipàna ekwakulondolozwe kona lixesha lezitètè zasemanyangeni. Ukuncokola nomfazi lonke ixesha kungekò kupùpùmisa kubetà ude udeleke, upùme isitùnzi nakuye ngoku kokusoloko nincokola, nifasa, nihakaza, nisalatàna kuyintswahla. Niqùlana, nidlala endlwini. Pèzu kokutya nixàlise nabantwana, nihleka, ninxila, abalo mkòndo ibe ngumbòdamo onjalo, wada nomfazi walibala wangati uhleli nomnye umfazi. Ati kanti sel' elibele namhla kuze kubutà abamelwane. Uve sel' esiti, " Kà uyeke abantu batètè yise kabani. Uya

kubuye utêté kaloku wena xa sisedwa." Yo! Yabe nendoda se ixoxa naye imicimbi yobudoda, abe naye eyesifazi ekwa yixoxa nendoda; nga ngokuba komkûlu ingabinaluvo lwayo (ngapândle kobani) ngapâya kolomkayo endlwini. Le nto yenzeke ngetûba lokuba kupêliswe imbûtô yesidoda kula ndawo nokuba yindlu ebesakutyela kuyo odwa neyembûtô yangasebuhlanti pâya zimeko zokuqashwa nokupângela. Aze apô agqibe ngesincoko nokudl' namavo, adlane indlebe ngemicimbi emva kokutshaya kupêndlwane intwala. Kwenziwe imingcebele ezintsikeni kubukwana agwade agwadayo kube nje, kube sisisi noseté. Kukuze ke sonke siguquke sibe ngobafazini ikakûlu, amavityolo angasenaluvo lwasebuhlanti, izinto ezingeluvo lunye nje ngamadoda omzi, zingasenazinkokeli nazitêti zazekayo nasembizeni komkûlu nakwa-Sibonda. Kuba akwaziwana kungaqêlwene kanjalo. Yile nto se kukûle ukutwêtwâ umntu esiya kumantyi kufumana oluka-Rulumente; ukuze umntu azitândekise aze kwenziwa isibonda esitêmbêkileyo ngeli qôsha wayelixelile umfo ka-Gaba wati, "Ze nibe yimbûmbâ yamanyama. Ningalahli imbô yenu ngopôyiyana." Mlesi, ukuqôsha la manqaku kâ uqwalasele kule miqela.

Um-Afrika ke nina akayitândi egazini le hempe yokulala nesuti zepijama; enganeliswa nazingubo zokuhlambâ. Kuba engenasitêté sokukûlula eza kulala, okanye eza kuhlambâ umzimbâ, asuke apinde anxibe kwezo nto. Akahambi nento yokusela amanzi, amasi, iti, nekofu, nanto ni ngekomityi negilasi. Endaweni yebêkile, isikotilana, umcepê, ibêkilana, itûnga, ufepiwe negxwagusha. Akaneliswa kukutya isonka nokuba yinyama emana esisika ngebôso endaweni yokusapûla ngesandla asicûbé. Itî iyinyama ayisike ngomkônto angamane eyincwela. Amazinyo akê asayililela into yokutya amatâmbô, amahleza, inkobe, namaqâshu njalo-njalo nje ngezona nto ayedalelwe zona. Akaneliswa kukupâkela umntu ukutya elambile ngepleyiti ezi; izitêbe, inkamba nezikotile zihleli—izitya ezinembâdla. Akaneliswa kukutênga umhlaba ka-Tixo emntwini. Usayitânda into yokuzihambêla ngenyawo zakê (zika-Tshiwo akwêle emvabeni) endaweni yaba loliwe namahashe, nje ngento ezazidalelwe yona. Akaneliswa kukuti inkomo zonke zakowabo zihlale efama kungabikô zilapâ ebuhlanti avana nomfutô wazo akupâpâma. Akaneli-

swa yimali eninzi ukuze ke ngoko ishenxise inkomo endaweni yayo. Ukutyela etafileni akushenxisi ndawo yesitèbe sasendaleni, neyamadwabe aluhlaza okopùlela inyama yamadoda. Anganayo indlu yasem-Lungwini emagumbi maninzi anekitshi, kanti ayisusi ndawo kangqupàntsi nerontabile nenqugwala (indlu ezinempilo nezinamapùpà amnandi asekàya,) ngesizatù sokuba wayenonqulo, inqubela nempucuko yakè esunduzelwa ecaleni ngoku. Akayixàsi into yokuti umolokazana angahoti, akè aceze ekàya apà engumtshakazi kuba eso sisitètè sembèko nentlonelo. Kuba nenkosikazi leyo ngokwayo iza kuhlonelwa ide ibuswe ibuliswe sisizwe nesipàkatikazi. Naye ke efika ma hlone. Akahambi nento yokwahlulwa nonyana wakè kutiwe yindoda xa aminyaka imashumi mabini anamnye ngabanye abantu abangamzaliyo. Kutiwa ma kaye kuzimela umzi wakè. Abe yena nokuba na unyana wakè sel' ede wamalusa, wamti ni, wamfundisa usengumntwana wakè, akandoda yanto engekafi yena. Akahambi nento yokusikelwa nguwe ikàzi lentombi yakè eyendayo nehlawulo leyonakeleyo. Awakò amahogu uwafihlile, uwajola uwacubunga wedwa ekùsini. Engasokuze ahambè nesiko lakowabo ukuba lilawulwe ngamasiko asemzini em-Lungwini. Lipàtè kujolwa nangumfazi umcaka-caka lo. Nanko emka nalo eya kulidlela kowabo, ezidolopini napi na apò atàndilleyo. Akahambi nokulahlwa kwamasiko etù amahle, ze kungabekwa nto esikùndleni. Akò amanye nakwamabi anokuhlaziywa ngendlela apà ezitile ngemvano. Bona abam-Hlopè baya walahla na awabo amabi, ze batàtèle kubona awetù amahle? Akahambi nento yokutiwa abantwana besisu bentombi ngabayo; kube ngesitètè umntwana ezala kwa umntwana walo mzi, ati umoni lowo afumane inzala yakè ngenkomo yesondlo. Akahambi enganqinelani nokunikwa kwabantwana amagunya bengenamizi. Abesisono nini na amazwi ati, "Beka uyihlo nonyoko" ngoku? Akahambi nesoka elizeka intombi ingafunwa yise nanina. Akatè ni nantombi isendela esokeni lingafunwa yise nanina. Angalala ngezi zenu, kodwa usahleli eyilindele imini (nje ngesom-Sutù nesishuba sakè) yokuzisukela ingubo zakè zenkomo zokulala zingesiso isono nje. Akanqinelani nenqubo ezingavaniyo ne-Zwi lika-Tixo alenze umgaqo wentlalo yakè ngoku. Ati ke kòna ngemibengo yenyama eyojiweyo emalahleni

omlilo, kwa neyenyamakazi eziqelwe ligazi lake ukuba woza azilibale na ekupileni? Usakûmbûla ukuzingela intaka apûme amapûlo enyamakazi. Igazi lake lisaxûnele ekugcineni inkomo ematânga kunje. Umhlaba nobukôsi bakowabo kuxa abukûmbûla ade afune ukufa oku kôna. Ndiya yeka, ndiyeka ndisenekonye. Ndingati ni, ndiya kunceda ngani? Kuba naku se ndiyinkomo emnqini nje kwa kule ntselwa yakokwetû kwam! Nantsi imiqondiso, imiqononondela, neminonopelo yona pâkati kwendlela endala nentsha yendima endala ka-Xôsa neyenguquleko ezintsha enokubizwa ngokutiwa sisonka esinentsipô mhlawumbi intlaba-zahlukane.

Itiywe kakûlu ngumzi ngokubanzi into yomdibo womdaniso. Asiteti ngenkaba-nkaba zemfundi ezipâmbili ese zicinga zenze nje ngabam-Hlopê. Umzi awuhambi nomkwêlo bayisikile ngamankazana nentombi ngokufanayo, ungahambi nazo nezi zintikilana zelokwê ezimfutshane ezintanga-ntanga zijinga. Awuhambi notshayo lwabafazi nentombi pândle esitrateni nakololiwe njalo-njalo. Abatshayayo ma benzele ezindlwini zabo emakâya. Awuhambi nomdibo wamadoda nabafazi kuhlanjwa kuhanjwa zê ezilwandle ngokwabam-Hlopê. Akuhanjwa nosezwano-bûlanti ngesheyi lobujentlimeni nobunenekazi iseso sityôtyôlo sinjalo. Ayitândike into yohubazo nohakazo loluhle olulutsha ezidolopini luyilo migwandi yakwavulazibûqe kwanotânda ingenamntu mkûlu kahali. Umzi awuvutwâ yinto yotshatwano lwabantwana ngomgada negunya lamashumi amabini anamnye eminyaka kwimfakuca ezingenayo neswekile yetiki le imbâla. Umzi awukôlwa kuyekelelo lwentombi zingagcinwa ngokuhlolwa ngonina. Kungekô magqira namacule wambi adlula onina abo, kuba iligazi egazini nokwenza. Awukôlelwa kwinto yabantwana ukungaqeqeshwa bafundiswe besebancinane, ngokukodwa besusela kwiminyaka esixênxe yokuqala bevelile, uyigweba nento yebôngo apâ elibi lemizi eserwada ukunqwenela ukutshatiselana nemizi epûcukileyo, eti isandula ukugqobôka kwiminyakana ekufutshane yayizolo ifune ukuzigxama, ingavumelekile lo nqubo ngokwasendaleni apô be kuhanjwa ngokwendidi. Ayinconywa buhle into yegantuntu lendoda engenamfazi kwa nje ngentombi engendiyo kungekô sigqwati santo. Kuba lo nto ikukwapûla umtêtô ka-Tixo. Abanco-

nywa nganto kule mihla yokànyo abantu abangayigcini ebànkini imali ibazalele. Ibazalele amatòle angafiyo sisidiya. Ize nabayisebenzisayo leyo ikòna, bahlawule ngetsheke (ipèpà), endaweni yokutsha nendlu isezidosheni, ezibèkileni nasezitotini le mihla. Okanye kufe umnini-yo, isale yodwa apò abeyimbèle kòna eyawa yedwa (uhlanga lokutàkatà). Ingakanani na imali ese isilahlekele ngezi ndlalo zihambà nomona, ukubandeza nokuvimbà? Sincede Tixo siyaleke ngoku. Abasanqweneleke nganto ngoku abantu abangafundisiyo bê nqi umqolo ngokuhamba nexesha; nabasalibele kukuṙwelana nomhlaba ngendlela apà ezindala zolimo ngenkani endaweni yokulandela ipèpà lom-*Cebisi nom-Fuyi nom-Limi* lasem-Tàtà. Izikolo zolimo zama-Bûnga, intengiso-mveliso ngokudibeneyo, uṙwebo ngevenkile zetû, upûculo lwemfuyo, imfundo yenasi namagqiṙa etû a-Ntsundu, pàntsi kwamawaka aṙolwe ngu-Rulumente kwa nesebe lemi-Godi *Chamber of Mines*. Kuba ova-zidlule bangumsebenzi. Kujongwe ku-Nokoleji kuyo yonke lo nto. Bengasanqweneleke nganto abantu abangekakûluleki ekuxàseni ukuhanjiswa kwelizwi lika-Tixo e-South Africa kuzanyelwa ukude lipûmele ngapàndle kwemida. Nje ngomzi wa-Pésheya osibonisileyo inkangelo ebanzi yo-Bukṙistu yona. Yaye ilixesha lokuba ngoku wonke umzi ujonge ngomtàndazo eyona nto iza kuzalwa yimitètò emitsha yolawulo lwaba-Ntsundu (*Government Native Bills and Status Bills*). Kulapà ke ngoku, kwaye kungasekò kubuya mva xa sikàngeleyo tina.

Sipèlile, sipèlele apà ke, Isiqendu
Sokuqala seNtlalo ka-Xòsa.

---



22 JUL 1983

